Iimali evela kwiilayisenisi zezithuthi yaye yathi gqolo ukuba yeyona iphezulu kwiimali ezifunyenweleli Sebe, intsalela le yona isikakhulu ivela kwezibuyisiweyo, kwiilayisenisi zemithwalo emikhulu ngokungaqhelekanga, kwiinombolo zobhaliso lwezithuthi abazikhetheleyo abanini, kwiirenti zezakhiwo zeeofisi, kwinzala, kwizabelo nerenti yemihlaba, kwiifayini, kwizohlwayo nezinto ezihluthiweyo, okokugqibela ke, nakudluliselo oluvela kwiRoad Traffic Management Corporation (RTMC) olujoliswe kwiiprowujekthi ezinxulumene nokhuseleko ezindleleni, nakwiPublic Service Sector Education and Training Authority (PSETA) olujoliswe kwabasengqeshweni yokufunda umsebenzi wokutyhida (welding apprenticeship).

Inani lezithuthi ezibhalisiweyo liye lanyuka ukusuka kwi-1 886 544 kumhla KweyoKwindla wama-31 kweyoKwindla 2016 ukuya kutsho kwi-1 939 657 kumhla wama-31 KweyoKwindla 2017, oko kukuthi linyuke ngezithuthi ezingamawaka angama-53 113 okanye ke nge-2,82%.

Ngokunjalo kwaye kwabakho ukunyuka nakwinani leepleyiti zeelayisenisi ezizodwa ngama-602 okanye nge-8,66% ukusuka kwi-6 955 ngomhla KweyoKwindla wama-31 kweyoKwindla 2016 ukuya kutsho kwi-7 557 ngomhla wama-31 kweyoKwindlaKweyoKwindla 2017. Inani leelayiseisi zemithwalo emikhulu ngokungaqhelekanga ezikhutshiweyo kulo nyaka wenzelwa le ngxelo nalo liye lanyuka nge-1 206 okanye ke nge-15,39% ukusuka kwi-7 835 ngomhla KweyoKwindla wama-31 kweyoKwindla 2016 ukuya kwi-9 041 ngomhla wama-31 kweyoKwindlaKweyoKwindla 2017.

Izathu eziphambili zokuphucuka kwendlela yokwenziwa komsebenzi ngaphezu koko bekulindelwe ku-2016/17 zezi:

- Ilayisenisi zezithuthi:
 - Ziziphucule iindlela zokuqokelelwa kweentlawulo ebezityalwa;
 - Ukuhlawulelwa ngokuzithandela kweelayisenisi ebeseziphelelwe ngabanini bezithuthi; kwakunye
 - Nokunyuka kwamanani ezithuthi ezikhoyo.
- Ukuthengiswa kweziko lolwakhiwo nolondolozo (Iwezixhobo zokusebenza).
- Ukuthengiswa kwemihlaba:
 - Isiza 12037 (esiyinxenye yesiza 10891) eMalmesbury; kunye
 - nenxenye 24 ye Farm Ruygte Valley nomb. 205, eKnysna road.
- Inkxasomali evele kwi-RTMC yeeprowujekthi ezinxulumene nokhuseleko ezindleleni.
- Inkxasomali evele kwi-PSETA ejoliswe kwabasengqeshweni yokufunda umsebenzi wokutyhida.
- Intlawulo zeerenti ebezisemva (ebezityalwa).

Phezu kokuba i-DTPW ibonelela amasebe karhulumente nezigqeba ezingamaziko karhulumente azimeleyo ngendawo simahla, akukho zinkonzo zasimahla engebezigenise imali ebonakalayo ukuba bekuhlawulisiwe ngazo.

Amatyala amakhulu afika kwi-R1 958 000, isikakhulku apha thelele kulonakaliso lwezithuthi nakumatyala abasebenzi, aye acinywa kulo nyaka wenzelwa le ngxelo.

linkcukacha ngeentlawulo ezibiziweyo yi-DTPW

- Iintlawulo zeelayisenisi zezithuthi: Ezi ntlawulo zilawulwa ngoMthetho oyiNational Road Traffic Act (NRTA), 1996 (uMthetho 93 ka-1996). Umyinge wentlawulo awukhange utshintshwe kunyaka-mali ka- 2016/17.
- Iintlawulo zokuthinjweyo: Ezi ntlawulo zilawulwa ngoMthetho oyiNational Land Transport Act (NLTA), 2009 (uMthetho 5 ka-2009) nange-NRTA. Iintlawulo ezabekwe nguMphathiswa wePhondo wezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ukuqalela kumhla wama-21 Epreli 2011 azikhange zitshintshwe.
- Iintlawulo zezifundo zaseGene Louw Traffic College: Ezi ntlawulo zilawulwa ngoMthetho oyiPublic Finance Management Act (PFMA), 1999 (uMthetho 1 ka-1999). ICandelo leNkcitho yeMali kaRhulumente wePhondo liye lazinyusa iintlawulo nge-6,2% ukuqalela kumhla 1 Julayi 2016.
- Ukuqeshiswa kwezindlu zikaRhulumente: Iintlawulo ezibekiweyo zihamba ngokwemiqathango yoMthetho oyi-PFMA.
- Ukuqeshiswa kwezindlu zikarhulumente: Izivumelwano kungenwa kuzo ngokukhokelwa ngamaxabiso emarke yoqeshiso lwezindlu okanye ngokwaloo ndlela itha yavunywa liCandelo leNkcitho yeMali yePhondo, njengoko kuchaza kuMthetho oyi-PFMA.

Ezi ntlawulo zilandelwayo zibekwa ngurhulumente wesizwe:

- Iintlawulo zeepemethi zolwaphulelo: Ezi ntlawulo zilawulwa yi-NRTA. uMphathiswa wezoThutho waye wazinyusa iintlawulo ukuqalela kumhla we-19 Febhuwari 2016 ngokusekeleke kwiindleko ezibekwe ngobungcali kwaye zifakiwe kwizalathisi eziyiProducer Price Index (PPI).

- lintlawulo ezibekwe ngolwazelelo zezithuthi neenombolo zeelayisenisi abazikhethelayo abanini bezithuthi: Ezi ntlawulo zilawulwa nge-NRTA. lintlawulo ezibekwe nguMphathiswa wezoThutho ukusukela kumhla 1 Febhuwari 2003 azikhange zitshintshwe.
- lintlawulo ezizezinye nje: Ezi ntlawulo zilawulwa ngoMthetho oyiWestern Cape Road Traffic Act, 1998 ne-NRTA. lintlawulo ezibekwe nguMphathiswa ezoThutho ukusukela kumhla 1 Epreli 2010 azikhange zitshintshwe.
- lintlawulo zeelayisenisi zothutho lukawonke-wonke: Ezi ntlawulo zilawulwa yi-NLTA. lintlawulo ezibekwe nguMphathiswa wezoThutho ukusukela kumhla we-17 Disemba 2009 azikhange zitshintshwe.
- lintlawulo zeenkonzozokukhokela ezindleleni zephondo eli: Ezi ntlawulo zilawulwa nge-NRTA.

Inkcitho yoMsebenzi

Itheyibhile 3 inika iinkcukacha ngenkcitho yoMsebenzi.

Itheyibhile 3: Inkcitho ngoMsebenzi ngamnye

Igama loMsebenzi	2016/2017			2015/2016		
	Uhlahlo-mali lokugqibela R'000	Eyona-yona nkcitho R'000	Uqokelelo (ngaphezulu)/ ngaphantsi R'000	Uhlahlomali lokugqibela R'000	Eyona-yona nkcitho R'000	Uqokelelo (ngaphezulu)/ ngaphantsi R'000
uLawulo	165 468	162 645	2 823	193 250	181 729	11 521
Izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente	1 731 166	1 696 286	34 880	1 613 890	1 565 889	48 001
Izibonelelo zothutho	3 256 339	3 243 655	12 684	3 194 408	3 174 477	19 931
Imisebenzi yothutho	1 189 556	1 188 287	1 269	1 042 841	1 039 040	3 801
uLawulo lwezothutho	690 725	681 973	8 752	660 723	660 675	48
Imisebenzi eqhutywa ekuhlaleni	59 410	55 862	3 548	54 163	46 585	7 578
Iyonke	7 092 664	7 028 708	63 956	6 759 275	6 668 395	90 880

I-DTPW ichithe i-99,1% yohlahlo-mali ebiwabelwe kulo nyaka wenzelwa le ngxelo. Kunyaka ongaphambili kwakuchithwe i-98,6% yohlahlo-mali eyayilwabelwe. Ukunyuka kweyona-yona nkcitho yenziweyo, xa kuthelekiswa nenkcitho yonyaka ongaphambili, yi-5,4%.

Ubonelelo lwakuqala lweendleko zabasebenzi beSebe eli lwaye lwasekelwa kwindleko yezithuba ezazaliswayo ngoFebhuwa 2016 nakubonelelo leqelana lezithuba ezaziza kuvalwa, isikakhulu kwicandelo lezibonelelo nelolawulo lwezeendlela.

Njengoko uhlahlo-mali lwembuyekezo yabasebenzi (COE) olwaluphawulwe lwalwenzelwe kuphela lo msebenzi, ukususwa kwemali kwi-COE akuzange kuvunyelwe ngaphandle xa oko kwamkelwe ngokwesigqibo soMthetho wePalamente. Ngoko ke

imali ekuchithwe ngaphantsi ngayo ezizigidi ezingama-R23,806 kulo msebenzi yadluliselwa kwiNgxowa yeMali yePhondo (Provincial Revenue Fund).

Ukuchitha ngaphantsi kwi-COE isikakhulu kwabangwa kukungavalwa kwezithuba ngethuba elalibekiwe nakukuziyekela kwesiqhelo kwabasebenzi, izinto ke ezo ezathi zaba nefuthe nakwiimpahla neenkondo ezinxulumene nezi zithuba. Kambe ke, ezinye iinkxalabo nazo zaye zaba nefuthe kwizicwangciso zokuvalwa kwezithuba, iinkxalabo ezifana nokuba i-DTPW yaye yacuntswa kwimali ye-COE kwiminyaka eyandulelayo, ezithe ke zawenza nzima umsebenzi wokuvalwa kwezithuba okwakucwangcisiwe kulo nyaka sikuwo kwakunye nowokusebenzisa amanyathelo awayebekiwe okufezekisa iimfuno zeSikhokelo seSebe leNkulumbuso yePhondo sokulawulwa kweemali zemivuzo eNtshona Koloni (Department of the Premier's Framework to Manage the Western Cape Wage Bill).

Phezu koku kuchitha ngaphantsi kwi-COE nakwiimpahla neenkondo ezinxulumene nembuyekezo yabasebenzi okwachaphazela yonke imisebenzi, izizathu eziphambili zophambuko kwinkcitho zibonakalisiwe phantsi koMsebenzi ngamnye ngezantsi apha.

Inkqubo 2: Izibonelelo zolwakhiwo zeli Sebe

Ukuchitha ngaphantsi kulo Msebenzi isikakhulu kubangwe kukudluliswa kakhulu kubonelelo (ngemali) lwabasebenzi beyunithi yokuxhasa inkonzo yokunikwa kwenkonzo yolwakhiwo lwezibonelelo, nakukucutha kweenkqubo ezinxulumene nokuthengwa kwemihlaba, kwakunye nesigaba sezicelo zokungeniswa kochako-msebenzi seConradie Game-Changer.

Inkqubo 3: Izibonelelo zothutho

Ukuchitha ngaphantsi okungekho ngako noko kulo Msebenzi isikakhulu kubangwe kukungenziwa kodluliselo kweentlawulo njengoko oomasipala bangakwazanga ukuziqhuba iiprojekthi zezibonelelo zolwakhiwo ngokwezicwangciso.

Inkqubo 6: Imisebenzi esekuhlaleni

Ukuchitha ngaphantsi kulo Msebenzi isikakhulu kubangwe kukuba iqela loonokhontrakthi laye larhoxa kwiPhulo loPhuhliso loNokhontrakthi (Contractor Development Programme) nakukumiswa koqeqesho lwakumagumbi okufundela lwe-CIDB (Construction Industry Development Board) loonokhontrakthi beBakala 3 ukuya kwele-5, into leyo eyenza ulibaziseko lweenyanga ezimbini ekuqeshweni kwabathantamisi bokuncedisa kolu qeqesho luqhutyelwa kwiindawo zoqoqosho. Kananjalo, ngenxa yokulahleka koqinisekiso lomqeqeshi ekunye ne-SETA (sector education and training authority) apha ekuhambeni konyaka-mali, kwaye kwalibaziseka ukuqhutywa koMsebenzi oyiTrade Test Support Programme.

e. Uxulo noweliselomali kunyaka olandelayo

Uxulo

Itheyibhile 4 inika iinkcukacha ngoxulo olwenziweyo.

Itheyibhile 4: uxulo ku-2016/17

iCandelo ekuxulwe kulo	Kwasiwa	R'000	Isizathu
Inkqubo 1: uLawulo	4. Kwimisebenzi yezothutho	425	Kukubonelela ngoqhagamshelwano ngokhuseleko lothutho.
	5. Kulawulo lwezothutho	6 575	lintlawulo zobuarhente ezifanele kuhlawulwa oomasipala ngenxa yodluliso kuqokelelo lweentlawulo lweelayisenisi zezithuthi.
Inkqubo 2: Izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente	5. Kulawulo lwezothutho	5 421	lintlawulo zobuarhente ezifanele kuhlawulwa oomasipala ngenxa yodluliso kuqokelelo lweentlawulo lweelayisenisi zezithuthi.
		4 218	Ubonelelo ngemali yenxenye yoqesho lwezithuthi zikarhulumente zokusetyenziswa kuqinisekiso lokuthotyelwa kwemithetho yendlela.

Uweliselo kunyaka olandelayo

Itheyibhile 5 inika iinkcukacha zeemali ezixulwe kolunye ulwabiwo ngokwezicelo ezenziweyo ukusuka ku- 2015/16 ukuya ku-2016/17.

Itheyibhile 5: Izicelo zoweliselomali kunyaka olandelayo ukusuka ku-2015/16 ukuya ku-2016/17

Inkqubo	R'000	Injongo
Inkqubo 1: uLawulo	2 000	Ukuxhasa uphuculo lwenkqubo eyiMicrosoft Enterprise Project Management (EPM) System yokukhawulelana neemfuno ezithile zeli Sebe.
Inkqubo 2: Izibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente	1 622	Ubonelelo ngophuhliso lwesikhokele esiyiBetter Living Model (BLM) njengenyathelo eliphambili likaRhulumente weNtshona Koloni lokuzisa inguqu eliyiGame-Changer.
Inkqubo 3: Izibonelelo zezothutho	1 263	Ukunika uMasipala waseDrakenstein uncediso-mali lokuphucula indlela kaMasipala eyiMain Road 208 (MR208).
	717	Ukubonelela ngokugudiswa kwakhona kwendlela eyiEendekuil-Het-Kruis Keerom Road.
Inkqubo 5: Ulawulo lwezothutho	17 000	Ukubonelela ngokubhengezwa kweeprowujekthi zokhuseleko ezindleleni ezibandakanya nephulo eliqhutywa koonomathotholo qho ngenyanga, izibhengezo ezikumgangatho ophezulu koomabonakude, kwii-TV, amalinge asekuhlaleni namajelo eendaba asekuhlaleni nophando.
	2 500	Ukuxhasa abanini beeteksi ezizikhombi, iitekisi ezihlawulisa ngeemitha nabeebhasi ezincinane.
Iyonke	25 102	

f. Ukubanjwa kwemali

Itheyibhile 6 inika iinkcukacha ngemali ethe yabanjwa ukusuka ku-2015/16 ukuya ku-2016/17.

Itheyibhile 6: Imali ethe yabanjwa ukusuka ku-2015/16 ukuya ku-2016/17

Inkqubo	R'000	Injongo
Inkqubo 2: Iziphelo zezibonelelo zeMisebenzi kaRhulumente	2 548	Kwiintlawulo zerenti ebezisemva ngenjongo yokuyisebenzisela ukuhlawula irenti yeRiverlands Primary School eMalmesbury, ngokomyalelo wenkundla.
Inkqubo 3: Iziphelo zezothutho	39 951	Kwiintlawulo eziye zadluliseka zeelayisenisi zezithuthi ngenjongo yokuyisebenzisa kwiprowujekthi i-C1040, Reseal Eendekuil-Het-Kruis Keerom Road.
	30 000	Kwiintlawulo zeelayisenisi zezithuthi eziqokelelweyo; kwiintengiso zeempahla neenkonziso; kwiintlawulo, kwizohlwayo nezihluthiweyo; kwinzala, kwizabelo, kwirenti yomhlaba; kwiintengiso zezinto zeentengo ezinkulu nemicimbi eyaqhutywayo kwiasethi namatyala ngenjongo yokuyisebenzisela iprowujekthi C982, Reseal Holgaten-Uniendale.
	16 954	Kwiintlawulo zeelayisenisi zezithuthi eziqokelelweyo ngenjongo yokuyisebenzisa kwiprowujekthi i-C821 Rehabilitation Porterville-Piketberg Road.
	10 000	Kwiintlawulo eziye zadluliseka zeelayisenisi zezithuthi ngenjongo zokuyisebenzisa kulondolozo lwe-ASOD.
Inkqubo 4: Imisebenzi yezothutho	2 349	Kwiintlawulo eziye zadluliseka zeelayisenisi zezithuthi ngenjongo yokuyisebenzisa ekuthengweni kwamaphempana aziindawo zokusasaza ezifunwa kwi-GIPTN.
	26 934	Kwiintlawulo eziye zadluliseka zeelayisenisi zezithuthi ngenjongo yokuyisebenzisa ekuthengweni kwenkonzo emanyanisiweyo eyi-Integrated Fare Management Service efunwa kwi- GIPTN.
Inkqubo 5: Ulawulo lwezothutho	695	Kwiintlawulo zeelayisenisi zezithuthi eziqokelelweyo ngenjongo yokuyisebenzisa ekufakelweni kwezibonelelo zokuqhutywa kweenkomfa ngoqhagamshelwano lwevidiyo ezikwiikhompuyutha eGene Louw Traffic College nakumaziko ezeendlela.
	23 000	Kwiintlawulo zeelayisenisi zezithuthi eziqokelelweyo ngenjongo yokuyisebenzisa kweentlawulo zobuarhente ezinyukileyo ezihlawulwa oomasipala ngokuqokelela iintlawulo zeelayisenisi zezithuthi.
Iyonke	152 431	

g. Inkciitho engagunyaziswanga, engekho mgaqweni nengenasiqhamo nekukudlala ngemali

Izizathu zenkcitho engagunyaziswanga, engekho mgaqweni, engenaziphumo nekukudlala nje ngemali ethe yafunyaniswa ngo-2016/17, izixamali ezichaphazelekayo, namanyathelo okuthintela ukwenzeka kwakhona kwale ngxaki, achazwe ngezantsi apha.

Inkciitho engagunyaziswanga

Inombolo yefayili	Inkcazo	Isixa	Amanyathelo oluleko
-	-	Nil	-

Inkciitho engenaziqhamo nekukudlala ngemali

Inombolo yefayili	Isizathu	Isixa	Amanyathelo othintelo
-------------------	----------	-------	-----------------------

Inkcitho engekho mgaqweni

Le Theyibhile ingezantsi apha ibonisa izigqitho ezitsha eziye zavela ngo-2016/17.

Inombolo yefayili	Inkcazo	Isixa	Amanyathelo oluleko
FC 3/6/1/4/145	Ukungathotyelwa kweMigaqo yeentengo ezixhobisayo, iPreferential Procurement Regulations – ukusetyenziswa gwenxa kwinkqubo yokunikwa kwamanqaku, iPreference Point System.	R30 505.90	Amagosa afumana illetha zokulumkisa kwakunye noqeqesho.
FC 3/6/1/4/146	Ubuqhethesaba kumthetho osekelwe kwizithethe nesiqhelo (Common law).	R597 176.17	Igosa laye lagxothwa laza labekwa ityala lokubuyisa imali yaloo nkcitho. Umcimbi lowo wadluliselwa kwa-SAPS (South African Police Service).
FC 3/6/1/4/147	Ukungathotyelwa kogunyaziso lwe-SCM – ukungasebenzisi inkqubo yeentengo eyi-Integrated Procurement System (IPS) ekuthengeni kwiikoteshini ezingaphaya kwe-R10 000.	R136 820.00	Amagosa afumana illetha zokulumkisa.
FC 3/6/1/4/148	Ukungathotyelwa kogunyaziso lwe-SCM – ukusebenzisa iinkqubo ezigwenxa ekwenziweni kweentengo.	R4 224 467.00	Amagosa akasasebenzi kwa-DTPW. Amagosa anikwa uqeqesho kulawulo lomjikelo weentengo (SCM) kwiOfisi yoMmandla.

h. Izicwangciso zexesha elizayo ze-DTPW

Le miba iphathelele kwimithetho nemigaqo-nkqubo iza kunikwa uqwalaselo:

- uMthetho oyiWestern Cape Immovable Asset Management Act kunye nemigaqo yawo oza kuthatha indawo yoMthetho oyiWestern Cape Land Administration Act;
- uMgaqo-nkqubo oyiGovernment Accommodation Policy;
- uMthetho oyiWestern Cape Provincial Road Traffic Act- ubonelelo loMphathiswa lokuba aqulunqe imigaqo ebandakanya nokuthinjelwa;
- umthetho iPublic Transport Law;
- ukusetyenziswa kwemigaqo ye-PPPFA (2017);
- uMgaqo ohlaziyiweyo woqhagamshelwano nabahlali;
- iSicwangciso esiliQili seTalente (Strategic Talent Plan); kunye
- noMgaqo-nkqubo oyi-e-Vision Policy.

I-DTPW inezicwangciso malunga nezinye iinkalo zamalinge.

- ISebe i-DTPW liye laqhuba ngokuthatha inxaxheba ebonakalayo kwiikomiti ezisungulayo ezifanelekileyo ze-PSG nakumaqela asebenzayo azo ngelokuncedisa ekungqanyaniseni komsebenzi wokubonelela ngezakhiwo

kumanqanaba oburhulumente, khona ukuze ukwazi ukuba nempumelelo ekukhuthazeni uzinzo ekukhuleni koqoqosho

- Njengokub iye yanyukela kwizinga eliphuculekileyo ekuqinisekiseni ngeziphumo ezingenagxeke kuhlolo lweenjongo ezazibekiwe, i-DTPW inenjongo yokuziqwalasela iziphumo zemisebenzi ngokusebenzisa inkqubo ykubekwa kweliso kwiziphumo, ibe ke njalo iyalususa ugxininiso “kuthotyelo” ilise “kwiindlela zokwenziwa komsebenzi”.
- I-DTPW iza kuzamela ukubambelela kwisiphumo sayo “esingenagxeke kuhlolo-zincwadi” ngelokuxhasa ulawulo olunozinzo.
- Uza kuqhutywa umsebenzi wokuphakamisela isakhono sezemali seli Sebe kwizinga elilandelayo – (“eliphakathi”). Kwinkalo yeNkqubo yoLawulo lweeNkonzo zeZibonelelo (Infrastructure Delivery Management System (IDMS)) i-DTPW iza kukhangela/kuvavanya isebenzise ezinye iindlela eziliqili ezizezinye zokwenziwa kweentengo nokunikwa kweenkonzo eziya kuthi zikukhawulezise ukunikwa kweenkonzo zezibonelelo nezokukhawulelana nemingcipheko ekunikweni kweenkonzo zezibonelelo zolwakhiwo
- UMsebenzi oyiMasakh’iSizwe Bursary Programme ne-PDP zijolise ekukhawulelaneni nengxaki yokunqongophala kwezakhono ngokuncedisa i-DTPW ekuqiniseni izakhono zabasebenzi bayo, khona ukuze eli Sebe likwazi ukufezekisa uxanduva lwalo ngelixa likwabonelela nangofikelelo kumathuba engqesho. Kananjalo, i-PDP iza kuphanda ngokubandakanywa kwezinye izifundo nangokusebenzisa lo Msebenzi koomasipala.
- Iiprojekthi zezibonelelo ezinxulumene nokuqulunqwa kweepiani, izongezo, uhlaziyo, nolondolozo lwezibonelelo zezakhiwo ngokubanzi kuza kuqhutywa ngazo. Ezinye iinkalo zogxininiso ekuza kuqhutywa ngazo ku-2017/18 ngumsebenzi wophuculo lweeofisi, iOffice Modernisation Programme, ojolise kucikiziko lokusetyenziswa kweeofisi. Ukuphuculwa komsebenzi wokubekwa kweliso kwiindlela ezisetyenziswa ngayo izibonelelo kwizakhiwo zeli phondo nakwezo ziqeshiweyo ngokuthi kusetyenziswe iimitha, kuya kuthi kuncede ekulawulweni kwamazinga osetyenziso, futhi usetyenziswe nasekuvandlakanyeni ukuba kungakwazeka na ukufakelwa ezinye iisolar photovoltaic (PV) ezongezelelweyo eziofisini. Ixabiso lezakhiwo ezizezikaRhulumente weNtshona Koloni liza kukhuselwa ngotyalo-mali kulondolozo olongezelelweyo.
- Kuza kuqhutywa uvandlakanyo lweemeko zeasethi zephondo ezingahambisekiyo, njengoko oko kuyimfuneko ekukhuselweni kwezakhiwo ezizezephondo nasekuqwalaselweni kwemiba yempilo nokhuseleko eyimfuneko.
- Ingxelo yonyaka i-PER iza kuphuculwa ngokuqinisa uphengululo lohlahlutyo lwenyanga lweenkcukacha zosetyenziso. Ujoliso oluphambili kule ngxelo luqwalaselo lobungakanani beenkcukacha zokusetyenziswa kwemihlaba, ukusoloko zibekwe elisweni nzulu ezi nkcukacha zokwenziwa komsebenzi, kwakunye nolawulo lwamathuba ocikiziko nempumelelo evela kwezi nkcukacha.
- Ulungiselelo lweendawo zezemfundo nezempilo kuhlahlo-mali lwezibonelelo lukwiVoti 5 -ezeMfundo nakwiVoti 6 – ezeMpilo ngokulandelelana kwazo kuQikelelo lwePhondo lweMali neNkcitho (Provincial Estimates of Revenue and Expenditure), 2017. Ulwakhiwo nolondolozo lwezintlu zeeprojekthi luhlonyelelwe kwezi voti. I-DTPW iza kuqhuba ukusebenza njengearhente

yokusebenzisa ekuqhutyweni kweeprowujekthi ze-WCED nezeSebe lezeMpilo leNtshona Koloni.

- Zikhona izicwangciso zokuthengwa kwemihlaba engama-20 ku-2017/18 ejoliswe kwiinjongo zokunikwa kweenkonzo: ithoba lelezempilo, ishumi (10) lelezemfundo, omnye ngoweCape Nature.
- Imeko yoqoqosho olubhetye-bhetye ekuyiyo ngoku iyithobile imali efanekayo yokuqhuba iiprowujekthi ezintandathu ezikhethiweyo zoMsebenzi oyiCape Town Central City Regeneration Programme. Uza kuqhuba umsebenzi kwiConradie Game-Changer njengoko kucwangcisiwe, kodwa umsebenzi wezinye iiprowujekthi ezintlanu kuza kukhe kumiwe ngawo usakuba ugqityiwe umsebenzi wesi sigaba solwakhiwo sesiqhutywa kungoku nje. Ezi prowujekthi kuyaxoxwa ngazo kwicandelo leemeko ezinikwa kuzo iinkonzo kule ngxelo.
- Iindlela zingowona mxhelo woqoqosho. Utyalo-mali ezindleleni lunenjongo yokulondoloza iindlela ezinetha, iindlela zomhlaba kunye neebhulorho, nokuthiintela ukufumba komsebenzi wolondolozo ongekenziwa. Olu tyalo-mali lukwanenjongo yokuphucula iindlela, ukusuka kwezomhlaba ukuya kwezinetha, kunye neyokuphucula iindawo ezingumngcipheko wengozi ukuze kuthotywe amanani abantu abafa kwiingozi zeendlela, kuphuculwe nokhuseleko kwezi ndawo.
- Iiprowujekthi zeendlela ezityunjelwe ukunyusa ukukhula koqoqosho ziza kuqhutywa. Isiphambuka seBorcherd's Quarry kuhola u-N2; ukongezwa kweleyini yesithathu ku-N1 kwisiphambuka seDurban Road neSigaba 1 solwakhiwo lokongeza iindlela ezixhasa iSaldanha Bay IDZ siyaqhuba. Siza kuqhuba isigaba soyilo lwesicwangciso sophuculo lwesiphambuka iWingfield Interchange kuhola u-N1/N7.
- Iiprowujekthi zotyalo-mali kulwakhiwo nolondolozo lweendlela ziza kukhethwa ngokuthi kuphuculwe iinkqubo zolawulo lweeasethi. Ngokusetyenziswa kwe-IDMS kwimeko yeZibonelelo zoThutho (Transport Infrastructure environment), ebandakanya noncediso-mali lokukhuthaza, iProvincial Road Maintenance Grant (PRMG), kuya kusekwa ubudlelane obusondeleleneyo necandelo lolawulo loLawulo lweSebe: i-DTPW Directorate: Performance Monitoring and Evaluation, elijongene nokubekwa kweliso kwindlela oqhuba ngayo umsebenzi kwakunye nokuyivandlakanya, khona ukuze kunyuswe ifuthe lokufezekiswa kweemfuno ze-PRMG, nokuqinisa ulondolozo lweendlela.
- Lusakuba lufunyenwe ulwamkelo lweSiphathiswa (IweKhabhinethi), uMthetho oSayilwayo weNtshona Koloni, iWestern Cape Provincial Road Traffic Administration Amendment Bill, uya kuthi ungeniswe kwipalamente yephondo kunyaka-mali ka-2017/18.
- UMthetho oSayilwayo oyiWestern Cape Transport Infrastructure Amendment Bill neMigaqo yawo uya kushicilelwa ku-2017/18, khona ukuze uluntu lukwazi ukunika izimvo zalo ngawo. Injongo kukuba ungeniswe uMthetho oSayilwayo owenza izilungiso (Amendment Bill) kwipalamente yephondo kunyaka-mali ka-2017/18.
- Uphando malunga nocikizeko kwezoqoqosho nasekusebenzeni kwesi sikhokelo sommandla sikhoyo solondolozo lweendlela luza kukhokelwa sisiphumo sohlengahlengiso lweziko leCandelo loMlawuli oyiNtloko yoLawulo lwezeeNdlalela (Chief Directorate: Road Network Management).

- Abafundi abane abanezidanga abathabatha inxaxheba kwi-PDP ngoku baza kuba bekulungele ukubhaliswa njengabaqeqeshiweyo kwezobunjinieli kwikhansile yezobunjineli (Engineering Council of South Africa (ECSA)) ku-2017/18. Kucetywa ukuba aba bantu baya kuqeshwa isigxina yi-DTPW emva kobhaliso lwe-ECSA.

Izicwangciso ze-DTPW zeMisebenzi yezoThutho ezijoliswe:

- Ekusetyenzisweni ngokupheleleyo kwe-GIPTN enxityelelanisiweyo, kugxininiswe ekuboneleleni ngenkonzo esemgangathweni ophezulu enikwa abantu base George, kusukulwe imisebenzi ikwazi ukuba nozinzo ngokwasezimalin, kuphuculwe isakhono sikarhulumente sokulawula imisebenzi nekhontrakthi;
- Ekulawuleni ngempumelelo, ekuphuculeni nasekubekeni iliso kumnini-bhasi onikwe uncediso-mali kunye noncediso-mali oluyiPublic Transport Operations Grant (PTOG) kuhanjwa ngokweemfuno zayo, ude lo msebenzi udluliselwe kwiSixeko seKapa (CoCT);
- Ekuqakumbeleni umsebenzi wocwangciso olongezelelekileyo ngobuhlakani noMasipala waseStellenbosch ngokwemiqathango yeProvincial Sustainable Transport Programme nasekuqaliseni ngokusebenzisa amalinge athe atyunjwa ngocwangciso lwe-PSTP olugqitywe kunyaka-mali-2016/17. La malinge asenokubandakanya neeprowujekthi zothutho lukawonke-wonke, eze-NMT nezolawulo lwemfuno yezinto zokuhamba eStellenbosch;
- Ekusekeni izigqeba zeziko nezemali eziyimfuneko ekunatyisweni kwe-PSTP;
- Ekusebenziseni izindululo zeRail Implementation Programme eziqulunqwe kunyaka-mali ka-2016/17 ngobuhlakani ne-PRASA noMetrorail;
- Ekuqulunqeni iSicwangciso esiliQili soThutho lweMpahla (Freight Strategy Implementation Programme ngobuhlakani noMsebenzi 1: uLawulo noMsebenzi 4: iMisebenzi yezoThutho. Lo msebenzi uza kuqwalasela imeko ekuyiyo ngoku nemiba ephambili elijongene nayo eli candela eNtshona Koloni liqwalasele namanyathelo okuphucula eli candela afanele kuqwalaselwa yi-DTPW; kunye
- Nasekuqhubeni ngokuphuhlisa izindululo zeTransport Data Hub Business Case, eziqulunqwe kunyaka-mali ka-2016/17 ezphathelele ekusekweni kweTransport Data Hub esembindini.

I-DTPW Traffic Law Enforcement iza kuqhuba ngokunika inkonzo yoqinisekiso lokuthotyelwa kwemithetho ezindleleni ubusuku nemini, iveki yonke (24/7). Ikunye namahlakani angoomasipala, i-DTPW iza kuqinisekisa ukuba iindawo ezinomngcipheko weengozi ezindleleni zibekwa elisweni ngamaolisa ngelokuxhasa ukuhamba kwezithuthi okungenamagingxi-gingxi. Izithuthi zabantwana besikolo ezinokhuseleko ziza kuhlala ziyinkalo ebekwa iliso elibukhali, ngobuhlakani ne-WCED.

I-DTPW iza kuqhuba ngokuwuqwalasela umba wobuphezulu bamanani abantu abafa kwiingozi zeendlela eNtshona Koloni ngemisebenzi esele iqhuba ejoliswe ekunciphiseni ukuqhuba kuselwe iziselo ezinxilisayo (uhlaselo lotywala/alcohol blitzes), nakuqinisekiso lokuthotyelwa kwezantya eziqingqiweyo (kubandakanya ne-ASOD) noqwalaselo lwemithwalo edlulisweyo (amaziko okuveyisha alithoba).

Ukusetyenziswa kwesicwangciso sovavanyo sesithili (District Safety Plan) eOverberg kuza kuqhuba. Kuza kuqhutywa ngokuvavanya nokusukula ithekoloji esezithuthini yoqinisekiso lokuthotyelwa kwemithetho edityaniswe nenkqubo ye-ANPR neye-ASOD.

Izibonelelo ezitsha ezisandula ukugqitywa, i-K53 nesovavanyo lwezithuthi eGene Louw Traffic College ziza kusetyenziselwa ukuqeqesha abavavanyi abavela kwiphondo eli nakoomasipala, kwakunye namanye amaziko ovavanyo abucala. Iziko i-GLTC lovavanyo lwezithuthi liza kusetyenziswa ngamagosa oqinisekiso lokuthotyelwa kwemithetho yeendlela ekuvandlakanyeni ukufaneleka kwezithuthi ukuba zibe sezindleleni zikawonke-wonke. Kuza kuqhutywa ubeko-liso novandlakanyo kwakunye novandlakanyo lwefuthe ngenjongo yokuqwalasela izinto ezifuna uphuculo neyokwenza izindululo ngazo, malunga nomgangatho woqeqesho kwezeendlela oluqhutywayo, kananjalo kubekwe iliso nakwizinto ezenziwayo zokuqinisekisa ngokuthotyelwa kwemithetho, into ke leyo eya kubandakanya nokusetyenziswa ngokusesikweni kwe-DSP kwisithili seOverberg.

Kuza kuqhutywa ngokuqinisa amaphulo olwazi nemfundo ngokhuseleko, futhi namanyathelo olawulo lokudinwa aza kuqhuba. Kuza kuphindwa kugxininisewe ngakumbi kuqwalaselo olunikwa abasebenzisi beendlela abahamba ngeenyawo namanye ke amaqela abasebenzisi abasemngciphekweni.

I-DTPW iza kuqhuba ngokuba noqhagamshelwano neSebe lezoThutho leSizwe, i-RTMC kunye noomasipala malunga nokhawulelwano nefuthe elibi lamatyatla okunikwa kweenkonzo nolibaziseko eza nalo ekuqunjelweni kweekhontrakthi zolondolozo nophuhliso lwe-eNATIS nee-LCU kumaziko ovavanyo lweelayisenisi.

Ziza kuphuhliswa ngokunye iinkqubo ze-EBAT zize zisukulwe kwiziko iAlcohol Evidence Centre (AEC) eAthlone ngobuhlakani neCandelo loTshutshiso laseNtshona Koloni (Western Cape Directorate of Public Prosecutions). Amanye amaziko e-AEC eVostile naseGeorge aza kuphinda asetyenziswe.

Isigqeba iProvincial Regulatory Entity (PRE) siza kuqhuba ngokusukula iinkqubo zokusebenza ezifanayo zokulawula iingxoxo zamatyala aqhutywa phantsi kwemiqathango yecandelo 79 loMthetho oyiNational Land Transport Act. Nakwiofisi yoMbhali weZithuthi wePhondo (Provincial Transport Registrar) ziza kuvandlakanywa iinkqubo zisukulwe futhi. I-PRE noMbhali baza kusebenzisa icandelo 79 loMthetho i-NLTA kunye nemiqathango yoMthetho oyiWestern Cape Road Transportation Act Amendment Law (Umthetho 8 ka-1996) ekulawuleni isimo sabanini bezithuthi zikawonke-wonke nemibutho yabo. Le miqathango yomthetho yenza ukuba kukwazeke ukuzimisa okwexeshana ilayisenisi, ukuzirhoxisa okanye ukuzitshitshisa ilayisenisi okanye ubhaliso, apho lusoloko luphinda-phindwa, lumandla utyeshelo lwemiqathango yeelayisenisi okanye lwemigaqo yokuziphatha yemibutho ebhalisiweyo. I-PRE iza kuqhuba ngovandlakanyo lwemiqathango yeelayisenisi zothutho lukawonke-wonke kuzo zonke iintlobo zale nkonzo yothutho.

I-PRE, iNational Department of Transport (NDOT) kunye ne-CoCT baza kuphinda baqalise ngenkqubo yokusekwa kwesigqeba esizimeleyo esiliziko lolawulo lukamasipala eliza kuba lelokuqala apha eMzantsi Afrika, eliyiMunicipal Regulatory Entity.

I-DTPW iza kuqhuba ngophuhliso noxhobiso lwabahlali nangoshishino lolwakhiwo olujoliswe kuzinzo ekukhuleni koqoqosho nokwengqesho ngeqela lamaphulo ezakhono ngezakhono noqeqesho. I-DTPW iza kuqhuba ngokusebenzisa amaphulo oqeqesho loonokhontrakthi abasakhasayo. Abo bathatha inxaxheba baza kumenyelwa indibano yeentsuku ezimbini engeenkukacha zezolwakhiwo. Kucetywa uqeqesho

loonokhontrakthi abangama- 60 bamabakala 1 nele-2 e-CIDB oluya kuthatha iiveki ezintlanu kunye nabangama-50 bamabakala 1 nele- 2 oluya kuthatha iiveki ezili-10. Oonokhontrakthi bamabakala 3 nele-5 bona baya kuqeqeshwa banikwe inkxaso ngomsebenzi wokubekwa kweliso. Abanye abangama-20 oonokhontrakthi abasuka kwi-DPTW Road Network Management baya kuqeshwa njengenxenywe yokuqhutywa okuluvavanyo kweContractor Development Programme Policy.

I-DTPW iza kuxhobisa abafundi abangama-210 ngezakhono ezinxulumene nomsebenzi wolwakhiwo ngomsebenzi oyiNational Youth Service (NYS) Programme. Abakwingqesho yoqeqesho emisebenzini abayifundelayo abangamashumi amathathu baza kuthatha inxaxheba kumsebenzi wophuhliso lwabenza umsebenzi wezandla ngenjongo yokufezekisa iphulo likaRhulumente weNtshona Kolon eliyiApprenticeship Game-Changer.

Kuza kuqhutywa amaphulo ali-10 EmplAs (uvandlakanyo lwefuthe loxhobiso) kwiiprowujekthi ezicwangcisiweyo zezibonelelo zolwakhiwo zephondo kwaye kuya kuqulunqwa neengxelo ezingama-20 zokuqhutywa kweenkalo zoxhobiso ebekujoliswe kuzo (ETIRs). Kucetywa iindibano zothethwano ezilishumi elinesihlanu nabahlali zokuxhasa amacandelo oLawulo (directorates) e-DTPW aqhuba lo msebenzi naloo masebe awenzelayo.

Iforam ezili-12 ze-EPWP yephondo kuya kuqhutywa ngazo kunikwe izigqeba zikarhulumente ezingama- 40 (oomasipala namasebe ephondo) inkxaso ekudalweni kwamathuba emisebenzi angama-82 973 , kunikwe nabantu abahluphekileyo nabangasebenziyo inkxaso yengeniso ngokunikwa kweenkonzo zikarhulumente ezifuna abasebenzi neasethi zasekuhlaleni.

Ubuhlakani bukaRhulumente naMacandelo Abucala (PPP)

I-PPP ixhasa icandelo loburhulumente necandelo labucala ukuba asebenzisane kwinkxaso-mali nolwakhiwo lwezibonelelo. Ii-PPP zilawulwa nguMgaqo 16 weCandelo leNkcitho kaRhulumente (Treasury Regulation) noMthetho oyiPublic Finance Management Act. Umjikelo weprowujekthi ye-PPP unezigaba ezine, futhi ke kwisigaba ngasinye kufuneka kufunyanwe imvume (ulwamkelo)yeCandelo leNkcitho kaRhulumente weSizwe.

Inqanaba lolwamkelo	Inkcazo
TA I	Ulwamkelo lwe-NT ngophando lokukwazeka kweprowujekthi ukwenzeka.
TA II A	Ulwamkelo lwe-NT loxwebhu lweentengo, kubandakanya nesivumelwano se-PPP.
TA II B	Ulwamkelo lwe-NT lwengxelo ecacisa ukuba ngaba imiqathango emithathu ye-PPP yasetyenziswa njani na kuvandlakanyo kwizicelo zabazigqatswla ukunika inkonzo/ukwenza umsebenzi (bids), baneliseka njani na kwabo bathathwayo, nazo naziphi na iinkcukacha ezifunwa yi-NT.
TA III	Ulwamkelo lwe-NT lwesivumelwano se-PPP esiqinisekisa ukuba iprowujekthi izifezekisa zonke iimfuno zoMgaqo 16.

iProwujekthi	Inqanaba lolwamkelo lweCandelo leNkcitho kaRhulumente				Ingcaciswana
	TA I	TA IIA	TA II B	TAIII	
Chapman's Peak Drive				X	IChapman's Peak Drive iyahubha ngokuba yindlela ekuhlawulwayo kuyo ngokwemiqathango yoMthetho oyiWestern Cape Toll Roads Act, 1999 (uMthetho 11 ka-1999). Isivumelwano selungelo siphelwa ngo-2033.
13 Dorp Street – WCED Head Office		X			Le projukthi ingolwakhiwo lwesakhiwo seeofisi esingama-22 000 m ² nge-PPP. Iprojukthi le sele ibhalisiwe kwa-NT lwafunyanwa ulwamkelo (TA I ne-TA II A). Ngelishwa kambe, umba womqathango weentsiba, oyeyona nto iphambili phambi kokuba kwenziwe unikezelo, awuzange uhambe kakuhle. Lo mcimbi uza kuya kwandlalwa kwiKhabhinethi, ithathe isigqibo ngawo malunga nokufanele ukwenziwa, kunyaka-mali ka-2017/18.
Government Motor Transport (GMT) – Top Yard	X				Iprojukthi yeTop Yard yaye yabhaliswa kwa-NT njenge-PPP (ubuhlakani bukarhulumente namacandelo abucala) ngoKweyoMqungu 2015. NgoAgasti 2015, lwafika ulwamkelo i-TA I. Uyaqhuba umsebenzi wamalungiselelo nolwakhiwo kwisiza esitsha, kwaye abasebenzi abakhoyo kufuneka basiwe kwisiza esitsha se-GMT eMaitland phambi kokuba isiza seTop Yard sikhululelwe imarike.

Caphela: iShedyuli yolwamkelo lwee-PPP liCandelo leNkcitho yeMali kaRhulumente (National Treasury)

liprojekthi zovuselelo

Le theyibhile ingezantsi apha inika ushwankathelo lweeprojekthi zovuselelo eziqhubayo kungoku nje.

Uhlalutyo lwala mathuba anokubakhona lubandakanya uthethwano namaqela achaphazelekayo, iindlela zosombululo lweembambano, uphando ngokunokwenzeka, izifundo zolwakhiwo nezothutho, uvandlakanyo lokusingqongileyo, ukujongwa kwelifa lemveli nendalo, ulwahlulo lwemihlaba ngokutsha, nomsebenzi olungiselela ukukhululwa komhlaba.

iProjekthi	Ingcaciswana
Founders Garden – Artscape Precinct	Injongo yale projukthi kukubonakalisa okungaphuhlisekayo kwisiza iFounders Garden. Kungokunje isekwisigaba samalungiselelo kwaye isicelo sokwahlulwa ngokutsha kwesi siza sele samkelelwe iminyaka emibini. Isicelo sokulandisa eli xesha libe leleminyaka emihlana sele singeniswe kwiSixeko seKapa (CoCT). Iimphepha zokunyulwa kwabacebisi kulo mcimbi ziyaqulunqwa, kwaye unyulo olo kulindeleke ukuba lwenzeke kunyaka-mali ka-2017/18.
Prestwich Precinct	Uthethwano nabo baqeshe kula masango nabasebenzisi bawo nangendawo abanokuswa kuyo lubonakalise ukuba abaqeshi abasoze bakwazi ukuya kwenye indawo kule minyaka mihlanu izayo, into leyo ethetha ulibaziseko ekukhululweni kwesi siza. Ngoko ke i-DTPW igqibe kwelokuba ikhe iyimisele elinye ixesha le projukthi.
Somerset Precinct – Helen	Le projukthi ijolise ekukhululeni isiza se-HBNH kuqhutywe uphuhliso kuso, njengeSigaba 1 seprojukthi yeSomerset Precinct.

iProjekthi	Ingcaciswana
Bowden Nursing Home (HBNH)	<p>Isicelo solwahlulo lwesi siza sonke sangeniswa kwiSixeko seKapa ngo-2016, kwaye isigqibo silindeleke kunyaka-mali ka-2017/18.</p> <p>ISiphathiswa (iKhabhinethi) sePhondo saye sagqiba ngoKweyoKwindla 2017 ukuba isiza se-HBNH siya kukhululelwa ulwakhiwo lwezindlu ezifikelekayo ngamaxabiso, kwaye elona nani liphezulu lezi zindlu zifikelekayo ngamaxabiso liya kuxhomekeka ekukwazekeni.</p> <p>Isikhokelo semali siya kuqulunqwa ngenjongo yokunika umkhombandlela kwimpendulo yesicelo solwahlulo ngokutsha.</p>
Two Rivers Urban Park (TRUP)	<p>Amagosa avela kwiSixeko seKapa, kwi-DTPW nakwiSebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso leNtshona Koloni aye aqhuba ngokukhokela iqela leengcali ezivela kwiinkalo ezahlukeneyo ngenkxaso kaRhulumente waseHolani (Dutch Government). Kungokunje iqela leproyujekthi liqulunqa iindlela zokusebenza, kwaye kunyaka-mali ka-2017/2018, liya kuqakumbela isikhokelo sophuhliso esiya kukhokela imisebenzi yolwahlulwa-hlulo nolwahlulo lwezi hekhare zingama-250 zomhlaba ongasetyenziswa ngokupheleleyo kwingingqi apho kudibana khona iBlack river neLiesbeek river.</p> <p>Uphando lweengcali ngemeko yangaphambi kokufika kwabathimbi bomhlaba neyelifa lemveli nendalo nangothengiseko lugqityiwe. Luyaqhuba uphando lweengcali ngokuqulunqwa kwamanyathelo okuthintela umonakalo weempuphuma, isikhokelo seenkonzo zobunjinieli, umtyino i-TRUP Green Corridor novandlakanyo lwefuthe kokusingqongileyo, uvandlakanyo lwefuthe kwezothutho novandlakanyo lwefuthe kwiilifa lemveli nendalo (HIA).</p>
Sea Point Main Road site	<p>NgoMeyi 2015, isiza esingasetyenziswayo seTafelberg High School saye sabhengezwa njengesiza kuchithwa ngokusithengisa ngobunjalo baso. Oku kwaye kwachaswa enkundleni, yaza ke inkundla yasikhipha isigwebo sayo ngoKuCanzibe 2016.</p> <p>Inkundla yaye yayalela uMphathiswa wezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ukuba akhuphe isibhengezo esitsha phantsi kwemiqathango yecandelo 3 loMithetho oyiWestern Cape Land Administration Act, 1998 nemigaqo ephathelele koku kuchithwa, nokuba emva koko iSiphathiswa kufuneka sazise abafaki-sicelo ngesigqibo eso.</p> <p>NgoJuni 2016, iGqwetha likaRhulumente (State Attorney) laye lazisa uNdifuna Ukwazi, umbutho owawumele abafaki-sicelo kumcimbi wasenkundleni ukuba uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni angekhe abenakho ukuziqwalasela ngexesha izimvo ezaye zangeniswa ziphendula izaziso ezathi zapapashwa ngokwemiqathango yomyalelo wenkundla, njengoko zazininzi kakhulu izimvo ezangeniswayo, kwaza ke kwathethwana ngokwandiswa kwexesha.</p> <p>Ngomhla wama-29 Julayi 2016, iSiphathiswa sePhondo saye sabona ukuba asinakuba nako ukwenza uvandlakanyo lokuphumelela kwezinye zezindululo ngokwasemalini, njengoko zaziiindidi ngeendidi izimvo ezangeniswayo, saza ke sacela i-DTPW ukuba iqulunqe ingenise izindululo malunga nokukwazeka ngokwasemalini kokuqhutywa kolwakhiwo lwezindlu ezifikelekayo ngamaxabiso kwisiza seTafelberg.</p> <p>Ngomhla we-18 Novemba 2016, kwapapashwa izaziso ezicela izimvo ngeso sikhokelo saqulunqwayo; kuqala umhla wokuvalwa kongeniso lwezimvo yaba ngumhla wama-30 KweyoMqungu 2017, wanyenyiselwa owe-15 Febhuwari 2017.</p> <p>Ngomhla wama-22 KweyoKwindla 2017, zangeniswa iziphakamiso kwiKhabhinethi, apho zathi zaqwalaselwa yi-DTPW lwaza ke "uluvo lweKhabhinethi lwaba lolokuba isigqibo sokuthengisa sisigqibo esinesihlahla, futhi sibubulumko, sifanelekile, kwaba ke njalo akurhoxwa kwikhontrakthi yokuthengisa ekwangenwa kuyo nePhyllis Jowell Day School".</p>
BLM - Conradie Game-Changer	<p>Le proyujekthi iqhube kakuhle ngesantya "esingujikumlambo" ukusuka ekucetyweni kwayo ngoJulayi 2015 ukuze sibe siyaqakunjelwa isigaba sokujonga (esokuqala) ngoDisemba 2015 size sona iSigaba 1 solungiselelo siqakunjelwe ngoKuCanzibe 2016.</p> <p>ISigaba 2 sokulungiselela nesokuqhutywa ziqaliswe kweyeSilimela 2016 saza isicelo sokugqibela seSikhokelo soPhuhliso nolwahlulo sangeniswa kwiSixeko</p>

iProjekthi	Ingcaciswana
	<p>seKapa ukuba samkelelwe amalungelo ophuhliso kwesi siza. Isigqibo seCity Municipal Planning Tribunal malunga nolwahlulo ngokutsha silindeleke kunyakamali olandelayo, futhi sinokuthi silandelwe zizibheno ukuba ngaba uluntu alwanelisekanga yindlela eziqwalaselwe ngayo izichaso zalo.</p> <p>Umsebenzi wokukhangela umphuhlisi waye waqalwa ngoJulayi 2016; ababini kwabazigqatsayo baye bakufanela ukungena kwisigaba sokungeniswa kweengcaciso zomsebenzi wabo. Kambe ke ukukhululwa koxwebhu lwesicelo sokungeniswa kwengcaciso kuye kwalibaziseka njengoko i-DTPW isalindele uqinisekiso loncediso-mali kwiziphathamandla ezifanelekileyo. Olu libaziseko ekufunyanweni komphuhlisi luthetha ukuba isiyunguma "sophethulo-soyi" esicetyelwe umhla we-1 Epreli 2018 asisayi kukwazi ukwenzeka. Iqela leproyjekthi liceba amanyathelo okukhawulelana nombamba wefuthe lonqongophalo lwemali kwakunye nokumka kwexesha.</p>

i. Izinto eziyekiweyo ukwenziwa

Akukho zinto ziyekiweyo ukwenziwa kunokunikwa ingxelo ngazo.

j. Izinto ezintsha eziza kwenziwa okanye ezicetywayo

Akukho zinto zintsha ziza kwenziwa okanye zicetywayo.

k. Ulawulo loMjikelo weeNtengo (iimpahla neenkonzelo)

Akukhange kubekho zindawo ziye zazicelela ukusenzela imisebenzi okanye ukusinika iinkonzelo kungakhange kwakhutshwa zithenda kulo nyaka wenzelwa le ngxelo.

Zikhona iinkqubo zokusebenza, (SOPs) iithemplethi nezixhobo zokukhawulelana nomngcipheko wenkcitho engekho mgaqweni, ngokuqulunqwa kwamanyathelo okuphanda, awoluleko nawothintelo kugunyaziso lweGosa Eliphendulayo malunga noLawulo loMjikelo weeNtengo (SCM) nolunye ugunyaziso oluhamba nalo.

Iingxaki eziphambili malunga noLawulo loMjikelo weeNtengo (SCM) zibandakanya:

- Inkqubo yolawulo lwezemali engunxazonke eyi-Integrated Financial Management System (IFMS) isaqulunqwa;
- Ukungabikho kwenkqubo emfano inye isebenzayo yolawulo lweeprojekthi (Project Management System) elungiselelwe eli Sebe;
- Isikhokelo somthetho soLawulo loMjikelo weeNtengo (SCM) sisaqulunqwa kwaye kukho nemingcipheko enokubakhona ephathelele kwinkqubo yolawulo lwenguqu;
- Ukusetyenziswa kukavimba weenkukacha zabaniki-nkonzo (Central Supplier Database (CSD)) weCandelo leNkcitho yeMali kaRhulumente weSizwe (NT) nefuthe lako kubaniki beenkonzo nakwabeekhontrakthi; kwakunye
- Nokulungiselelwa ukusetyenziswa kwemigaqo ka-2017 yeentengo zoxhobiso (Preferential Procurement Regulations).

Ezi ngxaki zenza inkxalabo xa kuqatshelwa ukuba iSebe eli linoxanduva olukhulu lomjikelo weentengo nakwiiprojekthi ezininzi. Ezi ngxaki kwaye kwakhawulelwana nazo okwangoku ngokuthi:

- Kuqulunqwe izixhobo nezikhokelo ezimfano inye;
- Kusetyenziswe ubugcisa beekhompuyutha neenkonziso eziqhutywa ngazo;
- Ukukhutshwa kwakhona kwenkqubo ye-EPM elungiselelwe abasebenzisi bayo phaya kwimisebenzi yabo yomhla nezolo, ngokusekelwe kwiimfuno ze-IDMS;
- Ngokuqwalaselwa kweengxaki ezafunyanwayo kwi-CSD ngokwemeko nganye; kananjalo
- Nangeqela leendibano zocweyo (workshops) nangothethwano neCandelo leNkcitho yeMali kaRhulumente wePhondo eli (Provincial Treasury) neleNkonzo zoMthetho (Legal Services) ebezimalunga nemigaqo yeentengo zoxhobiso ka-2017 (Preferential Procurement Regulations).

I. Izipho namalizo ezingeyomali ezifunyenwe kumaqela angenalunxulumano

Akukho zipho namalizo zifunyenwe kumaqela angenalunxulumano.

m. Izaphulelo nophambuko kwiCandelo likaNondyebo weSizwe

Ngokwenkqubo eyimodified cash standard isebe likarhulumente lenzelwa isaphulelo ekubhaleni imali yerhafu elingekayifumani. Loo nto ke ithetha ukuthi akukho mfuneko yokuba isebe lizibhale iimali eliseza kuzifumana okanye eliseza kuzihlawula, imali ezo ezifana nenzala okanye nezinye iintlawulo ezinxulumene ngqo neentlawulo ezibizwayo okanye nokuqokelelwa kweemali zerhafu ezifunyanwayo.

n. Izinto ezenzeke emva komhla wokungeniswa kwengxelo

Akukho zinto zenzekileyo emva komhla wokungeniswa kwengxelo.

o. Okunye

Akukho okunye ekunokunikwa ingxelo ngako.

p. Imibulelo

La magosa alandelayo aye afumana ukuwongwa kwitheko lokuwonga loNyaka leSebe lezoThutho leSizwe lika-2016 (NDoT Annual Transport Awards) ebelingomhla wama-29 Okthobha 2016:

- uJacqueline Gooch ufumene eleyona Ntloko yeSebe lezoThutho isemagqabini (Best Head of a Transport Department Award) kowayesakuba nguMphathiswa wezoThutho, uDipuo Peters;
- iNtloko yezeeNdlela yeNtshona Koloni, uKenneth Africa ufumene elelona Gosa lezeeNdlela liyiNdoda isemagqabini (Best Male Transport Employee Award);
- uYasir Ahmed, uMlawuli oyiNtloko kwiCandelo leMisebenzi yezoThutho: ufumene elokwindawo yesibini yoyena msebenzi uyindoda wezoThutho usemagqabini (Best Male Transport Employee); kunye

- noBernie McMahon, uMlawuli weCandelo leeLayisenisi neePemethi zoThutho loLuntu (Operator Licensing and Permits), ufumene elokwindawo yesibini yoyena msebenzi ubhinqileyo wezothutho (Best Female Transport Employee).

UMphathiswa uDonald Grant uye wanikezela ngeziqinisekiso kubasebenzi abanenkono ende yeminyaka eli-10, engama-20, engama-30 nengama-40. La magosa abulelwa ngenxaxheba yawo ayithathileyo ekuqiniseni kweenkono ezinikwa uluntu ngurhulumente kule minyaka yawo yenkono.

Igalelo leGosa lezeMali eliyiNtloko (CFO), uMnu Cedric Ismay, kucikizeko lolawulo lwezemali ngokubanzi kwiSebe eli libulelwa ngokungazenzisiyo. Kuyaqatshelwa kambe ukuba uMnu ulsmay uye wathatha umhlalaphantsi kweli Sebe ekupheleni kukaMeyi 2017. Kananjalo, ngelixa kuqondwa kona ukuba umhlaba wokwenza bhetele uya kusoloko ukho wona, abasebenzi abaninzi basebenza iiyure ezininzi, balifaka ngamandla igxalaba ekunikeni eli Sebe inkxaso kolu hambo lwalo lokuzingela ucikizeko oluthe kratya. Ukuzinikela okungaka kubulelwa ngenene.

Ubulelwa kakhulu uMphathiswa wePhondo uMnu. Donald Grant ngobunkokeli bakhe obuphume izandla nangolawulo lwakhe olukwanjalo, kwesi sithuba senzelwa le ngxelo.

IiNkcazelo zeMali zoNyaka zinikwe kumaphepha (Annual Financial Statements) 246 ukuya kutsho ku-353.



JT Gooch

IGosa eliNika iNgxelo

ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente

Umhla: 30 kweyeThupha 2017

5 Inkcazo yoxanduva noqinisekiso lochaneko lweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi lwam nangokwenkolelo yam, ndiqinisekisa ngoku kulandelayo:

- Zonke iinkcukacha nezixa-mali ezidizwe kuyo yonke le Ngxelo yoNyaka zinemfano enye.
- Le Ngxelo yoNyaka iphelele, kwaye ayinalushiyelelo inalo.
- Le Ngxelo yoNyaka iqulunqwe ngokwezikhokelo zokwenziwa kweNgxelo yoNyaka ezikhutshwe ngu-NT.
- INkcazo zemali zoNyaka (iSigaba E) ziqulunqwe ngokwezikhokelo zenkqubo eyimodified cash standard nangezinye izikhokelo ezifanelekileyo ezikhutshwe ngu-NT.
- IGosa Eliphendulayo (AO) linoxanduva lokuqulunqa iNkcazo zeMali zoNyaka kwakunye nolwezimvo ezivakalisiweyo kuhlolo lwezi nkukacha.
- IGosa Eliphendulayo (AO) linoxanduva lokuseka nokusebenzisa inkqubo yolawulo lwangaphakathi inkqubo leyo equlunqelwe ukuba iqinisekise ngonyaniseko

nangentembeko yengcaciso yendlela ohambe ngayo umsebenzi, eyeeNkcazo zeMali zoNyaka, kananjalo nangokwesikhokelo solawulo ekuvunyelwene ngaso neZiko leeNkonzo Ezimanyanisiweyo (Corporate Services Centre (CSC)) kwiSebe leNkulumbuso yePhondo (DotP) seenkcukacha malunga nabantu bokusebenza (HR).

- Abahloli-zincwadi bangaphandle basetyenziselwa ukuba banike uluvo lowangaphandle ozimeleyo malunga neeNkcazo zeMali zoNyaka.
- Ngokweyam imbono, le Ngxelo yoNyaka iwuzoba ngokucacileyo nangokufezekileyo umfanekiso wemisebenzi, iinkcukacha zendlela ohambe ngayo umsebenzi, ezabantu bokusebenza kwakunye nowemicimbi yezemali yeli Sebe, zonyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindlaKweyoKwindla 2017.

Owenu othembekileyo



JT Gooch
IGosa eliNika iNgxelo
ISEbe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente
Umhla: 30 kweyeThupha 2017

6 Ushwankathelo olucwangcisekileyo

a. Umbono

ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (DTPW) liyazibandakanya kumbono kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, njengoko uchazwa kwiSicwangciso sePhondo esiliQili (Provincial Strategic Plan) sika- 2014 – 2019:

“Uluntu olunamathuba avuleleke kumntu wonke”.

Owe-DTPW umbono uyahambelana nombono kaRhulumente weNtshona Koloni:

“Ukunkqenqeza phambili kunikezelo lweenkonzo zezibonelelo zolwakhiwo zikaRhulumente nakwezinye iinkonzo ezinxulumene nazo”.

b. Umnqophiso

“I-DTPW inikezela ngezibonelelo zolwakhiwo nangeenkono zokukhuthaza iziphumo ezihle kwezentlalo noqoqosho nezeendawo ekuhlalwa kuzo ezinokhuseleko, ezixhobisekileyo nezinoqhagamshelwano”.

c. Iimpawu zentsulungeko

I-DTPW izibandakanya ngokupheleleyo kwezona nqobo zentsulungeko ziphambili zikaRhulumente weNtshona Koloni (WCG):



Caring = Inkathalo; Competence = Ucikizeko lwezakhono; Accountability = Uxanduva lokuphendula; Integrity = Unyaniseko; Innovation = Isakhono soyilo; Responsiveness = Ukhawulezelo lweempendulo

Ezi nqobo zentsulungeko zonke zisekelwe phezu kwentsebenziswano. Inkcazelo ethe kratya ngenzingsiselo yenqobo yentsulungeko ephambili nganye inikwe ngolu hlobo lulandelayo.

Itheyibhile 7: Iimpawu zentsulungeko zephondo neenkcazo ngokuziphatha

Uphawu lwentsulungeko	Inkcazo ngokuziphatha
Inkathalo	Siya kuzama ukuziqonda iimfuno zabantu sizinike ingqwalasela. Siza kubahlonipha abanye abantu. Abasebenzi asizi kubathatha nje njengabasebenzi kuphela, koko siza kubaxabisa njengabantu. Siza kubacingela abasebenzi. Siza kugxininisa kwiinkalo ezakhayo apha emsebenzini. Siza kuhlaba amadlala ngeendlela ezakhayo xa kukho imfuneko.

Uphawu lwentsulungeko	Inkcazo ngokuziphatha
Ucikizeko lwezakhono	<p>Siza kuqinisekisa ukuba abasebenzi bayakwazi ukuyenza le misebenzi baqeshelwe ukuyenza, nokuba bazibandakanya ngokupheleleyo neenqobo zentsulungeko ze-DTPW, nokuba ngalo lonke ixesha bazamela ucikizeko emsebenzini.</p> <p>Siza kuzifezekisa iziphumo zomsebenzi wethu siziphumele neenkalo ebesijolise ekuziphumeleni ngomsebenzi wethu ocikizekileyo ngokohlahlo-mali, futhi ngexesha.</p> <p>Siza kuzamela ukufikelela kwiziphumo eziqaqambileyo ngenjongo yokubanika iinkonzo bonke abantu baseNtshona Koloni.</p> <p>Siza kusebenza ngaxhatha iinye ukuze silufezekise uxanduva lwethu esiluthwaliswa ngumgaqo-siseko nesazibophelela kulo kubavoti.</p>
Uxanduva lokuphendula	<p>Siziqonda kakuhle iinjongo zethu, inxaxheba yethu, ugunyaziso lwethu noxanduva lwethu.</p> <p>Sizinikezele ekuzifezekiseni zonke iziphumo ekwavunyelwana ngazo, ngexesha futhi.</p> <p>Siya kuthwalisana sonke ngoxanduva lwethu lokuphendula ngomoya wentembano nowokuzalisekisa konke esazinikela kuko.</p> <p>Umntu ngamnye kuthi uya kuthi azinikezele ekuluthwaleni uxanduva lweziphumo zomsebenzi wethu nasekuzibandakanyeni nazo futhi asamkele isiphumo sokusilela ekukwenzeni oku.</p>
Unyaniseko	<p>Siya kuzamela ukyiqonda ngokuthe kratya inyaniso kwiimeko zonke, futhi sisebenze ngonyaniseko ngamaxesha onke.</p> <p>Siza kunyaniseka, sibonakalise imbeko, siphile ngeenqobo zentsulungeko.</p> <p>Siza kuthembeka ngamaxesha onke, sensz oku besithe siza kukwenza.</p> <p>Siza kusebenza ngonyaniseko ngamaxesha onke naphantsi kweemeko zonke, siqinisekise ukuba sihlala sizikhwebule kubuqhetseba.</p>
Isakhono soyilo	<p>Sizamela ukusebenzisa iindlela ezintsha, siseke iindlela zenkonzo eziphuculekayo, siziphucule iinkonzo.</p> <p>Sizamela ukuba neengqondo eziyilayo ezibona imingeni namathuba ngandlela zonke.</p> <p>Ujolliso lwethu luhlabe eluntwini, kwaye siyakwazi ukuvelela zonke iinkalo sifumane isisombululo esilulutho.</p> <p>Sibaxabisile abasebenzi ababuzayo ngeenkqubo ezisetyenziswayo ngeenjongo zokuzihlaziya nokuzivuselela.</p> <p>Siseka imeko apho zikhuthazwayo iingqondo eziyilayo, ibekho nembuyekezo futhi ngazo.</p> <p>Siyaziqonda iimpazamo ezingenziwanga ngabom, nabasebenzi sibanike ithuba lokuba bafunde kuzo.</p> <p>Siyazingqubanisa iintloko ekusonjululweni kweengxaki, ngenjongo yokufezekisa iinjongo zeziko lethu ezicwangciseke ngobuqili.</p>
Ukhawulezelo lweempendulo	<p>Siza kuzithatha ngenzondelelo enkulu izimvo zoluntu, simamele, sive amazwi abantu (ugxininiso ekumameleni kunasekuthetheni).</p> <p>Siya kuphakama ngokukhawuleza kwiimeko zonke, ngalo lonke ixesha sizibuze ukuba ngaba ifanelekile na impendulo yethu, singaba siphosise phi na, kananjalo singenza njani na ukuze sinike iinkonzo ebhetele.</p> <p>Siza kudlana iindlebe sithethane, sithethe nabo bachaphazelekayo kumsebenzi wethu, sithethe namajelo eendaba, sinike iinkcukacha ezipheleleyo.</p> <p>Siza kuzamela ukuba sibaphathele iziphumo eziqaqambileyo abantu esibakhonzayo, size ke sisebenzele phezu kwezimvo abasinikayo.</p>

7 Imithetho egunyazisayo nolunye ugunyaziso

Ugunyaziso le-DTPW luvela kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika ka-1996, (ekuza kuthiwa nguMgaqo-siseko xa kubhekiswa kuwo ngezantsi apha) nakuMgaqo-siseko weNtshona Koloni ka-1997 (uMthetho 1 ka-1998). Olunye ugunyaziso loloxanduva oluhamba nale Migaqo-siseko, ngelixa olunye lulokarhulumente wephondo kuphela. Olu gunyaziso, ndawonye nolo luvela kwimithetho nemigaqo-nkqubo esetyenziswayo, luchaziwe nalo kweli candelo.

Umsebenzi	uMthetho
Ezothutho	<p>uMthetho oyiAdministrative Adjudication of Road Traffic Offences Act, 1998 (uMthetho 46 ka-1998)</p> <p>Ukhuthaza iindlela ezisemgangathweni ophezulu ngokuthi ubonelele ngeendlela zothibazo lotyeshelo lwemithetho yendlela, ngoququzelelo lokuxoxwa kwamatyala ezigqitho kwimithetho yendlela, ngokuxhasa ukubanjwa kwabatyesheli ngokwemiqathango yemithetho yesizwe neyephondo enxulumene nokusetyenziswa kweendlela, ngokusetyenziswa kwenkqubo yoxhuzulo lwamanqaku ngeziphoso, ngokubonelela ngokusekwa kwearhente yokulawula eli phulo, ngokubonelela ngokusekwa kwebhodi yokumela iarhente leyo, uze ke ubonelele nangeminye imicimbi enxulumene nale.</p>
	<p>uMthetho oyiAdvertising Along Roads and Ribbon Development Act, 1940 (uMthetho 21 ka-1940)</p> <p>Unika i-DTPW uxanduva lokulawula ukuxhonywa kwezibhengezo kwiindawo ezingaphandle kweengingqi zasezidolophini ezithi zibonakale kubasebenzisi beendlela zephondo, nokulahlwa okanye ukushiywa kwemithetho engasetyenziswayo okanye kwenkunkuma, ubethelelelo, ulwakhiwo nokumiswa kwezinto ezilulwakhiwo nezinye izinto kufuphi neendlela zephondo, nofikelelo kwimihlaba ethile ukusuka kwezo ndlela.</p>
	<p>uMthetho oyiNational Land Transport Act, 2009 (uMthetho 5 ka-2009)</p> <p>Ubonelela ngeendlela zokuguqula nokuhlengahlengisa inkqubo yesizwe eyiNational Land Transport System, eyasungulwa nguMthetho oyiNational Land Transport Transition Act, 2000 (uMthetho 22 ka-2000).:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ngokuqulunqa nokusebenzisa umgaqo-nkqubo wephondo wokusetyenziswa kothutho lwendlela nangezicwangciso eziliqili; • Ngocwangciso, ngonxibelelaniso nangoququzelelo lwemisebenzi yothutho lwendlela; • Ngentsebenziswano phakathi koomasipala; kananjalo • Nangoqhagamshelwano namanye amasebe karhulumente.
	<p>uMthetho oyiNational Road Traffic Act, 1996 (uMthetho 93 ka-1996)</p> <p>I-DTPW, kunye noMphathiswa njengesiphathamandla esibekiweyo, kufuneka baqinisekise ngokuba iyenziwa yonke imisebenzi enxulumene nokubhaliswa nokunikwa kwezithuthi ilayisenisi, eyovavanyo lwabaqhubi nokufaneleka kwezithuthi. Ngaphezulu, i-DTPW ikwanomsebenzi wokulawula iziyunguma eziquhutyelwa ezindleleni zikawonke-wonke.</p> <p>I-NRTA ilawula ubhaliso lwezithuthi nokwenzelwa kwazo ilayisenisi, abenzi bezithuthi, abakhi nabathenga kwamanye amazwe; ukufaneleka kwabaqhubi; ukufaneleka kwabanini (bezithuthi zikawonke-wonke); ukhuseleko ezindleleni; imiqondiso yeendlela; uqingqo lwesantya; iingozi neengxelo zeengozi; ukuqhuba ngaphandle kwenkathalo; ukuqhuba okungenalo ulwazelelelo; ukuqhuba phantsi kweempembelelo zeziselo ezinxilisayo okanye zeziyobisi ezitshaywayo; kunye nezinye ke izigqitho zasezindleleni.</p>

Umsebenzi	<p>uMthetho</p> <p>uMthetho oyiNational Qualifications Framework Act, 2008 (uMthetho 67 ka-2008) Ubonelela ngolongezo lophuhliso, ucwangciso nolawulo lweSikhokelo soQeqesho sesizwe esiyiNational Qualifications Framework. Sibhekisele: kumaphulo emfundo okanye okufunda okukhokelela kuqinisekiso okanye kwinxenye yoqinisekiso olufumanekayo kumaziko emfundo kwiRiphabliki le; nakubaniki beenkonzo zophuhliso lwezakhono.</p> <p>uMthetho oyiRoad Traffic Management Corporation Act, 1999 (uMthetho 20 ka-1999) Ngeenjongo zoncendo loluntu, ubonelela ngentsebenziswano nangonxibelelaniseko kuqulunqo lwezicwangciso, kulawulo, kuquzelelo nakuqinisekiso ngokuthotyelwa komthetho ngokuphathelele kwimicimbi yezeendlela, phakathi kukarhulumente wesizwe, nowamaphondo kwakunye nowoomasipala nezithili; ulawula ukukhutshwa kweekhontrakthi zeenkonzo zeendlela; ubonelela ngokungeniswa ngezigaba kotyalo-mali lwabamacandelo abucala kuthutho lweendlela, uze ke ngaloo njongo, ubonelele ngokusekwa kwesigqeba esiyiRoad Traffic Management Corporation nangeminye imicimbi enxulumene nale.</p> <p>uMthetho oyiRoad Transportation Act, 1977 (uMthetho 74 ka-1977) Ubonelela ngolawulo lweentlobo ezithile zothutho lweendlela neminye enxulumene nalo.</p> <p>uMthetho oyiWestern Cape Provincial Road Traffic Administration Act, 2012 (uMthetho 6 ka-2012) Ulawula imicimbi yezeendlela ethile kwiphondo eli.</p> <p>uMthetho wePhondo oyiWestern Cape Road Transportation Act Amendment Law (uMthetho 8 ka-1996) Ubonelela ngokusekwa kwerejista yezothutho yephondo eli nangokubhaliswa kwemibutho yeeteki ezizikhombi.</p> <p>uMthetho oyiWestern Cape Toll Road Act, 1999 (uMthetho 11 ka-1999) Ubonelelo ngoseko lweentlawulo kwiindlela zephondo zikawonke-wonke eNtshona Koloni ngocwangcisele lweendlela zephondo ezihlawulelwayo (toll roads) uyilo lwazo, ulwamkelo lwazo, ulwakhiwo, ukusetyenziswa kwazo, ulawulo lwazo, ulondolozo nolungiso lwazo.</p> <p>oyiCape Roads Ordinance, 1976 (Ordinance 19 ka-1976) Umisela umpoposho othi liphondo lodwa elinegunya lokuvumela uphambuko kuqingqo olubekwe ngumthetho lwe-5,0m ne-95m kwimityino yolwakhiwo ngokuphathelele kwiintlobo ngeentlobo zeendlela ezipoposhwe njengezephondo, kananjalo unika negunya lokuluguqula uhlobo lwendlela (icandelo 4). Izicelo ezilolo hlobo zidla ngokufunyanwa zivela kumasipala wesithili olawula loo ngingqi ichaphazelekayo ngeNjineli yeeNdllela zeSithili (District Roads Engineer), kodwa ke zisenokuvela nakwiofisi elikomkhulu le-DTPW.</p>
uLawulo lweMisebenzi neMihlaba kaRhulumente	<p>uMthetho oyiGovernment Immovable Asset Management Act, 2007 (uMthetho 19 ka-2007) (GIAMA) Ukhuthaza iinjongo zikarhulumente zokunikwa kweenkonzo ngolawulo olucikizekileyo lweeasethi ezingahambisekiyo. Lo Mthetho i-GIAMA icacisa uxanduva lomsebenzisi nalowo ungumsingathi, oyi-DTPW ke apha eNtshona Koloni.</p> <p>uMthetho oyiNational Building Regulations and Building Standards Act, 1977 (uMthetho 103 ka-1977) Ufuna ukuba i-DTPW, njengomsingathi nomlawuli wezinto ezilulwakhiwo eNtshona Koloni, iqinisekise ukuba zonke izakhiwo nomsebenzi wolwakhiwo kwimihlaba karhulumente zithobela lo mthetho.</p>

Umsebenzi	<p>uMthetho</p> <p>uMthetho oyiNational Heritage Resources Act, 1999 (uMthetho 25 ka-1999) Usungula inqubo enxibelelanisekileyo nenothungelwano yokulawulwa kobutyebi obulilifa lemveli nendalo besizwe, ubeke izimiselo zolawulo lobutyebi bemveli nendalo ngokubanzi, usungule nenkqubo enxibelelanisekileyo yokuchongwa nokuvandlakanywa nokulawulwa kobutyebi obulilifa lemveli nendalo, futhi wenze iphondo ukuba likwazi ukuseka oogunyaziwe bobutyebi belifa lemveli nendalo ekufuneka basingathe amagunya okukhusela nokulawula iintlobo ezithile zobutyebi obulilifa lemveli nendalo. Ufuna ukuba i-DTPW ibeke le mihlaba ityunjelwe imisebenzi yophuhliso okanye yovuselelo phantsi kovandlakanyo olungqongqo lwefuthe layo njengelifa lemveli nendalo naphantsi kwenkqubo yokwamkelwa kolondolozo kweenxenyeni ezililifa lemveli kule mihlaba ichaphazelekayo.</p> <p>uMthetho oyiWestern Cape Land Administration Act, 1998 (uMthetho 6 ka-1998) Ubonelela ngokufunyanwa (ukuthengwa) kweeasethi ezingahambisekiyo nokuchithwa (ukuthengiswa) komhlaba oselungelweni likaRhulumente weNtshona Koloni (WCG), nolawulo lweminye ke imiba enokuthi ivele. I-DTPW inoxanduva lokuba isoloko iyihlaziya irejista yemihlaba, olokufumana (ukuthenga) eminye imihlaba eyongezelelweyo enokuthi ifuneka, nolokuyishiya okanye olokuyiphuhlisa ngokutsha imihlaba engasasetyenziswayo.</p>
Inxazonke	<p>uMthetho oyiBasic Conditions of Employment Act, 1997 (uMthetho 75 ka-1997) Ufezekisa iinkqubo zasemisebenzini ezikhankanywe kwicandelo 23(1) loMgaqo-siseko ngokuseka nangokubonelela ngolawulo lwemiqathango yengqesho ephambili, uze ke njalo uthobele imiqathango yeRiphabliki le njengelizwe elililungu loMbutsho waBasebenzi baMazwe ngamazwe oyi-International Labour Organization.</p> <p>uMthetho oyiBasic Conditions of Employment Act, 1997 (uMthetho ka-1997): Ministerial Determination 4: EPWP, wasicilelwa kwigazethi ngowe-4 Meyi 2012 Uqulathe imigangatho nemiqathango efanayo yabasebenzi abaqeshwe kwimisebenzini esezantsi kwiprowejekthi eyiExtended Public Works Programme (EPWP).</p> <p>uMthetho oyiBroad-Based Black Economic Empowerment Act, 2003 (uMthetho 53 ka-2003) Useka isikhokelo sowiso-mthetho sokukhuthaza uxhobiso lwabamnyama kwezoqoqosho ngokubanzi (BBBEE); uxhobisa uMphathiswa ukuba akhuphe imigaqo yeenkqubo ezinobulali kananjalo ashicilele oosomqulu benguqu; kwaye useka iKhansile eCebisayo kuXhobiso lwabaMnyama (Black Economic Empowerment Advisory Council).</p> <p>uMthetho oyiCompetition Act, 1998 (uMthetho 89 ka-1998) Ubonelela ngokumiselwa kweKhomishoni yoKhuphiswano (Competition Commission) enoxanduva lokuphanda, ukulawula nokuvandlakanya izivumelwano zonyino lokhuhiswano, ukusetyenziswa kakubi kwezikhundla eziphezulu nodibaniso (leenkampani); ngokumiselwa kweSigqeba seZigqitho (Competition Tribunal) yokujongana nezigwebo ngezo zigqitho; ngokusekwa kwenkundla yezibheno zokhuphiswano (Competition Appeal Court); nokujongana neminye imiba enxulumene nokhuphiswano.</p> <p>uMthetho oyiConstruction Industry Development Board Act, 2000 (uMthetho 38 oka-2000) Umisela iBhodi yoPhuhliso loShishino loLwakhiwo eyiConstruction Industry Development Board (CIDB), yokujongana nezinto ezibandakanya nokuphuhlisa koshishino olu ngenjongo yokuphucula iinkonzo zokubonelela uluntu lwaseMzantsi Afrika ngolwakhiwo; ukusebenzisana nawo onke amaqela achaphazelekayo kule nkonzo ngenjongo yokukhulisa amashishini olwakhiwo nempatho yabasebenzi eqaqambe ngobulali, iinkampani zolwakhiwo (oonokhontrakthi) kunye nabo baqeqeshelwe olu shishino; ukubeka iinkqubo ezicikizekileyo nemigangatho yesizwe; nokukhulisa imigangatho efanayo nenentsulungeko kwinkonzo yolwakhiwo nakwiikhontrakthi.</p>

Umsebenzi	uMthetho
	<p>uMthetho oyiConsumer Protection Act, 2008 (uMthetho 68 ka-2008) (CPA) Useka isikhokelo esinabileyo sokukhuselwa kwabasebenzisi bale nkonzo. Yonke imithetho ejoliswe kukhuselo lwabasebenzisi bale nkonzo (isikakhulu kwicandelo ngalinye) kufuneka ifundwe kunye ne-CPA ngelokuqinisekisa ngokuba imigangatho yokhuselo iyafana. Lo Mthetho ubhekisele kubo bonke ababonelela ngeempahla neenkonzo.</p>
	<p>uMthetho oyiControl of Access to Public Premises and Vehicles Act, 1985 (uMthetho 53 ka-1985) Ubonelela ngokukhuselwa kwemihlaba ethile nezithuthi zikarhulumente nangokhuselo lwabantu abakuyo, nangeminye imicimbi enxulumene nale.</p>
	<p>uMthetho oyiCriminal Procedure Act, 1977 (uMthetho 51 ka-1977) Ubonelela ngeenkqubo zokuxoxwa kwamatyala neminye imiba enxulumene nazo.</p>
	<p>uMthetho oyiDivision of Revenue Act (Ngonyaka/Annual) UMthetho wePalamente owiswa qho ngonyaka ozinto ujongene nazo zibandakanya ulwahlulo ngokulinganayo lwemali ekuqikelelwa ukuba iya kufunyanwa ngurhulumente wesizwe, phakathi kwakhe namaphondo nolawulo loomasipala kwakunye noncediso-mali olunemiqathango (Conditional Grants) olunikwa amaphondo ngeenjongo zokuba afezekise iinjongo zemigaqo-nkqubo karhulumente. Kananjalo ukhuthaza uqikeleleko noqiniseko ngokuphathelele kuzo zonke izabelo zamaphondo noomasipala kuhlalo-mali, khona ukuze la manqanaba oburhulumente akwazi ukucwangcisa uhlahlo-mali lwawo lwesithuba seqelana leminyaka.</p>
	<p>uMthetho oyiEmployment Equity Act, 1998 (uMthetho 55 ka-1998) Injongo yawo kukufezekisa ubulungisa emsebenzini ngolu hlobo: 1) ukukhuthaza ulingano kufikelelo lwamathuba nempatho enobulali kwingqesho ngokugutyulwa kocalu-calulo olungenabulali; kanajalo 2) nokusebenzisa amanyathelo oxhobiso ajoliswe ekulungisweni kosingelo phantsi lwamandulo ababefudula bephantsi kwalo abaloo maqela atyunjiweyo, khona ukuze kuqinisekise ngobulali ekumelweni kwabasebenzi kuwo onke amanqanaba omsebenzi.</p>
	<p>uMthetho oyiFirearms Control Act, 2000 (uMthetho 60 ka-2000) Umisela inkqubo enableileyo nenempumelelo yolawulo lwemipu neminye imiba enxulumene nayo.</p>
	<p>uMthetho oyi-Intergovernmental Relations Framework Act, 2005 (uMthetho 13 ka-2005) Ubonelela ngokuqulunqwa kwesikhokelo sokukhuthaza ubudlelane phakathi koburhulumente besizwe, obamaphondo noboomasipala nezithili; ubonelela ngeenkqubo zokukhawulelana nosombululo lweembambano phakathi kwala manqanaba oburhulumente; kwaye ubonelela nangeminye imicimbi enxulumene nale.</p>
	<p>uMthetho oyiLabour Relations Act, 1995 (uMthetho 66 ka-1995) Ulungiselela i-DTPW ukuba ikwazi ukukhulisa uphuhliso loqoqosho, ubulungisa eluntwini, uxolo emsebenzini nokusetyenziswa kwentando yesininzi (idemokrasi) emsebenzini</p>

Umsebenzi	uMthetho
	<p>uMthetho oyi-Local Government: Municipal Systems Act, 2000 (uMthetho 32 ka-2000)</p> <p>Ubonelela ngezimiselo eziphambili nangeenkqubo eziyimfuneko ekwenzeni ukuba oomasipala bakwazi ukuya phambili kumsebenzi wophuculo loqoqosho entlalweni yoluntu lweendawo zabo, baqinisekise nangofikelelo lomntu wonke kwiinkonzo eziphambili ezinamaxabiso afikelelekayo; ucacisa umthetho wndlela yokuma komasipala okubandakanya abantu bonke kwingingqi kamasipala, ukusebenzisana ngobuhlakani nezigqeba zezopolitiko nezolawulo; ubonelela nangendlela yokuqhutywa kwamagunya nemisebenzi kamasipala; ubonelela ngokuthathwa kwexaxheba ngabahlali; umisela isikhokelo esilula nesixhobisayo kwiinkqubo eziphambili zocwangciso, zokulawulwa kweendlela zokusebenza, ukuqiniswa kwezincisedisi-msebenzi neenguqu kwiiziko ezizisiseko soomasipala abasakhulayo; ubonelela ngesikhokelo ngolawulo lukarhulumente koomasipala nangophuhliso lwabasebenzi; ukuxhobisa abahluphekileyo nokuqinisekisa ngokuba oomasipala baseka iintlawulo zeenkono nemigaqo-nkqubo yolawulo lwamatyala eziyithathela ingqalelo iifunzo zabo ngokuthi baqulunqe isikhokelo sokunikwa kweenkonzo, sezivumelwano zokunikwa kweenkonzo nesezithili zenkonzo kamasipala; ubonelela ngolawulo lwamatyala noqokelelo lwawo; umisela nesikhokelo nokuseka isikhokelo sokuxhasa, ukubeka iliso nokumiselwa kwemigangatho oburhulumente khona ukuze kwakhiwe oomasipala abayiarhente yophuhliso ephambili nenocikizeko ekwaziyo ukuzimanyanisa izinto ezenziwa ngawo onke amanqanaba oburhulumente kwiinjongo zokuphakamisa intlalo noqoqosho loluntu, ngendlela engangquzulaniyo nendalo elungqongileyo.</p>
	<p>uMthetho oyiNational Environmental Management Act, 1998 (uMthetho 107 ka-1998)</p> <p>Ubonelela ngolawulo lwendalo oluntsebenziswano ngokuthi uqulunqe izimiselo zokuthathwa kwezigqibo kwimiba echaphazela indalo, amaziko akhuthaza ulawulo lwentsebenziswano, nangeenkqubo zonxibelelaniso zemisebenzi ephathelele kokusingqongileyo eyenziwa zizigqeba zikarhulumente; kananjalo ibonele nangeminye imicimbi enxulumene nokusingqongileyo.</p>
	<p>uMthetho oyiOccupational Health and Safety Act, 1993 (uMthetho 85 ka-1993)</p> <p>Ufuna ukuba i-DTPW, njengomsingathi nomlawuli wolwakiwo, iqinisekise ukuba zonke izakhiwo nomsebenzi wolwakiwo kwimihlaba karhulumente, nokuba iqhutywa ngubani na, ithobela lo mthetho nokuba izakhiwo ezo zihlala ziwuthobela ngalo lonke ithuba zisekhona.</p>
	<p>uMthetho oyiPreferential Procurement Policy Framework Act, 2000 (uMthetho 5 ka-2000) (PPPFA)</p> <p>Ubonelela ngokuba isigqeba sikarhulumente kufuneka siqulunqe umgaqo-nkqubo waso weentengo ezijoliswe kuxhobiso futhi silandele inkqubo yokunikwa emfuno yoxhobiso enjongo zayo zisenokubandakanywa kwabantu beekhontakthi, ababefudula besingelwe phantsi mandulo licalu-calulo olungenabulali olusekelwe kubuhlanga, kwisini nakukhubazeko.</p>
	<p>uMthetho oyiPrevention and Combating of Corrupt Activities Act, 2004 (uMthetho 12 ka-2004)</p> <p>Ubonelela ngokuqiniswa kwamanyathelo okuthintela ubuqhetseba nezenzo zobuqhetseba.</p>
	<p>uMthetho oyiPromotion of Access to Information Act, 2000 (uMthetho 2 oyi-2000) (PAIA)</p> <p>Ukhuthaza isiqhelo sokwenziwa kwezinto elubala noxanduva lokuphendula kwizigqeba zikarhulumente nezamacandelo abucala, ngokuthi kufezekiswe ilungelo lokufikelela kwiinkcukacha (eliqukathwe kwicandelo 32 loMgaqo-siseko), nokukhuthaza intlalo apho abantu bafikelela ngempumelelo kwiinkcukacha khona ukuze bakwazi ngokupheleleyo ukusebenzisa nokukhusela amalungelo abo.</p>

Umsebenzi	uMthetho
	<p>uMthetho oyiPromotion of Administrative Justice Act, 2000 (uMthetho 3 ka-2000) (PAJA)</p> <p>Ufezekisa icandelo 33 loMgaqo-siseko elibeka ukuba wonke umntu unelungelo lokuxhamla kubulungisa ngendlela esemthethweni, nenentelekelelo nobulali ngokwenkqubo. Nabani na omalungelo akhe athe achaphazeleka linyathelo lobulungisa unelungelo lokuba anikwe izizathu. Lo Mthetho i-PAJA ujongene nomthetho wolawulo ngokubanzi, into ke leyo ethetha ukuthi ubandakanya ulawulo lonke kuwo onke amanqanaba obulungisa.</p>
	<p>uMthetho oyiProtection of Personal Information Act, 2013 (uMthetho 4 ka-2013)</p> <p>Ukhuthaza ukhuselo lweenkcukacha zabantu ebezisezandleni zezigqeba zikarhulumente nezamacandelo abucala; ubeka nemiqathango ethile ebhekiswe ekunciphiseni iimfuneko zoqwalaselo lweenkcukacha zabantu; uqwalasela ukusekwa kwesigqeba soLawulo seeNkcukacha sokuba sisebenzise amagunya athile nemisebenzi ethile ephantsi kwalo Mthetho noMthetho oyiPromotion of Access to Information Act, 2000; ubonelela ngoqulunqo lwemigaqo yokuziphatha; ubonelela ngamalungelo abantu ngokuphathelele kuqhagamshelwano ngeekhompuyutha olungakhange lucelwe nangezizigqibo ezizenzekela ngemitshini; ulawula ukuhanjiselwa kweenkcukacha zabantu ngaphaya kwemida yeRiphabliki; ubonelele nangeminye imicimbi enxulumene nale.</p>
	<p>uMthetho Provincial Archives and Records Service of the Western Cape Act, 2005 (uMthetho 3 ka-2005)</p> <p>Ulonoloza izinto ezililifa lemveli nendalo eziselugcinweni zigcinelwe ukusetyenziswa ngurhulumente nabantu baseMzantsi Afrika, kwaye futhi ukhuthaza uburhulumente obucikizekileyo obulwamkelayo uxanduva lokuphendula nobenza izinto elubala ngokuthi buwalawule ngokufanelekileyo nangenkathalo amarekhodi karhulumente.</p>
	<p>uMthetho oyiPublic Finance Management Act, 1999 (1 ka-1999)</p> <p>Uxhasa ukwenziwa kwezinto elubala, uxanduva lokuphendula kunye nolawulo oluzinzileyo lweemali, lweenkcitho, lweeasethi, nezinto ezingmatyala e-DTPW.</p>
	<p>uMthetho oyiPublic Service Act, 1994 uMpoposho 103owashicilelwa kwiGazethi kaRhulumente 15791 kaJuni 1994/(Proclamation 103 published in Government Gazette15791 of 3 June 1994)</p> <p>Lo ngowona Mthetho ujongene nolawulo lukarhulumente. Ubonelela ngesikhokelo sokulawula nokusebenza kumasebe karhulumente ngokuthi uqulunqe izikhokelo zengqesho neenkqubo zabasebenzi, oko kukuthi, imiqathango yengqesho, ubude bamaxesha ezikhundla, umgaqo wokuziphatha, umhlalaphantsi, kunye nokukhululwa (ukuyekiswa emsebenzini) kwabasebenzi abakwinkonzo karhulumente, nangeminye imicimbi enxulumene nale.</p>
	<p>uMthetho oyiPublic Administration Management Act, 2014 (uMthetho 11 ka- 2014)</p> <p>Ukhuthaza iinqobo zentsulungeko eziphambili kwakunye nezimiselo ezilawula ulawulo lukarhulumente olukhankanywe kwicandelo 195(1) loMgaqo-siseko; ubonelela ngokudluliselwa nangokuya kuba kubanjiswa kwabasebenzi abakwinkonzo karhulumente; ulawula ukuqhutywa koshishino norhulumente wesizwe; ubonelela ngophuhliso lwezakhono nangoqeqesho; ubonelela ngokusekwa kweSikolo sikaRhulumente weSizwe esiyiNational School of Government; ubonelela ngokusetyenziswa kweenkcukacha netheknoloji yoqhagamshelwano kulawulo lukarhulumente; kananjalo ubonelela ngokuba uMphathiswa aseke izimiselo nemigangatho zolawulo lukarhulumente.</p>

Umsebenzi	uMthetho
	<p>uMthetho oyiSkills Development Act, 1998 (uMthetho 97 ka-1998) Ubonelela ngesikhokelo seziko sokuqulunqwa nokusetyenziswa kwezicwangciso eziliqili zikarhulumente wesizwe, ezamacandelo nezasemisebenzini zokuphuhlisa nokuphucula izakhono emsebenzini, nesokumanyaniswa kwezo zicwangciso kwiNational Qualifications Framework. Njengomqeshi ophambili, i-DTPW kufuneka iqinisekise ngothotyelo lwemisebenzi yomqeshi ngokwemiqathango yesivumelwano sasemisebenzini. NgoMsebenzi we-EPWP, i-DTPW isebenzisa amaphulo oqeqesho lwasemisebenzini nawophuhliso lwezakhono zabo bathatha inxaxheba kwiinkalo ezinxulumene nezobugcisa.</p>
	<p>uMthetho oyiRadio Act, 1952 (uMthetho 3 ka-1952) Ulawula zonke izinto ezenziwayo koonomathotholo neminye imicimbi enxulumene nazo.</p>
	<p>uMthetho oyiWestern Cape Land Use Planning Ordinance, Amendment Act, 2009 (uMthetho 1 ka-2009) Ulawula ucwangciso lokusetyenziswa komhlaba apha eNtshona Koloni, neminye imicimbi enxulumene nako.</p>
	<p>uMthetho oyiWestern Cape Procurement (Business Interests of Employees) Act, 2010 (uMthetho 8 ka-2010) Ulawula uchaphazeleko lwabasebenzi bakarhulumente wephondo eli nabezigqeba ezingamaziko karhulumente wephondo, kwakunye namalungu ezigqeba ezilawula loo maziko akwizigqeba eziqhuba ushishino norhulumente wephondo nezigqeba ezingamaziko karhulumente azimeleyo; ubonelela nangodizo lolo chaphazeleko; nangeminye imicimbi enxulumene nale.</p>
	<p>uMthetho oyiWestern Cape Monitoring and Support of Municipalities Act, 2014 (uMthetho 4 ka-2014) Ufezekisa icandelo 154(1) nele-155(6) loMgaqo-siseko ngokuthi liqulunqe amanyathelo okuxhasa oomasipala, okuphuhlisa nokuqinisa izakhono zoomasipala, nokuphucula indlela abawenza ngayo umsebenzi. Kananjalo ufezekisa icandelo 106(1) loMthetho oyiLocal Government: Municipal Systems Act, 2000, ngokuthi ubeke iindlela zokubekwa kweliso kusilelo olukrokrelwayo ekwenziweni komsebenzi nasekulawulweni loomasipala, kwakunye neminye imicimbi enxulumene nale.</p>

Isikakhulu imigaqo karhulumente wesizwe neyamaphondo nezicwangciso eziliqili ezichazwe ngezantsi apha, zizikhokelo ze- DTPW ekuqhubeni imisebenzi yayo.

Umsebenzi	iMigaqo-nkqubo
ezoThutho	<p>iSicwangciso seZlungiselelo esiliQili sesizwe esiyiNational Freight Logistics Strategy, 2005 Sinciphisa iindleko zothutho lweempahla apha ngaphakathi kweli ngeenkqubo zeendleko ezisezantsi ezithi zibe neziphumo ezikukunyuka kocikizeko, kwentembeke, namaxesha athathwa ezindleleni, into ke leyo ethi inike abasebenzisi ithuba lokukhetha phakathi kothutho lweendlela nolukaloliwe.</p>
	<p>iSicwangciso sezoThutho esiliQili seSizwe esiyiNational Public Transport Strategy, 2007 Esi sicwangciso siliqili sijoliswe kwiinkalo ezimbini zogxininiso, ezizezi:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Uphuculo olukhawulezisiweyo lweendlela eziyimityino, olunenjongo ekukubonelela ngezithuthi zikawonke-wonke ezitsha, ezinocikizeko oluthe kratya, ezifikeleleka nxazonke, nezinokhuseleko, izezabanani abanezakhono; kwakunye • Nothungelwano olumanyanisekileyo lwezithuthi zikawonke-wonke ezikhawulezayo ezijoliswe ekuphuhliseni nasekusetyenzisweni kangangoko kwezisombululo zothutho loluntu olumanyanisiweyo.

Umsebenzi	iMigaqo-nkqubo
	<p>iSicwangciso esiliQili seSizwe soKhuseleko Ezindleleni esiyiNational Road Safety Strategy, 2009-2015</p> <p>Sijongene nemiba yokhuseleko ezindleleni ngokuthi simanyanise, sinxibelelanise izicwangciso ezahlukeneyo zokhuseleko ezindleleni, izigqeba namanyathelo ongenelelo zamaqela onke athatha inxaxheba neearhente kwinkalo yokhuseleko ezindleleni.</p>
	<p>iSicwangciso esiliQili seSizwe soKhuseleko Ezindleleni esiyiNational Road Safety Strategy esiyiNational Road Safety Strategy, 2011-2020</p> <p>Sibonelela ngesikhokelo selinge elinxibelelanisekileyo lesizwe lokuphucula imfundo nokuthotyelwa kwemithetho ngokubhekisele kwizimo zabasebenzisi beendlela eziphuthileyo, ngokuhambelana neenkqubo ezikowona mgangatho uphezulu nezindululo ezenzelwa amazwe asakhasayo yiWorld Health Organization.</p>
	<p>iSicwangciso esiliQili seSizwe soThutho lwaseMaphandleni esiyiNational Rural Transport Strategy, 2007</p> <p>Sibonelela onke amanqanaba oburhulumente amathathu ngesikhokelo sokujongana neengxaki zezinto zokuhamba nofikeleleko lwazo ezifunyanwa emaphandleni ngendlela emanyanisekileyo, engqamanisekileyo nenxibelelanisekileyo. Ezona ndawo zimbini ziphambili kuso: kukukhuthaza unxibelelaniseko lophuhliso lweendlela neziphambuka emaphandleni; kunye noqulunqo lweenkqubo zothutho lwasemaphandleni ezihambelana neemfuno, nezilungelelanisekileyo.</p>
	<p>iPhepha loCaciso loMgaqo-nkqubo eliyiWhite Paper on National Transport Policy, 1996</p> <p>Lijongene lijongene nemisebenzi nezibonelelo zothutho ezinokhuseleko, ezithembekileyo, ezinempumelelo nezimanyanise ngokupheleleyo. Ezi zibonelelo ke kufuneka zizifezekise iimfuno zabasebenzisi abathuthelwayo nabangabakhweli ngendlela ezixhasayo izicwangciso eziliqili zikarhulumente zoqoqosho nentlalo ngelixa zinozinzio ngakwicala lendalo nakuqoqosho.</p>
	<p>iPhepha loCaciso loMgaqo-nkqubo eliyiWhite Paper on Provincial Transport Policy, 1997</p> <p>Wakhela phezu kwesiseko esibekwe liPhepha loCaciso loMgaqo-nkqubo eliyiWhite Paper on National Transport Policy, ngokuthi ubonelele ngeenkukacha malunga namanyathelo athile ajoliswe ekukhawulelaneni neemfuno namathuba eNtshona Koloni; kwaye uyawagqala namagunya angoku nawexesha elizayo anikwe amaphondo namanye amanqanaba oburhulumente phantsi koMgaqo-siseko.</p>
	<p>iZikhokelo zofikeleleko lweendlela (Road Access Guidelines)</p> <p>Zibonelela ngezikhokelo zokuncedisa iinjini nabaqulunqi beepiani, kwakunye nabaphuhlisi bemihlaba, ekuqulunqweni kwemigangatho yofikeleleko lweendlela eyamkelekileyo.</p>
	<p>iSikhokelo esiliQili soMzantsi Afrika seZibonelelo zeeNdelela esiyiRoad Infrastructure Strategic Framework for South Africa (RISFSA)</p> <p>Sibonelela ngezikhokelo zokuchazwa ngokutsha kweendlela zoMzantsi Afrika nangokuncedisa iziphathamandla ekwahluleni ezi ndlela zikhoyo ngokweentlobo zazo.</p>
	<p>iSicwangciso esiliQili soKhuseleko eZindleleni sPhondo leeNtshona Koloni esiyiRoad Safety Strategy for the Western Cape Province, 2005</p> <p>Sikhuthaza imeko yasezindleleni enokhuseleko oluthe kratya ngokukhuthaza ukhuseleko ezindleleni kulo lonke iphondo eli, sijolise ngakumbi kwiindlela zesizwe nezephondo; kananjalo sikwanoxanduva loqeqesho lokuqala lwawo onke amagosa ezeendlela eli phondo asafikayo, khona ukuze kuqinisekise ngemfano nangoqeqesho lomsebenzi.</p>

Umsebenzi	<p>iMigaqo-nkqubo</p> <p>iNkcazo yoMgaqo-nkqubo weNtshona Koloni woThutho omalunga nabakhweli abaneemfuno ezizodwa oyiWestern Cape Policy Statement on Transport for Special Needs Passengers (SNPs), 2009</p> <p>Ubeka uxanduva lwe-DTPW kwiinkalo ezithile:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukukhuthaza ukukhuliswa kofikeleleko lothutho lwemigaqo kaloliwe nokuqeqeshwa kwabaqhubi nabasebenzi babo kwiindlela zokubathathela ingqalelo ngobulali abantu abaneemfuno ezizodwa; • Ukuxhasa ubonelelo ngeenkono zeenkukacha zothutho ezifikelekayo ngokufanisiweyo; • Ngobambiswano ne-NDOT, ukuqulunqa nokushicilela izikhokelo ngeemfuno zofikeleleko lwezithuthi zikawonke-wonke; • Ukuqinisekisa ukuba zonke izibonelelo zothutho ezitsha ziyabalungiselela abantu abaneemfuno ezizodwa: kwakunye • Nolokuqinisekisa ukuba zonke iikhontrakthi zeenkono zothutho lukawonke-wonke kweli phondo zihlala zizamela ukubandakanya iinkono zothutho ezinofikeleleko, zide zonke iinkono zeekhontrakthi zibe nalo olu fikeleleko okanye zide zibekhona iinkono ezizezinye ezikwaziyo ukukhawulelana neemfuno.
uLawulo lweMisebenzi kaRhulumente neePropati	<p>uMgaqo-nkqubo oyiWestern Cape Provincial Acquisition Policy</p> <p>Ubonelela abasingathi ngezikhokelo, ezibandakanya nezi nkalo: ukuthengwa kweeasethi ezingahambisekiyo; ukhuthaza ucacise imiqathango neenkqubo ezimfano inye.</p> <p>iPhepha leNkcazo yoMgaqo-nkqubo eliyiWestern Cape Provincial Government White Paper on the Management of Provincial Property, 2004</p> <p>Libonelela ngesikhokelo sokukhokela kwizinto ezenziwayo eziphathelele kwiasethi ezingahambisekiyo zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni nakweminye imihlaba ayisebenzisayo; kwaye libandakanya nonxibelelaniso nezinye izinto ezenziwayo zolawulo lwemihlaba yamanye amaqela anenxaxheba angakarhulumente nangawoluntu kweli phondo.</p> <p>iSikhokelo esiyiWestern Cape Infrastructure Framework, 2013</p> <p>Singqamanisa ucwangciso, ukunikwa kweenkonzo nolawulo lwezibonelelo zolwakhiwo ekubonelelwe ngazo ngamanqanaba achaphazelekayo onke (urhulumente wesizwe, urhulumente wephondo, uburhulumente boomasipala nezithili, izigqeba ezingamaziko karhulumente azilawulayo, necandelo labucala) neajenda ecwangcise ngobuqili nombono wephondo eli.</p> <p>uMgaqo-nkqubo oyiWestern Cape Provincial Property Disposal Policy</p> <p>Ubonelela ngesikhokelo sophuhliso, uqhube ukwenziwa kwenguqu, ubethelele ukuzithemba, ngakumbi kwiingingqi ezingekaphuhliseki ngokupheleleyo, ngeenjongo zokulungisa ukungalingani kwamandulo nokukhuthaza imisebenzi yoqoqosho.</p>
Imisebenzi kaRhulumente eNatyisiweyo	<p>iZikhokelo zokuqhutywa kwe-EPWP</p> <p>Injongo ye-EPWP kukudala amathuba omsebenzi ethutyana elifutshane ukuya kweliphakathi alungiselelwe abantu abahluphekileyo nabangasebenziyo njengenxenywe yephulo likarhulumente lokulwa nentlupheko. La mathuba emisebenzi ahamba noqeqesho olujoliswe ekuphuculeni uqesho lwabaxhamli abanezakhono ezisezantsi kwimarike yemisebenzi yabaqeqeshiweyo. Lo Msebenzi ujolise kumathuba akwinkalo yezibonelelo ezilulwakhiwo, eyokusingqongileyo, eyenkubeko neyamacandelo angengokarhulumente.</p> <p>iZikhokelo zokuqhutywa kweNkonzo yoLutsha lweLizwe (Guidelines on the Implementation of the National Youth Service)</p> <p>Zibonelela ngokuba ukusetyenziswa kwamaphulo olutsha luxanduva lwawo onke amaziko karhulumente. Uxanduva lokuqulunqa izicwangciso, olukunxibelelanisa nolokusungula izicwangciso eziliqili zoyilo zophuhliso lolutsha, ngoko ke lusemagxeni ngokulinganayo kwiKhomishoni yoLutsha yeSizwe nakumasebe karhulumente ahlukeneyo karhulumente wesizwe nowamaphondo.</p>

Umsebenzi	iMgaqo-nkqubo
Inxazonke	<p>iSicwangciso esiliQili sePhondo (Provincial Strategic Plan), 2015/16-2019/20</p> <p>Sibonelela ngeqela leeNjongo Ezicwangciswe ngobuQili ezinabileyo zikaRhulumente weNtshona Koloni zesi sithuba sovotelo, ezichaka iziphumo ezinqwenelwayo kwesi sithuba siphakathi (seminyaka emihlanu). Ezi njongo zizoba umfanekiso weemfuno nowezinto eziphambili ngokubaluleka kurhulumente wephondo, kwaye ngaxesha nye sikhuthaza ukuqhutywa komsebenzi okumanyanisekileyo nokuphucukileyo kulo lonke icandelo loburhulumente eNtshona Koloni.</p>
	<p>iSikhokelo neNcwadana yeSebe soBeko-liso noVandlakanyo (Departmental Monitoring and Evaluation Framework and Manual)</p> <p>Sichaza iinkqubo zokubekwa kweliso nokwenziwa kovandlakanyo nezixhobo ezikhoyo zolawulo olujolise kwiziphumo kwinkonzo karhulumente.</p>
	<p>uMgaqo-nkqubo woLawulo lwaMrekhodi weSebe (Departmental Records Management Policy)</p> <p>Ubonelela ngesiseko senkqubo yeziko yokuthwala uxanduva lolawulo lweenkcukacha namarekhodi, isiseko eso esiyimfuneko ebaluleke kakhulu ekunikweni kweenkonzo ngempumelelo.</p>
	<p>uMgaqo-nkqubo oyiWestern Cape E-Mobility Policy</p> <p>Umgaqo-nkqubo ongunxazonke wokusetyenziswa kwamakhadi eenkcukacha zeseli asetyenziselwa imicimbi esesikweni. Ulawula unqamanise imfanonye yeenkqubo zokuthengwa, ukunikezelwa nokusetyenziswa kwamakhadi eenkcukacha kurhulumente weNtshona Koloni nakumasebe akhe nangolawulo olucikizekileyo nolungenazindleko zixhomileyo lwale nkonzo ikubaluleka kungaka.</p>
	<p>iNkqubo kaNxazonke woLawulo kaRhulumente weNtshona Koloni (Western Cape Government Transversal Management System)</p> <p>Ijolise ekufezekiseni iziphumo ezingqinisekayo ngoququzelelo lwamabutho amacandelo ajongene nemicimbi ngeenxa zonke, ngelixa wona amasebe ahlukeneyo eziarhente zokusetyenziswa kwayo le nkqubo; kananjalo ilawula ukusetyenziswa kwesicwangciso esiliqili sephondo kwiinkalo zonke zikaRhulumente weNtshona Koloni. <i>Executive Project Dashboard</i> isisixhobo solawulo lweenkcukacha sale nkqubo.</p>
	<p>iPhepha loCaciso loMgaqo-nkqubo ngoLawulo lwaBasebenzi (White Paper on Human Resource Management, 1997)</p> <p>Lijolise kwimfuneko yenxaxheba yophuhliso nokwenza inguqu kwizakhono zabasebenzi khona ukuze zifezekiswe iinjongo zokunikwa kweenkonzo okucikizekileyo nezokwenziwa kwenguqu kwinkonzo karhulumente.</p>

8. Ubume beZiko ukususela ngowe-31 KweyoKwindla 2017

Umzobo obonisa ubume beziko leDTPW ukula maphepha mane alandelayo ale ngxelo.

9. Amaziko aphantsi koMphathiswa wePhondo

Noxa iSebe lingenaluxanduva lwawo nawaphi na amaziko karhulumente, lineziko lorhwebo eliyiGMT eliphantsi kolawulo lwalo.

Itheyibhile 8: Amaziko aphantsi koMphathiswa wePhondo

Igama leziko	Ugunyaziso ngokomthetho	Ubudlelwane bezemali	Uhlobo lomsebenzi
Government Motor Transport	Isahluko 19 seMigaqo yeCandelo likaNondyebo.	I-GMT isebenza njengeziko lorhwebo ngokwemiqathango ebhalwe kwiSahluko 19 seMiqathango yeCandelo likaNondyebo. I-AO yeSebe ikwayi-AO yeziko lorhwebo. I-AO inika ingxelo yayo kuMphathiswa wePhondo.	Ubonelelo ngezithuthi zikarhulumente kumasebe aziiklayenti ngenjongo yokuhambisa iinkonzo.

Isigaba B: Inkcazelo ngokuqhuba komsebenzi

1 Ingxelo yoMhlolizincwadi-Jikele: linjongo ezibekwe kwangaphambili

UMhloli-zincwadi-Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) ulwenze lonke uphicotho lweencwadi olufunekayo ngokuhamba komsebenzi ukuze anike iziphumo zophicotho-zincwadi ngokwendlela umsebenzi owenziwe ngayo ewuthelekisa neenjongo ebezibekwe kwangaphambili kwingxelo eya kubaphathi. Injongo yokwenza olu phicotho ibikukujonga ukuba ingaba zikhona na izikhwasilima namachaphaza ekufuneka echaziwe kule nkcazelo imalunga nokuhamba komsebenzi kodwa ingekuba bekufunwa ukuqokelwa ubungqina bokuqinisekisa okanye bokuba kunikwe uluvo okanye isigqibo ngale miba kwingxelo yophicotho-zincwadi.

Yiya kwiphepha lama-238 ukuze ufumane iNgxelo yoMhloli-zincwadi-Jikelele, epapashwe phantsi kwesihloko esithi: isiGaba E: Inkcazelo ngezeMali.

2 Ushwankathelo lokwenziwa komsebenzi wesebe

2.1 limeko ezinikwe phantsi kwayo iinkonzo

Iinkonzo ezingundoqo zeSebe zezi:

Inkonzo engundoqo	Imisebenzi ebalulekileyo
Iinkonzo zoLawulo	<ul style="list-style-type: none"> • Ukunceda iSebe ngemiba ebalulekileyo enxulumene nomgaqo-nkqubo nangemisebenzi. • Ukunceda iSebe ngezolawulo lwezimali kunye nomsebenzi wokuthengwa kwempahla neenkonzo. • Ukuncedisa oomasipala ukuba babhale ii-ITP. • Ukuncedisa kwinkqubo yokuqulunqa izicwangciso-qhinga, imigaqo-nkqubo kunye nezicwangciso zesebe. • Ukulawula iPDP ukuze kuqeqeshwe abantu kwizakhono ezinqabileyo kwicandelo lezothutho, elezobugcisa bokwakha nelezobunjinieli. • Ukubonelela ngeebhasari abantu abafundela ezothutho, ezobugcisa bokwakha nezobunjinieli.
IiNkonzo zeziBonelelo zeMisebenzi kaRhulumente	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuthenga nokuthengisa iiasethi ezingahambiyo. • Ukuqinisekisa ukuba izakhiwo nemihlaba (iipropati) yephondo isetyenziswa ngokufanelekileyo. • Ukuqeshisa ngezakhiwo nemihlaba yokuhlala nokusebenzela. • Ukufunela amasebe kunye namaqumrhu karhulumente ephondo iindawo zokuhlala nokusebenzela. • Ukwakha nokulungisa izakhiwo zezempilo, ezemfundo kunye nezinye izakhiwo ngokubanzi. • Ukudala amathuba emisebenzi nophuhliso lwezoqoqosho ngokwakha izibonelelo.
IiNkonzo zeziBonelelo zezoThutho	<ul style="list-style-type: none"> • Ukwenza, ukulungisa nokulondoloza iindlela zephondo. • Ukubonelela ngamathuba okufunda usemsebenzini nokuqeqesha abo sele bethwele izidanga. • Ukubonelela ngamathuba okuqeqesha abo bafundela ukuba ngabakhandi bezithuthi ezikhulu ezisebenzisa idizili. • Ukubonelela ngeenkonzo zobugcisa. • Ukudala amathuba emisebenzi nophuhliso lwezoqoqosho ngokwakha izibonelelo.
IiNkonzo zemiSebenzi yezoThutho	<ul style="list-style-type: none"> • Ukulawula nokubeka phantsi kweliso iinkonzo zezothutho ezizizibonelelo kunye nezithuthi ezilungiselelwe abakhweli abathile. • Ukuququzela nokukhokela amaphulo okhuseleko kwizithuthi ezihamba emhlabeni kunye neenkqubo zokuqinisekisa ukuba imithetho iyathotyelwa. • Ukuhlola, ukuncedisa nokubonelela oomasipala ngezithuthi ezihamba emhlabeni. • Ukuxhasa amalinge okuphumeza iNMT.

Inkonzo engundoqo	Imisebenzi ebalulekileyo
IInkonzo zoLawulo lwezoThutho	<ul style="list-style-type: none"> • Ukubonelela ngeenkonzo zokubhalisa izithuthi nokukhupha amaphepha-mvume kusetyenziswa oomasipala. • Ukubonelela ngeenkonzo zokuhlola ukuba izithuthi zikulungele na ukuba sendleleni. • Ukukhuphela abaqhubi abafanelekileyo amaphepha-mvume okuqhuba kusetyenziswa oomasipala. • Ukukhupha amaphepha-mvume ezigadla ezilayisha imithwalo emikhulu ngokugqithisileyo naweminye imicimbi ebanjelwa ezindleleni. • Ukubonelela ngeenkonzo ezinxulumene nokulawula ukulayisha ngokugqithisileyo kwiindlela zesizwe nezephondo. • Ukukhupha iilayisenisi zezithuthi zikawonke-wonke. • Ukubhalisa imibutho yeeteki. • Ukuqalisa nokuqhuba iinkqubo namaphulo okhuseleko ezindleleni • Ukunceda ngeenkonzo zokulamla iimbambano kwicandelo lezithuthi zikawonke-wonke. • Ukugcina umthetho nocwangco kwiindlela zesizwe nezephondo ezisetyenziswa nguwonke-wonke.
IMisebenzi eQhutywa ekuHlaleni	<ul style="list-style-type: none"> • Ukulawula iEPWP. • Ukubeka phantsi kweliso inkqubo yokuphuhlisa oosomashishini abakwicandelo lezokwakha abasakhasayo. • Ukubonelela ngamathuba ophuhliso lwezakhono zecandelo lezokwakha, kuquka nokufunda uqeqeshwa kwabo banezakhono zobugcisa.

Iminingeni ephambili ngokunikwa kweenkonzo

Kulo nyaka, imingeni eliqela iyichaphazele kakubi inkqubo yeDTPW yokuhanjiswa kweenkonzo:

- Uqhankqalazo obeluhutywa licandelo lezithuthi zikawonke-wonke obelubangelwa yiGIPTN;
- Izikhalazo ezenziwa ngabantu zokuba umhlaba weWCG okwiindawo ezisembini weKapa kwakhiwe kuwo izindlu ezifikelekayo;
- Amanyathelo okungenelela ekuye kwanyanzeleka ukuba athathwe kulungiswe iingxaki yezakhiwo ezineentanda nomsebenzi okhwinisayo eVuyiseka High School, Garden Village Primary School, Silversands High School, Hawston Primary School, Scottsdale High School, Masakhane Primary School kunye naseDelft South Primary School; kunye
- Noqhankqalazo lwabahlali kwiindawo ekwakhiwa kuzo luyiphazamisile imisebenzi karhulumente yokwakha izibonelelo, futhi noqhankqalazo lwabahlali ezirenkini zeeteki kuziphazamisile izithuthi zikawonke-wonke. Ngoku kubekwe imiqathango ecacisa iindlela zokulawula iimeko ezifana nezi.

Le meko ikhoyo yoqoqosho oludodobalayo kulindeleke iyichaphazele kakubi indlela eziza kubhatalwa ngayo iinkonzo ezifana neemali yokuqesha indawo yokuhlala (irenti) kunye nemali yokurhafela izithuthi kwaye iza kuzinyusa iindleko zokuhambisa iinkonzo.

Imisebenzi ephambili ebeyimpumelelo kunikezelo lweenkonzo

Inkonzo: Ukulawula i-EPWP

Amathuba emisebenzi adaliweyo angama-88 953 xa ethelekiswa nalawo iphondo belizimesele ukuwadala angama-80 594 (kuquka amathuba emisebenzi adalwa kuwo onke amaqoqo karhulumente kunye nakumacandelo angekho phantsi korhulumente). Ukongeza koku, izithuba ezifanayo nemisebenzi esisigxina (iiFTE) ezingama-28 752 zidaliwe kulo nyaka.

Imibutho ye-EPWP yephondo eli-12 iye yancedwa ayaphela aze amaqumrhu oluntu angama-40 abonelelwa ngoncedo lobugcisa.

Inkonzo: Ukukhokela iinkqubo zokuphuhlisa oosomashishini bezokwakha abasakhasayo

Amanyathelo okungenelela amathathu eNkqubo yoPhuhliso leeNkampani zezoKwakha athathiwe kulo nyaka kwaye oosomashishini abasakhayo abangama-347 bafumene uqeqesho lwezakhono nophuhliso lwamashishini ukuze bakwazi ukuxhathisa bamelane nokhuphiswano. Oosomashishini abasakhasayo abangama-220 bebonke baye bafumana uqeqesho kwiindibano zolwazi ngobuchule bezokwakha ezili-12, oosomashishini abasakhasayo bezokwakha abali-108 bafumene uqeqesho lwesiGaba esisiSeko, baze oosomashishini abasakhasayo besiGaba 3 nese-5 beCIBD abali-19 bathatha inxaxheba kwiNkqubo yoQeqesho nokuFundisa ekwiDidi eliPhezulu. Oosomashishini abasakhasayo besiGaba 1 no-2 abangama-40 bebonke baya kwizifundo zoqeqesho zikamasipala zeveki ezintlanu ukuze baphucule izakhono zabo kwezoshishini.

Inkqubo yeEmplA yesiCwangciso seDTPW sokuPhumeza ukuThenga ngeNdlela eyeNzelelelayo (iPreferential Procurement Implementation Plan) yiyo esetyenziswayo xa kusenziwa imizobo engumfunziso xa kuza kwakhiwa izibonelelo ezithile ezixabisa imali engaphezulu kwezigididi ezihlanu zeerandi. Kunyaka-mali ka-2016/2017, kuqaliswe iiEmplA ezingama, zaze iiEmplA ezili-13 zaqkunjelwa.

Imisebenzi engama-27 yokwakhiwa kwezibonelelo zesebe iye yabekwa phantsi kweliso yaza yahlolwa kusetyenziswa iETIR ukuze kujongwe ukuba iinjongo zophuhliso nokuxhobisa ngezakhono zifezekisiwe na. IiEmplA ziye zaqinisekisa ukuba iDTPW ikwazile ukuzifezekisa ezo njongo zizezona zingumyinge usezantsi ekufanele zifezekiswe.

Inkonzo: Ukudala imisebenzi nokuxhotyiswa ngezoqoqosho ngokwakha izibonelelo

Ngokwakha nokulungisa izakhiwo namaziko eWCG, kudalwe amathuba emisebenzi eEPWP angama-5 976.

Izivumelwano ezithathu zemisebenzi yokunika iingcebiso zeminyaka emininzi ziye zatyikitywa ukuze kuphungulwe amaxesha athathwayo xa kuthengwa iinkonzo neempahla, ngolo hlobo kutsho kuhanjiswa iinkonzo ngendlela engenamagingxi-gingxi.

Inkonzo: Ukubonelela ngamathuba ophuhliso lwezakhono ezinxulumene nobungcali bezokwakha kuquka namathuba okufunda usebenza

Abantu abatsha abangasebenziyo abangama-539 bebonke banikwe amathuba oqeqesho kubuchule obunxulumene nobungcali bezokwakha kunye nophuhliso lwezakhono njengexalenye yeNkqubo iNYS. Kwaba bafundi bangama-539, abangama-420 bathathe inxaxheba kwinkqubo yokufunda izakhono ezahlukeneyo zobungcali bezokwakha.

Abafundi abafumana uqeqesho besebenza abangama-55 baye bafumana uqeqesho lobugcisa kumakhondo afana nokufakela umbane, ubuchule bokudibnisa iintsimbi ngelotho (ukuwelda), ukuchwela kunye nokutywina. Iinkqubo zophuhliso lwezakhono nobugcisa zeDTPW ziyinxalenye yeWestern Cape Apprenticeship Game-Changer. Amalinge ophuhliso lobugcisa aqhutywa kusetyenziswa nabaqeshi becandelo lezobuchule kwezokwakha kwakunye namaziko agunyazisiweyo oqeqesho kwimfundo yobugcisa namakhondo (iTVET). Abafundi abali-17 kwaba bangama-55 bafumene uqeqesho olusekelwe kwizakhono olwahlulwe ngokwamacandelo kunye noqeqesho besemsebenzini kwezokudibanisa iintsimbi ngelotho (ukuwelda) njengexalenye yesivumelwano sokusebenzisana phakathi kweDTPW nePSETA.

Abafundi baseNtshona Koloni bebanga le-12 abangama-64 baye bathathwa yiDTPW njengexalenye yeprojekthi yeNkulumbuso yoPhuhliso loLutsha (iPAY). Abo bathathe inxaxheba kule projekthi bafumene ithuba lokubamba umsebenzi namava okusebenza isithuba esizinyanga ezili-12 ukongeza kolu qeqesho bebelufumene kwiindlela zokusebenzisana nabantu abafuna uncedo, ulawulo lweeprojekthi, izakhono zekhompyutha, ukulungela umsebenzi kunye nezakhono zokufuna umsebenzi.

Kuye kwaqhutywa eminye imisebenzi eliqela kulo nyaka:

- Abafundi becandelo lezobuchule bokwakha abali-18 baye bafumana inkxaso kwiDTPW ukuze bavavanywe kubugcisa bokuchwela nokutywina.
- Iingcali zokutywina ezili-11 kunye nabachweli baye baziphumelela izifundo zabo kwiRed Seal Artisan kwilinge nje lokuqala. Abasibhozo kwaba bafundi bali-11 baye bafumana imisebenzi esigxina emva kokuba benikwe izatifikethi zabo.

Inkonzo: Ukubonelela ngamathuba okuqeqesha usemsebenzini kumakhondo anxulumene nokukhanda izithuthi

Ukuze umfundi abe ligcisa elinamaphepha aziziqinisekiso kufuneka achithe isithuba esiyiminyaka emine efunda efumana noqeqesho esemsebenzini, abhale iimviwo ezimiselweyo aze ahlolwe izakhono zakhe zokwenza umsebenzi ngokwenyani yiManufacturing, Engineering and Related Services Sector Education and Training Authority (iMERSETA). Abafundi abaxhaswa yiDTPW baya kwiindibano zoqeqesho eBellville Mechanical Workshop baze benze izifundo zeNational Technical Certificate (NTC) kwikholeji yobugcisa. Amagcisa kwezokukhanda ali-15 alugqibile uqeqesho obeluhutywa yiApprenticeship Programme kulo nyaka. Amagcisa amane aphume kwiApprenticeship Programme aye afumana umsebenzi osisigxina kwiDTPW emva kokuba ebhalisile.

Uqeqesho obeluhutywa ngaphakathi kwiDTPW lamagcisa angabakhandi bezithuthi ezisebenzisa idizili luqale ngo-2010. Ekupheleni konyaka-mali ka-2016/17, abafundi abali-

19 baye baligqiba uvavanyo olukumgangatho wezobuchule (uhlolo lwe-MERSETA oluqhutywa kuseenziwa umsebenzi wokwenyani lwelo candelo likhethiwe kwezokukhanda izithuthi zedizili). Kula magcisa okukhanda izithuthi zedizili ali-19, ali-15 kuwo aye afumana imisebenzi kwiinkampani zabucala. Kungoku nje kunabafundi abali-16 abathatha inxaxheba kule nkqubo, abali-14 kubo bangabafundi bezobugcisa bokukhanda izithuthi zedizili, aze omnye abe ligcisa lezokudibanisa iintsimbi owokugqibela yena abe lichule lokudibanisa nokuqingqa iintsimbi zookweyoKwindla ni.

Inkonzo: Ukulawula iProfessional Development Programme ukuze kulungiswe ingxaki yokunqongophala kwezakhono kwicandelo lezothutho, elezobunjineli nelobuchule kwezokwakha

Injongo ephambili yePDP kukulungisa ingxaki yokunqongophala kwabantu abanezakhono kwicandelo lezothutho, elezobunjineli nelobuchule kwezokwakha ngokunika abasebenzi amathuba okuba babhalise futhi bafunde kumaziko afanelekileyo okuqeqesha. IPDP yinkqubo enika abantu abazingcali ezifundileyo abanamava ababhalisileyo ukuba bafundise abantu abatsha abasaphuma ezidyunivesiti ngezinto abazaziyo, ubuchule kunye nezakhono. Iincwadi nezikhokelo ezizincwadi zokuqeqesha nokuphuhlisa zihlaziyiwe zaze zafakelwa iinkcukacha nolwazi olutsha ukuze kuqinisekise ukuba azishiyeki kwizinto ezintsha ezenziwa ngamaqumrhu eengcali ezifundileyo ezilawula icandelo lezothutho, elezobuchule bokwakha nelezobunjineli. Ukuhlala ihlolwa ivavanywa kunceda ukuqinisekisa ukuba la njongo iphambili iyazalisekiswa.

Ngonyaka-mali ka-2016/17, abafundi abasibhozo baye bakwazi ukubhalisa ngempumelelo kumaqumrhu eengcali ezifundileyo afanelekileyo. Iinkcukacha zabo nazi ngezantsi.

Izifundo	Ikhondo	Itotali	Uhlanga				Isini	
			A	C	W	I	M	F
IArchitectural	Ingcali kwezokwakha	1	-	1	-	-	1	-
Ezombane	Injineli	1	-	1	-	-	1	-
Eze-Civil	Injineli	6	1	2	3	-	6	-
Total		8	1	4	3	-	8	-

A=Ntsundu; C= Webala I=Indiya; W=Mhlophe; F=mfazi; M=ndoda

Inkonzo: Ukulawula iGraduate Professional Engineering Programme ukuze kuququzelwe ukuqeqeshwa ngendlela efanelekileyo futhi kugcinwe abasebenzi abanezidanga kwicandelo lezothutho nelezobunjineli

Ngelinge lokuxhasa ukunikwa kwezibonelelo, iGraduate Professional Engineering Programme (GPEP), ixhaswa ngabasebisi nabahloli iqhuba izifundo zoqeqesho olufanelekileyo ngokugcinwa kwabasebenzi abanezidanga, eqhutywa unyaka wonke. Abasebenzi abatsha abalishumi abaphuma ezidyunivesiti (abahlanu abazinjineli baze abanye abahlanu babe ngamagcisa) baye bathathwa kwiGPEP ekuqaleni

kukaFebruwari ka-2017. Ngo-2016/17, abafundi abanezidanga zobunjineli abasibhozo (bonke zinjineli) baye banazo ezona zinto zifunwayo zibubuncinane ukuze ubhalise kwi-ECSA kwaye abathandathu kubo sele bebhalisile kwiECSA njengabantu abanezakhono ezifundelwayo (ababini basalindele ukubhaliswa). Abafundi abasixhenxe kwaba baye bafumana imisebenzi esigxina kwiDTPW emva kokuba befake izicelo zezithuba zemisebenzi ezazipapashiwe. Ngoku ngabafundi abanezidanga abangama-28 ababhalise kwiGPEP.

Inkonzo: Ukunceda ngeebhasari abafundi abafanelekilyo ngokusebenzisa iMasakh'iSizwe Bursary Programme

IMasakh'iSizwe Bursary Programme ijolise kubafundi abafundela iDiploma yasemva kwesidanga sokuqala, isidanga okanye isidanga sesibini kwizifundo zezothutho, zobuchule bezokwakha nezobunjineli ize ibaqhube bade baye kugqiba izifundo zabo. Le bhasari abafundi bayihlawula ngokubila kwebunzi labo besebenzela urhulumente. Ngamanye amazwi, abantu abafumene le bhasari kufuneka basebenzele urhulumente isithuba sonyaka, ngonyaka ngamnye ebebefumana ngawo ibhasari. Olu ncedo lwebhasari lulungisa ingxaki yokunqongophala kwezakhono ezinqabileyo nezibalulekileyo futhi oku kuphinda kuncede nakwimisebenzi yeDTPW. Abafundi abali-172 bebonke abaphuma ngaphandle kurhulumente baye bafumana uncedo ngale bhasari ngo-2016/17. Oku kuza kubanika amathuba amahle okuba batshintshe ubomi babo.

Ngelinge lokusabela kwingxaki yokudodobala koqoqosho kunye nomonakalo owenziwe liphulo elilwela ukuba imfundo ibe simahla, i-#FeesMustFall, iinkqubo zenkonzo zoncediso zaye zancediswa ngochatha wemali ukuqinisekisa ukuba iMasakh'iSizwe Bursary Programme iyawenza umsebenzi wayo. Inkqubo yeenkonzo zoncediso iquka ukuncedisa ezifundweni, ukuhlenga-hlengisa iimeko zentlalo kunye nezakhono ezinika umntu amathuba amahle okuqesheka ukuze umfundi ofumene ibhasari abesethubeni elihle kakhulu lokufumana amathuba enezakhono ezilolekileyo. Injongo yayo kukubenza babe bukhali ezincwadini, bakwazi ukukhuphisana nabanye futhi baqesheke lula. Iphulo lokuya kufundisa abanye ekuhlaleni laye laqaliswa ngeenjongo zokwenza ukuba abafundi abafumene le bhasari bazi ukuba izakhono abanazo ziluncedo ebantwini ngokuthi bakhuthazwe ukuba babe ngamavolontiya afundisa abafundi beBanga 11 nele-12 kwizifundo zezibalo ne-physical science besebenza nemibutho engekho phantsi kukarhulumente (iiNGO).

Abafundi abatsha abali-19 abangaphumi kurhulumente baye bafumana iibhasari zokufunda ngo-2016, into ibenze ukuba babe li-172 xa bebonke. Iinkcukacha ngaba bafundi nazi ngezantsi.

Izifundo	Inani labafundi	Uhlanga				Isini	
		A	C	I	W	F	M
Architecture	4	-	1	-	3	-	4
Civil Engineering	103	34	49	3	17	27	76
Electrical Engineering	14	5	6	-	3	4	10
Mechanical Engineering	20	4	10	1	5	5	15
Geomatics	4	1	3	-	-	2	2

Izifundo	Inani labafundi	Uhlanga				Isini	
		A	C	I	W	F	M
Property Studies	2	-	1	-	1	-	2
Quantity Surveying	19	8	9	1	1	7	12
Town and Regional Planning	3	1	2	-	-	1	2
Transport Studies	3	3	-	-	-	2	1
Total	172	56	81	5	30	48	124

A=Ntsundu; C=webala; I=Indiya; W=mhlophe; F=mfazi; M=ndoda

Inkonzo: Ukubonelela, ukwakha nokulondoloza iindawo zokuhlala nezokusebenzela zamasebe ephondo

Amaziko ezemfundo

Umba wokunikwa kwezibonelelo zezixhobo zemfundo kuthethiwe ngawo kwiVoti 5: Ezemfundo, ngokunjalo nakwiVoti 10: EzoThutho nemiSebenzi kaRhulumente ziza kwenza umsebenzi wokuba liqumrhu elinikezela ngale nkonzo egameni leWCED.

Iiprosjekthi zezikolo ezingama-24 zizonke, iiprosjekthi ezili-18 zamagumbi okufundela eBanga R ezinamagumbi okufundela angama-54 kunye namaholo esikolo amatsha amathandathu zigqityiwe kulo nyaka uphethweyo. Izicwangciso noyilo lwezinye izikolo ezitsha kunye nezo zithatha indawo yezinye zili-16 zigqityiwe.

Iiprosjekthi ezicwangcisiwe zolondolozo nokulungiswa ezingama-61 ziye zagqitywa kuzo ekuye kwakhutshwa iileta ezingama-43 ezinikezela ngezivumelwano zomsebenzi ziye zakhutshwa ngo-2016/17. Zazili-18 kulo nyaka udlulileyo.

Emva kokuba kuphuculwe indlela zokuqhuba intengo nasekunikezeleni ngemisebenzi engxamisekileyo yokulondoloza nokulungisa, izicelo ezingama-384 ziye zasatyelwa, ezingama-382 kuzo zingqiniwe nayiWCED. Iindawo ebezilungiswa ezingama-330 ziye zanikezelwa kubaninizo, ezingama-382 zona zagqitywa, zona iiprosjekthi ezingama-49 zisekwinqanaba lokucwangciswa.

Iiprosjekthi zokulungisa zethutyana ezisixhenxe ziye zenziwa apho ezine zona zithe zagqitywa.

Amaziko ezempilo

Ukunikwa kwezibonelelo zezixhobo zezempilo kukhankanyiwe phantsi kweVoti 6: Ezempilo kwaze kwacaciswa nakwiVoti 10: EzoThutho nemiSebenzi kaRhulumente ziza kwenza umsebenzi wokuba liqumrhu elinikezela ngale nkonzo egameni leSebe lephondo lezeMpilo.

Amaziko ezempilo ali-13 aye agqitywa kusetyenziswa inkqubo yenkcitho kwiintengo ezinkulu, zaze nezinye iiprosjekthi ezingama-66 ebezihlelelwe ukulungiswa zagqitywa. Konke oku kube negalelo ekuphuculeni indlela esebenza ngayo inkqubo yokunika iinkonzo zezempilo eNtshona Koloni.

Iprojekthi ezinkulu ezigqityiweyo ubuninzi bazo ziquka ukwakhiwa kweeklinikhi zoluntu ezisebenza emini, ukuphuculwa nokwandisa kwamaziko akhoyo, izibhedlele ezitsha zabantu abaphazamiseke engqondweni, kunye needawo zokuhlala abasebenzi.

I-DTPW iqhubekile nokucebisa kunye nocwangcisa iiprojekthi ezinkulu ezininzi. Eyona projekthi inkulu neyaziwayo yi-Observatory Forensic Pathology Laboratory, ekuhlelwe ukuba iza kuqala ngonyaka-mali ka-2017/18.

Ngethuba kuphela unyaka-mali ka-2016/17, iDTPW ibineeprojekthi ezinkulu ezingama-70 kunye neeprojekthi zokulungisa izibonelelo zempilo ezili-192 ezikumanqanaba ahlukkeneyo okwicwangcisa, okwakha nokugqibezela.

Izakhiwo ngokubanzi

Ukwakhiwa kweeOfisi ezintsha zeNgingqi eBellville kumhlaba weKarl Bremer kuyagqityezelwa. Esi sakhiwo siwongwe nge-5-Star Green Star SA yiGBCSA ngenxa yobuhle kwindlela esizotywe saza sakhiwa ngayo.

Ukuphuculwa kweziko lokuprintwa nokufotokopa leWCED kuyaqhuba eAlexandra Precinct kwaye kugqityiwe ukwakhiwa ke ngoku kuza kufuduswa iEducation Library and Information Service (EDULIS) eMiddestad Mall isiwe kwiziko iCape Teaching and Leadership Institute eliseKuilis River.

Kufakwa amacangca esola ephahleni lwesakhiwo esise-9 Dorp Street, kunye nesise-27 Wale Street, eAlfred Street Library naseVangate Shared Service Centre. Lo msebenzi uza kugqitywa kwikota yokuqala ka-2017/2018. Kuyaqhuba ukufakelwa kweebhokisi zombane ezingatyi mbane kakhulu kwizakhiwo ezithile ukuze kwenziwe ngcono indlela umbane osetyenziswa ngayo.

Iprojekthi zokulondoloza nokulungisa ezili-122 zigqityiwe. Sekuqalisiwe ngezicwangciso zezinye iiprojekthi ezingama-551 zokulungisa eziza kwenziwa kule minyaka izayo.

Sele kumbovu zigqitywe izicwangciso zokubhala izivumelwano zokulungisa izibonelelo kwiingingqi ezintandathu ukuze kulungiswe ingxaki yemisebenzi yokulungisa engxamisekileyo kunye nokophuka kwezixhobo okwenzeka imihla nezolo. Esi sivumelwano siza kuquka amacandelo amaninzi kunye neengingqi ezininzi siye satyikitywa ngomhla wama-31 KweyoKwindla 2017.

Sele zityikityiwe Izivumelwano zokucoca izakhiwo ezingama-37 ezisebenzela iWCG, kuquka izakhiwo zephondo kunye neziziqeshiweyo.

Inkonzo: ukunikwa kwezibonelelo zendlela

Ziyaqhuba izicwangciso zeeprojekthi ezimbini kwezi zintlanu bezivunye ngenxa yokuba kulindeleke ukuba zibe negalelo elihle kuhlumo loqoqosho futhi zidale nemisebenzi. Ezo projekthi sisiPhambuka saseWingfield esikuN1, kunye nesicwangciso sokulungiswa kweendlela eziza kunceda iSaldanha IDZ, yona egqitywe phakathi kulo nyaka. Ukongeza apho, isicwangciso esingumbono sokudibanisa isiPhambuka saseBorchers Quarry kuN2 neSikhululo seeNqwelomoya saMazwe ngamazwe saseKapa kunye noMmandla weMizi-mveliso wasePhillippi sigqitywe ngo-2015. Lo msebenzi wokwenza indlela uza kuthatha iminyana emininzi, uza kuquka ukuvulwa kweleyini yesithathu ku-N2 phakathi kweBorchers Quarry no-R300, kona ukuvulwa kweleyini yesithathu ku-N1 phakathi kweDurban Road neOld Oak kuqale ngo-2015, kwaye kusaqhuba. Inqanaba

lokucwangcisa lokuphucula u-N7 phakathi kweePotsdam neMelkbosstrand afane nohola wendlela sele liza kuqunjelwa.

Le misebenzi ilandelayo yokwakha nokulungisa iindlela ukuze kuphuculwe futhi kulondolozwe iindlela igqityiwe kulo nyaka-mali:

- C846.1: Ukuphuculwa kwendlela ephakathi kwesiKhululo seeNqwelomoya sasePlettenberg Bay no-N2;
- C838.4: Ukulungiswa kweHemel-en-Aarde Road (R320) ephakathi kweHermanus neCaledon;
- C1034: Ukuhlaziywa kwetha ku-R43 phakathi kweBot River neHermanus;
- C1030: Ukuqatywa ngetha kwakhona kuka-R316 phakathi kweCaledon neBredasdorp;
- C992: Ukuhlaziywa kwetha ku-R27 phakathi kweMilnerton neMelkbos;
- C1041: Ukuhlaziywa kwetha ku-R27 phakathi kweMelkbos nomda kaMasipala weSithili waseWest Coast;
- C1003: Ukulungiswa kweOld Paarl Road (R101) phakathi kweKraaifontein nesiphambuka saseStellenbosch-Malmesbury road (R304);
- C97: Ukuhlaziywa kwetha ku-R43 phakathi kweWolseley neBainskloof;
- C995: Ukuhlaziywa kwetha ku-R317 phakathi kweBredasdorp neStormsvlei (N2);
- C988: Ukuhlaziywa kwetha ku-R45 kufutsane neHopefield, ukulungiswa kuka-R45 kufutshane naseMalmesbury kunye nokulungiswa kwendlela ephakathi ko-R27 neLangebaan;
- C817: Ukulungiswa kuka-R307 phakathi kweMamre neDarling kunye nokuhlaziywa kwetha ku-R315 phakathi kweDarling neYzerfontein;
- C920: Ukulungiswa kuka-R311 phakathi kweHopefield neMoorreesburg; kunye
- C1031: Nokuhlaziywa kwetha ku-R62 phakathi kweMontagu neBarrydale.

Inkonzo: Ukulawula nokubeka phantsi kweliso izithuthi zikawonke-wonke ezisisibonelelo sikarhulumente nezo zilungiselelwe imisebenzi ethile

IWCG kunye neCoCT ziseke inkonzo yezithuthi zabantu abakhubazekileyo, bona bangakwaziyo ukusebenzisa ezinye izithuthi zikawonke-wonke, ebathatha kule ndawo bakuyo ibase kanye kule ndawo bafuna ukuya kuyo. Le nkonzo ibizwa ngokuba yiDialaRide (iDAR). Le ntsebenziswano iqhubile nakulo nyaka uphethweyo kwaye ithathwa njengeliye lamalinge okungenelela abe yimpumelelo ukukhawulelana neengxaki abantu abakhubazekileyo abadibana nazo kwizithuthi zikawonke-wonke.

Inkampani yokunikela ngale nkonzo yakhethwa yiCoCT ukuze ibonelele ngeDAR isithuba seminyaka emithathu ukusuka ngomhla woku-1 Disemba ukuya kumhla wama-31 Novemba 2018. IDAR kungokunje yenziwa zimoto ezingama-21 kwaye inceda abantu abangama-7 700 ngenyanga. Ngokweenkcukacha zamva nje ezivela kwiCoCT, kukho uluhlu ngoku olunabantu abamalunga nama-6 000 abasebenzisa iDAR, kwaba bantu abali-1 103 bayisebenzisa rhoqo iDAR. Abantu abafake izingcingane abalinganiselwa kwamangama-2 061 bathathwa njengabantu abakhubazeke kakhulu ngokomzimba. Ngamaxesha apho iDAR ixakeke kakhulu, abo bangxamele ukuya emisebenzini kuye kuqalwe ngabo.

IDTPW iqhubekile nokuxhasa ngemali iibhasi kummandla weCoCT nakulo nyaka. Njengoko kucacisiwe kuMthetho wokoHlulwa kweMali (IDORA) (Division of Revenue Act) futhi kwisivumelwano esiphakathi kweNDoT neDTPW, IDTPW yiyo ejongene nomsebenzi wokulawula nokuphatha izithuthi zikawonke-wonke ezixhaswa ngemali ngurhulumente ezihamba ezindleleni kunye nesabelo sePTOG esifanelekileyo. Bamalunga nesigidi esiyi-1.3 abantu abaxhaswe ngemali yokukhwela ibhasi kulo nyaka-mali, into leyo ethe yanceda abakhweli ukuba bakwazi ukuya emisebenzini, ezikolweni, ukuya kufuna iinkonzo kunye namanye amathuba.

IDTPW inomsebenzi wokubhatala le mali isisibonelelo kule nkampani inika le nkonzo njengoko sisitsho isivumelwano sethutyana esiphakathi kwesebe nale nkampani. Ngo-2009, kwaye kwafakelwa isihlomelo kwesi sivumelwano esathi satshintsha indlela ekuhlawulwa ngayo, isuka kule yokuba kuhlawulwe ngomkhweli iye kwehlawula ngokwekhilomitha.

IDTPW iqhubekile nokubeka phantsi kweliso, isebenzisa iikhompyutha, indlela iibhasi ezisebenza ngayo ukuze iqinisekise ukuba ibhasi ziwenza ngokufanelekileyo umsebenzi futhi nemali ehlawulwa lisebe kule nkampani iqinisekisiwe.

ICoCT ifake isicelo sokuba igunya lokutyikitya izivumelwano zezothuthi lisiwe kumaqoqo karhulumente asezantsi kwaye esi sicelo sisaqwalasela nguMphathiswa kazwelonke wezoThutho.

IDTPW, kunye noMasipala waseGeorge kunye neGeorge Ling (inkampani yabucala eyenziwe yimibutho yangaphambili yeeteksi) iqhubekile nokulawula kunye nokulungisa amagingxi-gingxi kwisigaba 1, isiGaba 3 nesiGaba 3 seGo George ukuze yandise inani labantu abasebenzisa ezi bhasi kunye nokuqinisekisa ukuba abantu baseGeorge bayayixhamla le nkonzo. IsiGaba 3 siqalisiwe ePacaltsdorp nakwiindawo ezingqongileyo. Abantu abasebenzisa le ndlela bangumthamo ovakalayo futhi ilungisiwe ukuze ibhasi ihambe kakuhle incede uluntu futhi kwandiswe nenani labantu abayisebenzisayo. Ukuqaliswa kweeteksi ezibhalwe ngombhalo othile futhi nezikumgangatho owamkelekileyo kumntu wonke njengenxalenye yohlobo lwezithuthi zikawonke-wonke eziza kusetyenziswa zeIPTN eMzantsi Afrika, ngomnye umsebenzi omhle wokuqala eGeorge. Ngoku iibhasi ezingama-96 ezinabaqhubi abangama-203 bebonke zizo ezilayisha abantu kwiindlela zesiGaba 1, 2 no-3 futhi kuza kuphindwa kuqeqeshwe abanye abaqhubi xa kuza kuqaliswa isiGaba 4. Bangaphezulu kwama-250 abaqhubi abebekade beqhuba iiteksi abafumene uqeqesho lokuqhuba kwaye ngoku bangaqeshwa njengabaqhubi beebhasi zeGo George.

Zonke iindawo zokumisa edolophini ebezicwangcisiwe sele zakhiwe, kwaye nezinye zisendleleni sithetha nje ukuze isiGaba 4 singabi namagingxi-gingxi futhi kuze kwandiswe neendawo abantu abaza kwehla kuzo embindini wedolophu yaseGeorge. Ukwakhiwa kwendawo yokutshintsha engunxantathu eBlanco kunye neminye imisebenzi emininzi yesiGaba 4 yokuphucula indlela nobunye ubuxhaka-xhaka bendlela kugqityiwe futhi kwakhiwa neendawo ezikhuselekileyo zethutyana kulo nyaka uphethweyo. Iindawo zokusithela ezisisigxina sele zakhiwe kwiindawo zokumisa iibhasi ezinabantu abaninzi nakwiindawo zokutshintsha ibhasi kuzo zonke iindlela zaseGIPTN ukuze kukhuselwe uluntu ekubeni sesichengeni seemo zezulu ezimbi noonqevu. Lo msebenzi wokulungisa indlela uquka umsebenzi omkhulu wokulungiswa kwendlela obufuneka kakade ukuze iGo George isebenze kakuhle.

IZiko elikhulu lezoThutho laseGeorge, iphulo elikhulu eliza kunceda umbindi wedolophi yaseGeorge, nalo bekusele kufakwe izicelo ngo-2016/17 zokuba kunikwe imvume futhi namalungiselelo okulakha aqalise. Iza kuba yindawo efikeleleka lula kubakhweli be-Go George abaninzi apho baza kuthenga amatikiti bafumane nolwazi.

Ukongeza kumsebenzi wokwakhiwa kwamacandelo ezibonelelo ezibalulekileyo zesiGaba 4, sele kuqalisiwe ukwenza izicwangciso zokukhangela ezinye iindlela ezinokusetyenziswa ukuphumeza isiGaba 4. Ukuqaliswa kwesiGaba 4 kuza kuwunyusa ngokuphindwe kabini umthamo wabakhweli abasebenzisa iGo George kunye neebhasi zayo, futhi sakuba sigqityiwe isiGaba 4, siza kunceda abantu baseThemba lethu nabeminye imimandla eyingqongileyo.

Liyanda inani labantu abathenga itikithi elibavumela ukuba bamane besehlika ebhasini besiya kwiindawo ezininzi ezahlukeneyo ukuze baxhamle isaphulelo sokuthenga itikithi eliya kwiindawo ezininzi ezahlukeneyo. Ukwanda kwenani laba bantu kubangelwa nalinani elinyukileyo leendawo ezithengisa amatikiti aya kwiindawo ezininzi kunye nalawo aya kwindawo enye. Ezi ndawo zithengisa amatikithi nazo zifumana inzuzo ngokuthengisa amatikiti. Ixabiso letikithi elithengwe kwiivenkilana ezithengisa amatikiti lingcono kuneletikithi elithengwa ebhasini. Amashishini amaninzi amancinci nawo athengisa amatikiti ukuze nawo azenzele ingeniso. Oku kwenze landa kakhulu inani leendawo ezithengisa amatikiti nelabakhweli, kwaze kwaliphungula kakhulu inani labakhweli abathenga amatikiti ebhasini, ngolo hlobo kwaphunguka nexesha elithathwa ngabakhweli xa bekwela kunye nemali ephathwa ebhasini.

Inkonzo: Ukulawula nokukhokela amaphulo okhuseleko lwezithuthi kunye nawokuqinisekisa ukuba imithetho iyathotyelwa

IDTPW ibibambe amaphulo ali-19 okufundisa ngeengozi zokuqhuba udiniwe kulo nyaka uphethweyo njengenxalenye yephulo elijolise ekuphuculeni indlela abaqhubi abaziphatha ngayo kuze ngolo hlobo kuphungulwe iingozi ezindleleni. Ngelinge lokuxhasa amaphulo okhuseleko koololiwe, i-DTPW iqhubekile nokusebenzisana ne-CoCT kunye noMetrorail ukuze kuqaliswe ngeziphakamiso ezenziwe kwiziphumo zophando ebelwenziwe elimayelana nokwakhiwa kwezibonelelo ekufunekayo ukuze kuphele amagingxi-gingxi kwiSouth Peninsula Transport Corridor ingakumbi eGlencairn Beach.

Iziko lokugcina iimoto ezithinjweyo laseDrakenstein labhengezwa ngokusesikweni ngoKweyoKwindla 2017 kwaye kucetywe ukuqalisa umsebenzi wokwakha ngonyama-mali ka-2017/18. Ukwakhiwa kweli ziko kuza kunceda kakhulu kumaphulo okulwa ulwaphulo-mthetho ezindleleni kulaa mmandla.

Inkonzo: Ukukhutshwa kwelayisenisi zokuqhuba zinikwa abaqhubi abakwaziyo ukuqhuba

IDTPW iqhubekile nokusebenzisana ngamandla noomasipala abagunyazisiweyo ukuphucula umgangatho weenkono ezinikwa uluntu. Iindawo zokuvavanya isakhono sokuqhuba (iiDLTC) zikwazile ukuliphungula ixesha elithathwa ngabantu abaninzi belinde usuku lwabo lokufumana ilayisenisi yokufunda ukuqhuba lazinyanga nje ezimbini, lona elokulinda ukuze ufumane ilayisenisi yokuqhuba lazinyanga ezintathu. La maxesha okulinda athathwa ngokuba noko awamadanga kakhulu njengoko enika abantu ithuba lokulungiselela uvavanyo kakuhle kwaye lingaphungula namathuba okuba

umntu angaliphumeleli uvavanyo into leyo nayo eyandisa inani labantu abalindileyo ngolo hlobo liphinde lande nexesha elithathwayo kulindiwe.

IDTPW iqinisekisa ukuba izithuthi kunye nabaqhubi abenzi zingozi ezindleni futhi nokuba kukho imithetho yezindlela efanelekileyo ngokuthi kubanjwe amaphulo okuhlola ukuba izithuthi zisendleleni na kwaye nabaqhubi basemthethweni na ukuze kuliwe ingxaki yokuqhetseba kwiindawo zokuhlola izithuthi (iiVST) nakwiiDLTC.

Inkonzo: Ukukhutshwa kwamaphepha-mvume ezigadla ezilayisha imithwalo emikhulu ngokugqithisileyo naweminye imicimbi ebanjelwa ezindleleni

IDTPW iqwalasele yaza yakhupha amaphepha-mvume ezigadla ezilayisha imithwalo emikhulu ngokugqithisileyo angama-9 041 ngo-2016/17 xa kuthelekiswa nangama-7 835 kunyaka ongaphambili. Ukunyuka kweli nani kubangelwe kukwanda kwenani lezicelo ezifakiweyo, into leyo ebangelwa bubukho bemfuneko yolu hlobo lwezi zigadla. Inkqubo yokuhlola nokubhalisa izithuthi ezilayisha imithwalo emikhulu ngokugqithisileyo iyalungiswa kwaye mkhulu umsebenzi oselwe wenziwe ukuza kuthi ga ngoku.

Inkonzo: Ukubonelela ngeenkonzo ezinxulumene nokulawula ukulayisha ngokugqithisileyo kwiindlela zesizwe nezephondo

Ipesenti yabaqhubi abadibene nengalo yomthetho ngokulayisha ngokugqithisileyo, eyipesenti yazo zonke izithuthi ekulinganiswe ubunzima bomthwalo wazo, ihleli ingatshintshi iyi-2%. Umsebenzi wokulinganisa ubunzima bomthwalo wezithuthi zikawonke-wonke kwiindawo zokulinganisa ubunzima bomthwalo uqhubile kwaye kulinganiswe ubunzima bomthwalo wezithuthi zikawonke-wonke ezingama-10 420 zizonke, into ebenegalelo elihle ekuphunguleni inani leengozi ezimbi ezindleleni. Oku kukwadlale nendima ebonakalayo ekulondolozeni iindlela zephondo, into leyo ebangele ukuba kongiwe imali eninzi kwimisebenzi yokulungisa iindlela.

Inkonzo: Ukubhalisa imibutho yeeteki

UMgcini-ncwadi wezoThutho wePhondo uchophele iintlanganiso ezinkulu zonyaka (iiAGM) ezili-111 zemibutho yeeteki njengoko usitsho uMgaqo-siseko ongoWona usisiSeko wemibutho yeeteki kunye noMthetho-sihlomelo woMthetho waseNtshona Koloni weziThuthi zaseMhlabeni.

Izivumelwano zokuqondana phakathi kweDTPW kunye nemibutho yeeteki emele iiteksi, iimetered taxi kunye neebhasi ezincinci ziye zahlaziywa ngo-2016/17.

Inkonzo: Ukubonelela ngeenkonzo yokusombulula iimbambano kwicandelo lezithuthi zikawonke-wonke

IDTPW iqhubekile ukusebenzisana nePRE kunye noMgcini-ncwadi wezoThutho wePhondo, i-SAPS, iiarhente zokulwa ulwaphulo-mthetho ezindleleni ukuze kulawulwe indlela ezisebenza ngayo izithuthi zikawonke-wonke. Izithuthi ezisebenza ngokungekho mthethweni kunye nezithuthi ezilayisha abantu ezininzi ngokugqithisileyo zichazwe njengezinto ezibangela ungquzulwano obeluxhaphakile eNtshona Koloni kulo nyaka.

IsiCwangciso sokuSebenza sokuLamla uNgqzulwano (iCMAP) siye sagqitywa ukubhalwa saze sasiwa kuwo onke amaqela achaphazelekayo, aquka oomasipala, amagosa endlela kunye neSAPS, ukuba asihlabe amadlala. ICMAP ineenkqubo zangaphakathi ekufuneka zilandelwe xa kukho iimbambano phakathi kwemibutho yeeteksi, kwaye inika namanqanaba asemthethweni ekufuneka alandelwe ngamahlakani karhulumente xa kuthe kwaqhambuka udushe olubi kwicandelo lezithuthi zikawonke-wonke.

Izithuthi ezisebenzisa ubuxhakaxhaka beintanethi ezifana neUber ziyivusele iminyele imibutho yeemeter taxi kwihlabathi liphela, uMzantsi Afrika neNtshona Koloni nazo zichatshazelwe yile ngxaki. Imibutho yeemeter taxi kwakunye nabaqhubi beeUber baye babamba uqhankqalazo olujoliswe kwinkampani yakwaUber baze bacela iDTPW ukuba ingenelele. IDTPW yaye yamisela ikomiti equka amaqoqo karhulumente kunye neCoCT neSAPS ukuze kusatyelwe kwizikhalazo zale mibutho, eziquka abo bakweli shishini ngokungeko mthethweni (ukuqhuba ezi zithuthi ungenamaphepha-mvume okusebenza) kunye nefuthe elibi ingxaki yeemoto ezininzi ezisebenza kweli shishini enalo kwiimetered taxi nakubaqhubi beemoto zeUber. Le komiti iye yavumelana ngesicwangciso esidandalazisa izinto ekufuneka zenziwe, eziquka ukuphononongwa yiPER kwemithetho nemigaqo ukuze kulungiselelwe iiteksi eziziUber ukuba nazo zikwazi ukusebenza, isicwangciso sokunyanzelisa ukuba ithotyelwe imiqathango yesivumelwano esivunye ngamaqela onke, kunye nokuhlaziywa kwelTP yesiXeko ukuze kuvulelwe umtyhi futhi kulawulwe iiteksi zeUber.

Ungqzulwano phakathi kweVrygrond Taxi Association (VTA) (ephantsi koCODETA) kunye nombutho weeteksi waseRetreat, owaseWestlake nowaseSteenberg luye lwathatha unyawo kulo nyaka. Luyaxhalabisa uthuli nomsindo ogqubayo phakathi kweeteksi ezisebenza ngokungekho mthethweni nezo zisemthethweni, kwaye iSAPS lo mba ihleli iwubeke phantsi kweliso elibukhali ixhaswa yiCoCT kunye neeArhente zeDTPW eziLwa ukoPhulwa kweMithetho yeNdlela. Izenzo ezidelela umthetho ngokugqithisileyo ezifana nokubhalisa iiteksi ezingekho mthethweni nokuthintela iiteksi ezisemthethweni ukuba zilayishe eVrygrond kukhokelele ekubeni uMgcini-ncwadi wezoThutho wePhondo athathe amanyathelo oluleko ewathathela iVTA esebezisa icandelo 7(A)(20) loMthethosihlomelo woMthetho waseNtshona Koloni weziThuthi zaseMhlabeni. IVTA iye yabhenela kwiNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni ukuya kufuna ukuba isigqibo soMgcini-ncwadi sibekelwe bucala kuze kuyalelwe neCoCT ukuba iziqwalasele kwakhona izigqibo zayo ezimalunga nokuthlekisa inani leeteksi kunye nelabantu abasebenzisa iiteksi. Iziphumo zeli tyala zisalindiwe.

Kwisiqingatha sesibini salo nyaka-mali, ungqzulwano phakathi kwamalungu oMbutho weTeksi waseDelft oxhaswa yiCape Amalgamated Taxi Association (uCATATA) luya lwakhulelwa kubundlobongela lakhokelela kwizikrweqe, apho luye laphuma nodlolwazana kwakho abantu abathe babulawa. NgokweCMAP, iSAPS yiyo eyaye yangenelela kule meko yaseDelft, isebenzisana neDTPW kunye neCoCT ukuze kukhangela ezi teksi zingekho mthethweni, futhi kulanyulwe. UMgcini-ncwadi wezoThutho wePhondo waye wabhala isaziso esisemthethweni egunyaziswa licandelo 91 leNLTA, esinika uMEC wezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente igunya lokuba abhengeze indawo ethile njengendawo apho kunokuthathwa amanyathelo angaqhelekanga, aquka nokuvalwa kweerenki okanye iindlela ezilayisha iiteksi. Isigrogriso sokuvalwa kweerenki neendlela senza onke amaqela ukuba axhume ngoko

nangoko aze esithebeni seengxoxo. Kwaye kwafikelelwa kwisivumelwano ngoncedo lomlamli ozimeleyo ukusombulula ungquzulwano kupheliswe udushe. IDTPW neSAPS zisayibeke phantsi kweliso elibukhali imeko yaseDelft.

Emva koqhankqalazo lwabahlali kunye nokutshiswa kweebhasi zikarhulumente zeGo George ngoAgasti 2015, abantu abaninzi baseGeorge bathumela iimemorandamu kuMasipala waseGeorge nakwiDTPW. ISebe lithumele iimpendulo ezininzi kweli qela. Eli qela liye futhi laya nakwiSebe likaZwelonke lezoThutho elithe lona laqalisa inkqubo yokufakana imilomo nokubonisana ekupheleni kuka-2016 phakathi kukaMasipala noRhulumente waseNtshona Koloni kwelinye icala kunye neli qela labinini ziteksi eGeorge libizwa ngokuba 'ngabanganelisekanga' kwelinye icala. Kubalulekile ukuba kucaciswe ukuba eli qela laba babizwa ngokuba 'ngabanganelisekanga' abanaziteksi zisemthethweni. Amalinge eNDoT okulamla enzelwe ukusabela kule miba ivezwe yimibutho yeeteksi yaseThembalethu. Umlamli waye wacela onke amaqela ukuba abhale iincwadi ezisesikweni, iingxelo ezifungelweyo kunye namanye amaxwebhu aza kukhapha la angasentla phambi kokuba iingxoxo ziqalise eGeorge.

IDTPW yiyo eyayiphambili kumaxwebhu abhalwe ngurhulumente kwaye yayiyiyo nenika ubungqina egameni likarhulumente kule ntlanganiso yolamlo. Ekupheleni kuka-2016, umlamli wangenisa ingxelo kuMphathiswa kaZwelonke wezoThutho eyangqina ukuba zonke iinkqubo ezalandelayo ngethuba kuza kutyikitywa isivumelwano nemibutho yeeteksi kunye nokusekwa kweGIPTN, kuquka namaphulo okukhuthaza uluntu ukuba nalo luhlomle, zazisemthethweni, le ngxelo yaphinda yangqina nokuba le ndlela yasetyenziswayo ukuhlawula imbuyekezo nayo yayingadleli ndlala bani. UMphathiswa kaZwelonke wacela onke amaqela ukuba azame ukusebenzisana ukuze kwenziwe iGIPTN ibe yimpumelelo, kuquka nokuqaliswa kwezigaba ezilandelayo zeGo George.

Inkonzo: Ukuqalisa nokuqhuba iinkqubo namaphulo okhuseleko ezindleleni

Amaphulo okufundisa nokulumkisa ngokhuseleko ezindleleni aqhubile kugxininiswa kakhulu kabasebenzisi beendlela abasesichengeni. Abahambi ngeenyawo, abakhweli zibhayisekle kunye nabaqhubi zithuthuthu bekujoliswe kubo ikakhulu. Kubekho intsebenziswano emandla neearhente zezothutho ezifana neNkampani yoLawulo lweMithetho yeNdelela kunye neNgxowa-mali yeeNgozi zeNdelela (iRAF). Kuye akwayekwa nokugxininiswa kubantwana besikolo apho sibona nokwanda kwenani lezikolo ebezithatha inxaxheba kumaphulo okhuseleko ezindleleni. Iphulo lezikolo lokunceda abantwana besikolo ezindleleni elineziphumo ezincumisayo liqhubile namasebe ezendlela oomasipala kunye neWCED. Eli phulo lenze igalelo elikhulu kumba wokhuseleko lwabafundi, ootitshala kunye noluntu ngokubanzi xa benqumla iindlela kwiindawo ezikufutshane nezikolo.

Iinkqubo yezeMfundo eKhuthaza uThatho-nxaxheba (iPET) yonyaka kunye nokhuphiswano lweengxoxo-mpikiswano zokulolana iingqondo ngamaphulo esizwe abanjwa ngentsebenziswano neRTMC, asahleli ingawona maphulo aphambili kwiinkqubo zonyaka zokhuseleko ezindleleni. NgoOkthoba 2016, iBreërvier High School yaseWorcester yamela iphondo laseNtshona Koloni yaze yaphuma indawo yesithathu kwiPET kazwelonke eyayibanjelwe ePolokwane, eLimpopo. IBreërvier High School ingakwindlela uR43 eyindlelela ephakathi kweVilliersdorp neWorcester. Bekukho iingozi

zendlela ezininzi futhi kukho nabahambi ngeenyawo abaninzi abaswelekayo kuR43 bona ke abafundi beqela lePET laseBreërivier baye basebenzisa amacebo onxibelelwano oluphuhlisayo baze bazisa iziphakamiso ngaphambili zokwenza le ndlela ikhuseleke kubo bonke abayisebenzisayo. Iingcali zezokwakha zesebe lezeMisebenzi kaRhulumente leDTPW zaye zabamba indibano zokufundisa ngokwakha umfuziselo ukuze zifundise abafundi bakhe umfuziselo wezi ngecebiso banazo ngokhuseleko ezindleleni.

Inkonzo: UNxibelelwano ngoKhuseleko eziNdleleni


Ngo-2016/17, iphulo lokhuseleko ezindleleni iSafely Home Calendar liqhubekile landa, futhi laneziphumo ezincumisayo. Iphulo lokunxiba ibhanti lemoto i-*"First Kiss"*, ebelibonakala kakhulu kumaziko adlala iifilimu (iicinema) kulo lonke iphondo, lincediswa zizibhengezo ezisasazwa kumabonakude nakunomathotholo, kunye namanye amaqonga angekho sekhaya kunye nakwiintanethi, liqhubile kwiiveki ezilishumi zokuqala zonyaka. Iziphumo zophando ngokunxitywa kwamabhanti emotweni eliqhutywe phambi kokuqala kwephulo nasemva kwalo zibonise ukunyuka nge-27,5% kwenani labantu abanxiba iibhanti ezimotweni, elona nani linyuke kakhulu lelabo banxiba ibhanti bekwizitulo ezingasemva emotweni. Ngeli xesha eli phulo beliqhutywa ngalo kubonakele ukuhla kakhulu kwenani lokusweleka kwabantu abangabakhweli ezingozini zendlela, into leyo ebonakalisa ukutshintsha kakhulu koko bekukade kusenzeka ngaphambili. Inzuzo yeli phulo ibaliwe, kusetyenziswa iinkcukacha-manani zeCSIR zendleko zeengozi zendlela, yaye isiphumo ngu-4.4:1.

NgoDisemba noJanyuwari kuye kwasasazwa iphulo lokulwa ukusela ubutywala ngabahambi ngeenyawo elibizwa 'Ubuthakathi'. Eli phulo belisasazwa kumabonakude ongahlawulelwayo nakwiintanethi lixhaswa ngamaziko abonisa iifilimu. Ukuphela konyaka inani labantu abasweleka ezindleleni belihle nge-8% xa lithelekiswa nekota yokugqibela ka-2015/16.

Uphando lonyaka lesibini leSafely Home Calendar libonisa ukuncomeka kwindlela ekuthathwa ngayo ukubaluleka kokhuseleko ezindleleni njengomngeni ochaphazela intlalo noqoqosho (ukhuseleko ezindleleni, xa lungabalwa ulwaphulo-mthetho, lunyukile lakuluhlu lwezinto ezintlanu eziphambili ezixhalabisa abaqhubi zimoto nabo bangezazimoto). Noko kunjalo, kuninzi okwenziwayo kwimiba ebalulekileyo yokungakhathali kwabaqhubi kunye nokusebenzisana namagosa endlela. Okokugqibela, iSafely Home Calendar iye yadityaniswa kwilinge elithembisa kakhulu lesiCwangciso sesiThili soKhuseleko esiqaliswe kwisiThili saseOverberg ngoOkthoba 2016.

Inkonzo: Ukulwa ulwaphulo-mthetho ezindleleni

Abantu abasweleke kwiingozi zendlela eNtshona Koloni ngo-2016 bali-1 370, into leyo ethetha ukuba eli nani linyuke nge-2.4% xa lithelekiswa nelonyaka-mali ka-2015/16.



Isazobe 1: Inani labantu abasweleke kwiingozi zendlela eNtshona Koloni kwiminyaka-mali 2008/2009 – 2016/17: Igrafu ethelekisayo yayo yonke le minyaka-mali ukuza kuthi ga ngomhla KweyoKwindla wama-31 kweyoKwindla 2017wama-31 kweyoKwindla 2017

linkcukacha ezithelekisa ixesha leeholide zikaDisemba lika-2015/16 nelika-2016/17 zibonisa ukuba inani labantu abasweleke kwiingozi zendlela kulo lonke iphondo lihle nge-4.3% lisuka kubantu abangama-208 laya kwabali-199. Inani labantu abahamba ngeenyawo ezindleleni abasweleke ngexesha leeholide zikaDisemba ezindleleni zephondo lihle ngama-20,5% phakathi kwexesha leholide zikaDisemba zika-2015/16 nezika-2016/17. Iingozi ezininzi ezibulele abantu abahamba ngeenyawo ezindleleni zenzeke kwisiXeko saseKapa. INtshona Koloni lelilnye lamaphondo abone ukuhla kwamanani abantu abasweleka ezingozini zendlela ngethuba leeholide zikaDisemba zika-2016/17.

Ngelinge lokuzama ukulwa ingxaki yokusebenzisa izithuthi ezingekho mthethweni ezindleleni zethu, i-RTMC iye yanikezelela ngeeofisi ezimbini ezingomahamba nandlwana zokuhlola izithuthi, ebezisetyenziswa kakhulu ngethuba leeholide zikaDisemba. Izigadla ezikhulu, iibhasi kunye neeteki ezininzi ziye zakhutshwa endleleni ngokuba zingekho mgangathweni wokuba sezindleleni. Amaphulo awodwa okuhlola izithuthi aye aqhutywa eCeres, Worcester, Malmesbury, Joostenbergvlakte nasePaarl

apho izithuthi ezithutha abantwana besikolo ziye zahlolwa zaze iibhasi ezininzi ezithutha abantwana besikolo ziye zakhutshwa endleleni. Kwelinye lala maphulo, iibhasi ezili-15 zaye zahlolwa zaze ezili-11 kuzo zafumaniseka zingafanelekanga ukuba zibe sendleleni ngenxa yokuba iziqhoboshi zazo bezingabambi kakuhle.

IDSP, eliphulo elilingwayo leDTPW elilungiselelwe ukuphucula ukhuseleko ezithilini kusetyenziswa noomasipala bemimandla, iSAPS kunye neCandelo lokuLwa uLwaphulo-mthetho eziNdleleni leDTPW yamiselwa ngomhla wama-30 Septemba 2016 kwisiThili saseOverberg esinaba masipala bommandla balandelayo: Overstrand, Theewaterskloof kunye neCape Agulhas. Ukuqaliswa kweDSP kubangele ukuhla kwenani labantu abasweleka ezindleleni xa lithelekiswa nelo bekujoliswe kulo lekota. Kwikota yesithathu ka-2015/16 kusweleke abantu abangama-21 xa kuthelekiswa nabali-11 abasweleka ngeli xesha linye ngo-2015/16. Inani labahambi ngeenyawo abaswelekileyo lihlile lisuka kubantu abahlanu kwikota yesithathu ka-2015/16 laya kutsha kwababini ngeli xesha linye ngo-2016/17. Kusweleke abantwana abane abaneminyaka yobudala engaphantsi kweli-14 kwiingozi zendlela kwikota yesithathu ka-2015/16, xa kuthelekiswa nexesha linye ngo-2016/17, apho kungekho namnye umntwana oswelekileyo.

Maninzi amaphulo abe yimpumelelo okuthathwa kwezinyobisi nezinye izinto ezingekho mthethweni phakathi komhla woku-1 KweyoMnga 2016 nowe-16 Janyuwari 2017. Iphulo elinjalo leli beliqhutywa kummandla waseWorcester apho kuye kwafunyanwa amangquba angama-3 790 axabisa imali esisigidi serandi esiyi-1,3 ngokwamaxabisa okuthengisa ezikoneni. ELaingsburg kubekho iphulo elibe yimpumelelo apho kufunyenwe iipilisi ze*Mandrax* ezingama-90 000 ezixabisa imali ezizigidi zeerandi eziyi-4,5. Ngonya-kamali ka-2017/17, kuye kwathinjwa iziyobisi nezinye izinto ezingekho mthethweni ezixabisa imali ezizigidi zeerandi ezili-112 ezindleleni zephondo nezesizwe eNtshona Koloni.

Amaphulo okusebenzisana nezitishi zikanomathotholo nezikamabonakude kwakunye namaphepha-ndaba aqhubekile nokusinika ithuba lokuba sazise abaqhubi ngeemeko zendlela, umthamo wezithuthi ezisezindleleni ngamaxesha athile kunye nolunye ulwazi olunokubanceda xa belungiselela ukungena endleleni bethatha ihambo zabo. Bekukho inkqubo ebilungiselelwe kanye oku kunomathotholo. Ngethuba leeholide zikaDisemba, ngabantu abangama-41 000 ababukele iividiyo ezinento yokwenza neendlela ku-*YouTube* baze abangama-34 000 baphosa izwi ku*Facebook*, abangama-42 800 ku*Twitter*, iividiyo ezisasazwe kwi*cinema* zona zingama-10 000, kwaze kwabanjwa iintlanganiz zodliwano-ndlebe ezingama-34 yaze imiba yezendlela yakhankanywa kali-111 kumajelo eendaba.

Kulo nyaka-mali, kuye kwamiswa izithuthi ezingama-17 394 phakathi ko-20:00 no-06:00 kwindlela ephakathi kweBeaufort West, iLaingsburg neAberdeen. Abaqhubi abadiniweyo abangama-2 548 bebonke baye bamiswa bacetyiswa ukuba mabaphumle isithuba esiziyure ezine ukuya kwezintlanu phambi kokuba baphinde baqhubeleke nehambo yabo.

Ukulwa ingxaki exakileyo yabantu abaqhuba besele ezindleleni zethu, iCandelo lokuLwa uLwaphulo-mthetho eziNdleleni leDTPW liye labamba amaphulo akhawulezileyo eempelaveki okuzingela abantu abaqhuba besele. Kula maphulo abaqhubi abangama-109 659 baye bavavanywa umyinge wotywala emizimbeni yabo baze

abaphuzi abali-1 542 babanjwa ngenxa yokuba izinga lotywala emizimbeni yabo lingaphezulu kweli limiselwe ngumthetho.

IEBAT yayimisiwe ngo-2009, emva kwesigwebo esawiswa yiNkundla ePhakamileyo kwityala elaliphakathi koMbuso noHendricks. Esi sigwebo sangqina ukuba ukuvavanya izinga lotywala emizimbeni ngokusebenzisa indlela yokuvuthelisa akwaphuli malungelo akumgaqo-siseko abaphuzi ekukroreleka ukuba izinga lotywala emizimbeni yabo lingaphezulu kwelo limiselwe ngumthetho kodwa senza neziphakamiso ngobucukubhede bezomthetho kunye neendlela ezinokusetyenziswa ngayo iziphumo zolu hlobo lokuhlola lusebenzisa indlela yokuvuthelisa ukuze zamkelwe njengobungqina obunokuma enkundleni.

IDTPW ixhaswa nguMphathiswa weSizwe wezoThutho, yiyo eyayikhokelea iQela lamaQoqo kaRhulumente eliquka iGunyabantu lezoTshutshiso (iNPA), iNDoT, iRTMC, iZiko loMzantsi Afrika lemiGangatho (iSABS), iZiko leSizwe leNzululwazi yezokuLinganisa loMzantsi Afrika (iNMISA), iQumrhu leSizwe lemiGangatho eNyanzelekileyo (iNRCS) namanye amahlakani. Kuye kwasekwa amaqela azikomitana ukuze kujongwane nezi ziphakamiso ziquka, phakathi kwezinye izinto, iinkcukacha ngesixhobo esiza kusetyenziswa, umgangatho oza kuvunywa nendlela ecacileyo yokulinganisa izinga lotywala kwisixhobo esihlola izinga lotywala ngokuvuthelisa, ukuqeqeshwa kwabasebenzi abaza kusebenzisa esi sixhobo, indlela yokuhlola kusetyenziswa esi sixhobo kunye nokucina iinkcukacha zabo bahloliweyo. NgoAgasti 2016, iNPA yaye yakhululela ukuba kuqaliswe ukusetyenziswa kwakhona kweEBAT eNtshona Koloni, kodwa oku kwenziwe ngezigaba, yaze iAthlone Alcohol Evidence Centre yakhethwa njengeziko lokuqala eliza kwenza lo msebenzi. IDTPW iqinisekile ukuba indlela ekhawulezayo nesebenza kakuhle ngayo iEBAT iza kubangela ukuba babe mathidala ukusela ngokugqithisileyo abo baqhele ukuqhuba benomlinganiselo wotywala emizimbeni yabo ongaphezulu kwalowo umiselwe ngumthetho.

Inkonzo: Uqeqesho lwamagosa endlela

ICandelo: Uqeqesho noPhuhliso lwamaGosa eNdelela linoxanduva lokuqeqesha nokuphuhlisa amagosa endlela kamasipala nawephondo eNtshona Koloni. IGene Louw Traffic College nangoku iseyikholeji yokuqeqesha amagosa endlela ebhalisiweyo kwi RTMC, iziko elinamaphepha asemthethweni okuqhuba uqeqesho elibhaliswe kwiQumrhu leMfundo noQeqesho leCandelo lezoKhuselelo noKhuseleko (iSASSETA) futhi iziko eligunyazisiweyo yiSAPS ukuba lingaqeqesha abantu kubuchule bokusebenzisa umpu.

IGLTC iye yaqhuba uqeqesho olukwizinga leSatifiketi seMfundo eQhubekayo noQeqesho: ukuLwa ulwaPhulomthetho eziNdeleleni noqeqesho lokuhlola izithuthi (iEOV) kwakunye noqeqesho lokufundisa ukuqhuba (iEDL). Le Kholeji iqeqeshe kunye namagosa endlela ajonga indlela izithuthi ezimiswe ngayo, uqeqesho lokuhlaziya izakhono zokusebenzisa umpu, kunye noqeqesho lwamagosa ephondo endlela ukuba abe neelayisenisi zokuqhuba izithuthuthu nezigadla.

Njengenxalenye yombono wokufunda naphakade kunye nokuqhubeleka kuphuculwa izakhono zamagosa endlela, iGLTC iqalise ngeeprojekthi ezine ezixininisa kokuthile

ezihambelana neenjongo ezicwangcisiweyo okanye eziqiqisiweyo zeDTPW. Iinkqubo zokufunda ngeintanethi neeklassi ezisebenzisa ividiyo ukufundisa abafundi abakude eziqaliswe ngoKweyoKwindla 2017 ziza kudlala indima enkulu ngokunika amagosa endlela ngendlela zale mihla zokufunda kusetyenziswa iintanethi ukuze akwazi ukuphucula izakhono zawo nokufumana ulwazi olutsha engakhange aye kwiziko leGLTC.

Ezi zifundo zoqeqesho zilandelayo zamagosa anikwe imvume (amagosa endlela, iEOV kunye neeEDL) kunye nezifundo ezingayelwa klasini zamagosa alwa ulwaphulomthetho ezindleleni ziye zaqhutywa apha enyakeni:

- Amagosa endlela angama-50 aye aphumelela izifundo ezinesatifiketi zoqeqesho lwamagosa endlela, angama-30 kuwo ibingamagosa endlela ephondo aze la ashiyekileyo wona ibe ngamagosa avela koomasipala abahlukeneyo;
- Amagosa endlela ali-179 ewonke aye alugqiba uqeqesho lonyaka olunyanzelekileyo lokuhlaziya ubuchule bokusebenzisa umpu aze wona amagosa endlela angama-233 enza uqeqesho kuMicrosoft Office kulungiselelwa ukuqaliswa kwenkqubo yoqeqesho kusetyenziswa iintanethi eza kuqaliswa eNtshona Koloni; zaze
- IiEDL ezingama-68 zaphumelela izifundo zika-K53, ezinye iiEOV ezingama-37 zona ziye zaphumelela uhlolo lwezakhono.

2.2 IsiCwangciso sePhulo lokuNikwa kweeNkonzo (SDIP)

Isicwangciso sephulo lokunikwa kweenkonzo

IDTPW ibhale iSDIP yeMTEF ka-2016/17 – 2019/20 esekelwe kwisiCwangciso esiCwangcisekileyo kwaye ihambelana neAPP ka-2016/17. Injongo yeSDIP kukulungisa le mimandla mibini yokuphucula iinkonzo: iRNM kunye noLawulo loKhuseleko eziNdleleni (iRSM).

Inkonzo 1 yeRNM: Ukukhokela umsebenzi wokukhangela iiprojekthi zophuculo ukuze kuvunywe izicwangciso zokuphucula iindlela zegrabile.

Imeko yeendlela zegrabile iphindile kwakhona yafuna ukubambi xa kuthelekiswa nalo nyaka ungaphambili ngenxa yokunqongophala kwemali yokulungisa zonke ezi ndlela zitsho zibe kumgangatho ofanelekileyo, kwakunye nengxaki yokufumana ikwari efanelekileyo enomhlaba oyigrabile. Umsebenzi wokugalela igrabile kwakhona kuzo zonke iindlela zegrabile uza kutyabula imali ezizigidi zeerandi ezili-112. Ukongeza apho, kukho iindlela zegrabile ezizikhilomitha ezingama-230 ubude ezinokuba negalelo lezoqoqosho elihle ukuba zingathi zilungiswe, zifakelwe itha. Kubakhweli baseNtshona Koloni abasebenzisa iindlela zegrabile, ama-20% abo ahamba kwindlela ezimbi kunye nezimbi kakhulu, ama-60% abo asebenzisa iindlela ezingcono baze abanye aba bashiyekileyo bangama-20% bona basebenzise iindlela ezintle kakhulu.

Njengokuba iDTPW isebenzisa amaqhinga okucwangcisa ngokubambisana (JPI) futhi ifakana imilomo namanye amahlakani, iye yagqiba ekubeni iyitshintshe indlela ekhetha ngayo iindlela eziza kulungiswa zifakelwe itha. Inkqubo yokuphucula iinkonzo inombono wophuhliso kunye nokwenza inkqubo yokuthatha izigqibo ngemisebenzi eza kwenziwa

ibe ngumsebenzi wawo onke amahlakani ukuze kukhethwe iindlela eziza kulungiswa ngendlela ethathela ingqalelo izimvo zamanye amahlakani kunye neminye imiba efana nokubaluleka kwegalelo laloo ndlela iza kulungiswa kuqoqosho. Injongo ephambili kukukhokelisa phambili inkqubo yokukhethwa kweeprojekthi ezingama-20 zokulungiswa kweendlela zegrabile ukuze kuvunywe izicwangciso zokuvuma umsebenzi wokulungisa ezi ndlela.

Inkonzo 2 yeRSM: Bethelala amaphulo okufundisa uluntu ngokhuseleko ezindleleni

Ngoku indlela engafanelekanga abasebenzisi beendlela abaziphatha ngayo ibangela iingozi zendlela ezithi zona zibulale abantu zibangele nomonzakalo ombi. Iingozi zendlela zilutyabula kakhulu uqoqosho, kwaye kukhona ukuzalana phakathi kwenani lengozi zendlela neendleko zombuso.

Ngokwandisa amaphulo okufundisa abahlali baseNtshona Koloni ngokhuseleko ezindleleni, inani leengozi zendlela, labantu abaswelekayo nabonzakalayo liza kuhla, loo nto yenze urhulumente onge imali. Le mali yongiweyo ingasiwa kwiinkonzo zona eziza kuthi ziphucule impilo yabahlali. La maphulo agxininisa kubantwana besikolo aquka iingxoxo-mpikiswano ngokhuseleko ezindleleni, imidlalo yokhuphiswano kunye nabafundi abancedisa njengamagosa endleleni ngasezikolweni.

Le nkqubo yokuphucula iinkonzo kulindeleke ukuba iquke ukubethelela umba wokuziphatha ngokufanelekileyo kwabasebenzisi beendlela ngokusebenzisa amaphulo awandisiweyo okufundisa ngokhuseleko ezindleleni esuka kwangama-440 ngo-2015/16 aya kutsho kwangama-2019/20. Inani lamaphulo ekufuna ukufikelelwa kulo ngo-2016/17 ngama-650.

Itheyibhile 9 ukuya ku-13 ibonisa imisebenzi namaphulo abe yimpumelelo eSDIP yeSebe ngo-2016/17.

Itheyibhile 9: linkonzo eziphambili ezinikiweyo nemigangatho

linkonzo eziphambili	Abaxhamleyo	Umgangatho weenkono ngoku: 2015/16	Umgangatho weenkono onqwenelwayo: 2016/17	Okona kuphunyeziweyo: 2016/17
Ukukhokela umsebenzi wokukhetha iiprojekthi zokulungiswa kweendlela ukuze zivunywe ukuba zingaqaliswa.	Abahlali, amafama, abanye abasebenzisi beendlela.	Zikhethiwe iiprojekthi ezingama-45 zokulungiswa kweendlela ukuze zivunywe ukuba zingaqaliswa.	Iiprojekthi ezikhethiweyo ezingama-20 ukuba zivunywe ukuba zingaqaliswa.	Zintandathu iiprojekthi ezikhethiweyo zavunywa ukuba zingaqaliswa.
Ukubethelela amaphulo okufundisa uluntu ngokhuseleko ezindleleni.	Uluntu ngokubanzi kunye nezikolo.	Amaphulo angama-440 okufundisa ngokhuseleko ezindleleni aqhutyiwe.	Amaphulo angama-650 okufundisa ngokhuseleko ezindleleni aqhutyiwe.	Amaphulo angama-782 okufundisa ngokhuseleko ezindleleni aqhutyiwe.

Itheyibhile 10: Izicwangciso zenkqubo yeBatho Pele nabaxhamli (Iindibano zokubonisana, ufikeleleko, njl njl)

Izicwangciso zangoku: 2015/16	Izicwangciso ezinqwenelwayo 2016/17	Okona kuphunyeziweyo 2016/17
Ukukhokela umsebenzi wokukhetha iiprojekthi zokulungiswa kweendlela ukuze zivunywe ukuba zingaqaliswa.		
Iindibano zokubonisana: Abantu abancedwayo kudityenwe nabo ngokusebenzisa: <ul style="list-style-type: none"> • Iintlanganiso zamasebe kunye nolwazi oluqokelwe ebantwini. • Ingxelo kaDeighton yeziBonelelo Zizonke • Inkqubo yokuPhatha (DTIMS); • Ingxelo yokuLondoloza iiNdlela; • Uintanethi nointranethi weSebe • Ubudlelwano phakathi kwamahlakani eSebe • ULindixesha weSebe • UMqulu weNkonzo • Iibhodi zokubhengeza ezindleleni 	Iindibano zokubonisana: Abantu abancedwayo kudityenwe nabo ngokusebenzisa: <ul style="list-style-type: none"> • Amaphulo okucwangcisa ngokubambisana (iiJPI); • Iintlanganiso zesebe • Iindibano zokubonisana zikamasipala wesithili • Ulwazi oluqokelwe ebantwini • Ukunxibelelana namanye amaqumrhu ezendlela • Ubudlelwano namahlakani esebe • ULindixesha weDTPW • UMqulu weNkonzo; kunye • Neebhodi zokubhengeza ezindleleni. 	Iindibano zokubonisana: Umgangatho ofunwayo ufikelelwe.

Izicwangciso zangoku: 2015/16	Izicwangciso ezinqwenelwayo 2016/17	Okona kuphunyeziweyo 2016/17
<p>Intsebenziswano entle: Intsebenziswano entle ichazwa futhi ilinganiswe ngezi zinto zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ubudlelwane bamahlakani esebe • IOfisi enguNdlunkulu; kunye • Neeofisi zeDRE. <p>Ixabiso lokuzuziweyo ngemali esetyenzisiweyo: Igalelo lezoqoqosho leprojekthi nganye</p>	<p>Intsebenziswano entle: Intsebenziswano entle ichazwa futhi ilinganiswe ngezi zinto zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ubudlelwane bamahlakani esebe • IOfisi enguNdlunkulu; kunye • Neeofisi zeDRE. <p>Ixabiso lokuzuziweyo ngemali esetyenzisiweyo: Igalelo lezoqoqosho leprojekthi nganye</p>	<p>Intsebenziswano entle: Umgangatho ofunwayo ufezekisiwe.</p> <p>Ixabiso lokuzuziweyo ngemali esetyenzisiweyo: Umgangatho ofunwayo ufikelelwe</p>
<p>Ukuphucula amaphulo okufundisa uluntu ngokhuseleko ezindleleni.</p>		
<p>Iindibano zokubonisana: Abantu abancedwayo kudityenwe nabo ngokusebenzisa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • lintlanganiso nabantu abancedwayo kunye namahlakani; kunye • Neendibano zesiCwangciso sePhulo eliHlangeneyo (i-IDP). <p>Ufikeleleko: Inkonzo iyafumaneka:</p> <ul style="list-style-type: none"> • KwiOfisi enguNdlunkulu: e-35 Wale Street, eKapa; • eBeaufort West Traffic Centre; kunye • naseGeorge Traffic Centre. 	<p>Iindibano zokubonisana: Abantu abancedwayo kudityenwe nabo ngokusebenzisa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • lintlanganiso namaqela enza umsebenzi othile namahlakani akhethiweyo. • Iindibano zeIDP. <p>Ufikeleleko: Inkonzo iyafumaneka:</p> <ul style="list-style-type: none"> • KwiOfisi enguNdlunkulu: e-35 Wale Street, eKapa; • eBeaufort West Traffic Centre; • eGeorge Traffic Centre; kunye • naseVredenburg Traffic Centre. 	<p>Iindibano zokubonisana: Umgangatho ofunwayo ufikelelwe.</p> <p>Ufikeleleko Umgangatho ofunwayo ufikelelwe</p>

Izicwangciso zangoku: 2015/16	Izicwangciso ezinqwenelwayo 2016/17	Okona kuphunyeziweyo 2016/17
<p>Intsebenziswano entle: Intsebenziswano entle ichazwa futhi ilinganiswe ngezi zinto zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Inglelo kunye nokufumaneka lula kwabaLawuuli beCandelo; kunye • Nobudlelwane bamaHlakani eSebe. <p>Ukwenzela izinto phandle naselubala: Ukwenzela izinto phandle naselubala kwenzweka ngokusebenzisa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Isicwangciso soNyaka sokuSebenza; • INgxelo yoNyaka; • INgxelo yoNyaka eya kubaHlali • Iintranethi neIntanethi; • IiJPI; • Iindibano zeIDP; kunye • Nentlanglaniso zoluntu. <p>Okuzizweyo ngemali esetyenzisiweyo: Kufuneka kuqeshwe abanye abasebenzi kwiofisi yaseWest Coast neyaseEden.</p>	<p>Intsebenziswano entle: Intsebenziswano entle ichazwa futhi ilinganiswe ngezi zinto zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukusetyenziswa kwe<i>Safely Home Reporter</i> okanye newebhusayithi; kunye • Nobudlelwane bamaHlakani eSebe. <p>Ukwenzela izinto phandle naselubala: Ukwenzela izinto phandle naselubala kwenzweka ngokusebenzisa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Isicwangciso soNyaka sokuSebenza; • INgxelo yoNyaka; • INgxelo yoNyaka eya kubaHlali • Iintranethi neIntanethi; • IiJPI; • Iindibano zeIDP; kunye • Nentlanglaniso zoluntu. <p>Okuzizweyo ngemali esetyenzisiweyo: Kufuneka kuqeshwe abanye abasebenzi kwiofisi yaseWest Coast neyaseEden.</p>	<p>Intsebenziswano entle: Umgangatho ofunwayo ufikelelwe</p> <p>ukongeza:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Iwebhusayithi yephulo i'Fika Uphila' iyasetyenziswa. https://www.arrivealive.co.za/. <p>Ukwenzela izinto phandle naselubala: Umgangatho ofunwayo ufikelelwe.</p> <p>Okuzizweyo ngemali esetyenzisiweyo: Akufikelelwanga kwimeko efunwayo. Ukunceda kwiingxaki yokungabi nabasebenzi abaneleyo kwezi ngingqi; umntu omnye uye watshintshelwa esusa kwisiXeko saseKapa wasiwa kwiofisi yaseEden.</p>

Itheyibhile 11: Isixhobo senkcazelo ngeenkonzo

Izixhobo zolwazi ezikhoyo ngoku	Izixhobo zolwazi ezifunekayo	Okona kuphunyeziweyo
Ukukhokela umsebenzi wokukhetha iiprojekthi zokulungiswa kweendlela ukuze zivunywe ukuba zingaqaliswa.		
Ulwazi lusiwa ebantwini ngokusebenzisa: <ul style="list-style-type: none"> IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seDTPW; INGxelo yoNyaka INGxelo yoNyaka eya ebaHlalini Iintanethi nelntranethi Ulindixesha wangaphakathi nowangaphandle; Iibhodi ezinkulu zaphandle IDTIMS; INGxelo yoLondolozo IiJPI; kunye noMqulu weeNkozo. 	Ulwazi lusiwa ebantwini ngokusebenzisa: <ul style="list-style-type: none"> IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza seDTPW; INGxelo yoNyaka INGxelo yoNyaka eya ebaHlalini Iintanethi nelntranethi Ulindixesha wangaphakathi nowangaphandle; Iibhodi ezinkulu zaphandle IDTIMS; INGxelo yoLondolozo IiJPI; kunye noMqulu weeNkozo. 	Umgangatho ofunwayo ufikelelwe.

Izixhobo zolwazi ezikhoyo ngoku	Izixhobo zolwazi ezifunekayo	Okona kuphunyeziweyo
Ukuphucula amaphulo okufundisa uluntu ngokhuseleko ezindleleni.		
<p>Ulwazi luhanjiswa ngokusebenzisa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Isicwangciso soNyaka sokuSebenza; • lintanethi nelIntranethi; • INgxelo yoNyaka; • INgxelo yoNyaka eya ebaHlalini; • lintlanganiso zoluntu; • Imiboniso; • Amaphulo okufundisa; • Izibhengezo kunomathotholo; • Amakhasi onxibelelwano; • Iiphamfulethi; • librowuntsha • UMqulu weeNkonzo • limeyile; • Ulindixesha wangaphakathi <p>nowangaphandle;</p> <ul style="list-style-type: none"> • lintanethi nelIntranethi; • libhodi zokubhengeza ezindleleni • Amaphetshana aziflaya • lingxelo zoonondaba • IiThusong Service Centre; kunye • Neentlanganiso zodliwanondlebe nezitishi zoluntu zikanomathotholo. 	<p>Ulwazi luhanjiswa ngokusebenzisa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Isicwangciso soNyaka sokuSebenza; • lintanethi nelIntranethi; • INgxelo yoNyaka; • INgxelo yoNyaka eya ebaHlalini; • lintlanganiso zoluntu; • Imiboniso; • Amaphulo okufundisa; • Izibhengezo kunomathotholo; • Amakhasi onxibelelwano; • Iiphamfulethi; • librowuntsha • UMqulu weeNkonzo • limeyile; • Ulindixesha wangaphakathi <p>nowangaphandle;</p> <ul style="list-style-type: none"> • lintanethi nelIntranethi; • libhodi zokubhengeza ezindleleni • Amaphetshana aziflaya • lingxelo zoonondaba • IiThusong Service Centre; • ISafely Home Reporter newebhusayithi; • kunye • Neentlanganiso zodliwano-ndlebe nezitishi zoluntu zikanomathotholo. 	<p>Umgangatho ofunwayo ufikelelwe.</p>

Ithebhibhile 12: Indlela yokungeniswa kwezikhhalazo

Indlela ekhoyo/eyiyo yokungenisa izikhhalazo	Indlela efunekayo yokungenisa izikhhalazo	Okona kuphunyeziweyo
Ukukhokela iphulo lokufuna iiprojekthi zokulungiswa kweendlela ukuze zivunywe ukuba amalungiselelo angaqaliswa.		
Izikhhalazo/iingcebiso/izincomo/imibuzo iyabhalwa kuze kujongwe ukuba iphelele phi na kusetyenziswa: <ul style="list-style-type: none"> lingxoxo zamaqela abantu: iiJPI; Ubudlelwano bamahlakani esebe. 	Izikhhalazo/iingcebiso/izincomo/imibuzo iyabhalwa kuze kujongwe ukuba iphelele phi na kusetyenziswa: <ul style="list-style-type: none"> lingxoxo zamaqela abantu: iiJPI; Ubudlelwano bamahlakani esebe. 	Umgangatho ofunekayo ufezekisiwe. Ukongeza: Iinkonzo zeEG4C (e-Government for Citizens) zisetyenzisiwe ngabahlali bethumela kuyo imibuzo ngezindlela.
Ukuphucula amaphulo okufundisa uluntu ngokhuseleko ezindleleni.		
Izikhhalazo/iingcebiso/izincomo/imibuzo iyabhalwa ize ijongwe ngabalawuli uqobo ukuba iphelele phi na.	Izikhhalazo/iingcebiso/izincomo/imibuzo iyabhalwa ize ijonge ukuba iphelele phi na: <ul style="list-style-type: none"> Ngabalawuli uqobo kunye ne<i>Safely Home Reporter</i> newebhusayithi. 	Umgangatho ofunekayo ufezekisiwe.

Ithebhibhile 13: Izicelo ezifakwe ngokoMithetho wokuKhuthaza ukuFumaneka koLwazi (iPAIA) ezamkelwe phantsi kwemiqathango yeCandelo 46

No.I	Iinkcukacha zolwazi oluceliweyo	Umhla esifunyenwe ngawo isicelo	Umhla onikiwe osemva kwexesha ebelibekiwe*	Umhla isicelo esiphendulwe ngawo
1/2016-2017	Zonke ilayisenisi zeGolden Arrow Bus Services (GABS) kunye neSibanye Bus Service	10.05.2016	31.05.2016	06.10.2016
2/2016-2017	Lonke ulwazi olunxulumene nePorter Estate	04.04.2016	03.05.2016	22.02.2017
3/2016-2017	Ithenda S123/15 no-124/15	07.04.2016	06.05.2016	11.05.2016
4/2016-2017	Amajiko-jiko aseFranschhoek – 2000: Onke amaxwebhu anxulumene nale ndlela inamajiko-jiko	26.04.2016	25.05.2016	11.09.2016
5/2016-2017	Ithenda C1009.01	06.05.2016	No	20.05.2016
6/2016-2017	Umthamo othunyelwe ezikolweni weentsimbi zokuqinisa kunye nenethi	21.04.2016	No	19.05.2016
7/2016-2017	Ilayisenisi yokusebenza kaTranslux	25.04.2016	23.05.2016	26.05.2016

No.I	linkcukacha zolwazi oluceliweyo	Umhla esifunyenwe ngawo isicelo	Umhla onikiwe osemva kwexesha ebelibekiwe*	Umhla isicelo esiphendulwe ngawo
8/2016-2017	Izicelo zelayisenisi yephepha-mvume lokusebenza:: 8334707, 8334708 no-8334709	25.05.2016	27.06.2017	12.07.2016
9/2016-2017	Izicelo ezitsha zelayisenisi yamaphepha-mvume okusebenza: 8287470, 8287471, 8287472, 8287472, 8287474 no-8287475	02.06.2016	01.07.2016	10.11.2016
10/2016-2017	Isiza somhlaba unombolo 1449, 1450, 1452 kunye no-1734: onke amaxwebhu anxulumene nalo mhlaba	06.06.2016	04.07.2016	06.07.2016
11/2016-2017	Ingxelo ekhutshelweyo yabhalwa phantsi yeOLA 2015-32: Intlanganiso eyayibanjiwe eyayingezicelo zamaphepha-mvume	08.06.2016	05.07.2016	08.08.2016
12/2016-2017	Umnikazi welayisenisi yephepha-mvume lokusebenza: C de Villiers	29.07.2016	01.09.2016	20.09.2016
13/2016-2017	Umnikazi welayisenisi yephepha-mvume lokusebenza: I Masarapa	29.07.2016	01.09.2016	24.10.2016
14/2016-2017	Isicelo seLayisenisi yePhepha-mvume lokuSebenza: OP8331200	11.08.2016	19.09.2016	13.10.2016
15/2016-2017	Izivumelwano neGMT	20.08.2016	14.09.2016	31.10.2016
16/2016-2017	Isicelo selayisenisi yamaphepha-mvume okusebenza: OLB18100667/1	21.09.2016	Hayi	24.10.2016
17/2016-2017	Iingcebiso zamagqwetha malunga nomhlaba othengiweyo	21.09.2016	Hayi	21.10.2016
18/2016-2017	ISLA ephakathi kweRainbow Cape Services noRhulumente waseNtshona Koloni	29.09.2016	25.10.2016	21.11.2016
19/2016-2017	Amaxwebhu ePERMIS: Isicelo sifake ngumsebenzi	10.10.2016	Hayi	22.11.2016
20/2016-2017	Isicelo selayisenisi yephepha-mvume lokusebenza: OLB508440	28.11.2016	15.12.2016	11.02.2017
21/2016-2017	Ithenda: C0708/09	09.12.2016	15.12.2016	07.02.2017
22/2016-2017	Ilayisenisi zokusebenza ezahlukeneyo	15.12.2016	22.12.2016	09.02.2017
23/2016-2017	Imizuzu yentlanganiso yomhla wama-26 Agasti 1994: Ukwaba iindlela eziza kusetyenziswa zitekisi ezilayisha phezulu erenkini yasedolophini eKapa: IsiTishi sikaLoliwe saseKapa.	01.02.2017	28.02.2017	28.03.2017
24/2016-2017	Ukulungiswa kwala ndlela indala iphakathi kweGeorge neKnysna	02.02.2017	13.03.2017	sisaphethwe
25/2016-2017	Isicelo selayisenisi yamaphepha-mvume okusebenza: Pedro Permits	13.03.2017	No	12.04.2017

Qaphela: Umhla wokuphendulwa kombuzo utshintshiwe wagqitha kwixesha ebelibekiwe ngokwecandelo 26 lePAIA.

2.3 Iimeko kwisebe eli

linguqu

Kulo nyaka-mali, uluhlu lwezikhundla nemisebenzi yamacandelo amakhulu eCandelo eliKhulu: iRNM luye lwenziwa ngoku icandelo loKwakheka kweSebe libhala iinkcukacha zamacandelwana nemisebenzi yezikhundla ezisezantsi.

Umsebenzi wokutshintsha iGMT ugqityiwe kwakunye nowokufaka abantu kwizikhundla nemisebenzi ebafaneleyo. Sele iqalise inkqubo yokukhangela nokwenza amalungiselelo okuqesha kwizithuba ezikhoyo kweli Candelo liKhulu litsha.

Imineni isebe elijongene nayo

IDTPW ithathe amanyathelo okusebenzisa izixhobo zokusebenza ngobunono nangokuhlakanipha ukuze zenze umahluko omkhulu kuqoqosho nakwintlalo.

Banqabile abasebenzi abanezakhono ezifundelweyo nezifanelekileyo kwicandelo lobuchulei bezokwakha, kuba zimbaleka kakhulu izicelo ezifakwayo zezithuba zemisebenzi epapashwa liSebe. Oku kuthetha ukuba iDTPW isaxhomekeke kubasebenzi abangamaqala anamava kodwa abadala kwelinye icala ibe ngabasebenzi abasanda kuphuma esikolweni abangenamava. Oku kuye kunyanzelise ukuba iSebe liqeshe iinkampani zabucala ezinabantu abanamava nezakhono, loo nto ke ityabula imali eninzi.

Kwicandelo lezokulwa ulwaphulo-mthetho ezindleleni, iDTPW kufuneka idywidane noomasipala ngabasebenzi abatsha abaqeqeshwe yikholeji yayo iGene Louw Traffic College.

IDTPW ifuna ukwandisa inani labasebenzi bayo ngokuthi iqeshe abantu kwizikhundla ezithile ezikhethekileyo ezisebenza ngendlela ekhokelisa ukudibanisa umba wokunikwa kweenkonzo kunye nolawulo olufanelekileyo. Kodwa oku kuhamba kancinci kunokuba bekulindelwe ngenxa yengxaki yokungafumani bantu bokungena kwezi zikhundla zikhoyo. Ngelinge lokuzama ukulungisa le meko, iDTPW isebenzisana neCSC, ziqeshe, ngesivumelwano seminyaka emithathu, amagosa amahlanu anobuchule bokuzingela abantu abanezakhono ukuncedisa iDTPW kumaphulo alo okuzingela abantu eza kubaqesha.

Imisebenzi ebeyimpumelelo yesebe

Ukuxhobisa abantu ngezakhono kusengumba ophambili kwiinkqubo zophuhliso zeDTPW, kwaye lo mbono ugxininiswa kuyo yonke imisebenzi neenkqubo zesebe. Kulo nyaka uphethweyo, iDTPW idale imisebenzi namathuba ophuhliso amaninzi agxininisa kumba wokuxhobisa ngezakhono kunye nokuncedisa kumaphulo okuqesha abantu kwizakhono ezinqabileyo kwicandelo lezobuchule bokwakha.

- Kulo nyaka uphethweyo, abasebenzi abangama-27 bafumene inkxaso ngokuthi banikwe iStaff Bursary Scheme futhi, ngokusebenzisa isiCwangciso seSebe seZakhono zaseMisebenzini (Departmental Work Place Skills Plan), abanye

abasebenzi abangama-944 baye bakwazi ukuye esikolweni bafumane nezakhono.

- Ukuqinisekisa ukuba abasebenzi babhalisiwe kwimibutho elawula iingcali zekhondo labo, banezakhono ezikudidi oluphezulu zolwazi lobungcali, banamava, bayawazi umsebenzi futhi bayazazi izinto ezintsha ezifundwayo nezivelayo kwicandelo labo, iPDP ineenkqubo ezincinci ezintathu, ezizezi: iCandidate Training Programme, Mature Candidate Training Programme kunye neContinuing PDP, ezinika ithuba abafundi abaqeshiweyo nabo sele kukudala besebenza ithuba lokubhalisa kwimibutho elawula iingcali zekhondo labo. Ukongeza, le nkqubo sithetha nje iyandiswa ukuze iquke namanye amakhondo aphantsi kweSouth African Council for Project and Construction Management Professions (SACPCMP). Abasebenzi abali-15 bebonke (abane kwicandelo lobuchule kwezokwakha, abathathu kwicandelo lezobunjineli bokukhanda, omnye kwicandelo lobunjineli bombane baze abasixhenxe babekwicandelo lobungcali bokwakha iindlela) bakwazile ukubhalisa kwimibutho elawula iingcali zekhondo labo ngo-2015/16 nango-2016/17.

Abalahle emsebenzini/abaqeshiweyo

Ngenxa yokuba iGosa eliyiNtloko leziMali (iCFO) licebe ukuthatha umhlala-phantsi ngoMeyi 2017, iphulo lokuzingela umntu oza kungena kwesi sikhundla liqale kulo nyaka-mali. Intloko yeGMT ithathe umhlala-phantsi kulo nyaka-mali.

Ugwayimbo

Khange kubekho gwayimbo lwabasebenzi ngo-2016/17.

Ukungasebenzi kobuxhaka-xhaka beekhompuyutha

Ubuxhakaxhaka beekhompuyutha buhleli bubekwe phantsi kweliso futhi xa kukho amagingxigingxi oku kuye kulungiswe ngoko nangoko ukwenza ukuba bungamane busiba nokuphazamiseka.

iBizProjects yeDTPW isendaweni enye nezinye iBizProject zePhondo kwaye iphethwe licandelo leTransversal Application Support leCE-I. Iingxaki zokungasebenzi kobuxhakaxhaka beekhompuyutha bezibangelwe yimiba enxulumene nobuxhakaxhaka bothungelwano lweekhompuyutha. Nangona bekukho amagingxigingxi ekuqaleni, ukutshintsha iBizSuite itsho isebenzise indlela egcina ulwazi neenkukacha kwisisele sekhompuyutha esilawulwa endaweni enye kuncedile kwenza basebenza kakuhle ubuxhakaxhaka beekhompuyutha.

Amatyala obuqhetseba norhwaphilizo

Amatyala obuqhetseba okanye urhwaphilizo kulo nyaka-mali achaziwe kwesi siCwangciso singezantsi samaTyala seCandelo labeCuphi lePhondo.

Amatyala avuliweyo ngokweengxelo zomhla woku-1 Apreli 2016	7
Amatyala amatsha (2016/17)	9

Abuyiselwe kwiSebe	1
Amatyala avaliweyo (2016/17)	(8)
Amatyala agqithiselweyo (2016/17)	(4)
Amatyala asaqhubayo ngokwengxelo yangomhla wama-31 KweyoKwindla 2017	5

2.4 Imigaqo-nkqubo ephambili equlunqiweyo kunye neenguqu kwimithetho

Le migaqo-nkqubo iphambili ilandelayo iqulunqwe ngo-2016/17:

- Umgaqo-nkqubo weNkqubo yoPhuhliso lweeNkampani eziNcinci wavunywa ngo-Epreli 2016; kunye
- Nedrafti yoMthetho-sihlomelo oYilwayo woLawulo lwezeNdlala eNtshona Koloni wapapahswa ngomhla we-12 Septemba 2016 ukuze uluntu luhlomle ngawo. Izimvo zokuhlomla ezivela ebantwini zaye zahlalutywa, zanika uMEC kwaze kwavunywa ukuba isicelo singathunyelwa kwiKhabhinethi ize yona lo Mthetho uYilwayo iwungenise kwindlu yowiso-mthetho.

3 IiNjongo eziCwangcisekileyo eziJolise kwiziPhumo

IiNjongo eziCwangcisekileyo eziJolise kwiziPhumo zeSebe, kunye nomsebenzi osele wenziwe ukufezekisa iinjongo ekujoliswe kuzo zesiCwangciso esiQiqisisekileyo, zicacisiwe apha ngezantsi.

Iinjongo eCwangcisekileyo eJolise kwiziPhumo 1: Ukugxininisa kumba wokuxhobisa ngezakhono nokudala imisebenzi eNtshona Koloni.

Inkcazelo yenjongo:

Ukugxininisa kumaphulo wokuxhobisa ngezakhono nokudala imisebenzi kusetyenziswa iinkqubo zophuhliso kunye notyalo-mali kwizibonelelo eNtshona Koloni xa kufika umhla wama-31 KweyoKwindla 2020.

Ingcaciso enika izingathu:

Amanyathelo aqiqisisekileyo okungenelela akhethwe ngawo onke amaqoqo karhulumente ukuze kuphungulwe inani labantu abangasebenziyo namazinga endlala ngesiqingatha ngokwesiCwangciso soPhuhliso seSizwe (INDP).

Iindawo enxibelelana ngazo nePSG:

Iinjongo zePhondo eziQiqisisekileyo 1; 2; 4 no-5.

IDTPW inikezele ngeebhasari zabafuna ukufunda kumaziko emfundo ephakamileyo kwicandelo lezothutho, elobuchule kwezokwakha kunye nelobunjaneli isebenzisa iMasakh'isizwe Bursary Programme.

IPDP iyakuxhasa ukuphuhlisa kwabasebenzi abakwizikhundla zamaCandelo ezaKhono eziNqabileyo (iIOSD). Abasebenzi abathathe inxaxheba baquka abo bazinjaneli nabazingcali kwezokwakha abebefuna olunye uqeqesho kunye namava okusebenza phantsi kwesandla nephiko leengcali zala makhondo ezibhalisweyo ukuze nabo babe nazo zonke izinto ezifunwayo ukuze nabo babhalise. IPDP iyabaxhasa abasebenzi abazingcali ukuba babhalise, futhi iyabaxhasa nabo sele bebhalisile ukuba bahlaziye xa kufike ixesha, bangabi semva. Ngokunjalo iyabaxhasa abasebenzi ababhalisileyo ukuba

bahlale benazo izinto ezifunekayo ukuze ubani ahlale ebhalisile kule mibutho ilawulo iingcali zamakhondo abo.

Umsebenzi wokulawula iEPWP eNtshona Koloni uye waqinisekisa ukuba inani lamathuba emisebenzi elimeselwe kuzwelonke kuyafikelelwa kulo. Le mibutho incedisayo ukuqhuba iEPWP nayo ifumene iingcebiso noncedo kwiphondo izokutsho ikwazi ukufikelela kula manani amiselwe kuzwelonke.

Abantu abatsha bayaqhubeleka nokuqeqeshwa kumsebenzi wezandla wezokwakha kusetyenziswa iNYS.

Zaye zaqunyelwa iiEmplA zeeprojekthi zeentengo ezinkulu zesebe ezixabisa imali engaphezulu kwizigidi ezihlanu zeerandi kwaye uninzi lwezi projekthi bezibekwe phantsi kweliso futhi zavavanywa ukuze kujongwe ukuba ingaba iinjongo zokuxhobisa abantu zifezekisiwe na.

INjongo eCwangcisekileyo eJolise kwiziphumo 2: Ulawulo lwezibonelelo neesathi ezingahambiyo zephondo eNtshona Koloni

Inkcazelo yenjongo:

Ukuququzelelela, ukucwangcisa, ukuyila, ukuphuhlisa nokunika izibonelelo zephondo nendawo yokuhlala okanye yokusebenzela yephondo kunye nokulawula nokuqaphela ngobunono ixesha elithathwa zipropati zephondo ezikuluhlu lweepropati zephondo ukuze kuvulelwe amathuba ohlumo lwezoqoqosho nokuphucuka kwentlalo eNtshona Koloni xa kufika umhla wama-31 KweyoKwindla 2020.

Ingcaciso enika izizathu:

Ukuniwa kwezibonelelo nolawulo lweesathi ezikuluhlu lweepropati zephondo yinto efunekayo ukuze kuvulelwe amathuba ohlumo lwezoqoqosho nokuphucuka kwezentlalo.

Indlela enxibelelana nayo nePSG:

Iinjongo eziQiqisisekileyo zePhondo 1; 2; 3; 4 no-5.

Umsebenzi wokuqaliswa kwelDMS uyaqhuba, kunye neNkqubo yeAO kunye nezinye iinkqubo zolawulo ukuze kukhuthazwe ulawulo olufanelekileyo xa kusenziwa izicwangciso zokwakha, intengo, ulawulo kunye nokuphatha kuzo zonke izibonelelo zemisebenzi karhulumente.

Ukuqaliswa kwezivumelwano ezisekelwe ixesha nezinemiqathango ethile kuqhubekile kulo nyaka uphethweyo ukuze kuqinisekise ukuba iiprojekthi zokwakha izibonelelo ziqhuba kakuhle.

Ukwakhiwa kweBLM ngomnye wemisebenzi oyinxalenye yeeprojekthi eziza kwenza umahluko omkhulu kwiWCG. Umsebenzi wokwakha nokulungisa kula ndawo yayisisibhedlele saseConradie uqhubile njengeprojekthi elingwayo.

Amalinge okusebenzisa nokwaba iiofisi ngokuhlaniya kuyo yonke iNtshona Koloni aqhubekile ngokuba kusetyenziswa iOffice Modernisation Programme. Iinjongo zale nkqubo kukusebenzisa iindawo ezizifisi ngokuhlakanipha kunye nokusebenzisa eli qhinga linye nakwezinye iindawo zokusebenzela.

IPER incedile ekubeni ukwazi ukubekwa esweni umba wolawulo nokusetyenziswa kolwazi ngobukrelekrele ukuze kubonwe futhi kusetyenziswe iziphumo zokusebenza ngobunono kuze kuphungulwe inani lezakhiwo eziqeshwe ngamasebe eWCG.

INjongo eCwangcisekileyo eJolise kwiziPhumo 3: Ukubonelela ngenkonzo zothutho ezikhuselekileyo, ezisebenza kakuhle nezihlanganisiweyo eNtshona Koloni.

Inkcazelo yenjongo:

Ukubonelela ngeenkonzo zezithuthi ezikhuselekileyo, ezisebenza kakuhle nezihlanganisiweyo ezixhasa uhlumo loqoqosho nezihlanganisi abantu eNtshona Koloni ngokusebenza ngokubambisana xa kufika umhla wama-31 KweyoKwindla 2020.

Inkcaza enika ingcaciso:

Iinkonzo zezithuthi ezikhuselekileyo, ezisebenza kakuhle nezidityanisiweyo zibalulekile ukuze kuphuculwe zonke iintlobo zezithuthi kunye nakwizibonelelo neenkqubo ezixhasayo ukuze kutshintshwe kusetyenziswe izithuthi zikawonke-wonke kunokuba abantu basebenzise iimoto zabo kunye nokuthuthwa kweempahla kusuke ezindleleni kuye eziporweni kwiphondo laseNtshona Koloni.

Indlela enxibelelana ngayo nePSG:

IiNjongo eziQiqisisekileyo zePhondo 1; 2; 3; 4 no5.

Uhlaziyo olupheleleyo lwesiCwangciso-sikhokelo sePhondo seziThuthi zaseMhlabeni lugqitywe kulo nyaka-mali. Olu hlaziyo luneenjongo zokuqinisekisa ukuba izicwangciso-zikhokelo zezothutho nokusetyenziswa komhlaba ezinxulumene nokuthathwa kwezigqibo liphondo zihambelana neNjongo eziQiqisisekileyo zePhondo.

IDTPW iyiqukumbele iPSTD encedisa oomasipala ukuba beze nezabo iINMT ezilungele iimeko zabo, bathathele ingqalelo izinto ezifundiweyo ngethuba kuqaliswa amaphulo okuphucula izithuthi zikawonkewonke eMzantsi Afrika ingakumbi eGeorge naseKapa. Mayelana nalo mba, iMOA yaye yatyikitywa noMasipala waseStellenbosch kwaye inkqubo ebanzi yokuncedisa ngokucwangcisa yakhokelela ekubeni kwenziwe inkqubo ekubanjiswene ngayo yamaphulo angazi kuwa esithubeni ezothutho ukuze aqaliswe ukusetyenziswa ngezigaba ezahlukeneyo kule minyaka izayo.

IDTPW iqhubekile nokulawula kunye nokubeka phantsi kweliso iibhasi ezibonelelwa ngurhulumente kunye nePTOG ehambelana nazo, kwade kwalixesha apho lonke olu xanduva lugqithiselwa kwiCoCT. Iqhubekile kwakhona nokuqalisa inkqubo yezithuthi zikawonke-wonke ezisemgangathweni ophezulu kakhulu ((iGo George/ GIPTN) eGeorge, ekungoku nje eyenza ngcono iimpilo zabantu kule dolophu ngokusebenzisana noMasipala waseGeorge kunye neNDOT.

Inani labantu abasweleka ezindleleni lehlile eNtshona Koloni xa lithelekiswa nelalo nyaka-mali uphelleleyo. Ukhuseleko labantu abahamba ngeenyawo ezindleleni kunye nabantu abaswelekayo kwiingozi zendlela lusengumba oxhalabisayo kwaye akhona amanye amalinge enziweyo apha enyakeni ukuzama ukuphungula iingozi ezindleleni nenani labo bonke abantu abasebenzisa iindlela abasweleka kwezi ngozi, kuquka nokuphucula ukhuseleko kwiindawo eziyangozi kubahambi ngeenyawo kwiindlela zephondo; ukubonelela ngeASOD kunye neANPR; ukuqinisekisa ukuba amagosa endlela ayabonakala kwiindawo ezithile ezithanda ukuba yingxaki; ukubamba amaphulo okulwa ulwaphulo-mthetho ezindleleni ngokubambisana; ukuqalisa amaphulo okufundisa nokulumkisa ngokhuseleko ezindleleni kugxininiswe kakhulu kwizikolo nakwimimandla ethandwa zingozi; ukuqalisa ngamaphulo okuncedisa kwingxaki yabaqhubi abaqhuba bediniwe.

Ukukhwezela uhlumo loqoqosho, umsebenzi wokwenza isicwangciso sokwandiswa kwendlela eziza kunceda kumsebenzi wokwakiwa kwelDZ yaseSaldanha Bay

ugqityiwe. Umsebenzi wokwenza isicwangciso sokulungisa isiPhambuka saseWingfield nawo uqhubile.

Ukwakhiwa nokulungiswa kweeprojekthi eziphambili kuqhutyiwe kulo nyaka ukuze kulondolozwe futhi kuphuculwe imeko yeendlela kudalwe nezingxungxo; lo msebenzi uquke ukulungiswa nokwandiswa kuka-N2 phakathi kweBorcherds Quarry neSwartklip Interchange, ukulungiswa nokuphuculwa kuka-N1 phakathi kweDurbanville Interchange neOld Oak Interchange, kunye nokulungiswa kweTrunk Road 31 phakathi kweAshton neMontagu.

Ingxelo ephuma emva kweminyaka emibini, i*Asset Preservation Report*, ichaza imeko yeendlela zephondo kunye nomahluko owenziwa yile misebenzi yenziwa ezindleleni kwimeko yendlela yelixa elizayo ibonisa ukuba kwiindlela ezinetha ezizikhilomitha ezingama-6 595 ubude, kuzo ezizikhilomitha ezingama-5 870 zikwimo engcono ukuya kwentle kakhulu.

Uphando luqhubile apha enyakeni olujonga ukuba ingaba le nkqubo isetyenziswayo yokulondoloza nokulungisa iindlela ayityabuli kakhulu na futhi ingasokolisi na kuba abanye oomasipala bezithili ngabo abenza lo msebenzi wokulondoloza iindlela zephondo.

Ukuxhasa amaphulo okunikezela ngezibonelelo, iqhubile iGPEP, equka ukufundiswa kwabantu befundiswa zingcali ukuze bafumane uqeqesho olufanelekileyo, ukugcinwa kwabasebezi abanezidanga kunye nokuqinisekisa ukuba iingcali zinabo ubuncikane bezinto ezifunekayo ukuze ubhaliswe kwiECSA. Abanye abasebenzi abanezidanga baye baqeshwa ngokusigxina yiDTPW.

INjongo eCwangcisekileyo eJolise kwiziPhumo 4: Ukukhuthaza ulawulo olufanelekileyo, ukusebenza ngokufanelekileyo nangobunono kuyo yonke iDTPW.

Inkcazelo eyinjongo:

Ukukhokela ngokuqiqa, ulawulo olululo, kunye nenkxaso ukuze incede iDTPW inike iinkonzo ezihlanganisiweyo ezihambelana nezinto ezikhokelise phambili ngurhulumente ngendlela esebenzayo nenobunono xa kufika umhla wama-31 KweyoKwindla 2020.

Ingcaciso:

ISebe elisebenza kakuhle nangempumelelo elinika iinkonzo ezihlanganisiweyo.

Indlela enxibelelana ngayo nePSG:

IiNjongo eziQiqisiweyo zePhondo 5.

Uluhlu lwezikhundla ezikhulu nezizezantsi kunye nama candelo amakhulu namancinci esebe, elaqala ukusetyenziswa ngomhla woku-1 Okthobha 2013, liyaqhubeka ukusetyenziswa, oku kusenziwa ngezigaba. Kxange kuqeshwe bantu kwizikhundla njengoko kwakucwangcisiwe ngenxa yokuba kwaye kwanyanzeliswa ukuba kubotshwe ibhanti kwinkcitho yeCOE.

IsiCwangciso seSebe sokuPhucula uLawulo lwemiSebenzi yeSebe (IDCGIP) siyaqhubeka nokuphucula umgangatho wolawulo lwezimali kwaye siza kuqhubeka sisetyenziswa nakule minyaka izayo. Ukuzibophelela kweSebe kulawulo olufanelekileyo kuqinisekise ukuba kunyaka-mali ka-2016/17 iSebe lifumana ingxelo yophicotho-zincwadi engenachaphaza.

Iqhubile inkqubo esetyenziswayo engafuni kwenza nampazamo yokuhlawula ii-invoyisi zingaphelanga iintsuku ezingama-30 ngokusebenzisa iSupplier Invoice Tracking System.

IDTPW iqhubile nokusebenza ngokoMthetho wokuXhobisa ngokuBanzi Abantu AbaNtsundu ngezoQoqosho xa kusenziwa intengo yeempahla neenkonz, izivumelwano zokusebenza kunye neenkampani ezinika iinkonz.

ISCM esebenzayo ibalulekile kwiSebe eligxininisa kumba wokunika izibonelelo. Ukuphucula ukusebenza kweSCM, kuye kwatyalwa enye imali kwindlela elilawulwa ngayo uluhlu lweempahla zesebe, uqeqesho kwakunye nokuphunyezwa, ukuhlaziywa nokucokiswa kweenkqubo zeIDMS ezinxulumene nokuthengwa kweenkonzo neempahla xa kusakhiwa.

4 Inkcazelo yokwenziweyo ngokoMsebenzi Ngamnye

4.1 Umsebenzi 1: Ulawulo

Injongo

Injongo yalo Msebenzi kukunceda ngolawulo lonke iSebe.

Umsetyenzana

- IOfisi yeMEC (IOfisi yoMphathiswa wePhondo – ezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente)
- ULawulo lweSebe
- UkuNcedisa ngemiSebenzi yeSebe
- IsiCwangciso-qhinga seSebe

IiNjongo eziCwangcisiweyo

1.1	Ukuphucula umgangatho wolawulo lwezimali.
1.2	Ukuququzelela ukusetyenziswa ngokufanelekileyo nangokukhuselekileyo kobuxhaka-xhaka bolwazi neenkukacha eSebeni.
1.3	Ukuqesha abasebenzi nokuphucula izakhono zecandelo lezothutho, elobuchule bezokwakha, elobunjinieli namanye amacandelo ahambelana nala.
1.4	Ukuphucula indlela ezenziwa ngayo izicwangciso ezichaphazela lonke isebe nezihlanganisiweyo, uqulunqo lomgaqo-nkqubo, ukulungelelanisa, ukuhlola kunye nokuvavanya.

Iinjongo ezicwangcisiweyo, izalathisi zokwenziwa komsebenzi, iithagethi eziplaniweyo kunye nokona kuphunyeziweyo

Lo Msebenzi uncedisa kwiNjongo eCwangcisiweyo eJoliswe kwiziphumo 4: Ukukhuthaza ulawulo olufanelekileyo, ukusebenza ngobunono nangempumelelo kulo lonke iSebe, kusetyenziswa amacebo amaninzi.

Malunga nokuthatha inxaxheba kwiindibano zamaqoqo karhulumene zokucwangcisa, uMsebenzi ukhokele amalinge okuthatha inxaxheba kwiindibano zokubonisana zomasipala ezihlangeneyo (ii-IME) kunye neeJPI. Uhlolo lweeIDP zomasipala nalo lugqityiwe. ICandelo 36(1) leNLTA linyanzelisa ukuba oomasipala mabaqulunqe iITP zeminyaka emihlanu. ISebe lincede oomasipala abangama-29 (iCoCT ayibalwa yona) ukuba bakwazi ukuthobela lo mthetho ngokubabonisa iindlela zokuqulunqa ezi ITP. Ezi zicwangciso ziyahlalutywa zifakwe ulwazi olutsha rhoqo ngonyaka zize ziqwalaselwe kwakhona emva kweminyaka emihlanu zihlaziye. Ngokwecandelo 9(2)(c) leNLTA, uMphathiswa wePhondo kufuneka ancede onke amagosa enza izicwangciso angenazakhono nazixhobo zifanelekileyo zokwenza lo msebenzi wokugwadla izicwangciso ezihlangeneyo.

Malunga nokukhokela amalinge okuqulunqa izicwangciso-qhinga zezibonelelo zephondo, imigaqo-nkqubo nezicwangciso, kwaye kwabhalwa iingxelo ngeemeko ezikhoyo ngoku zikamasipala wommandla ngamnye kwaba bahlanu besiThili saseWest

Coast zaze ezi ngxelo zadityaniswa zonke zayiNgxelo yeMeko Ngoku yesiThili saseWest Coast. Iimeko zentlalo nezozoqoqosho zezothutho nezendlela ezikhoyo ngoku zinyathelwe kule ngxelo, kuquka nezicwangciso zokuza kwenziwa kule minyaka izayo njengoko zicacisiwe kwi-ITP neIDP zikamasipala ngamnye wommandla. Le Ngxelo iqukunjelwe ngolu luhlu lwamaphulo ophuhliso akhokeliswe phambili anokusetyenziswa njengendawo ekunokuqalwa kuyo xa kusenzisa izicwangciso kuqaliswa namalungiselelo ohlahlo nolwabiwo lwemali ukuze kusetyenziswe ngendlela ethathela ingqalelo iimfuno nezidingo zomasipala bonke xa kusenziwa izicwangciso zexesha elifutshane, eliphakathi nelide zolwakhiwo lwezibonelelo.

Ngenxa yokuba iimeko zoqoqosho zisemaxongo kwaye nokuba iSebe lifuna ukusebenzisa izimali zalo ngobunono, kuye kwathathwa amanyathelo okunqanda ukudiywaza ngemali nokubamba isandla kwinkcitho kwiCOE kulandelwa imigqaliselo ebekwe nguNondyebo wePhondo ngoJanyuwari nangoFebruwari ka-2016. Kodwa bukhona ubugcwabalalana obuye baqhushekwa ecaleni kulungiselelwa ukuqesha abantu kwizikhundla ezimbalwa ezinemisebenzi ebalulekileyo, ezi zikhundla zikwicandelo lezibonelelo nelezemithetho yendlela ikakhulu. Izikhundla ezithile ezazivunywe ngo-2013 akuzikuqeshwa bantu kuzo ngokwezi meko sijamelene nazo ngokwangoku.

Ukuphucula ulawulo lweSCM, iCandelo leSCM:

- Liqalisa ngephulo lokuvuma ukuba iingxelo ezifungelweyo ziza kwamkelwa xa kunikwa amanqaku abo baza kwenzelwa idolo xa kusenziwa intengo kusenzelwa ukuxhobisa ngezozoqoqosho iinkampani ezifake izicelo zokunika iinkonzo neempahla ngokwemithetho emitsha yeBBBEE;
- Liqalise ukusebenzisa uluhlu lweSizwe oluneeNkcukacha zabaNiki-zinkonzo (iCSD) lweNT, eliza kusetyenziswa kunye neCSD yaseNtshona Koloni. Ukongeza apho kuye kwabanjwa amaphulo okufundisa ngeCSD kusetyenziswana noNondyebo wePhondo (iSebe leziMali lePhondo) ukuxelela uluntu ngendlela esebenza ngayo iCSD kwiNkqubo yeNtengo eHlanganisiweyo; laze
- Lazisa lixelela abasebenzi ngomxholo weMithetho yoMsebenzi kaRhulumente (iPSR) eqale ukusebenza ngomhla woku-1 Agasti 2016 apho likrokrela ukuba bakhona abayophulayo le mithetho kwakunye nokwenza amalungiselelo ethutyana achazwe kwisiHlomelo 1(2) sePSR amkelwe njengenxalenye yeminye yemithetho yeSebe.

ISebe lisebenzisa kakhulu intengo, imisebenzi yalo emininzi ixhomekeke kwizivumelwano namanye amahlakani kwaye amaxesha amaninzi lisebenza ngeeprojekthi kuba imali yalo yenkcitho engaphezulu kwama-60% iya kwiNkqubo yeSCM. Iziphumo zoku kukuba nasiphi na isiphazamiso, nayo nantoni enokubeka inkqubo yeSCM emngciphekweni okanye nayiphi na ingxaki inakho ukuyichaphazela indlela esebenza ngaye le nkqubo yeSCM yenze umsebenzi wayo kakuhle wokuphatha imali, ukuncedisa ngezixhobo zokusebenza iiprojekthi kunye nokunika izibonelelo.

Iinkqubo eziqhubayo zokuhlaziya nokuhlola umsebenzi weSebe kunye neendibano zokufakana imilomo nabo bancedwayo ngeNkqubo yeSCM zilungiselelwe ukuphungula amaxesha athathwayo ukwenza umsebenzi, ukuxhasa iindlela zokuthenga ezenza kanye lo msebenzi ufunekayo ukuze sikhawuleze isantya sokunikwa kwezibonelelo kuphucuke nendlela ekusetyenzwa ngayo ngokubanzi kulo lonke iSebe.

Ukuze uphumelele mba wokubamba isandla kweCOE ekuqesheni abasebenzi kwicandelo lentengo yezokwakha nelokwakhiwa, kuye kwathathwa amanyathelo amaninzi. La manyathelo aquka, kodwa engaphelelanga kula, ukuqulunqa izicwangciso zokunqada ukuba ulwamvila lwemigqaliselo yeCOE lungenzi monakalo mkhulu ngokuphazamisa imisebenzi ebalulekileyo yeDTPW yokunika nokuthenga iinkonzo neempahla. Amacebo aza kwenziwa ukuphungula inzima eza kubangelwa kukungabikho kwabasebenzi abaneleyo kwicandelo lentengo yezokwakha kunye neyokunika iinkonzo zezokwakha. Oku kuye kwakhokelela ekubeni izixhobo zokusebenza kunye nabasebenzi kumacandelo onikezelo lwezibonelelo basetyenziswe ngobuchule ukuze kungabikho ndawo zisilelayo.

Kuye kwangenwa kwizivumelwano ezinemiqathango ethile ezingama-32 zizonke zokunceda kwimisebenzi yokulungisa izibonelelo ecwangcisiweyo, eyemihla ngemihla kunye nengxamisekileyo engakhange icwangciswe kuzo zonke iintlobo zemisebenzi. ISebe lenze konke elinakho ukuqinisekisa ukuba iinkampani ezincinci nazo ziyinxalenye yeli cebo ukuze liqhubeleke nomsebenzi wokuphuhlisa nokuxhobisa iinkampani ezincinci nokugxininisa kumba wokwenza igalelo kwezintlalo nezozoqoqosho njengoko oko iluxanduva likarhulumente.

Ezinye iindlela ezongezelelweyo zokunika iinkonzo esele zisetyenziswa eziqaliswayo, esele zithengwa nezikwinqanaba lokuphandwa ziquka:

- Ukuthenga nokusebenzisa inkampani yolawulo eza kunceda iDTPW ukuze kuqaliswa iinkqubo zezibonelelo.
- Ukusebenzisa iinkampani ezilawula izakhiwo ukuze kuliwe ingxaki yomsebenzi osemva wokulungisa izibonelelo nezakhiwo ezidala zezemfundo;
- Ukusetyenziswa kweeKomiti yokuHlolana kwezoBunjinieli ukuze kuvavanywe futhi kunikwe neengcebiso ngendlela izibonelelo ezicetywe zacwangciswa ngayo phambi kokuba kunikwe imvume ekhululela ukuba umsebenzi mawuqale ukuze kuqhiwulelwe ingxaki yokuyila nokuzoba iintlobo zezibonelelo ezingafanelekanga.
- Ukuqulungwa nokusetyenziswa kweqhinga lokuqesha iingcali zezibonelelo zecandelo lezempilo, kwangaphambili, kulungiselelwe yonke iminyaka ehamba neMTEF.

Imithetho ekhuthaza ukuthenga ngendlela eyenzelelwayo isichaphazela ngqo isixa semali esibekelwe ukunikwa kweenkonzo. Imali echithwe nguRhulumente waseNtshona Koloni ngonyaka kwiimpahla neenkonzo ngonyaka-mali ka-2015/16 zibhiliyoni zeerandi eziyi-10,9. Uhlalutyo lwezimali oluqhutywe liSebe leziMali lePhondo ngezivumelwano zokusebenza ezityikitywe ngokweMithetho yokuThenga ngokweNzelelela ka-2011 lubonisa ukuba inkcitho engumyinge yesivumelwano ngasinye yi-7,71% (imali ezizigidi ezingama-832 zeerandi iyonke). IMithetho yokuThenga ngokweNzelelela ka-2017 inyanzelisa ukuba imisebenzi exabisa ngaphantsi kwezizigidi zeerandi ezingama-50 ifanele ukuba engama-80% inikwe iinkampani ezincinci ize engama-20% inikwe iinkampani ezinkulu (umgaqo-nkqubo we-80/20), xa kuthelekiswa nendleko eziyi-11% kwimisebenzi efana nale ngokwemithetho ka-2011. Imisebenzi yokwakha yephondo engama-39% iyonke exabisa imali engaphantsi kwezizigidi ezingama-50 zeerandi, futhi imithetho ka-

2017 iza kuzinyusa iindleko ezibhatalwa ngomsebenzi ngamnye ibe yi-10,33% (imali eyibhiliyoni eyi-1,1 yeerandi).

Oku kungathetha ukuba iSebe kuza kufuneka licinge ngokuqalisa iiprojekthi ezimbalwa eziza kuncedisa kumaphulo anyanzelekileyo agxininisa kuphuculo lwezintlalo nezozoqosho anyanzeliswa yimithetho yeNkqubo ye-SCM. Ngenxa yokuba iDTPW ilisebe elenza umsebenzi wokwakha izibonelelo zeWCED kunye nezeSebe lePhondo lezeMpilo, indleko eziphezulu zentengo zingathetha ukuba umsebenzi wokulondoloza, ukulungisa kunye nokwakha amaziko amatsha ezempilo nawezemfundo ungaphazamiseka.

Okokugqibela, uqoqosho oludodobalayo luzichaphazela kakhulu iinkampani ezisebenzisana neSebe, into leyo ebangele ukuba zicinge ngezinye iindlela zokwakha nokunika izibonelelo, apho kuye kwacetywa ukuqeshwa kweenkampani eziza kugqibezela apho inkampani ibiqale umsebenzi iye yohlulakala, futhi ukhe uqwalaselwe nombamba wokuba kubanjiswe ngento eza kunceda kule ngxaki ininzi yeenkampani ezingakwaziyo ukuyigqiba imisebenzi.

Ngelinge lokuzama ukuqinisekisa ukuba iinkonzo ezibalulekileyo eziya eluntwini ngqo azichaphazeleki, ukuqaliswa kwamaphulo okubamba isandla kwinkcitho yeCOE kuyichaphazela imisebenzi yeSCM kwakunye nolawulo lwezimali ukuxhasa amacandelo amancinci asebenzisana ngqo noluntu. Ke ngoko abalawuli kufuneka bahlale beqwalasela izinto ezibalulekileyo ekufuneka zenziwe babe beyithathela ingqalelo nemeko yokungabikho kwabasebenzi abaneleyo.

Injongo ephambili yeprojekthi yeFMS: kukuphucula nokulungisa imigaqonkqubo ukuze kulawulwe ngcono izimali; ukuncedisa imigaqo-nkqubo ngokuqalisa iinkqubo ezintsha; ukutshintsha iinkqubo ezisetyenziswayo zokulawula izimali zibe zezale mihla; ukuncedisa kumba wokuthotyelwa kwemithetho yezimali neminye ehambelana nayo; ukutshintshwa kweendlela zokusebenza ezidlulelwe lixesha nezitya imali eninzi kusetyenziswe ezihlanganisiweyo zale mihla; ukuphelisa iinkqubo ezenza umsebenzi osele usenziwa; ukuphucula indlela ulwazi olufumaneka ngayo; ukuphucula umgangatho weenkukacha nolwazi; ukuphucula indlela yokusebenza; ukuphelisa iindlela zakudala ezisebenzisa amaphepha nezandla, kuphungulwe neendleko zokudibanisa iinkqubo. Ukuqaliswa kwale nkqubo kuye kwabambezeleka, kodwa ngelokulungiselela ukutshintshela kwilFMS, iDTPW iyaqhuba nomsebenzi wokukhupha lonke ulwazi kubuxhaka-xhaka obebukade busetyenziswa ngamaphambili.

Icandelo leSCM lithathe inxaxheba emandla kwiNkqubo yoPhuhliso lweNkampani eziNcinci lisebenzisana neEPWP ngokuthi liqeqesha iinkampani ezincinci, kunye nokuqhubeka libhalise iinkampani ezinika iinkonzo kuluhlu lweWCSD neleCSD kwiindibano zokuqeqesha iinkampani ezinika iinkonzo lisebenzisana neSebe loPhuhliso loQoqosho nezokhenketho kunye noomasipala abahlukeneyo.

Njengenxalenye yokuphuhlisa nokuxhobisa ngezakhono iinkampani ezincinci ezisebenza neSebe kunye nokuqinisekisa ukuba kukho ukhuphiswano, iCandelo leSCM liye labamba iindibano zokubonisana kunye neenkampani ezincinci emva kokuba kukhutshwe ithenda futhi kubangulwe iimpazamo ezenziweyo, izinto ebezifuneka ngethuba kufakwa izicelo ezanelisiweyo, kunye neendlela ezisetyenziswayo ezingafanelekanga zokubeka amaxabiso.

ISebe lifaka imali eninzi kumaphulo aqhubekekayo oqeqesho noxhotyiso ngezakhono lwabasebenzi abakwicandelo lokuthenga iinkonzo neempahla. Abasebenzi beSebe abali-121 bafumene uqeqesho olugxininisa kumba wokunika izibonelelo nowentengo kwezokwakha. Ukongeza, abasebenzi abali-134 bafumene uqeqesho kwiindlela ezigxininisa kwiinqobo ezisulungekileyo kwezentengo.

Izivumelwano zokwenza umsebenzi ezingama-737 zizonke ziye zamkelwa, zatyikitywa. Kwezi zivumelwano, ezingama-565 ezixabisa imali ezibhiliyoni zeerandi eziyi-3.1 zidibene ziye zatyikitywa neenkampani eziphantsi kweBBBEE.

ISebe libukhaba ngawo omane ubuqhetseba/ubuqhophololo norhwaphilizo. ICandelo eliKhulu loLawulo lweziMali liqhube amaphulo oqeqesho nokufundisa ngobuqhetseba ebesenziwa yiPFS apho abasebenzi beSebe abangama-510 bathe bathatha inxaxheba. Abasebenzi baye banikwa nemizekelo yamatyala okwenyani aziswe ngaphambili kunye neziphumo zawo.

Iindlela zokulawula zangaphakathi ziye zomelezwe ukuze kulungiswe ezi zikroba ziboniweyo ngethuba iPFS iqhuba uphando ngokusetyenziswa kwemali gwenxa, ngokungenankathalo, ngokuyisebenzisa kwizinto ezingeyonzuzo okanye indlela ekulawulwa ngayo ngaphakathi. Abasebenzi beDTPW baye bafumana noqeqesho lokuthintela ingxaki yokuba imithetho yangaphakathi idelelwe okanye ingathotyelwa.

ISebe liqhubekile nokusebenzisa isiCwangciso seSebe lokuPhunyezwa koLawulo lweMisebenzi yeSebe, inyathelo lokungenelela elibalulekileyo lokudala nokuqhubeleka liqulunqa imithetho exhasa iDTPW ukuze ikwazi ukufezekisa iinjongo zylo zokunika iinkonzo kunye neziphumo zophicotho-zincwadi ezicetyiweyo. Ngokulungisa le miba ixhalabisayo kusetyenziswa iDCGIP, iSebe liye lafumana iziphumo zophicotho-zincwadi ezingenachaphaza namiba ifuna ukuqwalaselwa ngo-2016/17.

Emva kokuba lisebenzisa inkqubo ekudala isetyenziswa nengenandawo iqhwalela kuzo ukuze kuqinisekise ukuba akukho chaphaza kwiziphumo zophicotho-zincwadi kwiinjongo ebezicetywe kwangaphambili, i-DTPW iqalisa inkqubo yokuhlola nokuqinisekisa ukuba iinjongo ziyafezekiswa. Oku kuncede iDTPW ukuba itshintshe ekugxininiseni kwimizamo yokuzama ukuthobela imiqathango nemithetho iye kwinqanaba apho igxininisa kuhlobo lomsebenzi ofanele kukwenziwa lisebe elinamava.

Iinjongo ezicwangcisiweyo, izalathisi zokwenziwa komsebenzi, iithagethi eziplaniweyo kunye nokona kuphunyeziweyo zicaciswe kuTheyibhile 14 no-15.

iiNjongo eziCwangcisiweyo

Itheyibhile 14: Umsebenzi 1: Ulawulo: iiNjongo eziCwangcisiweyo

No	IiNjongo eziCwangcisiweyo/Izalathisi	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Ithagethi eplaniweyo 2016/2017	Ithagethi eplaniweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziphaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngonxaxho
Umsetyenzana 1.13: Ukuxhasa iCandelo lezeMisebenzi yeSebe						
1.1	Ukuphucula ulawulo lwezimali.					
1.1.1	Umgangatho wamava abasebenzi becandelo lezimali.	3	3+	3+	0	-
1.2	Ukukhokela ukusebenzisa ngobunono nangokuhuselekileyo ubuxhakaxhaka beekhomyutha, iinkqubo kunye nolwazi olungaphakathi eSebeni.					
1.2.1	Umgangatho wokuvuthwa kwecandelo leSebe loLawulo loLwazo.	1	2	2	0	-
1.3	Ukuphucula izikhono nokuqesha abanye abasebenzi kwicandelo lezothutho, elezobuchule bokwakha nelobunjinieli.					
1.3.1	Inani labasebenzi ababhalise kwimibutho elawula iingcali zekhondo elithile.	7	14	15	1	Abasebenzi bakhethe ukubhala iimviwo phambi kwexesha elimiselweyo.
Umsetyenzana 1.4: IsiCwangciso-qhiza seSebe						
1.4	Ukuphucula indlela ezenziwa ngayo izicwangciso ezichaphazela lonke isebe nezinhlangothiweyo, uqulunqo lomgaqo-nkqubo, ukulungelelanisa, ukuhlola kunye nokuvavanya.					
1.4.1	Inani lezicwangciso zesebe ezenziweyo.	31	1	1	0	-

Izalathisi zoKwenziwa koMsebenzi

Itheyibhile 15: Umsebenzi 1: Ulawulo: Izalathisi zoKwenziwa koMsebenzi

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 015/2016	lithagethi eziplaniweyoo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngonxaxho
Umsetyenzana 1.3: Ukuncedisa iCandelo lezeMisebenzi yeSebe								
1.1.1.1	Inani lezicwangciso-qhinga (ISCM, uLawulo lwezeMali, iMA kunye neMithetho yangaPhakathi) eziqulunqiweyo*	n/a	n/a	4	4	4	0	-
1.2.1.1	Inani lamanqanaba amaphulo olawulo lolwazi agqityiweyo	n/a	n/a	4	1	1	0	-
1.3.1.1	Inani labasebenzi ababhalisileyo njengeengcali	n/a	n/a	16	14	14	0	-
Umsetyenza 1.4: IsiCwangciso-qhinga seSebe								
1.4.1.1	Inani leenkqubo zezothutho ezihlanganisiweyo ezihloliweyo	n/a	n/a	29	0	0	0	-

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 015/2016	Iithagethi eziplaniweyoo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngonxaxho
1.4.1.2	Inani leenkqubo zezibonelelo ezihlanganisiweyo ezihloliweyo	n/a	n/a	2	1	1	0	-

Qaphela: * ISCM iCandelo leNtengo yeeMpahla neeNkonzo, iCandelo elikhulu: uLawulo lweziMali, iFA – uCwangciso-mali, iMA0 uLawulo loCwangciso-mali, iFG-uLawulo lwezeMali
n/a – ayingeni njengoko esi isisalathisi esitsha.

Amacebo okunceda kwiindawo ezibonakalisa umsebenzi onganelisiyo

I-DTPW yanelisekile kukuba imithetho namanyathelo afanelekileyo athathiwe ukuqinisekisa ukuba imiqathango emiswelweyo ngomgangatho nomthamo weenkono ezinikwayo iyaneliswa.

Izinto ezitshintshiweyo kwezi bekujoliswe kuzo zicetyiweyo

Khange kubekho tshintsho kwizinto ebekujoliswe kuzo ezicetyiweyo.

Inkcitho yoMsetyenzana

Itheyibhile 16: UMsebenzi 1: Ulawulo: Inkcitho yomsetyenzana

UMsetyenzana	2016/2017			2015/2016		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho engaphezulu /Engaphantsi R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho engaphezulu /Engaphantsi R'000
1.1 IOfisi kaMEC	6 533	6 345	188	6 302	6 209	93
1.2 AbaLawuli beSebe	4 581	4 481	100	4 337	4 325	12
1.3 ICandelo lezeMisebenzi yeSebe	122 290	120 273	2 017	137 262	128 121	9 141
1.4 IsiCwangciso-qhinga seSebe	32 064	31 546	518	45 349	43 074	2 275
Itotali	165 468	162 645	2 823	193 250	181 729	11 521

4.2 UMsebenzi 2: IziBonelelo zeMisebenzi kaRhulumente

Injongo

Injongo yalo Msebenzi kukwakha nokubonelela ngezakhiwo zesebe ezikhuthaza uhlanganiso, ezifikelekayo, ezingazikunqongophala phambi kwexesha, ezilinganayo, ezingenabungozi kokusingqongileyo, ezikhuthaza uhlumo loqoqosho kunye nezinegalelo elihle lezentlalo.

Imisetyenzana

- Inkxaso yeNkqubo
- Ukucwangcisa
- Ukwakha
- Ulondolozo
- Ulawulo lweeAsethi Ezingahambiyi
- Imisebenzi yeSakhiwo

IiNjongo eziCwangcisiweyo

2.1	Ukuphucula indlela ezinceda ngayo iiofisi ngokuphungula iindlela zokuqesha iindawo ezineeofisi kunye nokuzisebenzisa ngobuchule.
2.2	Ukunika abantu namaziko ancedwayo izibonelelo nendawo yokuhlala okanye nokusebenzela eza kuhlala ikho.
2.3	Ukusebenzisa ngobunono iiasethi zephondo ezingahambiyi.
2.4	Ukukhuthaza uphuhliso lwezentlalo nezozoqosho ngokusebenzisa iiprojekthi zokwakhiwa kwezibonelelo nolawulo lweepropathi.

Iinjongo ezicwangcisiweyo, izalathisi zokwenziwa komsebenzi, iithagethi eziplaniweyo kunye nokona kuphunyeziweyo

Lo Msebenzi uncedisa kwiNjongo eCwangcisiweyo eJoliswe kwiziPhumo 2: Ulawulo lwezibonelelo neeasethi ezingahambiyi zephondo eNtshona Koloni.

UMthetho woLawulo lweeAsethi ezingahambiyi zikaRhulumente (iGovernment Immovable Asset Management Act) unyanzelisa ukuba kuhlolwe kube kanye imeko yazo zonke izakhiwo nomhlaba weWCG emva kweminyaka emihlanu. Iminyaka emihlanu yokuqala iphele ngomhla wama-31 KweyoKwindla 2015. IDTPW iye yaqesha inkampani ezimeleyo ukuba iqhube uhlobo olulandelayo lwemeko yezakhiwo nomhlaba weWCG, msebenzi lowo uza kugqithywa ekupheleni kwalo nyaka-mali.

Iziphumo zomsebenzi wokuhlola imeko yezakhiwo oqhutywe yiDTPW kwizakhiwo zeWCG zishwankathelwe apha ngezantsi.

Ittheyibhile 17: Isishwankathelo sovandlakanyo lweemeko oluqhutywe kwizakhiwo ze-WCG kunyaka-mali ka-2016/17 ukuza kuthi ga kumhla wama-31 KweyoKwindla 2017

Imisebenzi yohlolo lwemeko yezakhiwo zombuso ezibalwe zaqinisekiswa ngo-2016/17 (inani nepesenti yemisebenzi yohlolo eyenziweyo)							
ISebe	Imeko imbi (C1-2)		Imeko iphakathi (C3)		Imeko intle kakhulu (C4-5)		Itotali
EzeMpilo	6	5%	50	37%	78	58%	134
EzeMfundo	9	2%	267	53%	226	45%	502
Ezinye izibonelelo	223	30%	136	19%	372	51%	731
Itotali 2016/17	238	18%	453	33%	676	49%	1 367

Qaphela: Kule misebenzi yokuhlola imeko yezakhiwo, izakhiwo zeSebe lezokuHlaliswa kwaBantu khange zihlolwe. Ngezakhiwo kungabhekiswa kwizakhiwo esinye okanye kwizakhiwo ezikumhlaba omnye ezininzi, umz., Isibhedlele saseGroote Schuur sithathwa ngokuba sisakhiwo esinye kodwa sinezakhiwo ezininzi kumhlaba esikuwo ezihlelwe ngeendlela ezahlukeneyo ngokwemeko yazo.

Inkcazelo ngemeko yezakhiwo zicaciswa ngolu hlobo:

Imeko entle kakhulu	C5	Isakhiwo asinazinto zingasebenziyo. Sikhangeleka sisitsha. Iqondo lobungozi: Imeko yayo ayiwuchaphazeli umsebenzi waso. Akukho bungozi.
	C4	Isakhiwo sineendawo eziqala ukubonisa ukufuna ukutshintshwa ngenxa yokuba sisetyenziswa, futhi akukho nto ingako ixhalabisayo ngaso, zikhona ezo ndawana zibonisa ukuba sinethutyana sikho ke ngoko sifuna ukosulwa phaya naphaya. Iqondo lobungozi: Zintwana nje ezincinci, ziyiphazamisa kancinci imisebenzi. Mhlawumbi bungakho ubungozi obuncinci kwimpilo nokhuseleko. Iindleko zokulungisa azizikubangako.
Imeko iphakathi	C3	Imeko yesakhiwo iphakathi, oko kukuthi, ayimbanga ayintlanga gqibi, udonga nepeyinti ziyafuna ukuhlaziywa; izinto zaso ziyasebenza, kodwa ziyafuna ukulungiswa, kusilelwe kumba wokusilondoloza. Iqondo lobungozi: Izinto zalo ziyathanda ukungasebenzi. Sinabo ubungozi bezempilo nokhuseleko. Iindleko zokulungisa ziphakathi.
Imeko imbi	C2	Imeko yesakhiwo imbi kakhulu, kwaye neendonga azithembisi. Imbonakalo yaso imbi, ipeyinti ixobukile; izinto zayo azisebenzi; kukho umonakalo omkhulu kuso nje sisonke. Iqondo lengozi: Izinto zalo azisebenzi uninzi lwazo, futhi singayingozi kakhulu kwimpilo nokhuseleko. Ukusilungisa kuza kufuna imali eninzi/ilahleko.
	C1	Isakhiwo asisebenzi, akukho nto isebenzayo kuso futhi asifanelanga ukusetyenziswa mntu. Iqondo lengozi: Isakhiwo asifanelwanga kukusetyenziswa, siyingozi kakhulu, asikhuselekanga, singonzakalisa. Ukusilungisa kuza kufuna imali eninzi kakhulu.

Kwimisebenzi eli-1 367 yohlolo lwemeko eqhutyweyo kwizakhiwo zeWCG ngo-2016/17, iziphumo zibonise ukuba i-18% yezakhiwo zikwimeko embi.

Kwizakhiwo ezizofisi, iSebe likhokelisa ukubeka imali bucala yokuluzilungisa ize iphuculwe imeko yasuka isuswe kwembi iye kwephakathi. Malunga nezakhiwo zezempilo nezemfundo apho imali yokulungisa izakhiwo zezempilo ikwiSebe lezeMpilo ize yezakhiwo zemfundo ibe kwiSebe lezeMfundo, iDTPW iza kuqhubeka ukusebenzisana nala maSebe iwacebisa ngokubalulela kokubeka imali eyaneleyo yokulungisa izakhiwo.

ISebe liqhubekile ililo elenza iiprojekthi ezinkulu nezokulungisa nokulondoloza izakhiwo egameni leSebe lezeMpilo nelezeMfundo. Izakhiwo ezili-16 zizonke ziye zathengwa ukuze

zisetyenziselwe ukunika iinkonzo, ezilishumi ziza kuncedisa kwiinkonzo zempilo, zize ezintantathu zona zancedise kwiinkonzo zemfundo.

Emva kokuba kuqhutywe uphando elijonge ukuba lo msebenzi ungenzeka na, kuye kwafakelwa amacangca esola (solar photovoltaic) kumaphahla ezakhiwo ezine eKapa. Umbane oveliswa zezi sola zine zokuqala sele zifakiwe zidibene zikhilowathi ezingama-252,6 xa zisebenza ngokupheleleyo (iKWp), into leyo ethetha ukuba ziza kuvelisa umbane ozimegawathi (i-MWh) ezingama-381,8 ngonyaka.

Iphulo lokuqesha izakhiwo kwiindawo ezisemacaleni liqhubile. Malunga nalo mba, umsebenzi wokulungisa nokuhlaziya iDan de Villiers Hostel eBeaufort West ugqityiwe. Umsebenzi wokucwangcisa wokulungisa indawo yokuhlala nokusebenzela eMossel Bay naseGeorge sele uqalile. Amanqanaba okuncwangcisa ezi projekthi aza kugqitywa ngo-2017/18 uze wona umsebenzi wokwakha uqale ngo-2018/19.

ISebe liqhubekile ngokuhlola indlela ezisetyenziswa ngayo izakhiwo neeofisi kuzo zonke izakhiwo ezineeofisi ezisembindini wesixeko saseKapa kwakunye nakwizakhiwo ezineeofisi ezisetyenziswa liphondo ezinobukhulu ngokobubanzi obungaphezulu kwe-1 000m² kwimimandla engaphandle kweKapa. Injongo zokwenza lo msebenzi wokuhlola nokubala izakhiwo kukukhuthaza ukusetyenziswa kwezakhiwo ezizifisi ngobunono nangobuchule.

INgxelo yesihlanu yokuSebenza Kakuhle kweePropati (enyathela u-2015/16) yapapashwa ngoKweyoMnga 2016. Ushicilelo lokugqibela lale Ngxelo inike ingxelo ngezakhiwo ezingama-36 ezizezikarhulumente neziqeshiweyo, uninzi lwazo ezizakhiwo ezizifisi zikaRhulumente waseNtshona Koloni apho ubukhulu bazo ngokomhlaba ezizwathathileyo bungaphezulu kwe-1 000m² isakhiwo ngasinye. Izakhiwo ezili-17 kwezi zakhiwo zingama-36 zisembindini wesixeko saseKapa zize ezili-19 zibe ngaphandle kombindi wesixeko.

Le PER inika ingxelo ngendlela esiqhuba ngayo isakhiwo kunye nefuthe laso kokusingqongileyo kwezo zakhiwe zikhethiweyo. Indlela isakhiwo esiqhuba ngayo iquka ukujonga indlela isakhiwo esahlulwe ngayo ukwenza iifisi neendawo zokusebenzela kusetyenziswa iNkqubo yeSebe yokuPhucula iOfisi, ebangele ukuba indlela ezisetyenziswa ngayo izakhiwo inyuke nge-56% kwizakhiwo eziphuculweyo ukusukele oko le Nkqubo yaqala. Ifuthe lesakhiwo kokusingqongileyo liquka iinkcukacha ezingundoqo ngendlela izakhiwo ezikhethiweyo ezizusebenzisa ngayo umbane namanzi, xa kuthelekiswa neenkukacha zonyaka ongaphambili sithelekiswa nazo zonke izakhiwo kusetyenziswa iinkcukacha ezithathwe kwicandelo labucala. Iziphumo ezincumisayo zezokuba ezi zakhiwo bezikhethiwe amanzi nombane ziwasebenzisa kancinci xa zithelekiswa nezakhiwo ezizifisi zeenkampani zabucala kuwo wonke uMzantsi Afrika.

Le ngxelo futhi inceda iSebe nokuba libone ukuba ingaba indlela ezisebenza ngayo ezi zakhiwo iye yangcono ngenxa yamalinge okungenelela afana neNkqubo yokuPhucula iOfisi, kwakunye namanye (umz., ukuvala imibhobho evuzayo).

Mkhulu umsebenzi owenziweyo kwindlela iSebe eliziqokelela ngayo iinkcukacha ngeepropati futhi linike nengxelo ngoku, kunye nokukwazi kwecandelo loLawulo lweeAsethi ezingaHambiyi ukuphucula indlela izakhiwo ezisetyenziswa ngayo. Le ndlela yokunika iingxelo ibeka nesiseko ekuza kusetyenziswa sona njengomzekelo xa kunikwa

iingxelo kwixa elizayo ezimalunga nokusetyenziswa kwezakhiwo zephondo ngobuchule nangobunono.

ISebe lityikitye izivumelwano ezili-11 zokuthengisa izakhiwo. Ezi zakhiwo ziza kukhutshelwa kulo nyaka-mali uzayo.

Iinqobo nemigangatho yezibonelelo sele zimiselwe. Oku kubonisa ukuba ISebe liwuthathela ingqalelo umba wokulondoloza okusingqongileyo xa kusakhiwa izibonelelo zempilo nezemfundo kunye nezinye ngobubanzi kwakunye nokubonakalisa ukubuqonda ubuzaza bale ngxaki ikhoyo ngoku yokunqongophala kwamanzi.

Amaphulo okusebenzisa amanzi ngobunono

- Zonke izixhobo zokupholisa kwizakhiwo ezine *air conditioner* ezisebenza ngamanzi zithotywe ukwenzela ukuba amanzi zingawasebenzisi kakhulu.
- Bonke okweyoKwindla ni abasebenza ngeekhemikhali abasebenzisa *air conditioner* bacinyiwe.
- Kufakwa imibhobho etsala amanzi emathunjini omhlaba e-9 Dorp Street.
- Kufakwa izixhotyana zokunkinkisha amanzi kwizakhiwo ezikwiCBD.
- Iofisi enceda ngemibuzo enento yokwenza nezamanzi kuqalwa ngayo ukulungiswa xa kukho umonakalo.
- Iinqobo nemigangatho yokuphucula iiofisi zihambelana nemigangatho ye-4-Star Green Star GBCSA, kuquka nomgangatho wamanzi.
- Kufakelwa izixhotyana kwimibhobho yamanzi eza kuncedisa kule ngxaki yokunqongophala kwamanzi.
- Kwiofisi eziseBellville ezikumhlaba wesiBhedlele iKarl Bremer, onke amanzi (amanzi asele esebenzile kunye nawemvula) ayaphinda asetyenziswe kwakhona apho eofisini okanye ayayekwa atshone emhlabeni. Imisebenzi yokonga amanzi kwiprojekthi yeofisi yengingqi iquka:
 - Iziko lokucoca amanzi amdaka eza kuthumela amanzi kumatanki okufudumeza, ukukhupha umoya namanzi e-*air conditioner* kwesi sakhiwo;
 - Ukuqokelela amanzi amdaka kakhulu atyekezwe ngukweyoKwindla ni wokucoca amanzi aphinde asetyenziswe; kunye
 - Amanzi agcwala iindlela ngenxa yezichotho nezikhukhula ezikhulu zemvula ezingqabe kakhulu aye atshone emhlabeni.
- Isixhotyana esibizwa ngokuba yi *Aquatrip* sokukhangela iindawo ezivuzwa amanzi siyalingwa kwizikolo ezingama-67, futhi sifakelwa kuzo zonke izikolo ezitsha ngelithuba zakhiwayo. Esi sixhotyana sijonga indlela amanzi ahamba ngayo engena kwizakhiwo kwaye siyakwazi ukucofwa okanye sijijwe kwindawo ethile sikwazi ukuwavala amanzi xa kugqabhuke itanki, imibhobho, iimpompo ezingavalwanga, izindlu zangasese ezivuzayo, iindawo zokuchama naxa kukho umonakalo owenziwe ngoonqalintloko ngabom.
- Ukuvundisa ilindle eKogelberg naseRocherpan, iindawo ezingamaziko eCapeNature kuyakunciphisa kakhulu ukusetyenziswa kwamanzi kwaye kunceda nokukhusela iindawo ezingamajojo ezinochuku kakhulu ekubeni zitshe. OokweyoKwindla ni bokunkcenceshela bafakwe isixhotyana esikwaziyo ukuva xa kunetha ke ngoko sibenze bangazivuleli bankcenceshela kunetha okanye iisozi zengca zisusiwe zabekwa kwiindledlana ezihamba abantu ukulungiselela

ukuba uhlaza lungakhuli uhalala futhi ivumele namanzi akwazi ukuzitshonela emhlabeni.

Iinjongo ezicwangcisiweyo, izalathisi zokwenziwa komsebenzi, iithagethi eziplaniweyo kunye nokona kuphunyeziweyo zicaciswe kule theyibhile ingezantsi.

liNjongo eziCwangcisiweyo

Itheyibhile 18: Umsebenzi 2: IziBonelelo zeMisebenzi kaRhulumente: liNjongo eziCwangcisiweyo

No	liNjongo eziCwangcisiweyo/Izalathisi	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Iithagethi eziplaniweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngonxaxho
Umsetyenzana 2.2: Ukucwangcisa						
2.1	Ukuphucula indlela ezahlulwa zisetyenziswe ngayo izakhiwo ezineofisi ngokuphungula iindleko kunye nokusebenzisa iiofisi ngcono.					
2.1.1	Ukuhla kweendleko zabasebenzi abaqeshwe isigxina kubalwa ngepesenti.	1%	1%	2.8%	1.8%	Ukuphucuka kwendlela ulwazi olufunyanwa ngayo noluchaneke ngayo. Umsebenzi wokuphucula ubangele ukwanda kweendawo zokusebenzela kumntu ngamnye.
Umsetyenzana 2.4: Ulwakhiwo						
2.2	Ukunika abantu namaziko ancedwayo izibonelelo nendawo yokuhlala okanye nokusebenzela eza kuhlala ikho.					
2.2.1	Inani leeprojekthi ezinkulu nezokulungisa ezigqityiweyo.	243	211	258	47	Ukusetyenziswa kwezi zivumelwano zinemiqathango ethile zikhoyo ngoku kuliphungule ixesha elithathwayo ukwenza umsebenzi.

No	IiNjongo eziCwangcisiweyo/Izalathisi	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Iithagethi eziplaniweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngonxaxho
Uninzi lwezalathisi zokwenziwa komsebenzi kuzwelonke kwiiNkonzo zeziThuthi zikaWonke-wonke zixhomekeka kwinqanaba labantu abafuna ezi nkonzo ke ngoko ukufikelela kwiziphumo ezibekiweyo kungaphaya kwamandla eDTPW.

Utshintsho kwiziphumo ekujoliswe kuzo

Khange kubekho tshintsho kwiziphumo ekujoliswe kuzo.

Inkcitho yoMsetyenzana

Itheyibhile 28: UMsebenzi 4: IMisebenzi yezoThutho: Inkcitho yoMsetyenzana

UMsetyenzana		2016/2017			2015/2016		
		Ulwabiw o-mali lokugqibela R'000	Eyona nkciitho R'000	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi R'000	Ulwabiw o-mali lokugqibela R'000	Eyona nkciitho R'000	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi R'000
4.1	Imisebenzi yeNkxaso yeNkqubo	2 329	2 251	78	3 051	1 568	1 483
4.2	IiNkonzo zeziThuthi zikaWonke-wonke	1 097 000	1 096 342	658	982 525	981 725	800
4.3	Ukhuseleko lweziThuthi nokuThotyela kweMithetho	11 142	10 912	230	30 461	29 960	501
4.4	Iinkqubo zezoThutho	79 085	78 782	303	26 804	25 787	1 017
Itotali		1 189 556	1 188 287	1 269	1 042 841	1 039 040	3 801

4.5 UMsebenzi 5: ULawulo lwezoThutho

Injongo

Injongo yalo Msebenzi kukulawula icandelo lezothutho ngokubhalisa kunye nokukhupha iilayisenisi zezithuthi, zemibutho, zemibutho yezithuthi, kunye nezabaqhubi; ngokukhuthaza ukhuseleko ngokusebenzisa iinkonzo zokulwa ulwaphulo-mthetho ezindleleni, ukukhokela amaphulo okufundisa, okwazisa nokulumkisa ngeengozi ezindleleni, kunye neendlela zokusebenzisa izitishi zokulinganisa ubunzima bemithwalo kwizithuthi; kunye nokuqeqesha amagosa ogcino-mthetho nangamapolisa endlela.

Imisebetyenzana

- ULawulo lweCandelo lokuXhasa uMsebenzi
- ULawulo nokuKhutshwa kweeLayisenisi zeziThuthi
- IiLayisenisi namaPhepha-mvume eMibutho yezoThutho
- UGcino-mthetho

IiNjongo eziCwangcisiweyo

5.1	Ukuphucula ulawulo kwimithetho yecandelo lezothutho.
5.2	Ukuphucula ukhuseleko kwizithuthi ezihamba ezindleleni.
5.3	Ukuqalisa inkonzo yolawulo lwezithuthi ezindleleni esebenzayo, enamagosa aqeqeshiweyo nesekelwe kwimithetho engqingqwa.

Iinjongo eziCwangcisiweyo, izalathisi zokwenziwa komsebenzi, iithagethi eziplaniweyo kunye nokona kuphunyeziweyo

Lo Msebenzi uncedisa kwiNjongo eCwangcisiweyo eJoliswe kwiziPhumo yeSebe 3: Ukubonelela ngeenkono zothutho ezikhuselekileyo, ezisebenzayo nezihlangeneyo eNtshona Koloni.

IDTPW isigqibile isigaba sokuqala seprojekthi yokubhala izivumelwano zomgangatho weenkono (iiSLA) elawula umsebenzi weenkampani ekuza kusetyenziswana nazo eziza kubhalisa (iiRA), iiDLT kunye neeVTS. Njengenxalenye yale projekthi, kuye kwacetywa indlela entsha yokubhatala emva kokuba kubanjwe iindibano zokubonisana nabo bonke oomasipala. Kodwa le ndlela yokubhatala kuthiwa ibiza imali eninzi kakhulu ke ngoko ukuqaliswa kwayo kuye kwamiswa. IDTPW iza kube isebenzisa le ndlela ikhoyo yokubhatala, ngelithuba iza kuthatha inxaxheba neNDoT kunye namanye amaphondo ekuqulunqeni iSLA yesizwe enokusetyenziswa ngamaphondo kodwa aqale ngokuyitshintsha ihambelane neemeko zawo njengoko imithetho yesizwe yendlela isitsho. IDTPW ibamba intlanganiso rhoqo noMbutho woMasipala boMzantsi Afrika (iSALGA) ukuze ixelele lo mbutho kunye noomasipala abaphantsi kwawo ngenkqubo nangako konke okwenzekayo.

Uphando oluqhutyiweyo malunga nokuba yeyiphi eyona ndlela ingcono kulawulo kunye nemisebenzi yeeVTS lukhokelele ekubeni kuziwe neziphakamiso ngaphambili ezithe zaqwalaselwa, kodwa kuthe kwabonwa ukuba ngokwangoku iindleko zazo zisengaphaya kwepokotho yeSebe. IDTPW iza kuphinda iziqwalasele ezi ziphakamiso

wakuba umthetho wesizwe ocetywayo omalunga nokuvavanywa kwezithuthi oluqhutywa ngamaxesha athile ugqityiwe yiNDoT. Akukho xesha libekiweyo lokuqala kokusetyenziswa komthetho omtsha wokuvavanya izithuthi ngamaxesha athile.

Ukuqeqeshwa nokuqeshwa kwamagosa endlela anezakhono ezikudidi oluphezulu kusengumba ophambili kwaye ukufakelwa kobuxhaka-xhaka bokukwazi ukufundisa ngeintanethi nobokubamba iintlanganiso nabantu abakumanye amaZiko ePhondo oQeqesho ngeMthetho yezeNdlela eGene Louw Traffic College kungumzekelo womsebenzi owenziweyo apha enyakeni. Le Kholeji yoQeqesho ngezeNdlela ikwabhaliswe njengeVTS kunye nanjengeDLTC into leyo eza kwenza ukuba lande inani labo baqhuba uqeqesho nabafundisa ngokulwa ulwaphulo-mthetho kule Kholeji.

IDTPW iqhubekile nokvavanya kunye nokuyila ubuxhaka-xhaka bokulwa ulwaphulo-mthetho obufakelwa kwisithuthi obuye busebenzisane nobuxhaka-xhaka beANPR neekamera zeASOD.

IDTPW iqhubekile nokufakana imilomo neNDoT noomasipala ukuze kulawulwe futhi kuphungulwe umonakalo owenziwa ziRA osukela kwityala ibinalo nenkampani esebenza ngeeNATIS. Ukulibaziseka ekufakeleni nasekulungiseni iILCU kuphinde kwawuchaphazela umsebenzi weDLTC.

IPRE ibhale imigaqo efanelekileyo eza kulandelwa xa kubanjwe iindibano zokunika ubungqina ezibizwe ngokwecandelo 79 leNLTA ezinokukhokelela kunqunyanyiso, kurhoxiso okanye ekucinyweni kwelayisenisi yokuqhuba izithuthi ezilayisha abantu. Le migaqo ibhalwe emva kokuba kufunyenwe iingcebiso kwiZiko lezoMthetho leSebe leNkulumbuso kunye nabaphathi becandelo lezithuthi zikawonke-wonke.

Njengenxalenye yokuhlala ubani ephucula izakhono, uhlolo lwamagosa asanda kuqeshwa asele eluphumelele uqeqesho lwawo luqhutyiwe, wona amagosa asebenza ezindleleni uqeqesho lwawo luqhutywe kusetyenziswa i-intanethi.

Ukuhlola nokuvavanya imisebenzi eyenziwa kumaphulo okulwa ulwaphulo-mthetho ezindleleni kuqhubekile ngo-2016/17 ukuze kubonwe ezona ndlela zisebenzayo kakhulu kuze kulungiswe ezo ziqhwalelayo. Ukuqaliswa kweDSP elingwayo kwisiThili saseOverberd kuye kwavavanywa kusetyenziswa isicwangciso-sikhokelo esihlola iprojekthi iyonke.

Bekuyingxaki nakulo unyaka ukungasebenzi kakuhle kobuxhaka-xhaka beteknoloji ukuze buncede xa kukhutshwa iilayisenisi zokuqhuba izithuthi zikawonke-wonke.

INational Land Transport Information System (NLTIS) ayisetyenziswa yiPRE yaseNtshona Koloni ngenxa yokuba inengxaki endala yokungasebenzi kakuhle nokuba ingakwazi ukusebenzisana neNLTA nobunye obuxhaka-xhaka beintanethi bokusebenza beSebe. INDoT ngoku ilala obungehliyo izamana neNLTIS. IDTPW nayo imaxhaphetshu ikhangela ezinye iindlela zokuyila ubuxhaka-xhaka beteknoloji ubuza kuhambelana futhi busebenzisane nobunye obusacetywayo bukarhulumente kazwelonke nobabomasipala.

IPRE iseyiyo eyenza umsebenzi wamaphondo weQumrhu leSizwe eliLawula iziThuthi zikaWonke-wonke (INPTR) malunga nezithuthi ezisetyenziselwa ukuthutha abakhenkethi phantsi koMmiselo 47 weMithetho yeSizwe yeziThuthi zaseMhlabeni (2009). Ngokwangoku awukho omnye umsebenzi owenziwa yiNPTR.

Iinjongo ezicwangcisiweyo, izalathisi zokwenziwa komsebenzi, iithagethi eziplaniweyo kunye nokona kuphunyeziweyo zikule theyibhile ingezantsi.

IiNjongo eziCwangcisiweyo

Itheyibhile 29: UMsebenzi 5: ULawulo lwezoThuthi: IiNjongo eziCwangcisiweyo

No	IiNjongo eziCwangcisiweyo / Izalathisi	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziphaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
UMsetyenzana 5.2: ULawulo nokuKhutshwa kweeLayiseninsi zeziThuthi						
5.1	Ukuphucula ulawulo lwemithetho elawula ezothutho.					
5.1.1	Inani lamanyathelo ezolawulo aphunyeziweyo.	2	2	2	0	-
Umsetyenzana 5.4: Ukulwa ulwaphulo-mthetho						
5.2	Ukuphucula ukhuseleko ezindleleni.					
5.2.1	Inani labantu abasweleke kwiingozi zendlela kubantu abangama-100 000.	23	18	21	(3) (16%)	Ukwanda kwenani lezithuthi ezindleleni zezinye zezizathu ezibangela ukuba umsebenzi ungafikeleli kwinqanaba elifunekayo.
5.3	Ukuqalisa inkonzo yolawulo lwezithuthi ezindleleni esebenzayo, enamagosa aqeqeshiweyo nesekelwe kwimithetho engqingqwa.					
5.3.1	Inani lamaphulo okulwa ulwaphulo-mthetho ezindleleni aqhutyiweyo.	6 941	7 240	7 251	11 0.2%	Mncinci umahluko kumsebenzi ogqithisileyo kulo ubumiselwe.
5.3.2	Inani lamaphulo okufundisa nokulumkisa abanjliweyo aqhutyiweyo.	658	480	782	302 63%	Amaphulo atyebileyo okufundisa ngeDSP yaseOverberg elingwayo kunye nezicelo zokuncedisa kula maphulo ezivela kumahlakani ethu.

Izalathisi zokwenziwa komsebenzi

Itheyibhile 30: Umsebenzi 5: ULawulo lwezoThutho: Izalathisi zokwenziwa komsebenzi

No	Izalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
Umsetyenzana 5.2: ULawulo nokuKhutshwa kweeLayisenisi zeziThuthi								
5.1.1.1	Inani lamaphulo okuhlola ukuba imithetho iyathotyelwa na aqhutyiweyo	370	367	390	390	390	0	-
Umsetyenzana 5.3: IiLayisenisi namaPhepha-mvume eMibutho yezoThutho								

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
5.1.1.2	Inani leendibano zokunika ubungqina zeQumrhu lePhondo (iPRE) ezibanjiweyo	n/a	n/a	111	120	113	(7) (6%)	Kulo nyaka, icandelo lezithuthi zikawonke-wonke belihlutshwa ziziganeko zobundlobongela obubangelwa kukunyibelana iindlela neendawo zokulayisha. Oku kuye kwakhokelela ekubeni zibe mbalwa izicelo ezifunyenwe yiPRE ngenxa yokuba ezinye iinkonzo bezinqunqanyisiwe kwezinye iindawo.
5.1.1.3	Inani lemibutho yeeteki ebezibambe iiAGM	134	132	98	115	105	(10) (9%)	Ungquzululwano phakathi kwemibutho yeeteki lubangele ukuba iiAGM ebezihleliwe zitshintshwe zibanjwe kulo nyaka-mali uzayo.

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
Umsetyenzana 5.4: UGcino-mthetho								
5.3.1.1	Inani lamaphulo okujonga isantya ekuqhutywa ngaso aqhutyiweyo	n/a	2 276	3 085	2 500	4 708	2 208 88%	Ukufakwa nokuqalisa ukusebenzi kweekhamera eziBala iSantya ngokweXesha noMgama kwiindlela zesizwe kube negalelo ekubeni iziphumo zibe ngaphezulu kwezi bezicwangcisiwe.
5.2.1.1	Inani lezithuthi ezilinganiswe ubunzima	658 256	673 920	668 101	674 000	591 064	(82 936) (12%)	Imisebenzi ebisenziwe ngamanye amahlakani asebenzayo ibe negalelo kwezi ziphumo zingaphantsi kwezo bezicwangcisiwe.

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
5.3.1.2	Inani lamaphulo aqhutyiweyo okukhangela abantu abaqhuba besele	n/a	n/a	1 421	2 340	2 467	127 5%	Amaphulo andileyo aquka namaphulo ebeqhutywa ngamanye amahlakani afana neSAPS namasebe ezendlela oomasipala.
5.2.1.2	Inani lezithuthi ezimisiweyo zahlolwa	n/a	n/a	1 170 701	1 185 000	1 128 873	(56 127) (5%)	Imililo yamadlelo nemingcelele yoqhankqalazo ziwachaphazele amaphulo okulwa ulwaphulo-mthetho ebecetyelwe ukuhlola izithuthi.

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
5.2.1.3	Inani lamaphulo okufundisa ngokhuseleko ezindleleni	n/a	634	384	420	562	142 33%	IsiCwangciso soKhuseleko sesiThili saseOverberg esilingwayo sinyanzelise ukuba kubekho amaphulo amaninzi kunye nezicelo zethutyana. Ibingcono indlela izicelo eziphendulwa ngayo kunye nocwangciso oluqhutywe ngawo.

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
5.2.1.4	Inani lezikolo ezithathe inxaxheba kumaphulo okufundisa ngokhuseleko ezindleni	n/a	362	281	345	361	16 5%	Ngokusebenzisana ne-SANRAL sibambe iindibano zokufundisa ngeSTEP ezikolweni ezikumgama ozikhilomitha ezintlanu ukusuka kwiindlela zesizwe. Ibingcono indlela izicelo eziphendulwa ngayo kunye nocwangciso oluqhutywe ngawo.
5.3.2.1	Inani labafundi abaphumelela izifundo zoqeqesho lemithetho yendlela njengepesenti yabafundi ababhalisele ukufunda uqeqesho kumaziko abhaliselwe oko	n/a	n/a	(94%) 149	88% 130	98% 154	10% 24	Abafundi abali-1157 bathathe inxaxheba kuqeqesho oluqhutywa kumaziko abhaliselwe oko.

Amacebo okunceda kwiindawo ezibonakalisa umsebenzi onganelisiyo

Kusetyenziswa amacebo amaninzi ukuze kuphuculwe indlela owenziwa ngayo umsebenzi.

- Iileta zithunyelwe kuyo yonke imibutho yeeteki engekazibambi iiAGM ezisesinye izinyanzeliso esibalulekileyo.
- Amaphulo okusezela nokubona umonakalo ungekehli ayaqhutywa ngokuthi kubanjwe rhoqo iindibano nemibutho yezithuthi zikawonke-wonke/imibutho emele amaqela athile/amahlakani. Oku kuza kunceda urhulumente ukuba apheke amaqhinga asemxholweni ukuze kulungiswe ingxaki ezidla umzi malunga neendibano zePRE zokunika ubungqina ebezibanjiwe.
- Kuza kuthunyelwa amagosa kwizinto ezingacetywanga ezenzeka ezindleleni eziquka imingcelele yoqhankqalazo, ukukhatshwa kwezithuthi ezilayishe imithwalo emikhulu ngokugqithisileyo, kunye nezinye iinkonzo zoncendo.

Utshintsho kwiziphumo ebezicwangcisiwe

Khange kubekho tshintsho kwiziphumo ebezicwangcisiwe.

Inkcitho yoMsetyenzana

Itheyibhile 31: Umsebenzi 5: ULawulo lwezoThutho: Inkcitho zomsetyenzana

Umsetyenzana	2016/2017			2015/2016		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi R'000
5.1 Imithetho eLawulo iNkxaso yeNkqubo	6 964	6 949	15	7 663	7 662	1
5.2 ULawulo lwezoThutho nokuKhutshwa kweeLayisenisi	337 557	335 150	2 407	319 640	319 629	11
5.3 ILayisenisi sokuSebenza namaPhepha-mvume	56 806	56 806	-	52 646	52 645	1
5.4 UGcinomthetho	289 398	283 068	6 330	280 774	280 739	35
Itotali	690 725	681 973	8 752	660 723	660 675	48

4.6 Umsetyenzana 6: Imisebenzi eQhutywa ekuHlalani

Injongo

Injongo yalo Msebenzi kukulawula nokuqalisa iinkqubo nezincwagciso eziza kukhokelela ekubeni kuphuhlise futhi kuxhotyiswe nangezakhono abantu kunye neenkampani ezisakhasayo, kuquka nolawulo oluza kwenziwa liphondo leNkqubo eNatyisiweyo yemiSebenzi yoLuntu (iEPWP).

Imisetyenzana

- Inkxaso yeMisebenzi eQhutywa ekuHlalani
- Ukuyila nokuxhobisa
- Ukulungelelanisa nokuHlola ukuThotyelwa kweMithetho

Iinjongo eziCwangcisiweyo

- | | |
|-----|---|
| 6.1 | Ukuncedisa kuhlumo loqoqosho nokwandiswa kwamathuba emisebenzi esisigxina kwiindawo zabantu bakuthi ngokusebenzisa amaphulo ophuhliso nokuxhobisa ngezakhono anxulumene nokwakha. |
| 6.2 | Ukuqhuba umsebenzi wokulawula nobeka phantsi kweliso imisebenzi yeEPWP eqhutywa ngamaqumrhu aqeshelwe lo msebenzi. |

Iinjongo ezicwangcisiweyo, izalathisi zokwenziwa komsebenzi, iithagethi eziplaniweyo kunye nokona kuphunyeziweyo

Lo Msebenzi uncedisa kwiNjongo eCwangcisiweyo eJoliswe kwiziPhumo yeSebe 1: Andisa amaphulo ophuhliso nawokudala imisebenzi eNtshona Koloni. Oku kuza kwenzeka:

- Ngokukhokela iEPWP eNtshona Koloni. Iphulo lokudala imisebenzi liza kuququzelelwa, kuwo onke amaqoqo karhulumente kunye nakwicadelo labucala, ukuze kufikelelwe kwiziphumo iphondo elijolise kuzo. Imibutho eli-12 yephondo yeEPWP igciniwe aze amaqumrhu karhulumente angama-40 afumana uncedo ngezobuchule;
- Ngokukhokela iinkqubo zokukhulisa amashishini asakhasayo: Ezi nkqubo ziquka uqeqesho lwezakhono noshishino, iindibano zokwabelana ngolwazi, uQeqesho lesiGaba esiseZantsi; iNkqubo yoQeqesho nokuFundisa ekuDidi oluPhezulu, kunye neeEmpla zethenda ezixabisa imali engaphezulu kwizigidi zeerandi ezihlanu; kunye
- Nokunika amathuba ophuhliso olungezakhono ezinxulumene nobuchule bokwakha, kuquka ukuqeqeshwa usemsebenzini, imisebenzi yezandla enxulumene nobuchule bezokwaha kunye noqeqesho kwizakhono njengexalenye yeNYS, uqeqesho kwizakhono zobugcisa kumacandelo obugcisa afana nokufakela umbane, ukuwelda, ukuchwela kunye nokutywina njengenxalenye yeApprenticeship Game-Changer yaseNtshona Koloni.

Iinjongo ezicwangcisiweyo, izalathisi zokwenziwa komsebenzi, iithagethi eziplaniweyo kunye nokona kuphunyeziweyo zikule theyibhile ingezantsi.

liNjongo eziCwangcisiweyo

Ittheyibhile 32: Umsebenzi 6: Imisebenzi eQhutywa ekuHlaleni: liNjongo eziCwangcisiweyo

No	liNjongo eziCwangcisiweyo / Izalathisi	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2015/2016	Izimvo ngoxhaxho
Umsetyenzana 6.3: Ukuyila nokuxhobisa						
6.1	Ukuncedisa kuhlumo loqoqosho nokwandiswa kwamathuba emisebenzi esisigxina kwiindawo zabantu bakuthi ngokusebenzisa amaphulo ophuhliso nokuxhobisa ngezakhono ezinxulumene nokwakha.					
6.1.1	Inani leenkqubo zophuhliso lecandelo lezobuchule bokwakha eziqhutyiweyo.	3	3	3	0	-
Umsetyenzana 6.4: Ukulungelelanisa nokuHlola ukuThotyelwa kweMithetho okuQhutywa liPhondo						
6.2	Ukuqhuba umsebenzi wephondo wokulawula nobeka phantsi kweliso imisebenzi yeEPWP eqhutywa ngamaqumrhu aqeshelwe lo msebenzi.					
6.2.1	Inani lamaQumrhu ePhondo eEPWP asekhona.	12	12	12	0	-

Izalathisi zokwenziwa komsebenzi

Itheyibhile 33: Umsebenzi 6: ImiSebenzi eQhutywa ekuHlaleni: Izalathisi zokwenziwa komsebenzi

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
Umsetyenzana 6.3: Ukuyila nokuxhobisa								
6.1.1.1	Inani lamaphulo okuphuhlisa abaxhamli	4	4	3	3	3	0	-
Umsetyenzana 6.4: Ukulungelelanisa iEPWP nokuHlola ukuThotyelwa kweMithetho okuQhutywa liPhondo								
6.2.1.1	Inani lamaqumrhu karhulumente anika ingxelo ngeziphumo zeEPWP ekujoliswe kuzo ePhondweni*	n/a	40	40	40	40	0	-

No	Isalathisi soKwenziwa koMsebenzi	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2015/2016	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Okona kuphunyeziweyo 2016/2017	Unxaxho kwiithagethi ebeziplaniwe ukuphumeza ezona njongo 2016/2017	Izimvo ngoxhaxho
6.2.1.2	Inani lamaphulo okungenelela aqalisiweyo ukuxhasa amaqumrhu karhulumente akwazi ukufikelela kwinani lemisebenzi ekujoliswe kulo liphondo.	n/a	53	88	80	81	1 1%	Kuye kwafunyanwa esinye isicelo esisuka kumaqumrhu enza umsebenzi.

Qaphela: *Isalathisi senani ekufuneka kufikelelwe kulo asidibanisi nezinye iinkcukacha zangaphambili.
N/a – ayingeni njengoko esi isisalathisi esitsha.

Amacebo okunceda kwiindawo ezibonakalisa umsebenzi onganelisiyo

IDTPW yanelisekile ukuba imithetho namacebo afanelekileyo akhona ukuze aqinisekise ukuba umgangatho wokunikwa kweenkonzo obekiweyo kuyafikelelwa kuwo.

Utshintsho kwiziphumo ekujoliswe kuzo

Khange kubekho tshintsho kwiziphumo ekujoliswe kuzo.

Inkcitho yomsetyenzana

Itheyibhile 34: Umsebenzi 6: Imisebenzi eQhutywa ekuHlaleni: Inkcitho yomsetyenzana

IGama loMsetyenzana	2016/2017			2015/2016		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkciho R'000	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi R'000	Ulwabiwo-mali lokugqibela R'000	Eyona nkciho R'000	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi R'000
6.1 INkxaso yeNkqubo: uLuntu	1 925	1 731	194	2 412	1 929	483
6.2 Uphuhliso loLuntu*	-	-	-	-	-	-
6.3 UYilo noXhotyiso	42 285	39 292	2 993	36 841	30 956	5 885
6.4 ULawulo lweEPWP nokuHlolwa kokuThotyelwa kweMithetho	15 200	14 839	361	14 910	13 700	1 210
Itotali	59 410	55 862	3 548	54 163	46 585	7 578

Qaphela: *Umsetyenzana 6.2: Uphuhliso loluntu ngokwebhajethi efanayo kaNondyebo weSizwe kunye nesakhiwo seNkqubo azisetyenziswa njengoko zingeyonxalenye yemisebenzi i-DTPW egunyaziswe yona.

5 Udluliselo lweentlawulo

5.1 Udluliselo lweentlawulo kumaqumrhu karhulumente

Khange kudluliselwe zintlawulo kumaqumrhu karhulumente.

5.2 Udluliselo lweentlawulo kuyo yonke imibutho engengomaqumrhu karhulumente

Le theyibhile ingezantsi inika iinkcukacha ngodluliselo lweentlawulo olwenziwa phakathi komhla woku-1 kuTshazimpuzi 2016 ukuya koKweyoKwindla wama-31 kweyoKwindla 2017wama-31 kweyoKwindla 2017kuMsebenzi ngamnye.

Umsebenzi 2: IziBonelelo zeMisebenzi kaRhulumente

Udluliselo lweentlawulo kumasipala ngamnye kwaba badweliswe kule theyibhile kumalunga nentlawulo yeenkonzo zikamasipala kwizakhiwo zephondo kunye nezo kuthathwa ngokuba zezephondo.

Ittheyibhile 34: Umsebenzi 2: Udluliselo lweentlawulo malunga neentlawulo zemihlaba

Igama lalowo udlulisele intlawulo	Imali ehlawuliweyo (R'000)
Beaufort West	1 837
Bellville	101 827
Berg River	1 190
Bitou	765
Blaauberg	23 105
Breede Valley	7 124
Cape Agulhas	682
Cape Town	263 247
Cederberg	1 530
Drakenstein	15 109
George	7 006
Hessequa	2 165
Kannaland	1 982
Knysna	2 481
Laingsburg	290
Langeberg	1 218
Matzikama	1 674
Mossel Bay	280
Oostenberg	27 642
Oudtshoorn	6 050
Overstrand	1 801
Prince Albert	103
Saldanha Bay	4 285
Somerset West	37
Stellenbosch	9 627
Swartland	2 305
Swellendam	1 449
Theewaterskloof	4 130
Vredendal	14
Witzenberg	5 584
Itotali	496 539

Umsebenzi 3: IziBonelelo zezoThutho

Le theyibhile ingezantsi ibonisa udluliselo lweentlawulo obelwenziwe phakathi komhla woku-1 kuTshazimpuzi 2016 noKweyoKwindla wama-31 kweyoKwindla 2017wama-31 kweyoKwindla 2017nguMsebenzi 3: IziBonelelo zezoThutho.

Igama lalo udlulisele intlawulo	Izinto le mali esetyenziselwe zona	Ukusebenza ngokwemigqaliselo yecandelo 38 (1) (j) lePFMA	Imali edluliselweyo (R'000)	Imali esetyenziswe leli qumrhu (R'000)	Izizathu zemali engasetyenziswanga liqumrhu
IKapa	Ukucwangcisa, ukulondoloza kunye nokuphucula izibonelelo zezothutho kunye nezinye ezihambelana nazo kwiindlela eziphantsi kweCoCT ezizikhilomitha ezingama-292 ubude zizonke.	Ithotyelwe	18 000	14 599	Ukusekwa kweQumrhu loPhuhliso lwezoThutho nesiXeko kuye kwafuna ukuba kufakwane imilomo namahlakani amaninzi asebenza kumacandelo karhulumente ahlukeneyo ezokucwangcisa ukuze kubekho ukuhambelana phakathi kwezicwangciso zesixeko nezothutho into leyo ifunekayo ukuze kuqulunqwe iITP ezeleyo.
Berg River	Ukunceda/ukubonelela oomasipala abanoxanduva lokulungisa/lokwenza iindlela eziphantsi kwabo ngokomthetho apho umasipala inguye iqumrhu elinegunya lokukhathalela iindlela. (ICandelo 50 loMthetho 19 ka-1976).	Ithotyelwe	74	74	-
Bitou		Ithotyelwe	2 754	2 754	-
Breede Valley		Ithotyelwe	152	152	-
Cape Agulhas		Ithotyelwe	52	52	-
Cederberg		Ithotyelwe	45	45	-
Drakenstein		Ithotyelwe	19 903	19 903	-
George		Ithotyelwe	5 734	5 734	-
Hessequa		Ithotyelwe	111	111	-
Laingsburg		Ithotyelwe	49	49	-
Langeberg		Ithotyelwe	100	100	-

Igama lalo udlulisele intlawulo	Izinto le mali esetyenziselwe zona	Ukusebenza ngokwemigqaliselo yecandelo 38 (1) (j) lePFMA	Imali edluliselweyo (R'000)	Imali esetyenziswe leli qumrhu (R'000)	Izizathu zemali engasetyenziswanga liqumrhu
Matzikama		Ithotyelwe	64	64	-
Mossel Bay		Ithotyelwe	59	59	-
Oudtshoorn		Ithotyelwe	115	115	-
Overstrand		Ithotyelwe	137	137	-
Prince Albert		Ithotyelwe	49	49	-
Saldanha Bay		Ithotyelwe	126	126	-
Swartland		Ithotyelwe	11 938	11 938	-
Theewaterskloof		Ithotyelwe	117	117	-
Witzenberg		Ithotyelwe	120	120	-
Itotali			59 699	56 298	

Ukudluliselwa kwentlawulo koomasipala abakwiHlelo B lwenziwa kuphela zakuba izicelo zamabango zenziwe. IiSLA zityikitywa nabo bonke oomasipala. ECoCT, intlawula zidluliselwe kwangaphambili ngokweeprojekthi ebekuvunyelelwe ngazo. Ukudluliselwa kwemali kuhlolwa ngenkqubo yokunika ingxelo ebizwa i-*In-Year Expenditure Monitoring and Reporting and Grant Framework*.

Umsebenzi 4: ImiSebenzi yezoThutho

Le theyibhile ingezantsi ineenkcukacha ngodluliselo lweentlawulo olwenziwe phakathi komhla woku-1 kuTshazimpuzi 2016 noKweyoKwindla wama-31 kweyoKwindla 2017wama-31 kweyoKwindla 2017nguMsebenzi 4: ImiSebenzi yezoThutho.

Itheyibhile 35: Umsebenzi 4: Udluliselo lweentlawulo

Igama lalo udlulisele intlawulo	Izinto le mali esetyenziselwe zona	Ukusebenza ngokwemigqaliselo yecandelo 38 (1) (j) lePFMA	Imali edluliselweyo (R'000)	Imali esetyenziswe leli qumrhu (R'000)	Izizathu zemali engasetyenziswanga liqumrhu
iKapa	Ukunceda abantu abasebenzisa izithuthi zikawonke-wonke ingakumbi abo bafuna uncedo oluloludwa ukuba bakwazi ukuhamba-hamba.	Idluliselwe ngokwalo mthetho	10 000	10 000	-

Igama lalo udlulisele intlawulo	Izinto le mali esetyenziselwe zona	Ukusebenza ngokwemigqaliselo yecandelo 38 (1) (j) lePFMA	Imali edluliselweyo (R'000)	Imali esetyenziswe leli qumrhu (R'000)	Izizathu zemali engasetyenziswanga liqumrhu
George	<p>Ukunceda uMasipala waseGeorge ukuba akwazi ukunikezela ngeenkonzo zezithuthi zikawonke-wonke njengoko iGIPTN isitsho.</p> <p>Ukubonelela ngemali yokongeza eza kuncedisa kwizithuthi zikawonke-wonke zikaMasipala waseGeorge.</p> <p>Imali yokongeza eza kuncedisa kule yemisebenzi ithe yaphela esithubeni.</p> <p>Ukubonelela ngolunye uncedo kwimisebenzi ukuze lusetyenziswe njengento yokubambisa xa kuthe kwakho umonakalo omkhulu emsebenzini kunye nokunceda kwingxaki enkulu yokuzisa iingunqu.</p> <p>Ukuncedisa kwizibonelelo zeenkonzo zezithuthi zikawonke-wonke ezikhutshwa nguMasipala waseGeorge.</p> <p>Ukuncedisa kule mali yemisebenzi ithe yawa esithubeni.</p>	Idluliselwe ngokwalo mthetho	150 544	45 191	<p>Kudluliselwe iintlawulo ezimbini nguMasipala. Imali yokuqala ibizigidi zeerandi ezingama-80,544 yaze enye ezizigidi zeerandi ezingama-70 yabhatlwa kwakuba kwenziwe uhlanga-hlangiso kwibhajethi yeDTPW. Imali ezizigidi zeerandi ezili-150,5 yona iye yahlulwa, ezizigidi zeerandi ezingama-48 yona yabekelwa izibonelelo ezikhulu yaze yona ezizigidi zeerandi ezili-102 yabelwa imisebenzi. Imali ezizigidi zeerandi eziyi-4,7 kule yezibonelelo zeentengo ezinkulu yona ibisele isetyenzisiwe ekupheleni kukaKweyoKwindla .</p> <p>Malunga nale ibibekelwe imisebenzi, ezizigidi zeerandi ezingama-40,4 yona ibisele isetyenzisiwe ekupheleni kukaKweyoKwindla . Ukulibaziseka ekuqaliseni isiGaba sesi-4 kukhokelele ekubeni kubenenkcitho engaphantsi kwale ibilungiselelwe. Noko kunjalo umasipala unethemba lokuba uza kuyisebenzisa yonke imali ebeyabelwe ekupheleni konyaka-mali kamasipala (30 Juni 2017).</p>

Igama lalo udlulisele intlawulo	Izinto le mali esetyenziselwe zona	Ukusebenza ngokwemigqaliselo yecandelo 38 (1) (j) lePFMA	Imali edluliselweyo (R'000)	Imali esetyenziswe leli qumrhu (R'000)	Izizathu zemali engasetyenziswanga liqumrhu
Stellenbosch	Ukwakha izibonelelo zeNMT kuMasipala wesiThili saseStellenbosch njengexalanye yePSTP (eyayiyiPPTIF ngaphambili).	Idluliselwe ngokomthetho	4 000	0	UMasipala waseStellebosch uqeshe iinkampani ezimbini ukuba zigqibezele iiprojekthi zezibonelelo zeNMT ezikhokeliswe phambili. Umsebenzi bekufanele ukuba uqale nge-08/05/2017, yona ibidluliselwe kulindeleke ukuba isetyenziswe ekupheleni konyakamali kamasipala (30 Juni 2017).
Itotali			164 544	55 191	

Le theyibhile ingezantsi ibonisa imali ibibhatelwe zinkampani zabucala.

Ittheyibhile 36: Umsebenzi 4: Udluliselo lweentlawulo kumashishini abucala

Uhlobo lodlulisele imali	Igama lodlulisele intlawulo	Izinto le mali esetyenziselwe zona	Ukusebenza ngokwemigqaliselo yecandelo 38 (1) (j) le-PFMA	Imali edluliselweyo (R'000)	Imali esetyenziselwe leli qumrhu (R'000)	Izizathu zemali engasetyenziswa nga liqumrhu
Amashishini abucala	GABS	Imali esisibonelelo sePTOG eya kwinkampani yeebhansi	Idluliselwe ngokomthetho	870 900	870 900	-
Imali iyonke ebhatalwe kwiinkampani zabucala:				870 900	870 900	

Ezi ntlawulo zihlolwa nge-In-Year Expenditure Monitoring and Reporting and Grant Framework.

5.3 Udluliselo lweentlawulo ebezibaliwe kwibhajethi, kodwa azadluliselwa

Le theyibhile ingezantsi ibonisa udluliselo lweentlawulo ebezibaliwe kwibhajethi yesithuba esiphakathi komhla woku-1 kuTshazimpuzi 2016 nowama-31 KweyoKwindla 2017, kodwa azadluliselwa.

Umsebenzi 3: IziBonelelo zezoThutho

Ittheyibhile 37: Umsebenzi 3: Udluliselo lweentlawulo ezibaliweyo kwibhajethi

Igama lodlulisele intlawulo	Izinto le mali esetyenziselwe zona	Imali ebekiweyo kwibhajethi (R'000)	Imali edluliselweyo (R'000)	Izizathu zemali engasetyenziswanga liqumrhu
Beaufort West	Ukunceda/ukubonelela oomasipala abanoxanduva lokulungisa/lokwenza iindlela eziphantsi kwabo ngokomthetho apho umasipala inguye iqumrhu elinegunya lokukhathalela iindlela. (ICandelo 50 loMthetho 19 ka-1976).	50	0	Izimali ezizibonelelo zibhatalwa kuphela ukuba ubungqina benkcitho yokwenyani kumsebenzi wokulungisa iindlela onokuhlawulwa ngemali esisibonelelo bunikwe iDTPW. Akukho mali isisibonelelo ebekufakwe isicelo sayo ngoomasipala ngo-2016/17.
Kannaland		50	0	
Knysna		81	0	
Stellenbosch		2 171	0	
Swellendam		50	0	
Itotali		2 402	0	

6 Isibonelelo-mali esinemiqathango

6.1 Isibonelelo-mali esinemiqathango kunye neemali ebezibekelwe bucala ezihlawuliweyo

Akukho sibonelelo-malo sinemiqathango nazimali bezibekelwe bucala ezihlawulwe yiDTPW.

6.2 Isibonelelo-mali esinemiqathango neemali ebezibekelwe bucala ezifunyenweyo

Le theyibhile ingezantsi ichaza imali nganye ibisisibonelelo-mali efunyenwe yiDTPW.

Isibonelelo-mali esinemiqathango: IsiBonelelo-mali esidibanisa neEPWP samaPhondo

Isebe elihlawule imali yokuncedisa	ImiSebenzi kaRhulumente
Injongo yemali yokuncedisa	Ukunika amasebe amaphondo inkuthazo ukuze andise amalinge awo okudala imisebenzi ngokusebenzisa iindlela zokunika iinkonzo ezifuna umsebezi wezandla nabantu abaninzi kula macandelo akhethiweyo alandelayo, ngokuhambelana nezikhokelo zeEPWP: <ul style="list-style-type: none"> • Ukulungiswa kweendlela nezakhiwo. • Iindlela ezinganazithuthi zininzi neendlela zasemaphandleni. • Ezinye izibonelelo zezoqoqosho nezentlalo. • Icandelo lezokhenketho nelenkcubeko. • Iindlela zokuphila ezizinzileyo ezixhomekeke emhlabeni. • Uthutho nolawulo lwenkunkuma.
Iziphumo ezilindelekileyo kwesi sibonelelo-mali	<ul style="list-style-type: none"> • Inani labantu abaqeshwe yiEPWP befumana imivuzo. • Ukwanda kwexesha elisetyenzwa ngabantu abaninzi kwezi zithuba zomsebenzi zivuliweyo.
Iziphumo zokwenyani ezifikelelweyo	<ul style="list-style-type: none"> • Amathuba emisebenzi adaliweyo ali-1 158. • IIFTE ezili-182.
Imali ngokweDORA etshintshiweyo (R'000)	14 691
Imali efunyenweyo (R'000)	14 691
Izizathu ukuba imali ayifunyanwanga ngokweDORA	n/a
Imali echithwe liSebe (R'000)	14 691
Izizathu zokuba imali ingasetyenziswa liqumrhu	n/a

Indlela yokuhlola esetyenziswa liSebe elifumene imali	IEPWP enika ingxelo yeEPWP ngeintanethi. Iingxelo zenyanga kusetyenziswa i-In-Year Monitoring Reporting, Quarterly Reporting, Evaluation Reporting kunye neMonthly DORA Compliance Reporting.
---	---

Isibonelelo-mali esinemiqathango: IsiBonelelo-mali sePhondo sokuLungiswa kweeNdllela (iPRMG)

Isebe elihlawule imali yokuncedisa	ElezoThutho
Injongo yemali yokuncedisa	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuncedisa kwimali esetyenziswa liphondo kumsebenzi wokulungisa iindlela wesiqhelo, kowenziwa ngamaxesha athile nakulowo ungakhange ucetywe. • Ukuqinisekisa ukuba zonke iindlela zihlelwa ngokweRISFSA kunye nezikhokelo zeziPhakamiso zobuGcisa zooHolo beNdllela (TMH) 26 RCAM. • Ukuqalisa nokusebenzisa ngokuthe gqolo iRoad Asset Management System (RAMS) ngokweziPhakamiso zobuGcisa zooHolo beNdllela (TMH) 22. • Ukuncedisa kwiiprojekthi zephondo zokulungisa iindlela neebhulorho ezonakaliswe zintlekele zendalo (umz., izikhukhula, izichotho, njl njl) ezibhengezwe ngokusemthethweni. • Ukuphucula imeko yeendlela ezancedisa kwizibonelelo zokuvelisa umbane. • Ukuphucula ukhuseleko ezindleleni kugxininiswa kakhulu kukhuseleko lwabahamba ngenyawo emaphandleni.
Iziphumo ezilindelekileyo kwesi sibonelelo-mali	<ul style="list-style-type: none"> • Inkqubo yokuhlala iindlela yonke igqityiwe kwaye ziyaqhubeleka nokulungiswa, kuquka nezo zisanda kuhlelwa, zintsha kunye neziphuculiweyo. • IRAMS esebenza ngokupheleleyo ngokwemiqathango yeTMH32 eyiyona mincinci kufuneka ithotyelwe liqumrhu lezendlela lephondo. • Uvavanyo lweemeko zeendlela kunye nokugqiba ngoluhlu lweeprojekthi eziphambili olukwiRAMS. • Le misebenzi ilandelayo yokwenyani yenziweyo ithelekiswa neziphumo ebekujoliswe kuzo ngo-2016/17 ezikwiRAMP yephondo ngalinye. <ul style="list-style-type: none"> o Inani leekhilomitha zeeleyini zendlela enetha ezihlaziyiweyo. o Inani leekhilomitha zeeleyini zendlela enetha apho itha iphinde yahlaziywa. o Inani lamabalana endlela asisikwere ubude nobubanzi aye aditywa ngetha (kuquka nokudiba izigingqi endleleni). o Inani leekhilomitha zendlela yegrabile eziphinde zagalelwa igrabile. o Inani leekhilomitha zendlela yegrabile ezikrwelwe ngosigandaganda. • Le misebenzi ilandelayo isekelwe kwizalathisi zokudalwa kwemisebenzi kwizwelonke. <ul style="list-style-type: none"> o Inani lemisebenzi edaliweyo. o Inani leeFTE ezidaliweyo. o Inani labantu abatsha (abaneminyaka yobudala ephakathi kweli-18 nengama-35) abaqeshiwe. o Inani labafazi abaqeshiweyo o Inani labantu abakhubazekileyo abaqeshiweyo. • Iinkcukacha zakutsha nje ezingemeko yeendlela ngokweTMH22 (ezifakelwe isamente phantsi nezingasanyentwanga), iinkcukacha ngezindlela kunye nengxelo ngemeko yeebhulorho ngomhla wama-30 Novemba 2016. • Inani leenkampani ezisakhasayo eziyinxalenye yeNkqubo yokuPhuhliso

	<p>iiNkampani ezisaKhasayo (iCDP).</p> <ul style="list-style-type: none"> Inani leenkampani ezinyuselweyo kusetyenziswa indlela yokuhlela iCIDB. 		
Iziphumo zokwenyani ezifikelelweyo	<p>Zonke iindlela zihlelwa ngokwezikhokelo zeRISFSA neRCAM. Iindlela ziyahlelwa kwakhona ngoku zenziwayo okanye ziphuculwayo. IRAMS isebenza ngokugcweleyo kwaye inazo zonke izinto ezifunekayo ezingoyena myinge mncinci, nangona inakho ukusalela ngasemva kuhlolo lweendlela olwenziwa ngamehlo. Kuyaqhutyekwa nokunikwa iinkcukacha ezintsha malunga nenani lezithuthi ezikuzo zonke iindlela ezindleleni zesithuba seminyaka emine. Phakathi kwezihlando zokubala, isantya inani lezithuthi ebelikade likhula ngaso siyasetyenziswa ukuze onke amanani asetyenziselwe ukuqikelela umyinge wonyaka wosuku nanini na amanani ezithuthi ezindleleni esetyenziswa xa kuhalutywa. Imisebenzi yokuhlola ngamehlo imeko yeendlela eziphantsi kolawulo leSebe igqityiwe. Umsebenzi wokuhlola ngobuchule, oquka ukulinganisa isimo sokuhambeka kwendlela, ukuvuleka kwemifolo endleleni ngenxa yamavili, ubude nobunzulu bale mifolo kunye nendlela umphezulu wendlela ovakala ngayo uqhutywa rhoqo emva kweminyaka emibini. Elokugqibela uhlobo lwalenziwe ngo-2014. Olulandelayo lwenziwa ngo-2016. Kodwa umsebenzi wokuqinisekisa iinkcukacha neziphumo uza kugqitywa ngomhla wama-31 Meyi 2017. Lo msebenzi ulandelayo wenziwe ngonyaka-mali ka-2016/17:</p>		
	Isalathisi	Iziphumo ekujoliswe kuzo	Iziphumo eziphunyeziweyo
	likhilomitha zendlela yegrabile elungisiweyo	60	58
	Amabalana endlela enetha ayimitha ubude nobubanzi alungisiweyo	32 000	31 860
	Inani leebhulorho ezenziweyo/ezilungisiweyo	1	2
	Inani leebhulorhwana ezingamatonela amancinci ezakhiweyo/ezilungisiweyo	49	40
	Amabalana endlela enetha ayimitha ubude nobubanzi ahlaziyiweyo	586 000	559 848
	Amabalana endlela enetha ayimitha ubude nobubanzi anetha ehlaziyiweyo	4 405 000	5 868 111
	likhilomitha zendlela yegrabile ephinde yagalelwa igrabile	65	133
	Amabalana endlela enetha ayimitha ubude nobubanzi aditywe izigingqi ngodaka lwetha	50 000	157 216
	likhilomitha ezikrwelelweyo	45 000	48 323
	Inani leebhulorho ezilungisiweyo/ezihlaziyiweyo	19	19
	Inani leebhulorhwana ezingamatonela amancinci ezilungisiweyo/ezihlaziyiweyo	51	56
Imali ngokweDORA etshintshiweyo (R'000)	830 729		
Imali efunyenweyo (R'000)	830 729		
Izizathu ukuba imali ayifunyanwanga ngokweDORA	n/a		
Imali echithwe liSebe (R'000)	830 729		

Izizathu zokuba imali ingasetyenziswa liqumrhu	n/a
Indlela yokuhlola esetyenziswa liSebe elifumene imali	IRoad Network Information System, BAS, In Year Monitoring Reporting, Rational Portfolio System, Quarterly Financial kunye nePerformance Reporting, Evaluation Reporting kunye neMonthly DORA Compliance Reporting.

Isibonelelo-mali esinemiqathango: IsiBonelelo-mali seMisebenzi yezoThutho

Isebe elihlawule imali yokuncedisa	ElezoThutho	
Injongo yemali yokuncedisa	Ukunceda ngemali yokongezelela ukuze incedisa kwiinkonzo zezithuthi zikawonke-wonke ezinikwa ngamasebe ezothutho amaphondo.	
Iziphumo ezilindelekileyo kwesi sibonelelo-mali	<ul style="list-style-type: none"> Inani lezithuthi ezincediswe ngesibonelelo-mali. Inani lezithuthi ezixhaswe ngesibonelelo-mali zizonke, kubalwa kudityaniswa zonke izihlandlo. Inani lezihlandlo zokukhwelisa ezicetyiweyo. Inani lezihlandlo zokukhwelisa ekukhweliswe ngazo. Inani labakhweli Inani leekhilomitha Inani labasebenzi. 	
Iziphumo zokwenyani ezifikelelweyo	Isibonelelo-mali ngesihlandlo sokukhwelisa ngasinye ekukhweliswe ngaso.	R628.32
	Isibonelelo-mali ngekhilomitha nganye ehanjiweyo.	R22.73
	Isibonelelo-mali ngomkhweli ngamnye.	R15.75
	Isibonelelo-mali ngesithuthi ngasinye.	R70 237
	Inani lezithuthi ezincediswe ngesibonelelo-mali.	1 066
	Inani lezithuthi ezixhaswe ngesibonelelo-mali zizonke ngonyaka, kubalwa kudityaniswa zonke izihlandlo.	12 728
	Inani lezihlandlo zokukhwelisa abakhweli ezicetyiweyo.	1 426 592
	Inani lezihlandlo zokukhwelisa ekukhweliswe ngazo.	1 422 856
	Inani labakhweli ngekhilomitha nganye ehanjiwe.	1.43
	Inani labakhweli kwishlandlo ngasinye ekukhweliswe ngaso.	40.04
Inani labasebenzi kwisithuthi ngasinye.	1.3	
Imali ngokweDORA etshintshiweyo (R'000)	870 900	
Imali efunyenweyo (R'000)	870 900	
Izizathu ukuba imali ayifunyanwanga ngokweDORA	n/a	
Imali echithwe liSebe (R'000)	870 900	
Izizathu zokuba imali ingasetyenziswa liqumrhu	n/a	

Indlela yokuhlola
esetyenziswa liSebe
elifumene imali

IDTPW isebenzisa inkqubo yokuhlola yekhomyutha ethe yeza neziphumo zezicelo zemali eziqinisekisiweyo eziphakathi kwama-90% nama-92%. In-Year Monitoring Reporting, Quarterly Reporting, Evaluation Reporting kunye neCompliance Reporting.

7 Iimali zabalizi

IDTPW khange ifumane mali yoncedo engamalizo.

8 Utyalo-mali kwiintengo ezinkulu

Utyalo-mali kwiintengo ezinkulu, ulondolozo kunye nolawulo lweeasethi xa zithelekiswa nemali esisabelo kwiVoti ikule theyibhile ingezantsi.

Iiprojekthi zezibonelelo	2016/2017			2015/2016		
	Ulwabiwo -mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkciho (R'000)	Inkcitho engaPhezulu/engap hantsi (R'000)	Ulwabiwo -mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkciho (R'000)	Inkcitho engaPhezulu/engap hantsi (R'000)
Iiasethi ezintsha nezokutshintsha ezinye	90 430	88 132	2 298	77 011	76 464	547
Izibonelelo ezikhoyo zeeasethi	3 545 336	3 540 151	5 185	3 416 468	3 378 352	38 116
Imisebenzi yokuphucula nokwandisa	654 893	654 893	-	587 134	587 134	-
Imisebenzi yokuhlaziya, yokulungisa nokuvuselela	2 089 059	2 089 059	-	2 050 737	2 027 078	23 659
Imisebenzi yokulondolozisa nokulungisa	801 384	796 199	5 185	778 597	764 140	14 457
Iimali yezibonelelo edluliselweyo	64 576	59 699	4 877	91 012	89 337	1 675
Iimali kwiintengo ezincinci	3 500	2 748	752	3 000	2 588	412
Iimali yeentengo ezinkulu	61 076	56 951	4 125	88 012	86 749	1 263
Itotali	3 700 342	3 687 982	12 360	3 584 491	3 544 153	40 338

IDTPW isebenzise i-99,67% yemali yonyaka ibiyabelwe kwizibonelelo. Umlinganiselo wenkcitho yeentengo ezinkulu xa uthelekiswa nowenkcitho yeentengo ezincinci uhleli

ungatshintshi kule minyaka-mali mibini idlulileyo, owenkitho kwiintengo ezinkulu kwinkcitho iyonke yi-78%, uze owenkitho kwiintengo ezincinci ube yi-22% yenkcitho iyonke.

8.1 IMisebenzi kaRhulumente wePhondo, utyalo-mali kwiintengo ezinkulu, ulondolozo nolawulo lweeasethi

Utyalo-mali kwiintengo ezinkulu, ulondolozo nolawulo lweeasethi zoMsebenzi 2: Imisebenzi kaRhulumente wePhondo xa zithelekiswa nesabelo zihlahlelwe apha ngezantsi.

Iiprojekthi zezibonelelo	2016/2017			2015/2016		
	Ulwabiwo -mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkitho (R'000)	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkitho (R'000)	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi (R'000)
Iiasethi ezintsha nezokutshintsha ezinye	47 608	45 310	2 298	28 257	27 710	547
Izibonelelo ezikhoyo zeeasethi	578 588	578 489	99	508 217	481 808	26 409
Imisebenzi yokuphucula nokwandisa	-	-	-	-	-	-
Imisebenzi yokuhlaziya, yokulungisa nokuvuselela	385 806	385 806	-	325 958	302 299	23 659
Imisebenzi yokulondolozisa nokulungisa	192 782	192 683	99	182 259	179 509	2 750
Imali yezibonelelo edluliselweyo	-	-	-	35 257	35 257	-
Iinkcitho yeentengo ezincinci	-	-	-	-	-	-
Iinkcitho yeentengo ezinkulu	-	-	-	35 257	35 257	-
Itotali	626 196	623 799	2 397	571 731	544 775	26 956

Ingxaki yokusebenzisa imali engaphantsi kwale ibibekiwe kulo msebenzi ubukhulu becala ibangelwe kukuthatha ixesha elide kulindwe isicelo senqanaba lokuqulunqa iConradie Game Changer.

IDTPW idlala iindima ezimbini malunga nocwangciso lolawulo lweeasethi. Okokuqala, isebe lilo eligcina iinkcukacha ngeeasethi loo nto yenze ukuba ibe lilo elilungisa libhale iU-AMP yonyaka ecacisa ngohlobo lendawo yokusebenzela efunwa lilo kunye noluhlu lwezinto ezifuna ukulungiswa. Ezi nkcukacha ziyabhalwa zize zithunyelwe kulowo unoxanduva lokulawula iiasethi. Okwesibini, iDTPW ikwakhethwe njengesebe elinoxanduva lokulawula zonke iiasethi ezingahambiyi ePhondweni (ngaphandle kwezindlu zeSebe lezokuHlaliswa koLuntu). NjengeSebe olunoXanduva lokuLawula iiAsethi (uMgcini), iDTPW yiyo ebhatala iindawo zokusebenzela nokuhlala zamasebe ephondo kunye nezewamanye amaqumrhu karhulumente kwaye ngumsebenzi wayo ukubhala iC-AMP. Ibhajethi yezibonelelo zemfundo ikwiWCED ize eyezibonelelo zempilo yona ibe kwiSebe lephondo lezeMpilo. IDTPW isebenza njengesebe elinika izibonelelo zephondo zemfundo nezempilo, kuquka nokujongana nomsebenzi wokukhathalela nokuzilungisa.

IiU-AMP zamasebe anoxanduva lokulawula ubuninzi bazo zingcono xa zithelekiswa nezeminyaka engaphambili, into enceda iDTPW ukuba ikwazi ukuthatha izigqibo ezithathela ingqalelo zonke izinto xa kuza kuthengwa, kulahlwa izinto naxa kusabiwa imali. Ngenxa yokuba iiU-AMP zithe zaphucuka, iDTPW ikwazile ukubhala iC-AMP ephucuke kakhulu xa ithelekiswa nezeminyaka engaphambili.

Iintlobo zezibonelelo ezifunwayo zibetha ngaphezulu kwimali ekhoyo, kwaye ikhona into ethi le ngxaki iseza kuhlala nathi okwethutyana. Oku kuthetha ukuba kufuneka kwenziwe uhlello olungazikuba mndi kumntu wonke xa kusabiwa le mali ikhoyo ukuze kuncedwe amasebe anoxanduva ngendawo yokusebenzela. Ngokuhlalutya iiU-AMP nangokuqulunqa iC-AMP, iDTPW ineenjongo zokukhangela ezona ndlela zingcono zokucukuceza nangokudibanisa ezo zixhobo zikhoyo zokusebenza ukuze amasebe anoxanduva akwazi ukufumana iindawo zokusebenzela ngolo hlobo kuncedwe amasebe akwazi ukuzifizekisa iinjongo zawo zokunika iinkonzo eziza kuxhanyulwa ngabantu baseNtshona Koloni.

Eyona njongo iphambili yesebe elinoxanduva lokulawula okuthile malunga nemisebenzi yokuhlola iimeko zezakhiwo kujongwa ukuba ubuxhaka-xhaka bazo kunye nezinye izinto eziluncedo zazo ziyasebenza na.

Amasebe (ingakumbi iWCED) ayakuqonda ukuba maninzi amathuba okuba le ngxaki ikhoyo yokunqongophala kwezibonelelo ubuninzi bayo ilungiswe kuphela kwisithuba seminyaka emihlanu. Kodwa, ingxaki yokulondoloza nokulungisa (oku kwesiqhelo nokunye okwenzela ukuthintela 'unongekehli') yona iza kuya isanda njengoko kuza kusetyenziswa imigaqo ebala iminyaka yesibonelelo ngesinye, size silungiswe ngokwexesha esinalo sisebenza. Ukuba ibhajethi ayitshintshi kule minyaka mihlanu izayo, iDTPW ifanele ukuba ikwazi ukuziqhawulisa iingxaki ezininzi zamanye amasebe (ngaphandle kweSebe lezeMpilo neWCED). Malunga noluhlu lweeasethi zeWCED, le nkqubo yokutshintsha izikolo ezingekho mgangathweni ezidala ngezitsha kusetyenziswa iAccelerated Schools Infrastructure Delivery Initiative (ASIDI) programme iyaqhuba.

Ukuvuselelwa kunye nokwakhiwa kwezakhiwo ezitsha ezineeofisi kuyaqhuba. Ukuhlaziywa kweDan de Villiers Hostel eBeaufort West kunye nokwakhiwa kweeofisi zengingqi ezintsha eBellville kumhlaba weKarl Bremer Hospital sele kuza kufikelela esiphelweni, ngeli thuba izicwangciso ziqhuba zokuhlaziya isakhiwo esineeofisi

ezisetyenziswa nangamanye amaqumrhu eMossel Bay naseGeorge. Le Nkqubo iqhubayo yokuPhucula iiOfisi iza kuqhuba ukuza neziphumo ezihle futhi inciphise imali echithwa kwizakhiwo eziqeshiweyo.

Itheyibhile 38: UMsebenzi 2: Iprojekthi zolwakhiwo ezinkulu eziqhutywayo kungoku nje

Iprojekthi ezinkulu eziqhubayo				
Ingingqi/isiThili	Umasipala	Igama leprojekthi	Inkcaza yeprojekthi	Usuku ekulindelwe ukuba irojekthi iza kugqitywa ngalo
CoCT	CoCT	ICape Teaching and Leadership Institute: Ukususwa kweeofisi zeEDULIS eMiddestad Mall zisiwe eKuilsriver	Ukwandiswa nokuphuculwa kweli thala leencwadi likhoyo	16/05/2017
CoCT	CoCT	Stikland Registry	Ukuguqulwa kweKhemesti ekungasekho msebenzi wayo ibe liZiko lokuGcina iiNkcukacha noLwazi leSebe lezeMpilo lephondo	04/05/2017
CoCT	CoCT	Ukuphuculwa kwe-4 Dorp Street , umgangatho 7, 8 & 9	Ukuphuculwa kwee-ofisi (umgangatho 7, 8, no-9)	16/05/2017
CoCT	CoCT	Ukuphuculwa kwe-4 Dorp Street , umgangatho 1	Ukuphuculwa kwee-ofisi (umgangatho 1)	30/06/2017
CoCT	CoCT	Ukuphuculwa kwe-4 Dorp Street , umgangatho ekungenwa kuwo	Ukuphuculwa kweeofisi (Umgangatho ekungenwa kuwo)	15/06/2017
CoCT	CoCT	Ukuphuculwa kweziko lokufotokopa eAlexandra Precinct kunye neOfisi yezeMfundo yesiThili (IEDO), ummandla onguMbindi	Ukuphuculwa kweziko lokufotokopa iimviwo neEDO	31/03/2018
CoCT	CoCT	Ukuthobela imiThetho yezeMpilo neyezoKhuseleko 7 Wale Street	Ukulungiswa kuka-7 & 15 Wale Streets kunye no-4 Dorp Street zikwazi ukumelana neemeko zokuqhambuka komlilo	07/07/2017
CoCT	CoCT	IiOfisi zeNgingqi zaseBellville zeSebe lezeMpilo kumhlaba weKarl Bremer	Iiofisi ezintsha	20/07/2017
CoCT	CoCT	Ukuphuculwa kwe-27 Wale Street, umgangatho 4 & 5	Ukuphuculwa kweeofisi (umgangatho 4 no-5)	16/05/2017
CoCT	CoCT	Ukuphuculwa kwe-4 Dorp Street, umgangatho 4	Ukuphuculwa kweeofisi (umgangatho 4)	28/04/2017

Iprojekthi ezinkulu eziqhubayo				
Ingingqi/isiThili	Umasipala	Igama leprojekthi	Inkcaza yeprojekthi	Usuku ekulindelwe ukuba irojekthi iza kugqitywa ngalo
CoCT	CoCT	Ukulungiswa komphambili we-27 Wale Street	Ukulungiswa kwekhonkrethi ebisele iqala ukuxobuka nokungciba umgangatho womphambili wesakhiwo ukwenzela ukuba ukufuma namanzi angangeni kwikhonkrethi	16/05/2017
Eden	George	Ukuphuculwa – Ukulungiswa kweKhetshi zaseYork Park	Ukulungiswa kweeKhetshi	18/04/2018
Cape Winelands District	Cape Winelands District	Ukuphucula iZiko lokuCoca iLindle naManzi laseElsenburg	UkuPhucula iZiko lokuCoca iLindle naManzi	31/07/2018
Central Karoo District	Central Karoo District	Ukuhlaziywa kweDan de Villiers	Ukutshintsha isakhiwo sibe ziofisi	18/10/2017
CoCT	CoCT	Ukuphuculwa – IOfisi yakwaLanga yeSebe lezoPhuhliso loLuntu	Ukuphuculwa kweeofisi	21/04/2017
Cape Winelands District	Cape Winelands District	Ukuphucula - Paarl Cheve Building (CapeNature)	Ukuguqula isakhiwo sibe ziofisi	30/06/2017
CoCT	CoCT	Ukuphucula - Union House, umgangatho 2, 5 nowe-10s	Ukuguqula isakhiwo sibe ziofisi	07/11/2017
CoCT	CoCT	Ukuphucula - Union House, umgangatho 4, 6 & 8	Ukuguqula isakhiwo sibe ziofisi	13/09/2017
CoCT	CoCT	Ukuphucula - 9 Dorp Street ukuphucula imigangatho eyahlukeneyo	Ukuguqula isakhiwo sibe ziofisi	04/04/2017
CoCT	CoCT	Ukuphucula - 9 Dorp Street, umgangatho 5	Ukuguqula isakhiwo sibe ziofisi	25/05/2017
CoCT	CoCT	Iiofisi ezise-GMT Rusper Street	Ukuguqula isakhiwo sibe ziofisi	15/05/2017
Eden	George	George: York Park – Ukuphuculwa kweHVACe	Iinkonzo ezisisixa – Ukuphuculwa kweHVAC	08/06/2018
Eden	George	George: York Park – Ukufakelwa kombane	Iinkonzo ezisisixa – Ukufakelwa koMbane	31/03/2018

Ibhajethi eyabelwe iziBonelelo ngokuBanzi iquka imisebenzi yokulungisa, eyokucoca iziza kunye neenkonzelo zokucoca. Imali evunyelwayo ukuba isetyenziselwe ukulungisa nokulondoloza kwisithuba seMTEF sika-2017 icaciswe kule theyibhile ingezantsi.

	2017/18 (R'000)	2018/19 (R'000)	2019/20 (R'000)
EzeMfundo	522 233	520 827	604 560
EzeMpilo	198 614	160 173	57 033
EzeMicimbi yokusiNgqongileyo kunye noCwangciso lwezoPhuhliso	26 865	33 672	35 558
Izakhiwo ngokuBanzi	262 775	280 666	295 071

Umthamo weeasethi ezingahambiyo khangela utshintsho kangako kulo nyaka-mali. Izakhiwo ezithathu zaye zathengiswa ngo-2016/17. Izakhiwo ezingama-61 zizonke zifakwe phantsi kwengama likaRhulumente waseNtshona Koloni kulo nyaka.

Ukuqinisekisa ukuba iIAR yeDTPW ihlala inenkukacha ezintsha neziqinisekisiweyo kulo nyaka, iIAR iye ifakwe zonke iinkukacha ngezakhiwo ezithengiweyo neziqinisekisiweyo kwisithuba samaphelo onyaka-mali.

8.2 IziBonelelo zezoThutho: utyalo-mali lweentengo ezinkulu, ulondolozo nolawulo lweeasethi

Utyalo-mali lweentengo ezinkulu, ulondolozo kunye nolawulo lweeasethi loMsebenzi 3: IziBonelelo zezoThutho xa zithelekiswa nesabelo sebhajethi esiphele sifunyanwa zicaciswe apha ngezantsi:

Iprojekthi zezibonelelo	2016/2017			2015/2016		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkciitho (R'000)	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkciitho (R'000)	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi (R'000)
Iiasethi ezintsha nezokutshintsha ezinye	42 822	42 822	-	48 754	48 754	-
Izibonelelo ezikhoyo zeeasethi	2 966 748	2 961 662	5 086	2 908 251	2 896 544	11 707
Imisebenzi yokuphuculana nokwandisa	654 893	654 893	-	587 134	587 134	-
Imisebenzi yokuhlaziya, yokulungisa nokuvuselela	1 703 253	1 703 253	-	1 724 779	1 724 779	-

Iiprojekthi zezibonelelo	2016/2017			2015/2016		
	Ulwabiw o-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkciho (R'000)	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi (R'000)	Ulwabiw o-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkciho (R'000)	Inkcitho engaphezulu/engaphantsi (R'000)
Imisebenzi yokulondoloza nokulungisa	608 602	603 516	5 086	596 338	584 631	11 707
Imali yezibonelelo edluliselweyo	64 576	59 699	4 877	55 755	54 080	1 675
linkcitho yeentengo ezincinci	3 500	2 748	752	3 000	2 588	412
linkcitho yeentengo ezinkulu	61 076	56 951	4 125	52 755	51 492	1 263
Itotali	3 074 146	3 064 183	9 963	3 012 760	2 999 378	13 382

Ingxaki yokungasebenzisi yonke imali ibiyabelwe ukulondoloza nokulungisa ibangelwe zinkampani eziqeshiweyo ezingenzi imisebenzi ngokwezicwangciso. Ukungayisebenzisi yonke imali ibiyabelwe izibonelelo kona kubangelwe kukuba oomasipala abaninzi bengasibizi isibonelelo-mali sabo ukuze basisebenzise kwiindlela eziphantsi kolawulo lwabo.

Inkqubo yokuqalisa isicwangciso seentengo ezinkulu, utyalo-mali kunye nolawulo lweeasethi yenziwe ngokwezicwangciso kwaye nemali ibiyabelwe oku isetyenzisiwe.

Iiprojekthi zentengo ezinkulu eziqhubayo ngoku kunye nemihla yokugqitywa kwazo zidweliswe kule theyibhile ingezantsi.

Ittheyibhile 39: Umsebenzi 3: Iiprojekthi zolwakhiwo ezinkulu eziqhubayo ngoku nje

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi (R'000)
West Coast	Bergvliet Local Municipality	C0917: Rehab MR529 - Piketberg/Velddrift	Ukuhlaziywa koMR529 osuka ePiketberg oya eVelddrift & Ukuhlaziywa koMR527 ukusuka kukhilo-mitha 4.1 ukuya kukhilo-mitha 6.6.	28/11/2014	30/06/2017	309 898
Eden	Oudtshoorn Local Municipality	C1007: Engineering & Supervision Services for the Upgrade of Gravel Roads near Dysselsdorp	Iinkonzo zobunjinieli nokulawula umsebenzi owenziwa yinkampani eqeshiweyo kufutshane neDysselsdorp.	12/01/2015	27/05/2017	5 470
Eden	Oudtshoorn Local Municipality	EDM/2014/IMMS 4861 - Funding of Materials Dysselsdorp	Ukusa izinto zokusebenza kwinkampani esebenzayo	12/01/2015	31/07/2017	15 195
Unicity	Cape Town Administration	C0992: Resurfacing TR07701 between Otto du Plessis bridge & Melkbos	Ukuhlaziywa kwetha kaTR07701, omabini amacala endlela phakathi kwebhulorho yaseOtto du Plessis neMelkbos.	23/02/2015	02/07/2017	69 034
Cape Winelands	Breede Valley Local Municipality	C0815: Rehab MR298 & Reseal DR1398 - Worcester (Nekkies)	Ukuhlaziywa kukaMR298 phakathi kwekhilomitha 0 ukuya ku-4.35 ngokuthi kufakelwe itha kwezi ndawo zixhage indlela zona zinegrabile zibe yindlela ekudidi 1. Ukuvulwa kweBreede River Bridge ezimitha ezingama-500 bude ngokuthi kongezwe iindlelana ezizimitha eziyi-2 x 3.3.7 ububanzi kunye nendlelana yabahambi ngeenyawo. Ukuqatywa ngetha kwakhona kukaDR1398 ukusuka kukhilo-mitha 0 ukuya kukhilo-mitha 1.29, uMR00298 ukusuka kukhilo-mitha 4.35 ukuya ku-14.63. Ukuhlaziywa kukaMR298 phakathi kokhilo-mitha 14.63 nokhilo-mitha 20.70. Ukulungiswa kwebhulorho iB4677 kuMR298 kukhilo-mitha 14.63.	07/04/2015	30/10/2017	230 846

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi (R'000)
Unicity	Unicity	C1003: Rehab MR00189 Old Paarl Road - Bloekombos	Ukuhlaziywa kukaMR00189, Old Paarl Road phakathi kweBloekombos neKlein Joostenberg.	17/04/2015	16/08/2017	54 278
West Coast	Swartland Local Municipality	C0920: Rehab MR230 & MR231 - Moorreesburg	Ukuhlaziywa kukaMR230 & MR231 kummandla waseMooreesburg.	20/04/2015	02/06/2017	201 538
West Coast	Saldanha Bay Local Municipality	C0988: Reseal TR02101 near Hopefield, TR02102 & OP07628 near Langebaan Rd and MR00233 between Langebaan Rd & Langebaan	Ukuhlaziywa kwetha kuTR02101 kufutshane neHopefield. Ukuhlaziywa kwetha kuTR02102 noOP07628 kufutshane neLangebaan Road. Ukuhlaziywa kwetha kuMR00233 phakathi kweLangebaan Road neLangebaan.	17/06/2015	15/09/2017	168 434
Cape Winelands	Drakenstein Local Municipality	C0999: Rehab DR01108 between Old Paarl Road & Agter-Paarl	Ukuvuselelwa kukaDR01108 phakathi kweOld Paarl Road neAgter-Paarl.	19/06/2015	30/11/2017	84 319
West Coast	Swartland Local Municipality	C0817: Rehabilitate/Reseal of MR215 - Mamre/Yzerfontein	Ukuvuselelwa kukaMR215 ukusuka kukhilomitha 34.07 ukuya ku-46.53 & ukuhlaziywa kwetha kuMR215 ukusuka kukhilomitha 47.85 ukuya kukhilomitha 69.34. ukuphuculwa kwebhulorhwana elitonela elifutshane..	13/07/2015	20/05/2017	120 295
Cape Winelands	Langeberg Local Municipality	C0818: Rehab TR31/2 - Ashton/Montagu	Ukuvuselelwa kukaTR31/2 phakathi kweAshton neMontagu.	24/07/2015	24/01/2019	669 500
Central Karoo	Laingsburg Local Municipality	C1042: Reseal of TR20/01 from km 0.00 - 42.70 between Matjiesfontein and Northern Cape Boundary	Ukuhlaziywa kwetha kuTR02001 ukusuka kukhilomitha 0.00 ukuya kukhilomitha 42.70 phakathi kweMatjiesfontein nomda waseMntla Koloni.	29/07/2015	10/04/2017	48 627

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi (R'000)
Overberg	Swellendam Local Municipality	C1031: Reseal of TR31/03 between km 33-47 (Montagu & Barrydale) & TR31/04 between km 0.35-30.89 (Barrydale & Ladismith)	Ukuhlaziywa kwetha kuTR03103 ukusuka kukhilomitha 33.0 ukuya kukhilomitha 47.00 (Op de Tradouws Pass) kunye noTR03104 ukusuka kukhilomitha 58.32 ukuya kukhilomitha 71.79 phakathi kweBarrydale neCape Winelands/umda waseEden.	05/08/2015	18/06/2017	88 919
Cape Winelands	Witzenberg Local Municipality	C1032: Reseal of DR1468, DR1470, DR1472, DR1473 and OP5873 (Witzenberg Valley near Ceres)	Ukuhlaziywa kwetha kuDR1468, DR1470, DR1472, DR1473 noOP5873 eWitzenberg Valley kufutshane neCeres.	07/08/2015	26/06/2017	37 755
West Coast	Bergrivier Local Municipality	C0981: Reseal of MR527 & DR1175 near De Hoek, MR534 near Aurora & DR1175 near De Hoek & DR2161 Versveld Pass	Ukuhlaziywa kwetha kuMR527, DR1175 kufutshane neDe Hoek, Piketberg. Ukuhlaziywa kwetha kuMR534 kufutshane neAurora kunye nokuhlaziywa kwetha kuDR2161 – Amajiko-jiko aseVersveld.	15/08/2015	16/08/2017	67 899
West Coast	Swartland Local Municipality	C1009.01: Rehab DR01111 from km 23.5 to km 38,951 between Kalbaskraal & Malmesbury	Ukuhlaziywa kukaDR01111 phakathi kweAbbotsdale neMalmesbury kuquka nokulungiswa kwazo zonke izinto ezanakeleyo.	08/09/2015	11/12/2017	121 358
Overberg	Cape Agulhas Local Municipality	C0995: Reseal MR00265 between Stormsvlei & Bredasdorp	Ukuhlaziywa kwetha kuMR00265 phakathi kweStormsvlei neBredasdorp.	10/09/2015	31/08/2017	75 161
Cape Winelands	Witzenberg Local Municipality	C0997: Reseal MR201 (km 0 - km 8.90) & MR305 (km 2.3 - km 6.96) between Wolseley & MR201	Ukuhlaziywa kwetha kuMR00201 phakathi kwaMajiko-jiko aseMichell neRomans Rivier & noMR00305 phakathi kweWolseley neLa Plaisante. Ukulungiswa kweebhulorho ezine kunye neebhulorhwana ezinamatonela amafutshane ezine.	10/09/2015	28/06/2017	48 024

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi (R'000)
Cape Winelands	Drakenstein Local Municipality	C1048: Reseal of MR201, DR1118, DR1152 and DR1388	Ukuhlaziywa kwetha kuMR00201 (Wellington - Paarl, omabini amacala eendlela), DR01118 (Nederburg Road), DR01152 (Hermon-Bo Road) neDR01388 (Swaelstert Road).	11/09/2015	13/05/2017	112 898
Eden	Bitou Local Municipality	C0846.01: Upgrade gravel road DR01770 from km 0 - 8.51 - Airport Road to N2	Ukufakelwa kwetha kwindlela yegrabile iDR01770 ukusuka kukhilo-mitha 0 ukuya kukhilo-mitha 8.51 (ukusuka kwiSikhululo seeNqwelo-moya ukuya ku-N2)	22/09/2015	01/08/2017	105 726
Cape Winelands	Stellenbosch Local Municipality	AC1054.03: Culvert Replacement on MR00027(R44) - CW/Stellenbosch (SMEC)	Ukutshintshwa kobuxhaka-xhaka bokuhamba amanzi kuMR27 (R44) kukhilo-mitha 23 (Avantuur Estate).	12/10/2015	15/05/2017	11 183
Unicity	Unicity	C1038.01: New Streetlighting on TR01101 (N7)	Ukufakelwa kweepali zombane kuTR01101 (N7).	29/10/2015	30/05/2017	13 176
Unicity	Cape Town Administration	C1044: Reseal MR217 from km 9.77 - 19.87 and DR1102 from km 0.00 - 15.15	Ukuhlaziywa kwetha kuMR00217 ukusuka kukhilo-mitha 9.77 ukuya kukhilo-mitha 19.87 (ukusuka eVan Schoorsdrif ukuya eKlipheuwel) nakuDR01102 ukusuka kukhilo-mitha 0.00 ukuya kukhilo-mitha 15.15 (ukusuka eMosselbank ukuya eDurbanville).	02/11/2015	02/11/2017	51 134
Unicity	Cape Town Administration	C1039.01: Rehab & Upgrade of TR2/1 from km 13.8 - km 20.5 between Borchers Quarry & Swartklip Interchange	Ukuhlaziywa kwendlela ekhoyo nokuvulwa kweleyini yesithathu kuTR2/1 ukusuka kukhilo-mitha 13.8 ukuya kukhilo-mitha 20.5 phakathi kweBorchers Quarry Road (M22) neSwartklip Interchange (R300).	19/01/2016	28/02/2018	214 595
West Coast	Cederberg Local Municipality	WCDM/2015/IMMS 10005/10011 - Upgrade on MR538 (km 1.74 - 8.50) and (km 8.50 - km 12.00) Elandsbaai - Lambertsbaai	Ukuphuculwa kukaMR538 ukusuka kukhilo-mitha 1.74 - 12.	19/01/2016	30/06/2017	49 705

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi R'000)
Eden	Hessequa Local Municipality	C0989: Rehabilitation & Geometric improvements on MR00332 between N2 & Still Bay	Ukuhlaziywa kunye nomsetyenzana omncinci wokucacisa imigca endleleni kuMR00332 phakathi ko-N2 neStill Bay. Umsetyenzana onxulumene nokucaciswa kwemigca endleleni uquka ukuyilungelelanisa kolulwe namagoso-goso (ukusuka kukhilomitha 13.9 ukuya kukhilomitha 15.7) kunye nokubhalwa kwakhona kwiileyini zokugqitha kunye neendledlana zabahambi ngeenyawo ukusuka eMelkhoutfontein (ukhilomitha 21.5) ukuya kukhilomitha 26 eStillbay.	25/01/2016	05/07/2018	166 887
Unicity	Cape Town Administration	C1046: Extend the 3rd Lane on TR09/1 west of Durban Road I/C to the NR0101	Ukuvulwa kweleyini yesithathu ukusuka kwiNtshona yeDurbanville I/C ukuya kuNR0101 kunye nokuhlaziywa kwetha. Omnye umsebenzi owongezelelwe, umz., ukulungelelaniswa kweleyini kunye nokuvulwa kweendledlana eziphambukayo kungafuneka. Ileyini yesithathu kungafuneka itsalwe igqithe kwiOkavango.	04/02/2016	04/06/2019	559 370
Cape Winelands	Breede Valley Local Municipality	C1051.02: Flood Damage Repairs in Worcester West Area - CK/Breedevalley (AURECON)	Ukulungiswa komonakalo owenziwe zizikhukhula kummandla waseWorcester - Cape Winelands/Breedevalley (izikhukhula zikaNovemba 2013/nezikaJanyuwari 2014).	09/02/2016	28/07/2017	17 337
Overberg	Cape Agulhas Local Municipality	C0995: Reseal MR00265 between Stormsvlei & Bredasdorp	Ukuhlaziywa kwetha eMR00265 phakathi kweStormsvlei neBredasdorp.	10/09/2015	31/08/2017	75 161
Cape Winelands	Witzenberg Local Municipality	C0997: Reseal MR201 (km 0 - km 8.90) & MR305 (km 2.3 - km 6.96) between Wolseley & MR201	Ukuhlaziywa kwetha kuMR00201 phakathi kwaMajiko-jiko aseMichell neRomans Rivier & nakuMR00305 phakathi kweWolseley neLa Plaisante. Ukulungiswa kweebhulorho ezine kunye neebhulorhwana ezingamatonela amafutshane ezine	10/09/2015	28/06/2017	48 024

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi (R'000)
Cape Winelands	Drakenstein Local Municipality	C1048: Reseal of MR201, DR1118, DR1152 and DR1388	Ukuhlaziywa kwetha kuMR00201 (Wellington - Paarl, amacala omabini endlela), DR01118 (Nederburg Road), DR01152 (Hermon-Bo Road) naku-DR01388 (Swaelstert Road).	11/09/2015	13/05/2017	112 898
Eden	Bitou Local Municipality	C0846.01: Upgrade gravel road DR01770 from km 0 - 8.51 - Airport Road to N2	Ukufakelwa kwetha kwindlela yegrabile u DR01770 ukusuka kukhilo mitha 0 ukuya kukhilo mitha 8.51 (ukusuka kwiSikhululo seeNqwelo-moya ukuya ku-N2).	22/09/2015	01/08/2017	105 726
Cape Winelands	Stellenbosch Local Municipality	AC1054.03: Culvert Replacement on MR00027(R44) - CW/Stellenbosch (SMEC)	Ukutshintshwa kobuxhaka-xhaka bokuhamba amanzi ku-MR27 (R44) kukhilo mitha 23 (Avantuur Estate).	12/10/2015	15/05/2017	11 183
Unicity	Unicity	C1038.01: New Streetlighting on TR01101 (N7)	Ukufakelwa kweepali zombane ecaleni kwendlela kuTR01101 (N7).	29/10/2015	30/05/2017	13 176
Unicity	Cape Town Administration	C1044: Reseal MR217 from km 9.77 - 19.87 and DR1102 from km 0.00 - 15.15	Ukuhlaziywa kwetha kuMR00217 ukusuka kukhilo mitha 9.77 ukuya kukhilo mitha 19.87 (Van Schoorsdrif ukuya eKlipheuwel) nakuDR01102 ukusuka kukhilo mitha 0.00 ukuya kukhilo mitha 15.15 (Mosselbank ukuya eDurbanville).	02/11/2015	02/11/2017	51 134
Cape Winelands	Langeberg Local Municipality	C1054.05: Flood Damage Repairs in Robertson South Area - CW/Langeberg (SMEC)	Ukulungiswa komonakalo owenziwe zizikhukhula kummandla weRobertson South.	12/02/2016	11/06/2017	15 857
Cape Winelands	Langeberg Local Municipality	C1050.01: Flood Damage Repairs- Montagu North - CK/Langeberg (AECOM)	Ukulungiswa komonakalo owenziwe zizikhukhula kummandla waseMontagu- Cape Winelands/Langeberg (AECOM).	17/02/2016	01/10/2017	19 167

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi R'000)
Eden	Mossel Bay Local Municipality	C0964.01: Upgrade of TR33/1 - Phase I Intersection Upgrades	Ukuzotywa komfuziselo nokwenziwa komsebenzi wokuvuselela iTSSM kwiLouis Fourie Road ekwisiphambuka seSchoeman Street neEssenhout Street kunye nokuphuculwa kwesiphambuka esisekudibaneni kweMarsh Street.	18/02/2016	15/05/2017	32 534
Eden	Kannaland Local Municipality	C1053.01: Flood Damage Repairs in Ladismith West Area - Eden/Kannaland (HATCH)	Ukulungiswa komonakalo owenziwe zizikhukhula kummandla waseLadismith West.	03/03/2016	05/01/2018	26 150
Unicity	Cape Town Administration	C1005: Upgrade DR01123 between Perdeberg & Klipheuwel	Ukuvuselelwa kukaDR01123 (Slent Road) phakathi kweDagbreek (Perdeberg) neKlipheuwel.	29/03/2016	30/11/2017	82 887
Eden	Mossel Bay Local Municipality	EDM/2016/IMMS 4865 - Upgrading on DR1578 (km15.50 - km23.00) near Friemersheim	Ukuphuculwa kukaDR1578 (ukusuka kukhilomitha 15.50 ukuya kukhilomitha 23.00)km.	01/04/2016	31/03/2019	75 000
Overberg	Swellendam Local Municipality	ODM/2016/IMMS 7000/7000B - Upgrade on DR1318 Olivedale (0.19 - 3.65)km	Ukufakelwa kwetha kwindlela yegrabile uDR1318 (ukusuka kukhilomitha 0.19 ukuya kukhilomitha 3.65).	01/04/2016	28/04/2017	27 240
Cape Winelands	Langeberg Local Municipality	C1053.02: Flood Damage Repairs in Montagu East Area - CK/Langeberg (HATCH)	Ukulungiswa komonakalo wezikhukhula kummandla waseMontague East - Cape Winelands/Langeberg (Hatch).	26/04/2016	15/11/2017	15 801
Eden	Hessequa Local Municipality	C1052.03: Flood Damage Repairs in Heidelberg North Region - Eden/Hessequa (BERGSTAN)	Ukulungiswa komonakalo wezikhukhula kummandla waseHeidelberg.	13/05/2016	15/11/2017	24 270
Overberg	Overstrand Local Municipality	ODM/2016/IMMS 8054 - Regravel on OP4010 (1.59 - 9.45)km Karwyderskraal	Ukugalela igrabile kwakhona kuOP4010 (ukusuka kukhilomitha 1.59 ukuya kukhilomitha 9.45) eKarwyderskraal.	20/05/2016	31/07/2017	4 300

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi (R'000)
Eden	Bitou Local Municipality	C1053.04: Flood Damage Repairs on TR00212 near Nature's Valley	Ukulungiswa kodonga oluxhage indlela kunye nokuvuselelwa kukaTR2/12 phakathi kokhilomitha 23.0 nokhilomitha 28.0 - eNature's Valley. Ukulungiswa komhlaba ophahle indlela kwindlela yomyezo wendalo yaseKnysna, Keurboomstrand naseNatures Valley.	28/06/2016	04/10/2017	14 350
Eden	Mossel Bay Local Municipality	C1035: Reseal of MR342 from km 7.72 - 38.63 between Mossgas and Herbertsdale	Ukuvuselelwa kwetha kuMR00342 ukusuka kukhilomitha 7.72 ukuya kukhilomitha 38.63 phakathi kweMossgas neHerbertsdale.	01/09/2016	22/01/2018	44 122
Eden	George Local Municipality	C1047: Reseal of TR2/09, MR355 and DR1621, and Rehab of DR1622 - George/Wilderness Area	Ukuhlaziywa kukaDR01622 (Wilderness Heights), Ukulungiswa kukaDR01618 (Fancourt) kunye nokuhlaziywa kwetha kuTR00209 (ukusuka kwisiKhululo seeNqwelo-moya saseGeorge ukuya edolophini yaseGeorge) kunye noDR01621 (Whites Road).	02/09/2016	30/11/2017	50 633
Cape Winelands	Langeberg Local Municipality	C1050.02: Akkedisberg Pass Fill on MR267	Ukulungiswa komsebenzi owawenziwe ngaphambili wokudiba izingingqi kuMR 267 kumaJiko-jiko aseAkkedisberg phakathi kwesiStanford noTR29/1.	02/09/2016	19/09/2017	12 204
Eden	Hessequa Local Municipality	C1052.04: Flood Damage Repairs in Riversdale East Area - Eden/Hessequa (BERGSTAN)	Umsebenzi wokulungisa umonakalo wezikhukhula ekummandla waseRiversdale/Albertinia - ISIGABA 2 - Eden/Hessequa.	08/09/2016	08/04/2018	20 544
Eden	George Local Municipality	C0982: Reseal TR00102, TR00103 near Uniondale	Ukuhlaziywa kwetha ku-TR00102 noTR00103 kufutshane neUniondale.	26/09/2016	10/08/2018	68 069
Eden	George Local Municipality	EDM/2016/IMMS 4260 - Regravelling on DR1662 (5.00 - 15.20)km	Ukugalelwa kwegrabile kwakhona kuDR1662 (ukusuka kukhilomitha 5.00 ukuya kukhilomitha 15.20)	26/09/2016	17/05/2017	5 964

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi R'000)
West Coast	Cederberg Local Municipality	C1040: Reseal of MR537, MR538, MR531, MR536, and DR2176	Ukuhlaziywa kwetha kuMR537 (Eendekuil), MR538 (Het-Kruis), MR531 (Het-Kruis), MR536 (Eendekuil) nakuDR2176 (Citrusdal).	27/09/2016	01/11/2017	55 706
Cape Winelands	Stellenbosch Local Municipality	C0850: Upgrade of portion of DR1094 (km 0.0 to km 4.62) between R304 and M167 (Sandringham Road)	Ukufakelwa kwetha kwindlela yegrabile uDR01094 (Sandringham Road) ukusuka kukhilo-mitha 0 ukuya kukhilo-mitha 5.3.	03/10/2016	14/05/2018	53 793
Cape Winelands	Drakenstein Local Municipality	Cape Winelands District Municipality (CWDM)/2016/IMMS 7560 - Regravelling on DR1161 (33.26 - 38.40)km Skoenmakersfontein	Ukufakelwa kwegrabile kwakhona kuDR1161 (ukusuka kukhilo-mitha 33.26 ukuya kukhilo-mitha 38.40) eSkoenmakersfontein.	03/10/2016	15/05/2017	4 190
Central Karoo	Laingsburg Local Municipality	C1051.03: Flood Damage Repairs in Laingsburg South Area - CK/Laingsburg (AURECON)	Ukulungiswa komonakalo wezikhukhula kummandla waseLaingsburg - ISIGABA 2 - CK/Laingsburg.	07/10/2016	10/03/2018	20 730
West Coast	Bergervier Local Municipality	C0821: Rehab TR23/3 - Porterville/Piketberg	Ukuhlaziywa nokwenziwa ngokutsha kweendawo ezithile kuTR2303 ukusuka ePorterville ukuya ePiketberg (ukusuka kukhilo-mitha 36,54 ukuya kukhilo-mitha 60,87).	02/11/2016	06/06/2018	163 002

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi (R'000)
Cape Winelands	Langeberg Local Municipality	C0820: Rehabilitation of MR287 from km 14.0 to km 32 - Robertson/Bonnievale	Ukulungiswa kuvuselelwe ibhulorho enetonela elifutshane kukhилоmitha 31 kunye nokwandiswa kweBhuloro kukhилоmitha 14.5. ukuxhaswa kwethambekana elisecaleni kwendlela kukhилоmitha 19 nakukhилоmitha 26. Indledlana yokungena edolophini kunye nendawo yokumisa iimoto kwidolophi yaseBonnievale kunye nokufakelwa kwemibhobho yokuhamba amanzi. Indawo yokumisa iimoto eBonnievale ukusuka kukhилоmitha 29 ukuya kukhилоmitha 31. Ukulungiswa kwemigca nobunye ubucukubhede bendlela kukhилоmitha 26.	09/11/2016	10/07/2018	199 368
Cape Winelands	Stellenbosch Local Municipality	C0921: Rehab DR1050 - Annandale Road	Ukuvuselelwa kukaDR1050, ukusuka eAnnandale Road (kukhилоmitha 0.00) kuMR168 eLynedoch ukuya eGroene Rivier (kukhилоmitha 7.34) kummandla waseStellenbosch. UR44 (MR27) ukuya eStellenbosch/Somerset West inqunyulwa kukhилоmitha 5.47.	11/11/2016	12/11/2018	120 855
Central Karoo	Laingsburg Local Municipality	CKDM/2016/IMMS 4110 - Regravelling on MR318 (0 - 20.10)km	Ukugalelwa kwegrabile kwakhona kunye nokufakelwa kwemibhobho yamanzi kuMR318 (ukusuka kukhилоmitha 0 ukuya kukhилоmitha 20.10)	11/11/2016	14/07/2017	7 800
West Coast	Cederberg Local Municipality	WCDM/2014/IMMS 2004 - Rehab of DR2215 (km 2 - 4)	Ukuvuselelwa kukaDR2215 phakathi kukakhилоmitha 2 nokhилоmitha 4	14/11/2016	31/05/2017	4 767
West Coast	Cederberg Local Municipality	WCDM/2016/IMMS 3238/3243 - Regravelling of MR538 (km 43.59 - km 49.00) and (km 49.00 - km 60.00)	Ukugalelwa kwegrabile kwakhona kuMR538 (Albie Genade se pad) phakathi kukakhилоmitha 43.55 ukuya kukhилоmitha 60.	14/11/2016	30/06/2017	4 400

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi R'000)
Overberg	Swellendam Local Municipality	ODM/2016/IMMS 8053 - Regravel on MR268 (10.00 - 32.00)km Infanta	Ukugalelwa kwegrabile kwakhona kuMR268 (ukusuka kukhilomitha 10.00 ukuya kukhilomitha 32.00) eInfanta.	25/11/2016	31/08/2017	14 300
West Coast	Saldanha Bay Local Municipality	C0415.02: Extension of Main Road 559 from Port Service Corridor to Main Road 238 near Saldanha	Ukuvuselelwa kukaMR559 phakathi kukaMR238 nePort Service Corridor (ukusuka kukhilomitha 0.0 ukuya kukhilomitha 4.2).	13/01/2017	12/12/2018	162 043
Central Karoo	Beaufort West Local Municipality	CKDM/2016/IMMS 4113 - Short-Section Regravelling on TR5801 (13.41 - 23.81)km	Ukugalelwa kwegrabile kwakhona kwindawo emfutshane kuTR05801 (ukusuka kukhilomitha 13.41 ukuya kukhilomitha 23.81).	23/01/2017	28/04/2017	2 719
Eden	Oudtshoorn Local Municipality	C0918: Rehab TR33/3 - Oudtshoorn/De Rust	Ukuhlaziywa kukaTR33/3 phakathi kweOudtshoorn neDe Rust.	25/01/2017	24/01/2019	204 203
Eden	Oudtshoorn Local Municipality	C1007.05: Upgrade Gravel Road DR01694 from km 0 to km 5.51 - Dysseisdorp	Ukufakelwa kwetha kwindlela yegrabile uDR01694 ukusuka kukhilomitha 5.51 ukuya kukhilomitha 6.41 – Dysseisdorp.	25/01/2017	30/06/2017	3 720
Eden	Oudtshoorn Local Municipality	C1007.06: Upgrade Gravel Road DR01662 km 36.47 to km 37.13 - Dysseisdorp	Ukufakelwa kwetha kwindlela yegrabile uDR01662 ukusuka kukhilomitha 36.47 ukuya kukhilomitha 37.13 – Dysseisdorp.	25/01/2017	26/05/2017	1 883
West Coast	Bergrivier Local Municipality	C0917-S1: Rehab MR527 between MR529 and MR531	Ukuvuselelwa kukaMR00527 phakathi kukakhilomitha 4.1 nokhilomitha 6.76 kufutshane nePiketberg. Kuzakubizwa imali yokuphatha lo msebenzi ngokwesivumelwano esikhoyo ngoku sikaC917.	01/02/2017	30/06/2017	18 573
Cape Winelands	Stellenbosch Local Municipality	CWDM/2016/IMMS 7563 - Regravelling on DR1104 (0.00 - 2.95)km Groenfontein	Ukugalelwa kwegrabile kwakhona kuDR1060 (ukusuka kukhilomitha 0.00 ukuya kukhilomitha 2.95) eGroenfontein. Ukufakelwe komhlaba oluhlalutye olubomvu, ilaterite, okutyeba kuyi-100mm kunye nemibhobho yokuhambisa amanzi.	22/03/2017	06/04/2017	1 631

Isithili	Umasipala	Igama leprojekthi	Ingcaciso egcweleyo	Umhla wokuqala	Umhla ekuqikelelwa ukuba kuza kugqitywa ngawo	Iindleko zeprojekthi (R'000)
Overberg	Theewaterskloof Local Municipality	C0984: Reseal MR191 & MR279 near Theewaterskloof dam & MR279 between Villiersdorp & Grabouw	Ukuvuselelwa kwetha kuMR00191 & MR00279 kufutshane neTheewaterskloof Dam neMR00279 phakathi kweVilliersdorp neGrabouw. Ukwandiswa nokulungiswa kweendlela. Ukwandiswa kweBhulorho kuMR00279.	28/03/2017	28/05/2018	100 789

Akukho zicwangciso zikhoyo zokuvala okanye ukuthoba umgangatho waso nasiphi na isibonelelo.

Isicwangciso somsebenzi wokuphungulwa komsebenzi omninzi osemva kulondolozo lwezibonelelo siza kuxhomekeka kwimali eyabelwe iSebe, into leyo ethetha ukuba kuza kufuneka enye imali ezizigidi zeerandi ezingama-900 ngonyaka (xa kubalwa ngokwexabiso lerandi ngo-2014) ukuqinisekisa ukuba umgangatho weendlela kule minyaka ilishumi izayo awuhli. Imali eshotayo kwibhajethi ibalwa ngokwenani leekhilomitha zendlela ekufuneka zivuselelwe, zihlaziye iitha, zigalelwe igrabile kwakhona okanye indlela zegrabile ezifakelwe iitha.

Ngenxa yokunyuka kweendleko zokwakha, lo msebenzi mninzi usemva ungabekelwanga mali yokuwenza usafuna imali engaphezulu kweebhiliyoni ezili-10 zeerandi (ngokwamaxabiso ka-2013/14). Nangona imali isiwa nganeno kule ifunekayo, iindlela zetha zisagcinwe zisemgangathweni ofanelekileyo ngenxa yesicwangciso-qhinga sokulondolozisa iindlela esigxininisa kakhulu ekuvuseleleni, ekuhlaziyeni iitha, ekugaleleni kwakhona igrabile kwiindlela zegrabile okanye ekufakeleni iitha kwiindlela zegrabile. Noko kunjalo, imeko yeendlela zegrabile ngokubanzi iyaqhubeka nokufuna ukuba mbi kwakunye nokungakwazi ukuhlawulela ngokupheleleyo imisebenzi yokwandisa okanye ukuphucula iindlela.

IRNIS yeDTPW inolwazi neenkukacha zakutsha nje.

Funda kutheyibhile 21 (Imeko yeendlela ezinetha) noTheyibhile 22 (Imeko yeendlela zegrabile) ukuze ufumane iinkukacha ngeemeko yeendlela ngoku.

Yiya kuMsebenzi: IiProjekthi zeziBonelelo uqwalasele kakhulu phantsi kweeprojekthi zeentengo ezinkulu eziqhubayo sithetha nje.

Icandelo C: Ukuphatha

1 Intshayelelo

I-DTPW izinikele ekulondolozeni eyona migangatho yokuphatha ephezulu kakhulu nebaluleke gqitha ekulawulweni kweemali nemithombo karhulumente. Abafundi beNgxelo yoNyaka bafuna ingqiniseko yokuba i-DTPW ineziseko zokuphatha ezifanelekileyo ezimiselweyo ukuze kubenokusetyenziswa ngempumelelo, ngobuchule nangoqoqosho kwemithombo karhulumente enayo ezixhaswa ngemali yomhlawuli-rhafu. Enye yeemfundiso ezingundoqo ze-DTPW "kukuphendula ngokwenzayo" yaye oku kukhuthazwa yimeko yokuphatha eyenziwe luqilima.

2 Ukulawulwa kwelahleko

IGosa loKuphendula ngoSetyenziso lweMali (*Accounting Officer*) leDTPW lithatha uxanduva lokuphumeza ukulawulwa kwelahleko kwiqumrhu (*enterprise risk management*) (ERM) ngokomgaqo-nkqubo i-NT Public Sector Risk Management Framework (PSRMF). ICandelo loLawulo lweLahleko kwiQumrhu (*Directorate Enterprise Risk Management*) kwi-DotP inkonzo yokunika inkxaso ngobuchule elawulwa entloko e-DTPW.

Ngokuhambelana mbo ne-NT PSRMF kwanokubethelela ngakumbi ukulawulwa kwelahleko kwi-DTPW, i-WCG ivume umgaqo-nkqubo oyi-ERM Policy Statement ochaza injongo equkathwe yi-WCG ngokumalunga ne-ERM. I-DTPW yamkele umgaqo-nkqubo i-ERM Policy 2016/17 – 2017/18, eyavunywa yi-AO ngowe-19 Epreli 2016. Isicwangciso i-ERM Implementation Plan siphumeze umgaqo-nkqubo osisicwangciso sobuchule i-ERM Policy and Strategy nesichaza iindima nemisebenzi yabaphathi kunye neyabasebenzi ekubetheleleni ulawulo lwelahleko kwiDTPW.

I-DTPW yaye yazihlola iilahleko ezazinokubanamandla ekuphunyezweni kweenjongo zesebe, ngokusekelwe kwinqanaba lobuchule kunye nelenkqubo, rhoqo ngekota. Iilahleko leyo yanikwa ingqwalaselo ephambili ngokusekelwe kokunokwenzeka nakwisiphumo (kwilahleko egqithisileyo nelahleko engephi) kunye neenkqubo ezongezelelweyo zokunciphisa kwaye kwavunyelwana ngazo ukunciphisa iilahleko ziyokufikelela kumanqanaba awamkelekileyo. Iilahleko ezintsha /ezisavelayo zaye zaqatshelwa ngethuba lokuqwalaselwa kwakhona kweenkqubo rhoqo ngekota nanggethuba leentlanganiso zarhoqo ngeveki zeKomiti ya Baphathi aBaphezulu.

Okusisiphumo kwinkqubo yentsebenzo yeziko

linkqubo zokulawula iilahleko ezisemgaqweni kwiDTPW zaba negalelo ekuphunyezweni kophicotho-zincwadi olungenamakhwiniba kangangeminyaka emihlanu elandelelanayo.

Ingxelo i-Enterprise Risk Management Committee (ERMCO) Report:

Umsebenzi weKomiti yoLawulo lweLahleko kwiQumrhu

I-ERMCO inika ingxelo yokuba iye yahambelana mbo nemisebenzi yayo esusela kwiCandelo 38 (1)(a)(i) lePFMA noMmiselo weOfisi kaNondyabo 3.2.1. I-ERMCO kwakhona inika ingxelo ivume iMimiselo yeNkqubo yokuSebenza esesikweni (*formal Terms of Reference*) (eyayivunywe ngusihlalo we-ERMCO nge-06 Juni 2016) njengomgaqo wayo oyi-Enterprise Risk Management Charter, iye yayilawula imicimbi yayo ngokuhambelana mbo nalo mgaqo kwaye iye yayenza imisebenzi yayo njengoko ibhaliwe kuyo.

Amalungu eeKomiti zoLawulo lweLahleko kwiQumrhu

I-ERMCO inamalungu akhethiweyo ekomiti yabaphathi abakhulu be-DTPW. NgokweMimiselo yeNkqubo yoKwenziwa koMsebenzi (*Terms of Reference*), i-ERMCO yaye yahlanga ubuncinane kane (rhoqo ngekota) ebudeni bonyaka ophantsi kokuqwalaselwa kwakhona.

Le theyibhile ilapha ngezantsi ibhengeza iinkcukacha ezichaphazela amalungu e-ERMCO:

Ilungu	Isikhundla	Iintlanganiso ezicwangcisiweyo	Ezihanjiweyo	Umhla wengqesho
Nks J Gooch	IGosa lokuPhendula ngezeMali (UMBeki-liso kwiLahleko kwanoSihlalo we-ERMCO)	4	3	n/a
Mnu C Ismay	USekelaMlawuli-Jikelele (DDG): wezeMali – (CFO)	4	3	15/04/2016
IGqwt leJaji C Smith	UMlawuli oyiNtloko (CD): weCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo	4	4	15/04/2016
Mnu F Hanekom	DDG: woLawulo ngoBuchule, uCwangciso noQuquzelelo	4	4	15/04/2016
Mnu G van Schalkwyk	CD: woMgaqo-nkqubo noKuhlanganiswa kwesiCwangciso	4	4	15/04/2016
Mnu R Maharaj	CD: woLawulo ngoBuchule neNkxaso eKwenzeni uMsebenzi	4	4	15/04/2016
Mnu G Kode	DDG: weMisebenzi kaRhulumente yePhondo	4	4	15/04/2016
Mnu L Fourie	CD: woLawulo loQhagamshelwano lweeNdlela	4	3	15/04/2016
IGqwt leJaji K Reinecke	DDG: woLawulo lwezoThutho	4	4	15/04/2016
Nks H Robson	DDG: wezoQiniseko -mgangatho kwiZiko (DotP)	4	3	15/04/2016
Mnu R Jansen van Rensburg	CD: weeNkonzo zoPhando ngeLahleko yezeMali yePhondo (DotP)	4	4	15/04/2016

Ilungu	Isikhundla	lintlanganiso ezicwangcisiweyo	Ezihanjiweyo	Umhla wengqesho
Nks E de Bruyn	UMlawuli: weZiko le-e-Innovation (DotP)	4	4	15/04/2016
Nks A Haq	UMlawuli: woLawulo lweLahleko kwiQumrhu	4	4	21/06/2016
Mnu J Koegelen berg	UMlawuli: weziThuthi zikaRhulumente	4	2	20/04/2016

Abanye abathathi-nxaxheba	Isikhundla	lintlanganiso ezicwangcisiweyo	Ezihanjiweyo
Mnu B Rahim	UMlawuli: wokuPhathwa kweMali (UMBeki-liso kuBuqhobololo)	4	4
Nks C Mdlalo	USekela Mlawuli: woLawulo lweLahleko kwiQumrhu	4	4

IMisebenzi eyiNtloko yeKomiti yezolawulo lweLahleko kwiQumrhu

IGosa loKuphendula ngeMali ngumbeki-liso kwilahleko kwanosihlalo we-ERMCO. Ekwenzeni umsebenzi wayo, i-ERMCO yenze le misebenzi ibalulekileyo ilandelayo ebudeni bonyaka:

- Iqwalasele kwakhona iSixhobo soKuhlola uLawulo lweNtsebenzo i-*Management Performance Assessment Tool* ngokunxulumene nemiba yezolawulo lwelahleko;
- Iqwalasele zonke iikhweshine ezingoBume noKuqwalaselwa kwakhona koKuphathwa kweZiko i-*Corporate Governance Review and Outlook (CGRO)* ngokunxulumene nemiba yezolawulo lwelahleko;
- Iqwalasele kwakhona umgaqo-nkqubo i-*DTPW's Risk Management Policy, Strategy and Implementation Plan*; ukwenzela ingcebiso esuka kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye nemvume yeGosa loKuphendula ngezeMali;
- Imisele, yaqwalasela kwakhona yaze yasebenzisa ii-risk appetite kunye nee-*tolerances*, yaza yacebisa ngokufanayo ngenjongo yokuba kube nokufumaneka imvume yeGosa loKuphendula ngezeMali;
- Iqwalasele kwakhona umgaqo wokuqwalasela nokuhlola ilahleko weDTPW;
- Iqwalasele ukusebenza kakuhle kweenkqubo ezinciphisa ukusetyenziswa ngokungekho sengqiqweni kwemali injongo ikukusombulula ilahleko eziqaphelekayo ze-DTPW;
- Ivumelene ngenyathelo emalithathiwe ngokumalunga nazo naziphi na iinguqu emazeniwe kubume bezelahleko kwiDTPW;
- Iqwalasele kwakho isicwangciso i-*Fraud Prevention Plan (Strategy, Policy and Implementation Plan)* yaze yacebisa ukuvunywa ngokusesikweni kwaso liGosa loKuphendula ngezeMali;
- Ihlole ukusebenza ngempumelelo kokuphunyezwa kwesicwangciso i-*Fraud Prevention Plan*;
- Iqwalasele kwakhona nakuphi na okuziphumo ezifunyanisiweyo kunye neengcebiso ngababoneleli-nkonzo be-inshorensi ngokumalunga nenkqubo

yezolawulo lwelahleko yaza yabeka esweni ukuqinisekisa ukuba kumiselwe amanyathelo afanelekileyo okusombulula iziphene;

- Ibhale phantsi iinjongo nezalathiso zentsebenzo ezibalulekileyo ze-ERMCO ukwenzela ukuba zivunywe ngokusesikweni liGosa loKuphendula ngezeMali;
- Ibhale phantsi iinjongo eziphangaleleyo, iinjongo ezilinganisekayo kunye nezalathisi zentsebenzo ezibalulekileyo ukulinganisa ukusebenza ngempumelelo kokwenziwa komsebenzi wokulawula ngobuchule ilahleko kwisebe;
- Ihlole ubungakanani nempumelelo yokuhlanganiswa kwenkqubo yezolawulo lwelahleko kwiDTPW; kunye
- Ihlole ukuphunyezwa kwesicwangciso sesebe esiyi-*Risk Management Policy, Strategy and Implementation Plan*.

IziGqibo zeKomiti yezolawulo lwelahleko kwiQumrhu

Izigqibo zonyaka wama-2016/2017	Zizonke
Inani lezigqibo ezithathiweyo	14
Inani lezigqibo eziphunyeziweyo	7
Inani lezigqibo ezisaphunyezwayo	7

Okulandelayo ziilahleko ezibalulekileyo ezaye zaqwalaselwa ebudeni bonyaka zaza zalungiswa:

IProgram 1:

- Inkqubo yokhuphiswano ngezini-maxabiso kwi-CIDB Grade 9 ibe semngciphekweni;
- Ukungakwazi kungena kwiisistim ze-IT nakwiinkcukacha ezinxulumene noko kwimeko yophazamiseko olukhulu okanye yentlekele;
- Ukungangqinelani kokusebenza kakuhle kwesistim ye-IT ekhoyo neemfuno zesebe;
- Ukungabi namniniyo nokungacaci ukuba isingise phi isistim ye-ECM, ngenxa yokutshintshwa kowongamela ukuphunyezwa kwenkqubo ukusuka kwi-DTPW ukuya kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo;
- Ukungakwazi ukutsala, ukugaya nokugcina izakhono zobugcisa ezifanelekileyo;
- Ukunqongophala kwezithuba ezixhaswa ngemali ukuqesha abagqatswa abakuqeqesho;
- Ukungakwazi kakuhle kwabafundi abasuka kwiindawo zabahlwempuzekileyo ukuba bamkelwe yaye bapase imathematika nezifundo ezinxulumene noko kumaziko emfundo ephakamileyo; kunye
- Nenkqubo yokuququzelelwa ngokungephi phakathi kwe-Centre for e-Innovation neDTPW ngethuba lokucwangciswa nokuphunyezwa kweeprojekthi zeziseko zophuhliso ze-DTPW.

IProgram 2:

- i-IDMS;
- Ukwandisa inkqubo yokulungisa ngenjongo yokulondoloza;
- Ukubonelelwa ngombane ngokungaphelelanga;

- Amatyala abanjwa ngabantu, ukutshatyalaliswa kwexabiso lee-asethi nokugqwalisela kwegama lesebe;
- Ukusilela ukwenza ngokwenkqubo yokwenziwa kwezinto yale mihla; kunye
- Nokungathotyelwa kwe-GIAMA enxulumene nokuzaliswa kweenkqubo zohlolo lobume beziko (*facility condition assessments*) ekufuneka ingeniswe ungadlulanga umjikelo weminyaka emihlanu.

IProgram 3:

- Ukungakwazi ukulondoloza uthungelwano lweendlela zephondo; kunye
- linguqu kuwiso-mthetho i-*National Environmental Management Act* oluchaphazela iindawo ekombiwa kuzo izinto zokwakha (*borrow pits*).

IProgram 4 & 5:

- Urhwaphilizo nobuqhophololo kwisebe lezothutho;
- Ukulungela kukazwelonke namaphondo ukuqalisa umthetho i-*Administrative Adjudication of Road Traffic Offences Act (AARTO)*; kunye
- Eminye imithetho engobundlobongela kwizithuthi zikawonkewonke nezenzo zolwaphulo-mthetho.

IProgram 6:

- Ukulibaziseka ekukhutshweni kwezatifikethi zabafundi ziiSETA ezichaphazelekayo.

ISebe leZithuthi zikaRhulumente:

- Ukungakwazi ukwenza iinkonzo eziyimpumelelo kwabenzelwa iinkonzo;
- Iinkqubo ezingagqibelelanga neenkqubo zokwenziwa komsebenzi zokulawula izohlwayo zokwaphulwa kwemithetho yendlela; kunye
- Nokulibaziseka kokuthengwa kwezithuthi kunye nokutshintshwa kwezithuthi.

Isiqukumbelo

Ngeli thuba liphantsi kokuqwalaselwa kwakhona, iGosa loKuphendula ngezeMali, ngokuthi lenze imisebenzi ye-ERMCO yeDTPW njengoko kubhekisiweyo apha ngentla, yaqhubeka ukuququzelela ngempumelelo inkqubo yokuhlolwa kwelahleko ukuqaphela nayiphi na ilahleko ebonakalayo i-DTPW enokuzifumana ikuyo laza lahlola ezi zicwangciso zokulawula ezi lahleko. Le Komiti iyaqhubeka ngokugxininisa umoya ogxininisa nokwabonisa uncedo lwenkqubo esekelwe kwilahleko (*risk-based approach*) kulawulo lwangaphakathi nakwindlela yokuphatha iSebe.

Amanye wamanyathelo abalulekileyo athathwe yi-ERMCO ekuhambeni konyaka ayebandakanya ukuqwalaselwa kwakhona kweSixhobo soHlolo loLawulo lweNtsebenzo (*Management Performance Assessment Tool*) ngokunxulumene nemiba yolawulo lwelahleko, ukuqwalaselwa kwakhona kwesicwangciso esiyi-*Department's Risk Management Policy, Strategy and Implementation* kwakunye nokuqwalaselwa kwakhona kwesicwangciso sokuthintela ubuqhophololo esiyi-*Fraud Prevention Plan*.



JT Gooch
IGosa loKuphendula ngezeMali
UMHLA: 30 Agasti 2017

3 Ubuqhetseba nobuqhophololo

Ubuqhetseba nobuqhophololo bumele ezona zenzo zinokuba zezona lahleko zigqithisileyo kwii-asethi zeSebe yaye zinako ukuchaphazela kakubi ukwenziwa kwenkonzo ngobuchule kunye negama elihle leDTPW.

I-WCG yaye yamkela isicwangciso esiyi-*Anti-Corruption Strategy* esingqinisa inyathelo likarhumente wephondo wokungabunyamezeli kwaphela ubuqhetseba nobuqhophololo. Ngokungqinelana nesi sicwangciso, i-DTPW izibophelele ekungazinyamezeleni kwaphela naziphi na izenzo zobuqhetseba nobuqhophololo nokuba zingaphakathi okanye zingaphandle, yaye liswantsulisa yaye litshutshisa nawaphi na amaqela azibandakanya kwiinkqubo ezinjalo okanye azama ukwenjenjalo likwenza oko lisebenzisa zonke iindlela ezifumanekayo ezisemthethweni.

I-DTPW liye lavuma ngokusesikweni isiCwangciso soKuthintela uBuqhophololo (*Fraud Prevention Plan*) esiquka umgaqo-nkqubo nesisicwangciso kwakunye nesiCwangciso soKuphunyezwa koKuthintelwa koBuqhophololo (*Fraud Prevention Implementation Plan*) esiphumeze isiCwangciso soKuthintela uBuqhophololo.

Amajelo ahluka-hlukeneyo okuchaza izityholo zobuqhetseba nobuqhophololo acaciswe ngokuthe vetshe kwisicwangciso i-*Provincial Anti-Corruption Strategy and the Departmental Fraud Prevention Plan*. Isityholo ngasinye esaye safunyanwa yi-PFS Unit sibhaliwe kwinkqubo yayo eyi-*Case Management System* esetyenziswa njengesixhobo solawulo sokuchaza malunga nenkqubela esele yenziwe ngokumalunga neekheyisi ezinxulumene ne-DTPW kunye nokubhala iinkcukacha-manani ze-WCG ne-DTPW.

Abaqeshwa abampimpa izenzo ezikrokrisayo zobuqhetseba, ubuqhophololo nobusela bukhuselekile ukuba ukuchaza oko kukuchaza okukhuselekileyo (o.k.t. kuyazifezekisa iimfuno ezisemthethweni yaye oku kwakwenziwe ngokunyanisekileyo). Umgaqo-nkqubo wamasebe ngamasebe i-*transversal Whistle-blowing Policy* ivunywe ngokusesikweni nge-24 Februwari 2016 ukunika isikhokelo kubaqeshwa ngendlela yokuvakalisa iinkxalabo kubaphathi bamacandelo namacandelwana abafanelekileyo, kubantu abathile abatyunjelwe loo njongo kwi-WCG okanye kumaziko angaphandle, apho banezizathu ezivokothekileyo zokukholelwa ukuba ezo zenzo zolwaphulo-mthetho okanye izinto ezingafanelekanga ziye zenziwa, okanye zenziwa kwi-WCG. Ithuba lokungazichazi ukuba ungubani linikwa nawuphi na umntu ongathanda ukuchaza izenzo zobuqhetseba, ubusela nobuqhetseba kwaye, ukuba bakwenza oko ubuso ngobuso, ukuzazisa kwabo kugcinwa kuyimfihlelo ngumntu lowo bachaza kuye.

Nje ukuba ubuqhetseba okanye ubuqhophololo bungqinisiswe emva kokugqitywa kophando, umqeshwa ochaphazelekayo owaye wathatha inxaxheba kwezi zenzo uya kuthathelwa amanyathelo ezoluleko. Kuzo zonke iimeko ezinjalo, ummeli weWCG othatha osungula amanyathelo ezoluleko kufuneka acebise ukugxothwa komqeshwa lowo uchaphazelekayo. Apho kukho ubungqina obubambekayo besenzo solwaphulo-mthetho obufumanekayo, lo mba wolwaphulo-mthetho uchazwa kwiNkonzo yamaPolisa yaseMzantsi Afrika (*South African Police Service*).

Njengexalenye yesicwangciso esiyi-*Department's Fraud Prevention Plan* iyuniti yePFS yanika uqeqesho lokunika ulwazi ngobuqhetseba, ubuqhophololo kunye nokumpimpa kunyaka ophantsi kokuqwalaselwa kwakhona. Ezona njongo zibalulekileyo zoqeqesho yayizezi:

- Ukwandisa ulwazi lwabo basengabenzi bobuqhophololo ngenkqubo yokuqatshelwa kwezenzo zolwaphulo-mthetho ngokunika abaqeshwa ulwazi lweengcamango, kunye neendlela ubuqhetseba, ubusela nobuqhophololo bunokuzibonakalisa ngayo; kunye
- Ukunika ulwazi ngamanqaku anakuba ziingcebiso okwandisa ulwazi lomgaqonkqubo i-WCG *Whistle-blowing Policy*, imisebenzi yokuchaza, iimfuno zokuba inkcazelo eyenziwe mayibe yinkcazelo ekhuselekileyo ngomthetho i-*Protected Disclosures Act, 2000 (Act 26 of 2000)*.

Olunye unxibelelwano ngokweyoKwindla ni lwaye lwenziwa kumagosa eWCG ukuwazisa ngamanyathelo aye athathwa ngokubhekiselele kubantu abakrokrelwa ngokuchaphazeleka kwizenzo zolwaphulo-mthetho emva kokuba kuqukunjelwe uphando olunzulu (*forensic investigations*). Amagosa aye anikwa ulwazi kwakhona ngonxibelelwano ngokweyoKwindla ni ngokumalunga nokumpimpa ngendlela esengqiqweni.

Ngo-2016/17, ngamagosa angama-510 athi aya kuqeqesho lwe-DTPW.

Malunga nonyaka ophantsi kokuqwalaselwa kwakhona, kwakhutshwa i-PFS *Case Movement Certificate*:

likheyisi	Inani leekheyisi
likheyisi ezivulwe ukususela ngowoku-01 Epreli 2016	7
likheyisi ezintsha (2016/17)	9
Ezithunyelwe kwakhona kwiSebe	1
likheyisi ezivaliweyo (2016/17)	(8)
likheyisi ezigqithiselweyo (2016/17)	(4)
likheyisi ezivuliweyo ukususela kowama-31 KweyoKwindla 2017	5

Le theyibhile ilandelayo icazulula ngaphezulu iikheyisi ezivaliweyo nezigqithiselweyo ezichazwe apha ngentla:

Inyathelo elingaphezulu	likheyisi ezivaliweyo (8)	likheyisi ezigqithiselweyo (4)
Ezingenasiseko	4	2
Ezigqithiselwe kwiCandelo loBudlelane eMsebenzini/kwi-SAPS	2	-
ISebe kwaye kwafuneka libeke esweni imimiselo yekhontraki	-	1
ISebe laphumeza iinkqubo zolawulo	2	1

Ukuhlolwa kwelahleko yobuqhetseba

Ngo-2016 kuhlolwe ilahleko yobuqhetseba kwaza kwahlaziywa kwakhona irejista yokubhala ilahleko yobuqhetseba yamkelwe ngokusesikweni nge-21 KweyoKwindla 2017.

4 Ukunciphisa ukuba nedolo norkwaphilizo

ISEBE laye lalawula ezi nkqubo zilandelayo ukunciphisa ukuba nedolo norkwaphilizo kwinkalo yeCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo (*Supply Chain Management*). ISistim ye-SCM yeGosa loKuphendula ngezeMali ifuna ukuba bonke abaqeshwa abakwiCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo kufuneka angenise inkcazelo yaqho ngonyaka yeemfuno zemali (*annual disclosure of financial interests*) kunye nokusetyenziswa qho ngonyaka kwenkqubo yoMsebenzi kaRhulumente oHlawulelwa uMvuzo Ngaphandle kweeYure zoMsebenzi (*Remunerative Work Outside the Public Service (RWOPS)*), kuthathelwa ingqalelo iMimiselo yeNkonzo kaRhulumente emitsha (*Public Service Regulations*) ukususela kumhla wo-01 Agasti 2016. Ukongeza:

- Okubhaliweyo kwi-*Public Service Regulations* ukususela ngowo-01 Agasti 2016 kwaziswe amagosa apho kungenzeka ukuba kungabikho kuthotyelwa kwemimiselo;
- Kuqaliswe amalungiselelo ethuba lenguqu njengoko kumiselweyo kwisiHlomelo 1(2) ze-SPR;
- Ukubhengezwa kweemfuno (*interest*) kwaye kwafunwa ukuba wonke umntu obandakanyekayo kumba lowo uphantsi kwengqwalaselo, ingcebiso kunye/okanye inkqubo yokugweba kwiziniki-maxabiso (*bids*);
- Bonke abo banako ukungenela inkqubo yokuqatshelwa iziniki-maxabiso kufuneka bathobele iimfuno zoxwebhu oluyi*Western Cape Bid Document (WCBD) 4* (ukuchazwa kwemfuno/indlela abaqhuba ngayo ababoneleli-nkonzo/inkcazo eyenziwa ngabaqeshwa nenkqubo yokugweba ezimeleyo kwenkqubo yeziniki-maxabiso);
- Bonke abasebenzi be-DTPW mabathobele imigangatho yokuziphatha ngentsulungeko (*ethical standards*);
- Kumiselwe imigqaliselo ngokumalunga nokuyimfihlelo;
- Kumiselwe umGaqa woKuziphatha weepraktishina zeSCM;
- Uyathotyelwa umgaqa i-NT's *Code of Conduct for Bid Adjudication Committees*;
- Ukuba nako ukwamkela ukubezelelwa (*gratification*), izipho zesihle (*hospitality*) kunye nezipho ziya kuthathwa njengokungqubana kwemfuno; kunye
- Ukuqinisekiswa kokumiselwa kweenkqubo zokhuphiswano ngezizini-maxabiso/ngeeprofayili zabaqeshwa eziquka inkqubo yokuthelekisa yaqho ngenyanga yeenkcukacha zabaqeshwa kwisistim eyi-*Personnel Salary system (PERSAL)* kwiziko ledatha yababoneleli-nkonzo kwakunye nedatha ye-NT's *CSD* eneenkcukacha zababoneleli-nkonzo. Oku kusebenza njengolawulo lokuthintela kunye nesixhobo sokucupha nokuqaphela amagosa aqhuba ushishino norhulumente.

Imiyalelo eyi-*Provincial Treasury Instructions* ifuna ukubhaliswa ngokunyanzelekileyo kwabo bonke ababoneleli-nkonzo kwiziko ledatha eliyi*Western Cape Supplier Database* abanenjongo yokugweba ushishino noRhulumente waseNtshona Koloni kuqukwa nokulandelayo:

- Ukungqinisiswa kwiqumrhu eliyi-*Companies and Intellectual Property Commission* emalunga nokubhaliswa kweekhampani kunye neenkcukacha zobumnini;

- Inkcazo efungelweyo yohlobo lwe-WCBD 4, eyenziwa ngabo bonke ekulindeleke ukuba bakhuphisane kwinkqubo yeziniki-maxabiso; kunye
- Nokungeniswa kweprofayili ye-BEE engqinisiswa kwiziko ledatha ye-BEE ye-DTI.

Umyalelo oyi-National Treasury Instruction 4A wama-2016 ufuna ukuba kubhaliswe kwiziko ledatha eliyi-Central Supplier Database ngabo bonke ababoneleli-nkonzo abanenjongo yokuqhuba ushishino norhulumente. I-NT yanikwa imvume ye-Provincial Treasury ukongamela i-WCSD ngaxeshanye ne-CSD. Ezi nkukacha zibalulekileyo zilandelayo zabo banokuba ngababoneleli-nkonzo zingqinisiswa kwi-CSD.

- Ukubhaliswa kweshishini, kuqukwa neenkukacha zobulawuli kunye nobulungu;
- Iinkukacha zomnini we-akhawunti yebhanki;
- Imo yabakwinkonzo karhulumente;
- Imeko yokuthotyelwa kwemithetho yerhafu;
- Inombolo yesazisi;
- Inqanaba le-BEE; kunye
- Nokusilela kweenkqubo zethenda kunye nezithintelo.

Ukuqatshelwa nokungqinisiswa kwezinto ezinokuba kukungqubana kwemfuno yabaqeshwa oko kusenziwa ngengxelo eyi-Provincial Treasury's Compliance Report.

Uqeqesho lwaqho ngonyaka neendibano ezisesikweni ezingokuziphatha ngentsulungeko (*ethics*) ezenziwa ngokugqitha kwiCandelo loLawulo loKuthengwa kweMpahla neNkonzo (*Supply Chain Management*).

Xa kuqatshelwe ukungqubana kweemfuno kwinkalo yoLawulo loKuthengwa kweMpahla neNkonzo, oko kuthathwa njengempatho-mpi kwi-SCM System. I-SCM System yeGosa loKuphendula ngezeMali iyayichaza inkqubo emayilandelwe ukuphendula malunga nempatho-mpi.

5 Umgaqo wokuziphatha

ISebe lizibophelele kumgaqo wokuziphatha weNkonzo kaRhulumente. Imigangatho eyeyona iphezulu yokuqhutywa kwezoshishino ngokusulungekileyo iyafuneka kubasebenzi bakarhulumente abaqeshwe liSebe ekuzalisekiseni imisebenzi yabo. Bonke abaqeshwa banoxanduva lokuqinisekisa ukuba indlela yokuziphatha kwabo isulungekile yaye kufuneka bazise naziphi na iinkqubo zongenelelo ezinokubakho zalo mGaqo kwingqwalaselo yesuphavayiza yabo. UmGaqo woKuziphatha usasazwa ngekhompyutha kubo bonke abaqeshwa rhoqo kwinyanga yesibini. Bonke abaqeshwa abatsha bayachazelwa kwiileta zabo zengqesho ukuba umGaqo woKuziphatha uyafumaneka kwiziko lewebhu le-WCG. Incwadana esetyenziswayo eyi-Explanatory Manual on the Code of Conduct for Public Servants yaye yasiwa kuwo onke amalungu e-SMS.

6 Imiba yezempilo, ezokhuseleko nezokusingqongileyo

UMthetho wezeMpilo eMsebenzini nezoKhuseleko (*Occupational Health and Safety Act*), wowe-1993 (uMthetho 85 wowe-1993) inyanzelisa uxanduva kwiSebe ukuqinisekisa ukuba ukukhuselwa ngokubonakalayo kwamaziko ophuhliso lweziseko alo, kwakunye nokuqinisekisa ezempilo nokhuseleko ngokubonakalayo kwekhontraki kunye nabaqeshwa bakhe. Ukuza kuthi ga ngoku, ezona mfuno zisezantsi ezinxulumene nendlela le lahleko emayilawulwe ngayo kumaziko eziseko zophuhliso ziqingqwe ngokusemgangathweni kwii-*Construction Tender Document suites* ezimiselwe yi-CIDB. Ngokuphathelele kwiziseko zophuhliso zezothutho, makuqhutywe iinkqubo zokuhlola uchaphazeleko lezokusingqongileyo.

I-DTPW inesicwangciso sokusebenza esiyi-*Safety and Security Committee* esiquka abameli abasuka kwiSebe lezoKhuseleko loLuntu (*Department of Community Safety*).

Ukunika inkxaso kwinkqubo yokusaba ngokungxamisekileyo eyimpumelelo, kwavunywa izicwangciso zokusaba eziyi-13. Kuya kuhlolwa kwakhona izicwangciso zokusaba ezingamashumi amabini anesibini kunyaka-mali wowe-2017/18. Kwaye kwaqhutywa imithambo yokuqhelanisa nokusaba (*evacuation exercises*) yaye yaqhutywa, yaza inxalenye yayo yahlehliswa ngenxa yeziphene kwisixhobo sezongxamiseko kwakunye nezithintelo zebhajethi ezaye zathintela ukuba kuyiwe kumaziko alawula ezendlela. Akuzange kuqhutywa ziseshoni zokunika ulwazi ngenxa yempendulo eyayingancomekiyo esuka kubasebenzi yokuqinisekisa ukuba baza kuya khona.

7 IiKomiti zeSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente

7.1 IKomiti yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente

7.1.1 Apha ngezantsi kudweliswe iimpendulo ze-DTPW zeKomiti yesiGxina (esisalathiso 11/4/12) yomhla wama-23 kweyokwindlaKweyoKwindla 2016.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezazicelwe yiKomiti	Impendulo ye-DTPW
IKomiti yacela uMetrorail anike ingxelo nalapho iindleko kanye zolibaziseko loololiwe zaziqukiwe, zibonisa unxibelelwano lwako kuqoqosho olubumbeneyo lwamazwe (<i>global economy</i>).	Impendulo yeDTPW ngokuphathelele koku yanikwa kwiKomiti eleteni (ezisisilathiso 11/1/2/2/ iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente), yomhla we-08 Epreli 2016.
IKomiti yacela ukuba xa inika ingxelo ngezenzo zolwaphulo-mthetho lwendlela ezikhokelela ekubanjweni, i-DTPW kufuneka kudwelise uhlobo lolwaphulo-mthetho kungaphelelwa nje ekuluchazeni ngokubanzi phantsi kwecandelo "lolunye uhlobo lokubanjwa" njengokuba kwakwenziwe kwinkcazo yabo.	I-DTPW iya kudwelisa uhlobo lwazo zonke izenzo zolwaphulo-mthetho zexesha elizayo. Ngaphezulu, isicwangciso sokusasazwa kwamagosa okunyanzelisa imithetho yendlela iqhutywa yinjongo yokunciphisa ukusweleka kwabantu kwiindlela zethu okukhokelwa yinkqubo yedatha yeenkcukacha ezikhethekileyo (<i>intelligence approach</i>) ngendlela eyandisa ukusebenza ngobuchule kwamagosa endlela
IKomiti yacebisa ngaphezulu ukuba iDTPW yaye yaqinisekisa ukuba amagosa ezendlela aqeqeshwe ngokupheleleyo asasazwa kwakhona kwiindawo apho anokusetyenziswa ngokwamandla abo apheleleyo.	

7.1.2 Apha ngezantsi kudweliswe iimpendulo zeDTPW yileta yeKomiti yesiGxina (esisalathiso 11/4/12) yomhla wama-23 kweyoKwindlaKweyoKwindla 2016.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yacela igama lophumeleleyo kukhuphiswano lwezinye-izinye kwakunye namagama abantu okanye emibutho ekhuphisana ngokuthengiswa kwepropathi yesikolo saseTrafalgar eSea Point.	Kwaye kwachazwa eleteni (esisalathiso TPW/11/1/2/2), yomhla we-08 Epreli 2016 eya kwiKomiti yonke imiba edwelisiweyo yeDTPW yempendulo ecacisiweyo.
IKomiti yacela ingxelo okanye imizuzu kwinkomfa yabatyalimali enxulumene nolawulo kwanokuchithwa kwepropathi (<i>property management and disposal</i>).	
IKomiti yacela ingxelo malunga nokuba iiNjineli ezine neNjineli yezoBugcisa enye, eyaye yenza yayigqiba i- <i>Graduate Professional Civil Engineering Programme</i> , yongeza ukumelwa kwiDTPW ngokoMthetho woBulungisa kwezeNgqesho (uMthetho 55 wowe-1998).	
IKomiti yacela uluhlu lwamacandelo ezithuba ze-OSD nenqanaba lentlawulo yomvuzo ochaphazelekayo enxulumene necandelo ngalinye.	
IKomiti yacela uluhlu lokuthengwa kwepropathi ezisixhenxe zamaziko emfundo.	
IKomiti yacela uluhlu lwenkcitho emalunga nokuhlaziywa ngokutsha kweLeeuwenhof Estate ukususela ekuqaleni konyaka-mali wama-2009.	
IKomiti yacela ikopi yePPTIF esayilwayo.	
IKomiti yacela ikopi yeengxelo zemali eziphicothiweyo ze- <i>George Link</i> , ikhampani esebenzayo ye- <i>Go George Project</i> .	
IKomiti yacebisa ukuba, ngokumalunga neethenda zokulungiswa kwe <i>Main Road 332</i> ephakathi koN2 neStilbaai, iDTPW iimfuno ezingummiselo zefom ebizwa ngokuba yi- <i>'shake-shake'</i> form yokugaya abasebenzi esetyenziswa ngumasipala othile ochaphazelekayo.	

7.1.3 Apha ngezantsi kudweliswe ileta yeKomiti yomhla wama-23 KweyoKwindla 2016 (esisalathiso 11/4/12), emalunga novavanyo lwezimvo zikawonkewonke iKomiti

ejolise kulo malunga nomthetho osayilwayo oyi-Expropriation Bill [B 4B-2015] (NCOP), kunye nempendulo ye-DTPW.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezazicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni yacela igalelo lomlomo okanye elibhaliweyo malunga nomthetho osayilwayo oyi-Expropriation Bill [B 4B-2015] (NCOP) ngemihla echaziweyo njengoko ikhankanywe kwileta yomhla wama-23 KweyoKwindla 2016.	Kwaye kwanikwa igalelo eliya eKomitini nguMphathiswa D. Grant, onguMphathiswa wezoThutho neMisebenzi kaRhulumente, kwileta yomhla wama-21 kuTshazimpuzi 2016 (esisalathiso 1/3/1/1/NAC 63 yowama-2012 – 2013), yomhla wama-21 Epreli 2016.

7.1.4 Imiba eyayishukuxwe kwileta yeKomiti yesiGxina 11/4/12 yomhla wama-25 Epreli 2016 malunga nentlanganisano yeKomiti yesiGxina eyayibanjwe nge-15 KweyoKwindla 2016, kunye neempendulo zeDTPW ezidweliswe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezazicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yavakalisa inkxalabo kukunqongophala kwemali yokuzalisa izithuba njengoko kubonakalisiweyo linani elikhulu lezithuba ezingenabantu ezingaxhaswa ngamali kwiCandelo loLawulo oluyiNtloko lwezeNdlela kwiPhondo (Provincial Traffic Directorate). Isiphumo sobume beemeko kukhuseleko lwabanini-zithuthi nabahambi ngeenyawo asiyonwabisi le Komiti.	Impendulo yeDTPW yahlehliswa yaza yanikwa kamva kwiKomiti kwinkcazo yomhla wama-23 Novemba 2016 neleta (esisalathiso 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla we-09 KweyoMnga 2016.
IKomiti yacela ukunikwa inkcazelo yiDTPW neOfisi kaNondyebo yePhondo malunga neenkqubo kunye nemithombo ekhoyo yokusombulula ukunqongophala ngokugqithisileyo kwemali yokuzalisa izithuba ezibalulekileyo kwiCandelo loLawulo oluyiNtloko lwezeNdlela (Traffic Management Directorate).	

7.1.5 Imiba eyayishukuxwe kwileta yeKomiti yesiGxina 11/4/1/1/2/7 yomhla we-12 Julayi 2016 kulandela utyelelo lokubeka iliso eHawston Primary School ngowama-26 KuCanzibe 2016, njengenxalenye yeeKomiti zeeKlasta zoKwenziwa kweeNkonzo (Service Delivery Cluster of Committees), kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yacela ukuba iDTPW iyinike amagama nezikhundla zamagosa kunye neekhontlari ezazinoxanduva lokucwangcisa, ukuphumeza nokubeka esweni iprojekthi yokuqala ngqa. Iinkalo zoxanduva lwabo mazicaciswe gca yaye ukuba ziyasebenza, makuchazwe isizathu sokuba kutheni kufuneka kulandelwe amanyathelo okohlwaya na.	Impendulo yeDTPW kwiKomiti yayifumaneka kwileta (ezisisalathiso 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina emalunga nezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla we-18 Oktobha 2016, 02 KweyoMnga 2016, 19 KweyoMnga 2016, 11 KweyoMqungu 2017, 03 Februwari 2017 kunye ne-23 Februwari 2017.
Isebe leMfundo esiSiseko lanika isakhelo esisetyenziswayo sokwakhiwa kwesikolo se-ASIDI esikhankanya imisebenzi yamasebe abandakanyekayo kwakunye neekhontlari ezahlukeneyo.	
Igama legosa elikwisebe lezocwangciso kumasipala elalithatha inxaxheba kwiprojekthi kwakunye negama likaceba wewadi.	

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
I-DTPW inika isicwangciso seprojekthi esihlaziye ngokutsha esiquka imisebenzi eyenziwa ngabo bonke abathathi-nxaxheba ekubhalwe kuso umhla wokugqibela wama-31 KweyoMnga 2016.	
Le komiti ngaphezulu yaye yagqiba ekubeni izicwangciso zezakhiwo nezokuhlaziya ngokutsha kwezakhiwo mazingeniswe ngokumalunga nazo zonke iinkqubo zophuhliso zexesha elizayo kumasipala ochaphazelekayo ukuqinisekisa ukuba abahloli bezakhiwo bayathunyelwa kwiziza kwanokuqinisekisa ukuba kulandelwa inkqubo efanelekileyo.	
IKomiti ngaphezulu yagqiba ekubeni iDTPW mayibambelele kumhla omalunga nokugqitywa komsebenzi weHawston Primary School nokuqinisekisa ukuba oko kwenzeka ngaxeshanye neekota zokuqala zesikolo ngo-2017.	
IKomiti ngaphezulu igqibe ekubeni iya kucela uMphathiswa wezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ukuba anike inkcazelo malunga nenkqubela kwiKomiti ngoSeptemba 2016.	

7.1.6 Isigqibo seKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-12 Julayi 2016, kulandela utyelelo lokubeka iliso eCaledon Traffic Centre ngowama-25 KuCanzibe 2016 njengenxalenye yeekomiti ezizii-Service Delivery Cluster of Committees, kunye neempendulo zeDTPW ezidweliswe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti icela ukuba iDTPW inike inani labantu ababanjwa ngokubhekiselele kwizenzo zolwaphulo-mithetho yendlela, kwachazwa uhlobo lolwaphulo-mthetho, kwiminyaka-mali 2014/15 no-2015/16 kwakunye nomyinge wempumelelo kwezotshutshiso.	Impendulo yeDTPW kwiKomiti yayikwileta (ezisisalathiso 11/1/2/2/zeKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla we-02 Agasti 2016 nowama-31 Agasti 2016. IKomiti yanikwa uluhlu lwabantu abaye babanjwa ngohlobo lolwaphulo-mthetho lweminyaka-mali 2014/15 no-2015/16. Ngaphezulu, impendulo yeDTPW yabonisa ukuba ukuqaliswa kwephulo lezonxibelelwano lokunika ulwazi kuwonkewonke malunga nokusetyenziswa kwe-Dräger Breathalyser nokungaziphumo zezenzo zolwaphulo-mthetho.
IKomiti icela ukuba iDTPW inike iingxelo ngobume bothetha-thethwano phakathi kweDTPW kunye noMnini-sakhiwo kwakunye nesicwangciso seDTPW se-Shared Services Centre kwiSithili saseOverberg.	
IKomiti ngaphezulu icebisa ukuba iDTPW mayakhe 'iphulo lokudala uloyiko' ('fear campaign') elikhokelela kumhla wokuba kuqaliswe kwakhona ngokusetyenzisi kwesivuthelisi esiyi-Dräger Breathalyser.	

7.1.7 Isigqibo seKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-18 Julayi 2016, kunye neempendulo zeDTPW ezidweliswe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>IKomiti icela ukuba iDTPW inike inkcazelo ebhaliweyo nokuhlaziya ngokutsha kweemeko kokulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuhlolwa kweemeko okwaqhutywa kwizakhiwo zikarhulumente. • Iingxelo eyi-Asset Preservation Report ebhekiselela ngokukodwa kwindlela iiprojekthi zokwakha nezolondo ezinikwa ubaluleko ngayo. • Iinkqubo zokuthomalalisa izithuthi ezindleleni zasetyenziswa ukunciphisa ingxinano ezindleleni ngethuba leeyure zesikolo nangethuba elingelolayure zesikolo kummandla waseKuilis River. • Ukuhlaziya ngokutsha nophuhliso lweziseko lweRouxville Primary neSoneike High School. • UGunyaziwe weMimiselo yezoThutho kwiPhondo (Provincial Transport Regulatory Authority) ngokubhekiselele kwindima nakumsebenzi wakhe ngokunxulumene ne-CoCT, kwakunye neMimiselo yoShishino lweziThuthi (Transport Industry Regulations) ekhuthaza ubulungisa nokuthintela impixano phakathi kwabasebenzi bezithuthi. 	<p>Impendulo yeDTPW kwiKomiti yayikwileta (esisalathiso TPW/1/4/1/1/2) yomhla we-19 Agasti 2016.</p> <p>Okubaluleke gqitha kukuba, ukubekwa phambili kweprojekthi kusekelwe ekulawulekeni ngobuchule komjikelo wepothifoliyo yee-asethi zeziseko zophuhliso yephondo ngokusekelwe kubungqina obuphenjelelwa ziinkqubo zokuhlolwa kobume beenkqubo (conditions assessments) kunye neengxelo zokulondolozwa kwee-asethi (asset preservation reports).</p> <p>Ukongeza, kwaye kwachazwa ukuba iDTPW yathatha inxaxheba ekubhalweni kwesicwangciso esiyi-Conflict Management Action Plan (IsiCwangciso esiliNyathelo lokuLawulwa kokuNgqubana kweeMfuno) ngenjongo yokubeka esweni iimbambano neempixano, kwanokuthatha inxaxheba ekuphenduleni kukarhulumente kwimpixano ekumila kunjalo xa ithe yenzeka.</p>

7.1.8 I-imeyili ebuza imibuzo yeKomiti yesiGxina yomhla wama-20 Julayi 2016, emalunga neKomiti yezeePropathi yePhondo (Provincial Property Committee) kunye neempendulo zeDTPW's zidweliswe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>IKomiti yabuza imibuzo malunga nokuqeshwa kwanendlela enika ngayo iingxelo iKomiti yezeePropathi yePhondo (Provincial Property Committee).</p>	<p>Impendulo yeDTPW yanikwa kwiKomiti kwileta (esisalathiso TPW 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente), yomhla we-08 Agasti 2016.</p> <p>Okubalulekileyo kakhulu kukuba, iKomiti yaqeshwa kwakunye namalungu akhoyo e-PPC aye aqeshwa nguMphathiswa uCarlisle ngowama-2011. Kwaye kwamiselwa iinkqubo zokunika iingxelo.</p>

7.1.9 IKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla woku-01 Agasti 2016, kunye neempendulo zeDTPW zidweliswe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezafunwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
<p>IKomiti yazisa iDTPW ukuba inkqubo yokunika inkcazo (ngokwelela yayo yomhla we-18 Julayi 2016), eyayicwangciselwe i-NDOT, kwisitim ye-AARTO, yahlehliswa ngenxa yokungafumaneki kwamagosa nangenxa yokufakelwa kwezilungiso kulo Mthetho.</p>	<p>I-DTPW ikuqwalasele oko</p>
<p>IKomiti yazisa iDTPW ukuba intlanganiso yaye yacwangciselwa owe-16 Agasti 2016, ukwenzela ukuba inike ingcaciso ngenkqubela malunga nokuchithwa kwesiza saseTafelberg.</p>	<p>Kwarhoxiswa intlanganiso emva koko ngokwesaziso esathunyelwa nge-imeyili somhla we-11 Agasti 2016.</p>

7.1.10 Isigqibo seKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) somhla woku-01 Agasti 2016, kulandela intlanganiso yeKomiti yomhla wama-31 KuCanzibe 2016, kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti icela i-DTPW ukuba inika isixa seendleko zomthetho ekwangenwa kuzo ngenxa yenjongo yokuchithwa kwesiza seTafelberg Remedial School, ingcaciso malunga nezithembiso zokuhlawula eziphezulu nezisezantsi ezaye zenziwa kwisiza eso kwakunye nenjongo yabakhuphisana nokunikwa kwexabiso lokuthenga ipropathi.	Impendulo yeDTPW yanikwa kwileta (esisalathiso 11/1/2/2/ iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla wama-23 Agasti 2016.

7.1.11 Isigqibo seKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-17 Agasti 2016, kulandela uthetha-thethwano lweKomiti noMetrorail ngowe-16 Februwari 2016, kunye neempendulo zidwelisiwe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yacela iDTPW ukuba yenze inkcazelo kuMetrorail malunga nenkqubela kunye nemingeni ekuhlengenwe nayo ukuqinisekisa inkonzo yothutho ngololiwe ephuculiweyo kubantu baseNtshona Koloni.	Inkcazelo yenziwa nguMetrorail. Kwayiwa kolu thetha-thethwano ngamagosa oLawulo oluyiNtloko lweDTPW loKusebenza kweZithuthi.

7.1.12 Imbalelwano nge-imeyili yeKomiti yesiGxina yomhla we-06 Septemba 2016, kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yazisa iDTPW ukuba iya kumenywa kwintlanganiso elandelayo (eyayimisilwe okwethutyana elalimisilwe umhla wama-20 Septemba 2016) malunga neenkqubo zophuhliso lweziseko kwizikolo zaseHawston, ezaseDelft, eMasakhane kunye naseScottsdene, kugxilwe ngokukodwa eHawston Primary, ukwenzela ukuba iDTPW inike inkcazelo iKomiti ngokumalunga noku.	I-DTPW yaya kwintlanganiso elandelayo ngomhla wama-20 Septemba 2016 apho kwanikwa khona inkcazelo ngenkqubela.

7.1.13 Isigqibo seKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-09 Septemba 2016, kulandela utyelelo lweKlasta B eHawston Primary School ngowama-26 KuCanzibe 2016 neeleta zeeKomiti zowe-12 Julayi 2016 nowama-22 Septemba 2016, kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yacela iDTPW ukuba inike inkcazelo ngenkqubela malunga nobume beenkqubo zophuhliso lweziseko eHawston nakwezi zikolo zilandelayo ze-ASIDI, ezizezi, ezaseDelft South, ezaseMasakhane, kunye nezaseScottsdene.	Impendulo yeDTPW yayikwileta (esisalathiso 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla we-11 Novemba 2016.
IKomiti iya kwazisa ngeenkxalabo ezivakalisiweyo malunga nemeko yeLawrence Primary School e-De Novo ngaseKraaifonteni, injongo yeDTPW malunga nesakhiwo esingenabantu kunye nomhla wokuqeshwa kwabasebenzi bezokhuselo nobungakanani bekhontraki yabo.	Impendulo yeDTPW yayikwinkcazo eyayenziwe kwiKomiti ngowama-20 Septemba 2016, kwakunye nakwileta (esisalathiso 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla we-04 Oktobha 2016.

- 7.1.14 Isigqibo seKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla wama-22 Septemba 2016, malunga neLawrence Primary School, kunye neempendulo zeDTPW ezidwelisiweyo ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti icela iDTPW, ngokubambisene neWCED kunye neHeritage Western Cape, zinike isicwangciso sokusebenza esibonisa izinto eziya kwenziwa kwithuba elikufutshane, kweliphakathi nakwelethuba elide.	Impendulo yeDTPW yayikwileta (esisalathiso 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla we-11 Novemba 2016.
I-DTPW iyayazisa rhoqo kwiveki yesibini ngenkqubela eyenziweyo ngokunxulumene nokuxhaswa ngemali esuka kwiSebe leMfundo esiSiseko (i-DBE) kuze kuthi, nje ukuba inkxaso yemali ifunyanwe, kwaziswe ngomsebenzi wokulungisa iziphene ekufuneka yenziwe.	
IDTPW inika iKomiti iindleko zokuqala zeeprojekthi ze-ASIDI ngokunxulumene nohlahlo lwabiwo-mali lwezi projekthi kwakunye neendleko zokulungisa iziphene ekungenwe kuzo zeengxaki zokuyilwa kweziseko zophuhliso.	

- 7.1.15 Isigqibo seKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla wama-24 Oktobha 2016, ngokunxulumene nesicwangciso sokhuseleko ezindleleni i-Traffic Safety Plan yexesha leziyunguma zehlobo, kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiweyo ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezazicelwe yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti icela iDTPW ukuba iyazise ngesiCwangciso sokhuseleko eziNdleleni ngethuba leziyunguma zehlobo.	Impendulo yeDTPW ikwinkcazelo eya kwiKomiti enesihloko esithi <i>Festive Season Integrated Traffic Operational Plan 2016/17</i> yomhla wama-23 Novemba 2016.
IKomiti icela inkcazo malunga nokwenzekayo malunga nothetha-thethwano kunye noNondyebo wePhondo ngokumalung nezithuba ezingenabantu ezingaxhaswa ngamali kwiCandelo eliyiNtloko leeNkonzo zeNdelela (<i>Directorate Traffic Services</i>) kwakunye nokuzaliswa kwezithuba zabasebenzi.	

- 7.1.16 Isigqibo seKomiti yesiGxina kwileta zayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-03 Novemba 2016 nowama-24 Novemba 2016, ngokumalunga neeNkonzo zeNdelela, neempendulo zeDTPW zidwelisiweyo ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
Kwileta yayo yowe-03 Novemba 2016, iKomiti yacela ezi nkukacha zilandelayo:	Impendulo yeDTPW yanikwa iKomiti kwinkcazo enesihloko esithi <i>Festive Season Integrated Traffic Operational Plan 2016/17</i> kwileta (esisalathiso 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla we-09 KweyoMnga 2016.
likopi zezibhengezo zokuzaliswa kwezithuba zaBaphathi beeNgingqi/bamaZiko njengoko kubhaliweyo yi-HOD yeDTPW ngethuba leengxoxo zeNgxelo yoNyaka zeSebe kwakunye nobume/nenkqubela yale nkqubo ichaziweyo;	
Ingxelo ngento esele yenziwe malunga nesikhundla soMphathi oBambeleyo weZiko waseVredenburg kunye nabanye njengoko kuchaziweyo yiHoD;	
Ingxelo ngento esele yenziwe malunga nomvuzo osisibonelelo sababambeleyo saBaphathi bamaZiko aBabambeleyo engqinelanayo nomthetho iLabour Relations and Basic Conditions of Employment Act:	

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
Iinkukacha-manani ezimalunga nenani labantu abaseNtshona Koloni abaye baphumelela kwiimvavanyo zabafundi nabaqhubi ngonyaka-mali 2014/15 no-2015/16 ngokulandelelanayo;	
Inani lezikhundla eziphezulu ngokungaphandle kwezikhundla zaBaphathi bamaZiko ezaye zapapashwa zaza zazaliswa kunye/okanye ezingekabi nabantu;	
Inani labagaywa abatsha abaqeshwe isigxina kwiSebe lezeNdlela lePhondo, eNtshona Koloni ngo-2016 namandla afunekayo kwezeNdlela eNtshona Koloni;	
Ubungakanani bemali eyayabelwe iOfisi kaNondyabo yePhondo kwimisebenzi/kwindlela yokusebenza yezeNdlela yePhondo, ukuba ikhona, nendlela esasetyenziswa ngayo; kunye	
Kuye kongiwa malini ngokunxulumene nezithuba zamagosa endlela ezazingazange zizaliswe kunyaka-mali wama-2018/16	
Kwileta yayo yowama-24 Novemba 2016, iKomiti yacela ezi nkukacha zilandelayo:	
Ingxelo ngokuhlululwa kwemivuzo yezibonelelo zababambeleyo kwizithuba zaBahloli bePhondo abaziiNtloko, ecacisa gca ukuba ngaba izibonelelo zababambeleyo zaye zahlululwa kubantu ngabanye ababethatha indawo (<i>caretaker</i>) yaye ukuba akunjalo, oko kuya kwenziwa nini;	
Uluhlu lweendawo apho amaGosa eNdlela asandula ukuqeshwa اساسazwe khona;	
Ingxelo ebhaliweyo ngongenelelo ngoncedo malunga nendawo enenani leengozi eliphakamileyo kwindlela ephakathi kweWorcester neRobertson, kwakunye nemihla esikiweyo yokuphunyezwa kwezi nkqubo zongenelelo ngoncedo;	
Inani lamaziko ekugcinwa kuwo izithuthi ezohluthiweyo neendawo akuzo;	
Ingxelo ethe vetshe malunga nokuzaliswa kwezithuba zaBahloli bezeNdlela bePhondo ekufuneka iquke inkcazelo emalunga nokuzalisa isithuba seKholeji kwaye kwaqhutyekwa ngako yaye kutheni le nto kwaye kwaye kwenziwa into ebalulekileyo nje;	
Kwanikwa inkcazelo esuka kwiNtloko yeDTPW malunga nendlela awathi waxelelwa ngayo ukuba izithuba zaBahloli bePhondo abaziiNtloko zapapashwa ukuze kuchazelwe iKomiti ngalo mba mnye kwiNtlanganiso yaqho ngoNyaka yowama-27 Oktobha 2016;	
Imbalelwano phakathi kweDTPW neOfisi kaNondyabo, kwakunye neenkukacha zeentlanganiso ezaqhubekayo malunga nohlahlo lwabiwo-mali lokuzaliswa kwezithuba kwiCandelo leeNkonzo zeNdlela. I-DTPW mayikhankanye ngokuthe gca imihla apho ezi ngxoxo zaziqhubeka khona nokunika iKomiti iinkukacha eziphathelele kwiingxoxo;	
Ukucazululwa kohlahlo lwabiwo-mali lweCandelo lezoNxibelelwano; yaye	

Comment [Z1]: Is this financial year not a factual error?

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Ipendulo yeDTPW
I-DTPW iphanda ize inike ingxelo ngesityholo sokuba amaGosa eNdelela akummandla waseKnysna angena kwiindleko ezisuka kuhlalo lwabiwo-mali lwabo ukuthutha izithuthi ezohluthiweyo zisiwe kwiziko eligcina izithuthi ezohluthiweyo.	

7.1.17 Izigqibo zeKomiti ezikwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-15 Novemba 2016, kulandela intlanganisano yayo eyayibanjwe ngowama-26 Oktobha 2016, kunye nempendulo yeDTPW ekhankanywe ngezantsi.

Imiba eyaphakanyiswa yiKomiti	Ipendulo yeDTPW
<p>IKomiti icele ukuba iDTPW mayiyinike ezi nkukacha zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Itotali yesixa-mali samabango eqela lesithathu (<i>third party claims</i>) ezaye zaqwalaselwa ngokumalunga neengozi kunye neelahleko; • Amagama nezikhundla zamalungu eKomiti ayinxalenye ye-<i>Property Portfolio Committee</i>; • Umhla ekwahlanganiswa ngayo ikhampani esebenzayo, eyiGeorge Link, ukwenzela ukulawula imisebenzi ye<i>George Integrated Transport Network</i>; • Amagama ezikolo apho iiklasi zeBakala R eziyi-77 zafumana khona ukugqiba ipraktikhali; kunye • Amagama nendawo apho iipropathi ezintlanu zazichithwayo khona kwakunye namagama nendawo iipropathi ezili-19 ezaye zafunyanwa. 	<p>Ipendulo yeDTPW yayikhankanyiwe kwileta (esisalathiso 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente) yomhla wama-31 KweyoMqungu 2017.</p>
<p>IKomiti ngaphezulu yacela ukuba iDTPW, isakube imisele umhla osikiweyo wama-30 Novemba 2016 yokungeniswa kweengxelo zeemali eziphicothiweyo (ezazineminyaka emibini zingasangeniswa) yiGeorge Link, yazise iKomiti malunga nokuba ingaba umhla osikiweyo kuye kwahlangatyezwana nawo na.</p>	
<p>IKomiti igqibe ekubeni, kumhla wexesha elizayo, yenza utyelelo kwezi ndawo zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Izikolo eziziprayimari iWesfleur, Parkview naseWillems Vallei Primary School ukulandelela uphuhliso lokulungisa izinto ezonakeleyo; • UMasipala waseGeorge uya kuthetha-thetha noMasipala malunga nemiba ephathelele kwiGIPTN; yaza • IKhayelitsha Shared Services Office Building nesiza saseKarl Bremmer Hospital zayilwa ukuba zibe zii-Five Star, i-Green Star Standard. 	
<p>IKomiti ngaphezulu yagqiba ukuba imeme iDTPW, ngo-2017, ukuyichazela ngeethagethi ezithile ukufezekisa izindululo ezithile ezenziwa yiDTPW kwiOfisi kaNondyebo yePhondo ngokumalunga nee-asethi ezibekelwe bucala zenjongo ethile (<i>invested reserves</i>) ezimvelaphi yazo ikwaGMT.</p>	
<p>IKomiti yacebisa ukuba iDTPW ne<i>Government Motor Vehicle Transport</i> mazimisele iithagethi ezithile ukuphumeza inkqubo yokumelwa ngokwesini (kwamabhinqa) nohlanga (kwabaNtsundu) kunye nengxelo eya kwiKomiti ngokumalunga noku. Ezi thagethi zitsolileyo mazifakwe kwisiCwangciso seNtsebenzo saqho ngoNyaka sakho esilandelayo esiya kwandlalwa kunye noHlahlo lwabiwo-mali lwakho kunyaka-mali olandelayo.</p>	

7.1.18 Isigqibo seKomiti esikwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-13 KweyoMnga 2016, kulandela intlanganiso yayo yowama-31 KweyoMqungu 2017, ngokumalunga nesicwangciso i-Festive Season Traffic Plan, kunye nempendulo yeDTPW idwelisiwe ngezantsi.

Imiba eyaphakanyiswa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti icela iDTPW ukuba iyichazele ngesiphumo sayo esiyiFestive Season Traffic Plan.	Inkcazelo-ntetho: iNgxelo yeXesha laseHlotyeni leziYunguma: yowama-2016/17 yaye yenziwa.
IKomiti imema iDTPW ukuba iyizimase yaye ithathe inxaxheba kwingxoxo engenqubo yokulamla ebandakanya i-CoCT, i-Uber South Africa Cape Town, ne-Uber Driver's Guild.	I-DTPW yaya kule ngxoxo.

7.1.19 Imbalelwano nge-imeyili yeKomiti yesiGxina yomhla we-11 KweyoMqungu 2017, ngokumalunga nentsebenzo yeDTPW, kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
I-DTPW icelwa ukuba inike iKomiti inkcazelo ehlaziyiweyo ebhaliweyo malunga nentsebenzo yayo ngekota yesithathu yonyaka-mali wama-2016/17 (Okt – Dis 2016), ibalula iithagethi ezaye zaphunyezwa ngokungephi kunye nezo zazingaphunyezwa, kubandakanywa izitenxo kwiithagethi ezimiseliweyo.	Impendulo yeDTPW yathunyelwa ngowe-03 KweyoKwindla 2017 ngohlobo lwenkcazo-ntetho: iNtsebenzo yeDTPW: likota ezi-3 zokuqala zowama-2016/17.

7.1.20 Imbalelwano nge-imeyili yeKomiti yesiGxina yomhla wama-27 KweyoMqungu 2017, kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe apha ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yacela ikopi malunga nenkqubo yezemali esebenza ngokuyimpumelelo eyi-viability/financial model eyayibhalwe yiDTPW ngentsebenziswano nogunyaziwe oyi-Social Housing Regulatory Authority ukumisela ukusetyenziswa kwale nkqubo kubonelelo ngezindlu kubahlali.	Impendulo eyathunyelwa nge-imeyili yaye yathunyelwa ngowama-27 KweyoMqungu 2017 kwiKomiti. -DTPW

7.1.21 Ileta yeKomiti yesiGxina (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-02 Februwari 2017 kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yacela iDTPW, ngokuthetha-thethana neWCED, ukuququzelela utyelelo kwizikolo iHawston naseMasakhane Primary School ukuhlola inkqubela yomsebenzi wokulungisa eyenziweyo. Ukuhlolwa kwezikolo kuya kwandulelwa yingcaciso efanelekileyo malunga nokwenzekayo.	Utyelelo lokubeka iliso lwaqhubeka ngomhla wama-28 Februwari 2017 apho kwaye kwenziwa inkcazelo-ntetho kwiinkalo ezichaphazelekayo kwakunye nomsebenzi wokulungisa oya kwenziwa.

7.1.22 Izigqibo zeKomiti yesiGxina ezikwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-06 Februwari 2017, eziphathelele kwintlanganiso yayo ngowama-31 KweyoMqungu 2017, kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe ngezantsi.

Amaphepha, iingxelo neenkukacha ezacelwa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti icela ukuba iDTPW mayinyike iinkukacha-manani zabaswelekileyo zangoNovemba noKweyoMnga 2016 nangoKweyoMqungu 2017.	Impendulo yeDTPW ikwiinkcazelo-ntetho kwiKomiti enesihloko esithi: Festive Season Integrated Traffic Operational Plan

IKomiti icela ukuba iDTPW mayiyinike ikopi yenani labasebenzi abaqeshwe kwiziko.	2016/17 yomhla wama-23 Novemba 2016 kunye ne-Festive Season Report 2016/17: yowoku-01 KweyoMnga 2016 – 16 KweyoMqungu 2017.
IKomiti icela ukuba iDTPW mayiyinike iindleko zephulo lamajelo osasazo onyaka-mali wama-2016/17.	
IKomiti icela ukuba iDTPW iyinike inani lezithuba ezikwiCandelo leeNkonzo zezeNdelela.	
IKomiti icela ukuba iDTPW mayiyinike ingxelo eyingcombolo malunga nokuzaliswa kwezithuba zoMphathi weZiko weNgingqi.	
IKomiti icela ukuba iDTPW mayibanike inani labaqhubi abangazange baphumelele ukuveza ii-Professiona Driving Permits besakuba behloliwe.	
IKomiti ngaphezulu yasombulula ukuba iinkcukacha ezingekangeniswa, apho usuku oluqingqiweyo lokungeniswa kwayo kungazange kuphunyezwe yiDTPW, mayingeniswe kwiKomiti ungalulanga owe-15 Februwari 2017.	

7.1.23 Isigqibo seKomiti esikwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/1/2/7) yomhla we-13 Februwari 2017, kulandela intlanganiso yayo yowama-22 KweyoKwindla 2017, ngokumalunga nesicwangciso i-Easter Season Traffic Safety Plan, kunye nempendulo yeDTPW idwelisiwe ngezantsi.

Imiba eyaphakanyiswa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti icela ukuba iDTPW mayiyichazele ngesicwangciso sayo esiyi-Easter Season Traffic Safety Plan.	Isicwangciso sesebe esiyi-DTPW's Easter Season Traffic Safety Plan sasifumaneka kwinkcazelo-ntetho yomhla wama-22 KweyoKwindla 2017.

7.2 IKomiti yesiGxina yeMicimbi yezokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso

7.2.1 IKomiti yesiGxina kwileta yayo (esisalathiso 11/4/1/2/16) yomhla wama-21 Julayi 2016, ukulandela utyelelo lwayo lokubeka iliso eCaledon Provincial Hospital ngowama-25 KuCanzibe 2016, njengenxalenye yeKlasta yoKwenziwa kweeNkonzo yeeKomiti (Service Delivery Cluster of Committees), kunye neempendulo zeDTPW zidwelisiwe ngezantsi.

Imiba eyaphakanyiswa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yavakalisa inkxalabo ngokungakwazi kweklinikhi ukugcina ngokukhuselekileyo kwezinto ezilahlwayo, ukunqongophala kweenkqubo zokwandisa isakhiwo kwanenani elikhulayo lezigulana ezikuloo mmandla. Iziseko zophuhliso ezikhoyo ngoku azisayi kuba nako ukulungiselela ukwanda kwezinto zonyango ezilahlwayo. IKomiti igqibe ekubeni iDTPW iyinike ingxelo ngobume bokwandiswa kwesakhiwo sononophelo lwezempilo lwezinto ezilahlwayo kwakunye nezicwangciso zokwandiswa kwesibhedlela ukulungiselela ukwanda koluntu kwisithili.	Impendulo yeDTPW yanikwa iKomiti phantsi kwesalathiso 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina yezoThutho neMisebenzi kaRhulumente yomhla we-11 Agasti 2016. Ukungakwazi kweklinikhi ukugcina ngokukhuselekileyo kwezinto ezilahlwayo kwaqatshelwa njengemfuno, kodwa ezinye iiprojekthi zaye zaqatshelwa njengezibaluleke kakhulu ukuba maziqaliswe.

7.3 IKomiti yesiGxina yezoKhuseleko loLuntu

7.3.1 Ileta yeKomiti (esisalathiso 11/4/1/2/9) yomhla we-19 Septemba 2016, eya kwiNkulumbuso – ecela amagqabantshintshi ngokunikwa kwamapolisa izinto zokusebenza, yaza impendulo yeDTPW yachazwa apha ngezantsi.

Imiba eyaphakanyiswa yiKomiti	Impendulo yeDTPW
IKomiti yamema iDTPW ukuba yenze inkcazelo yomlomo okanye ebhaliweyo malunga nemiba yokubonelela amapolisa ngezinto zokusebenza eNtshona Koloni.	Impendulo yeDTPW yanikwa kwiKomiti kwileta yayo (esisalathiso TPW 11/1/2/2/iKomiti yesiGxina emalunga nezoKhuseleko loLuntu) yomhla wama-29 Septemba 2016. Okubalulekileyo, i-DTPW yakhankanya: <ul style="list-style-type: none"> • Udushe olunxulumene neeteksi kunye nommiselo; • Ukuhlaselwa kweziseko zophuhliso zikawonkewonke; ingakumbi iziseko zophuhliso zeziseko zezothutho; kunye • Nokulawulwa kokukhutshwa kwabantu kwiiiprothathi kwanokukhusela iiprothathi ekungahlali bantu kuzo.

8 Izigqibo ze-Public Accounts Committee (PAC)

8.1 Impendulo kwingxelo yePAC kwiNgxelo yoNyaka wama-2015/16 yomhla wama-28 Novemba 2016

IKomiti iluqwalasele uluvi lwezophicotho-zincwadi loMphicothi-zincwadi Jikelele ngokumalunga neNgxelo yeMali yoNyaka kunyaka-mali 2015/16, eyaye yafumana ingxelo yophicotho-zincwadi engenamakhwiniba nazinto zifunyanisiweyo. Uluvo lophicotho-zincwadi lusahleli lungatshintshanga ukususela kunyaka-mali 2014/15.

ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente lichithe i-R6,7 yeebhiliyoni yohlahlo lwabiwo-mali lwe-R6,8 yeebhiliyoni, olwakhokelela kwinkcitho iyonke yama-R90,8 yezigidi (1,3%). Ngaphezulu, uhlahlo lwabiwo-mali lwengeniso yesebe lulonke lwe-R1,3 yeebhiliyoni yaqokelelwa yagqithisa nge-R156,8 yezigidi (12%).

Ingeniso eyaqokelelwa kwade kwagqithiswa yabangelwa zezi meko zilandelayo:

- Ngeelayisenisi zezithuthi;
- Ngokuthengiswa kweempahla neenkonzelo;
- Ngokuhlululwa kweemali ngokweyoKwindla ni ezafunyanwayo;
- Ngenzala, ngezabelo kunye nokurentisa ngomhlaba;
- Ngezohlwayo, imidliwo nezinto ekwaphulukwana nazo ngenxa yezohlwayo (*forfeits*);
- Ukuthengiswa kwee-asethi ezingeyomali zeSebe; kunye
- Nonaniselwano lwezemali kwii-asethi nasematyaleni.

Nakuba kunjalo, iKomiti yaqaphela inkcitho enganeno kommiselo ngokubanzi kwiSebe ngenxa yezi zizathu zilandelayo:

- Ukuzaliswa kwezithuba nokuncitshiswa kwenkcitho ekuqesheni abasebenzi ekujoliswe kubo;
- Ii-savings ekujoliswe kuzo kwiimpahla neenkonzelo; kunye
- Inkcitho ecothayo kunokuba bekucwangcisiwe kwinkcitho yemali kwinkqubo yokusebenza ngokwendlela yale mihla eyi-*modernisation programme*.”

Ilimbono nezigqibo zeKomiti zichaziwe ngokuyingcombolo kwltheyibhile engezantsi:

INo. yesiGqibo	U mba	Iinkcukac ha	Iimpendulo yeSebe	Ingaba kusonjululwe oko?	
8.9.1.1	<p>Ikhasi: 85 yeNgxelo yoNyaka</p> <p>Isihloko: “IKomiti yesiGxina yeSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente”</p> <p>Inkcazelo: IKomiti ithathela ingqalelo ukuba iSebe lilawula iikhontraki nolwabiwo lwezi khontraki kwiPhondo. Nakuba kunjalo, le komiti yavakalisa inkxalabo yokuba iikhontraki zisenokwenza isicelo seekhontraki zomsebenzi abangenasakhono sawo, ngolo hlobo kuchaphazeleke imisebenzi ecwangcisiweyo ekufuneka iphunyeziwe ekujoliswe kuyo yeSebe.</p> <p>Ngenxa yesi sizathu, iSebe liqinisekise iKomiti ukuba linayo indlela yokuqinisekisa emiselweyo eya kuqinisekisa ukuba zonke iikhontraki ziyaskrinwa ngononophelo, zabelwe iithenda zephondo, zemisebenzi leyo iikhontraki ezinesakhono sokuyenza. Oku kuya kuqinisekisa ukuba iikhontraki ezinikezwayo zenziwa zigqitywe ngempumelelo yaye, kumaxesha amaninzi, oko kwenziwa engadlulanga amaxesha asikiweyo ekhontraki.</p>		<p>Okubaluleke kakhulu kukuba iSebe lichazele iKomiti ngenkqubo yokutshekisha ngenjongo yokuqinisekisa nokulungelelanisa (<i>verification checks and balance mechanism</i>)</p>	<p>Oku kuqatshelwe. Indibano yokunika inkcazelo iya kucwangciswa yi-<i>Public Accounts Committee</i>. UMLawuli oyiNtloko: we-<i>SCM</i> waye waziswa ngeseshoni yokunika inkcazelo eyayilindelekile phantsi kwesalathiso 4/6/4/1 somhla we-05 KweyoMnga 2016.</p>	Ewe

INo. yesiGqibo	U mba	linkcukac ha	Impendulo yeSebe	Ingaba kusionjululwe oko?	
8.9.1.2	<p>Ikhasi: 259 yeNgxelo yoNyaka Isihloko: "Iimpahla neenkonzozo" Inkcazelo: IKomiti iqaphela ukuba iSebe lizandisile iindleko zopapasho zonyaka-mali wama-2015/16. ISebe lichaze ukuba eyona projekthi ebinogalelo elikhulu kunyaka-mali wama-2015/16 liphulo eliyi- "First Kiss" <i>multimedia advertising campaign</i>.</p>	<p>Okubalulekileyo kakhulu kukuba iSebe kufuneka lazise iKomiti ngesiphumo noncedo olwafumaneka kwiphulo i- "First Kiss" <i>multimedia advertising campaign</i> kunyaka-mali wama-2015/16.</p>	<p>Oku kuye kwaqatshelwa. Indibano yokunika inkcazelo iya kucwangciswayi-<i>Public Accounts Committee</i>. I-DDG: weCandelo laBaphathi aBakhulu bezoThutho waye waxelelwa ngeseshoni yokunika inkcazelo elindelekileyo phantsi kwesalathiso 4/6/4/1 yomhla we-05 KweyoMnga 2016.</p>	Ewe	
8.9.1.3	<p>Ikhasi: 311 Umhlathi 5 we-<i>Public Accounts Committee report - "Transversal departmental resolution"</i>.</p>	<p>IKomiti yaqaphela ukuba esinye sezizathu sokuchithwa kancinane kweemali kulo lonke uninzi lwamaninzi kwakungenxa yomyalelo weOfisi kaNondyebo yePhondo wokonga kwiindleko zokuqeshwa kwabaqeshwa kunyaka-mali wama-2015/16.</p>	<p>Oku kuqatshelwe.</p>	Ewe	

Ino. yesiGqibo	mba	U	linkcukac ha	Impendulo yeSebe	Ingaba kusionjululwe oko?	
8.9.1.4				IKomiti ikuqwalasele ngenkxalabo ukuba ukuchithwa kwemali kancinane kwizithuba kungakhokelela kwisiphumo esingesihle ngokumalunga nempilo qete kubasebenzi bakaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, okunokukhokelela ekuphelelweni kwabasebenzi ngamandla okusebenza, nokuthi ke ngoko kukhokelele kwisiveliso sokwenziwa kwenkonzo esingesihle (negative service delivery output) eNtshona Koloni.	Oku kuqatshelwe. Kwakhutshwa uMyalelo wezeMali 12 wama-2016 uMyalelo wezeMali 12 (oFakelwe iziLungiso 1 wama-2016) waye wakhutshwa ukhawulezisa izinto, ngokunxulumen e nokuzaliswa kwezithuba, eziphantsi kolawulo lweSebe.	Ewe
8.9.1.5	Ikhasi: 311 no-312 umhlathi 6.1 & 6.2 we-Public Accounts Committee report - "Transversal resolutions by the PAC".			IKomiti YAGQIBA ukuba onke amasebe namaqumrhu athobeke ezi zicelo ezibandakanya amasebe ngamasebe zokuba amaSebe namaqumrhu makapapashe ltheyibhile yezigqibo ze-PAC, kuqukwa ilisti yeenkcukacha ezicelwe, kwiNgxelo yoNyaka yayo, kwiCandelo C, ukulungiselela unyaka-mali 2016/17 nosaqhubekayo;	UMyalelo wezeMali 8 wama-2014 wakhutshwa ngokumalunga noku.	Ewe
8.9.1.6				Amasebe namaqumrhu akhankanya ubume be-BBBEE bazo zonke iikhontraki kunye nabacebisi (consultants) xa kunikwa ingxelo kwiSahluko D seeNgxelo zoNyaka kunyaka-mali wama-2016/17 nosaqhubekayo.	UMyalelo wezeMali 35 wama-2016 wakhutshwa ngokumalunga noku.	Ewe

INo. yesiGqibo	U mba	linkcukac ha	Impendulo yeSebe	Ingaba kusionjululwe oko?
8.9.1.7	Ikhasi: 312 no-313 uMhlathi 7.4 we-Public Accounts Committee report - "General Findings".		<p>Ngonyaka-mali wama-2015/16, ngamasebe ali-12 kunye namaqumrhu amahlanu aye afumana isiphumo sophicotho-zincwadi olungenamakhwiniba. Ngokunxulumene noku, onke amasebe aye agcina imeko yesiphumo sophicotho-zincwadi olungenamakhwiniba ukususela kunyaka-mali wama-2014/15. Njengoko kwakukhankanyiweyo kwixesha elidlulileyo, inani lamaqumrhu aye afumana isiphum sophicotho-zincwadi olungenamakhwiniba lidodobebe ukuya kufikelela kumaqumrhu amahlanu. IKomiti inqwenela ukucebisa amasebe namaqumrhu ukuba azithathele ingqalelo ilahleko eziphakathi kwamasebe ngamasebe ezaye zaqatshelwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi kunyaka-mali wama-2015/16.</p> <p>Oku kuquka okulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> Imimiselo emitsha enokwaziswa yiOfisi kaNondyabo; Inkqubo yobhaliso lokubhengezwa kweelahleko ngenxa yokusetyenziswa ngokuqhubekayo o kwe-Modified Cash Standard of accounting; Ukuphunyezwa kwenkqubo eyi-IFMS kazwelonke; Ilahleko yeSCM njengoko kuqhutyekwa nokuphunyezwa kweenguqu ezenzeka rhoqo; Inkqubo eyi-NT, kuqukwa ne- 	<p>Oku kuqatshelwe. Kuye kwaqukwa ezi lahleko zivelayo kwi-2016-17 DCGGIP:</p> <ul style="list-style-type: none"> Ukubhengezwa kwezinto zokusebenza; I-Central Suppliers Database; kunye Neeprojekthi ze-SCM ezimalunga neenguqu zangoku. <p>Okulandelayo kuya kulawulwa ngenkqubo eyi-ERMCO:</p> <ul style="list-style-type: none"> IMithetho kaNondyabo emitsha; IMimiselo yeNkonzo kaRhulumente; Inkqubo eyi-IFMS; kunye Nokulawulwa kokungena nokuphuma kwemali phantsi kweembophelelo zohlahlo lwabiwo-mali olunzima ngokugqithisileyo. <p>Kuye kwakhutshwa iMimiselo yeNkonzo kaRhulumente. Ukugqithiselwa kwamagunya ngokwecandelo 42A loMthetho weNkonzo kaRhulumente, wowe-1994 njengoko ufakelwe izilungiso kwiMimiselo</p>

INo. yesiGqibo	U mba	linkcukac ha	Impendulo yeSebe	Ingaba kusionjululwe oko?	
8.9.1.8	<u>Ikhasi:</u> 313 umhlathi 7.6 ye- <i>Public Accounts Committee report - "General Findings"</i> .		<p>Ngokubanzi, kuye kwakho ukuphucuka kwiinkqubo ezingundoqo zolawulo lwezemali nolawulo lwentsebenzo namasebe kunye namaqumrhu kaRhulumente waseNtshona Koloni. IKomiti icela amasebe namaqumrhu ukuba makagxile ekuphuculweni kweenkalo zelahleko ezilandelayo, njengoko kuqatshelweyo nguMphicothi-zincwadi Jikelele, ngokulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • KuLawulo loKuthengwa kweMpahla neeNkonzo; • EzeMpilo zeMali; kunye • IThekhinoloji yeNgcaciso. 	<p>Oku kuqatshelwe. Iiprojekthi ezahlukeneyo ezinxulumene noLawulo loKuthengwa kweMpahla neeNkonzo, EzeMpilo zeMali neThekhinoloji yeNgcaciso zilawulwa ngesicwangciso esiyi-<i>Departmental Corporate Governance Improvement Plan</i>.</p>	Ewe

INo. yesiGqibo	U mba	linkcukac ha	Impendulo yeSebe	Ingaba kusionjululwe oko?	
8.9.1.9	Ikhasi: 313 umhlathi 7.8 we- <i>Public Accounts Committee report - "General Findings"</i> .		<p>IKomiti ingqina iimbono zamahlakani entsebenziswano ngobuchule, i-AGSANEeKomiti zoPhicotho-zincwadi, zisakuba ziqaphele okulandelayo njengomkhombandlela wonyaka-mali wama-2016/17:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Inkqubo ye-AGSANEeKomiti yoPhicotho-zincwadi ekuncediseni nasekufuneni izisombululo kwimingeni ejongene nabathathi-nxaxheba iyancomeka yaye kufuneka yomelezwe; • Iziphumo zophicotho-zincwadi zamasebe namaqumrhu kuya kufuneka ukuba zilondolozwe (kwabo banezimvo zophicotho-zincwadi zingenamakhwiniba) lo gama abo baneengxelo zemali ezingenamakhwiniba kunye neengxelo zemali ezinamakhwiniba napha (<i>unqualified and qualified audit opinions</i>) kuya kufuneka bancediswe yiOfisi kaNondyebo yePhondo nayi-<i>DotP</i> ekufikeleleni ubume beembono zophicotho- 	<p>Oku kuqatshelwe.</p> <p>Oku kuqatshelwe.</p> <p>Oku kuqatshelwe.</p>	Ewe

8.2 Uludwe lweenkcukacha ezifunekayo

Ukuba iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente linika iKomiti okulandelayo:

8.2.1 Uludwe olukhankanya izicelo ze-RWOPS ukususela kubaqeshwa kunyaka-mali wama-2015/16, njengoko ivela kwikhasi 182 yeNgxelo yoNyaka.

(Ezi nkcukacha zanikwa nguMququzeleli weKomiti)

8.2.2 Ukucazululwa ngokuyingcombolo kweemali ezabelwe iiprojekthi zopapasho, njengoko kubonakalisiweyo kwikhasi 259 yeNgxelo yoNyaka.

(Ezi nkcukacha zanikwa nguMququzeleli weKomiti).

9 Utshintsho pha napha kwangaphambili kwiiNgxelo zoPhicotho-zincwadi

Akukho tshintsho lwathi lwenziwa kwiiNgxelo zoNyaka kwiminyaka emine edlulileyo.

10 ICandelo lokuphathwa kwezemali

Injongo yeCandelo loKuphathwa kwezeMali kukuqinisekisa iinkqubo zokuphathwa kwezemali ngokufanelekileyo. Ngethuba lokuqhutywa kwezemali phantsi konyaka ophantsi kokuqwalaselwa kwakhona, ukugxininisa kwakuseqinisekiseni ukuthotyelwa kokugqithiselwa kwamagunya avunyiweyo, ukuhlolwa kokuthobela kweevawutsha zenkcitho, ukucupha nokuthintela inkcitho engatshongo khona, engekho sengqiqweni nokudyakraza ngemali (*irregular, fruitless and wasteful expenditure*), ukuqhuba iinkqubo zohlolo lwezemali ezamiselwa kwangaphambili ezichaziweyo kwisicwangciso sokusebenza salo, iinkqubo zophando zeenjongo ezithile, nokubonelela ngeenkonzo zokuphatha ulawulo ngempumelelo nangobuchule kobuqhophololo nelahleko.

Imiba ephakanyisiweyo	Umsebenzi owenziweyo
Ukugqithiselwa kwamagunya olawulo lwezemali	Umgaqo-nkqubo i-PFMA Accounting Officers Delegations – Delegation Framework 2014 Finance Instruction 6 of 2006. (ofakelwe izilungiso 1 wama-2016) ikhutshwe ngowe-08 KweyoMnga 2016
Uphuhliso, ukuqwalaselwa kwakhon, nokufakelwa kwezilungiso kwiinkqubo zokusebenza nakwimigaqo-nkqubo emiselweyo ukuphucula ezingokuphathwa kwemali	<ul style="list-style-type: none"> • Uxwebhu i-Regularity Audit process - Finance Instruction 2 of 2007: (Supplementary 1 of 2016) olwakhutshwa ngowama-28 KweyoMnga 2016 • Uxwebhu i-ERMCO Terms of Reference - Finance Instruction 5 of 2012: (Supplementary 1 of 2016) olwakhutshwa ngowe-17 Juni 2016 • Uxwebhu i-BAS Payment checklist: Finance Instruction 3 of 2016 olwakhutshwa ngowe-03 Juni 2016 • Uxwebhu i-Catering Expenditure: Finance Instruction 4 of 2014 (Amendment 1 of 2016) olwakhutshwa ngowama-22 July 2016 • Uxwebhu i-Distribution of salary advices, payrolls and certification of the latter: Finance Instruction 5 of 2016 olwakhutshwa ngowe-04 Julayi 2016 • Uxwebhu i-Staff recruitment and procurement contracts prior approvals and noting: Finance Instruction 6 of 2009 (Suppl 1 of 2016) olwakhutshwa ngowama-31 Oktobha 2016 • Uxwebhu i-Management of Losses and claims: Finance Instruction 8 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Septemba 2016 • Uxwebhu i-Retention of financial information: Finance Instruction 10 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 September 2016 • Uxwebhu i-Submitting information to the WCPP and Public Protector SA: Finance Instruction 11 of 2016 olwakhutshwa ngowoku-01 Julayi 2016 • Uxwebhu i-Departmental rules for the management of COE: Finance Instruction 12 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Agasti 2016

Imiba ephakanyisiweyo

Umsebenzi owenziweyo

- Uxwebhu i-Finance Instruction 12 of 2016 (Suppl 1 of 2016) olwakhutshwa ngowama-29 Agasti 2016
- Uxwebhu i-WCG Anti-Corruption Strategy 2015: Finance Instruction 13 of 2016 olwakhutshwa ngowama-29 Julayi 2016
- Uxwebhu i-Fraud Awareness Training 2016-17: Finance Instruction 15 of 2013: (Supplementary 1 of 2016)olwakhutshwa ngowe-06 KuCanzibe 2016
- Uxwebhu i-Departmental Anti-Fraud and Anti-Corruption Policy: Finance instruction 15 of 2016 lowoku-01 Agasti 2016
- Uxwebhu i-Submissions to Higher Authorities - Finance Instruction 16 of 2013: (Supplementary 1 of 2016) olwakhutshwa ngowe-08 KweyoMnga 2016
- Uxwebhu i-Asset Accounting Policy guide: Finance Instruction 17 of 2016 olwakhutshwa ngowe-19 Agasti 2016
- Uxwebhu i-Adopting of the WCG Whistle Blowing Policy by DTPW: Finance Instruction 18 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Agasti 2016
- Uxwebhu i-Tariff Approval process and required information: Finance Instruction 19 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Agasti 2016
- Uxwebhu i-Adjustment of the determination and directive on working time 2015: Finance Instruction 20 of 2016 olwakhutshwa ngowama-28 Agasti 2016
- Uxwebhu i-Allowances and tariffs for calculation and application: Finance Instruction 21 of 2016 olwakhutshwa ngowama-28 Agasti 2016
- Uxwebhu i-Adjustment of Danger Allowances: Finance Instruction 22 of 2016 olwakhutshwa ngowama-28 Agasti 2016
- Uxwebhu i-Bank tender services – Acceptance of gifts, donations and sponsorships: Finance Instruction 23 of 2016 olwakhutshwa ngowama-19 Septemba 2016
- Uxwebhu i-Strongboxes and safes: Finance Instruction 24 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Septemba 2016
- Uxwebhu i-Payment Stubs, Document control report and System password control: Finance Instruction 25 of 2016 olwakhutshwa ngowama-21 Novemba 2016
- Uxwebhu i-Directive-Acceptance of gifts, donations and sponsorships by employees: Finance Instruction 26 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Septemba 2016
- Uxwebhu i-Granting on gifts, donations and sponsorships by the Department: Finance Instruction 27 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Septemba 2016
- Uxwebhu i-Management and treatment of Internal Audit reports: Finance Instruction 28 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Septemba 2016

Imiba ephakanyiweyo	Umsebenzi owenziweyo
	<ul style="list-style-type: none"> • Uxwebhu i-Acceptance of gifts, donations and sponsorships by the Department: Finance Instruction 29 of 2016 olwakhutshwa ngowama-26 Septemba 2016 • Uxwebhu i-Cost Containment Measures: Finance Instruction 31 of 2016 olwakhutswa ngowoku-01 Novemba 2016 • Uxwebhu i-Departmental Fraud and Corruption Prevention Implementation Plan 2016-17: Finance Instruction 32 of 2016 olwakhutshwa ngowe-09 Novemba 2016 • Uxwebhu i-2016 Adjustment of the Remuneration levels-Service benefit packages for Office bearers of certain Statutory and other Institutions: Finance Instruction 33 of 2016 olwakhutshwa ngowe-01 Novemba 2016 • Uxwebhu i-2016 Remuneration of Non-official Members-Commissions and Committees of Inquiry and Audit Committees: Finance Instruction 34 of 2016 olwakhutshwa ngowe-10 kweyeNkanga 2016 • Uxwebhu i-Public Accounts Committee report on the 2015-16 Annual Report: Finance Instruction 35 of 2016 olwakhutshwa ngowe-08 KweyoMnga 2016
Iingxelo ze-PFS	Kunikwe ingqwalaselo kwiingcebiso zeengxelo ezili-12 ezafunyanwayo
Inkqubo yophicotho-zincwadi yangaphandle	Ukuqinisekisa ukuqhubela phambili ngesiphumo sophicotho-zincwadi sonyaka ongaphambili, kwaye kwenziwa amalungiselelo omsebenzi abaluleke kakhulu phambi kokuqala komjikelo wophicotho-ncwadi olutsha ngoKweyoMnga 2016
Inkqubo yophicotho-zincwadi yangaphakathi	Ukususela ngowama-31 KweyoKwindla 2017, zi-6 iingxelo zafunyanwa yaye ukuphunyezwa kweengcebiso kwakulawulwa nge-DCGIP
Ukulondolozwa kweenkcukacha zezemali	Ngonyaka wama-2016–2017 zivawutsha zenkcitho ye-BAS ezingama-23 731, ngama-8 676 eeJenali kunye neeRisithi zaziqinisekiswa kwiingxelo ezingamaxwebhu okulawula amaxwebhu qho ngenyanga ukuqinisekisa ukugqibelela nokukhuselwa kweenkcukacha zezemali
Ukunika ingxelo <ul style="list-style-type: none"> • Kwi-Public Accounts Committee (izigqibo) • Kwi-Public Service Commission (ukuziphatha gwenxa kwezemali) • KwiSebe leNkonzo kaRhulumente nezoLawulo (DPSA) (uBuqhethseba noBuqhophololo) • KuBaphathi aBaphezulu (kwi-Departmental Corporate Governance Improvement Plan) 	Qho ngonyaka Qho ngonyaka Qho ngekota Qho ngenyanga

Imiba ephakanyiweyo	Umsebenzi owenziweyo
<ul style="list-style-type: none"> • IKomiti yoPhicotho-zincwadi (Departmental Corporate Governance Improvement Plan) 	Qho ngekota
<ul style="list-style-type: none"> • KuBaphathi aBaphezulu (bona bajongene ne-<i>Irregular, Fruitless and Wasteful Expenditure</i>) (ajongene neNkcitho eTenxileyo, eNgekho sengqiqweni noKudyakraza ngemali) 	Qho ngenyanga
<ul style="list-style-type: none"> • Kwi-ERMCO (bona bajongene ne-<i>Fraud Prevention Strategy Implementation Plan & Fraud Risk Registers</i>) 	Qho ngekota
<ul style="list-style-type: none"> • Kwi-IYM (bona bajongene ne-<i>Irregular, Fruitless and Wasteful Expenditure</i>) 	Qho ngenyanga
Kwi-Departmental Corporate Governance Improvement Plan	I-DCGIP ihlaziyiwe ikwaneziphumo ezisuka kwingxelo i-AGSA Management report, kwiingxelo ii-Internal Audit reports, ukucazululwa kwe-Provincial Treasury GAP analysis, iingxelo zePFS kunye nezigqibo ze-PAC. Ekupheleni konyaka ziiprojekthi ezingama-43 ngokuphathelele koku ezaye zabekwa esweni.
